

# Isiqulatho:

## Isahluko A

Ulwazi Oluphangaleleyo

3

## Isahluko B

Ulwazi Ngokwenziwa Komsebenzi

43

## Isahluko C

Ulawulo

133

## Isahluko D

Ulawulo Lwezoncedo Loluntu

147

## Isahluko E

Ulwazi ngeZimali

191



# Isahluko A:

Ulwazi Oluphangaleleyo

4

Uluhlu Lwezishunqulelo

5

Uluhlu Lweengcaciso

10

Uluhlu Lweengcaciso

12

Ingxelo yeGosa Eliphetheyo

14

linkcukacha zoxanduva kunye nokuqinisekiswa  
ngokuchana kwengxelo yonyaka

36

Ubuchule Bolawulo

37

Imithetho kunye namanye Amagunya

38

Ubume beZiko

41

Amasebe anika ingxelo kuMphathiswa  
/ Umphathiswa wePhondo

42

## 1. ISEBE LEZOLIMO: ULWAZI OLUPHANGALELEYO

**NAME:** Western Cape Department of Agriculture

**PHYSICAL ADDRESS:** Muldersvlei Road  
Elsenburg  
7607

**POSTAL ADDRESS:** Private Bag X1  
Elsenburg  
7607

**TELEPHONE NUMBER:** +27 21 808 5111

**FAX NUMBER:** +27 21 808 5000

**EMAIL ADDRESS:** [info@elsenburg.com](mailto:info@elsenburg.com)

**WEBSITE ADDRESS:** [www.elsenburg.com](http://www.elsenburg.com)

**2. ULUHLU LWEZISHUNQULELO**

<b>ACF</b>	INGXOWA-MALI EYOHLUKILEYO YEZITHOLE
<b>AES</b>	IINKONZO ZEZOQOQOQSHO KWEZOLIMO
<b>AFS</b>	USHICILELO ZINKCUKACHA ZEZIMALI ZONYAKA
<b>AGOA</b>	UMTHETHO ONGOKUKHULA NOKUPHUHLA E AFRIKA
<b>AGRI BEE</b>	UKUXHOTYISWA KWABAMNYAMA KUQOQOSHO NGEZOLIMO
<b>AGRISETA</b>	IGUNYA LOLUNGISELELO LWEZEMFUNDO NGEZOLIMO
<b>AGSA</b>	UMPHENGULULU ZINCWADI JIKELE KUMZANTSI AFRIKA
<b>AHS</b>	ISIGULO SEHASHE E AFRIKA
<b>AHT</b>	IGICISA NGEMPILO YEMFUYO
<b>AI</b>	UMKHUHLANE IAVIAN
<b>AIDS</b>	ISIFO SIKABHUBHANE
<b>AIMS</b>	INDLELA YOKUPHATHA INTLANGANISELA YOLWAZI NGEZOLIMO
<b>AIU</b>	ICANDELO LEZEMVELISO KWI AGRI BUSINESS
<b>AO</b>	IGOSA ELIPHETHEYO
<b>APAP</b>	UMGAQO WESICWANGCISO SEENTSHUKUMO ZEZOLIMO
<b>APFP</b>	INKQUBO YAMAGOSA AFUNDELE EZOLIMO
<b>APFRYD</b>	UBUDLELWANE BEZOLIMO NGOPHUHLISO LOLUTSHA EMAPHANDLENI
<b>APP</b>	ISICWANGCISO SONYAKA NGOKWENZIWANGENDLELA YOKWENZIWA KOMSEBENZI
<b>ARC</b>	IBHUNGA LEZIFUNDO ZOPHANDO NGEZOLIMO
<b>ASGISA</b>	INYATHELO LOKUKHAWULEZISA NGOLWABIWO LOKUKHIULA KOQOQOSHO KUMZANTSI AFRIKA
<b>ATKV</b>	UMBUTHO WOLWIMI ISI AFRIKAANS NENKCUBEKO
<b>AVCASA</b>	UMMBUTHO WENTLANGANISELA YABEMFUYO NOKUTYA KUMZANTSI AFRIKA
<b>BAS</b>	INDLELA YOKUBHALWA NOKUSHICILELWA KWEZIMALI
<b>BBBEE</b>	UPHUHLISO LWABANTU ABAMNYAMA KUQOQOSHO NGOKUBANZI
<b>BFAP</b>	IBHUNGA LOKUTYA NOMGAQO WEZIFUNDO ZOPHANDO-NZULU NGEZOLIMO
<b>BRICS</b>	BRASILIA RUSSIA INDIA CHINA NOMZANTSI AFRIKA
<b>BRIP</b>	ISICWANGCISO SOKUPHUCULWA KOMLAMBO IBERG RIVER
<b>BSE</b>	IBOVINE SPONGIFORM ENCEPHALOSIS
<b>BSL 3</b>	UMGANGATHO 3 WOKHUSELEKO LWENDALO EPHILAYO
<b>CA</b>	ULONDOLOZO KWEZOLIMO
<b>CA (BRUCELLA)</b>	UKUPHUMA KWESISU OKWESULELAYO
<b>CAADP</b>	INKQUBO EPHELELEYO YOPHUHLISO LWEZOLIMO E AFRIKA
<b>CADIS</b>	INDLELA YOKUGCINWA KOLWAZI NGEZIFO ZEMFUYO KWIKAPA
<b>CASIDRA</b>	I-ARHENTE YEKAPA NEYINTLANGANISELA YOPHUHLISO OLUZINZILEYO EMAPHANDLENI
<b>CASP</b>	INKQUBO YOKUXHASA EZOLIMO NGOKUPHELELEYO
<b>CARA</b>	UMTHETHO ONGOKULONDOLOZWA KWEZIXHOBO ZOKUSEBENZA KWEZOLIMO
<b>CAWC</b>	ULONDOLOZO LWEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
<b>CDO</b>	IGOSA LOPHUHLISO LOLUNTU
<b>CEI</b>	IZIKO LOKUSUNGULA OKUTSHA
<b>CFPPA</b>	"CENTRE DE FORMATION PROFESSIONELLE ET DE PROMOTION AGRICOLE"
<b>CHE</b>	IBHUNGA LEMFUNDO EPHAKAMILEYO
<b>CITCOM</b>	IKOMITI YOLAWULO LOLWAZI NOBUGCISA
<b>COC</b>	INDLELA YOKUZIPHATHA
<b>COE</b>	UKUHLAWULWA KWABASEBENZI
<b>COMBUD</b>	UHLAHLA LWABIWO-MALI NGEKHOMPUYTHA
<b>COQA</b>	INTLANGANO NGOKUSUNGULA OKUFEZEKILEYO KUNANISELWANO NGOKUTYA E AFRIKA

<b>COS</b>	IBHUNGA LABATHATH'INXAXHEBA
<b>CPAC</b>	IKOMITI YOKWABA AMAPHULO NGOKWEMVELISO YORHWEBO
<b>CPI</b>	INDEKSI YEXABISO LABATHENGI
<b>CRDP</b>	INKQUBO EPHELELEYO YOPHUHLISO LWASEMAPHANDLENI
<b>CRDS</b>	ISICWANGCISO ESIPHELELEYO SENKQUBO YOPHUHLISO LWASEMAPHANDLENI
<b>CSC</b>	IZIKO LEENKONZO ZOLAWULO
<b>D: ERM</b>	UMBHEXESHI: KULAWULO LONGCIPHEKO KUSHISHINO
<b>DAFF</b>	ISEBE LEZOLIMO, AMAHLATHI NOKULOBA
<b>DDG</b>	ISEKELA MBHEXESHI-JIKELELE
<b>DEA</b>	ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO
<b>DEADP</b>	ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NOCWANGCISO LOPHUHLISO
<b>DEDAT</b>	ISEBE LOPHUHLISO LOQOQOSHO NOKHENKETHO ENTSHONA KOLONI
<b>DEP</b>	ISICWANGCISO SOKUHLUZZA KWEMPUMELELO LISEBE
<b>DESP</b>	UKWABIWA NGOKULINGANA AMAPHULO KUMASEBE
<b>DG</b>	UMBHEXESHI JIKELELE
<b>DITCOM</b>	IKOMITI YESEBE KULAWULO LOLWAZI NOBUGCISA
<b>DLAC</b>	IKOMITI YEMIHLABA NEZOLIMO KWISITHILI
<b>DLRC</b>	IKOMITI YOBUYISELO LWEMIHLABA KUBANTU BESITHILI
<b>DOA</b>	ISEBE LEZOLIMO
<b>DORA</b>	UMTHETHO ONGOLWABIWO LWEEMALI ZIKARHULUMENTE
<b>DPAC</b>	IKOMITI YOLWABIWO KWISEBE
<b>DPSA</b>	ISEBE LEENKONZO ZOLUNTU KURHULUMENTE
<b>DRDLR</b>	ISEBE LOPHUHLISO LWASEMAPHANDLENI NOKUBUYISWA KOMHLABA
<b>DTI</b>	ISEBE LEZORHWEBO NAMACANDELO ORHWEBO
<b>DTPW</b>	ISEBE LEZOTHUTHO NEMISEBENZI YOLUNTU KURHULUMENTE
<b>DVD</b>	IDIGITAL VERSATILE DISC
<b>EATI</b>	IZIKO LOQEQESHO NGEZOLIMO E ELSENBURG
<b>ECSA</b>	IBHUNGA LEENJINERI KUMZANTSI AFRIKA
<b>ECSP</b>	ULUNGISELELO LWENKXASO KUKHUPHISWANO LWEZOQOQOSHO
<b>EDP</b>	INDIBANISELWANO KUPHUHLISO LOQOQOSHO
<b>EE</b>	INGQESHO NGOKULINGANA
<b>EEP</b>	ISICWANGCISO SENGQESHO NGOKULINGANA
<b>EHW</b>	IMPILO YABASEBENZI NOLONWABO
<b>EIA</b>	UPHONONONGO LWEFUTHE LOKUSINGQONGILEYO
<b>EMAIL</b>	IMBALELWANO NGEKOMPYUTHA
<b>EMF</b>	ISIKHOKELO KULAWULO LOKUSINGQONGILEYO
<b>EPA</b>	ISIVUMELWANO SENTATHO NXAXHEBA KUQOQOSHO
<b>EPWP</b>	INKQUBO EYONGEZIWEYO YEMISEBENZI YOLUNTU KURHULUMENTE
<b>ERM</b>	ULAWULO LONGCIPHEKO KUSHISHINO
<b>ERMCO</b>	IKOMITI YOLAWULO LONGCIPHEKO KUSHISHINO
<b>ERP</b>	INKQUBO YOKUNCEDA ABASEBENZI
<b>ETF</b>	UMQUQUZELELI WORHWEBO NGOKUSESIKWENI
<b>EU</b>	IMANYAN YASE YUROPHU
<b>FAO</b>	UKUTYA NEMIBUTHO YEZOLIMO KWIZIZWE EZIMANYENEYO
<b>FAPRI</b>	IZIKO LEZIFUNDO ZOPHANDO LOMGAQO WOKUTYA KUNYE NEZOLIMO
<b>FARE</b>	IKAMVA LEZOLIMO KUNYE NOQOQOSHO EMAPHANDLENI
<b>FARR</b>	UKUMISWA KWEZIKO LWEZIFUNDO ZOPAHNDO-NZULU MALUNGA NOTYWALA
<b>FET</b>	IMFUNDO EPHAKAMILEYO NOQEQESHO
<b>FSD</b>	INKXASO YAMAFAMA NOPHUHLISO
<b>FWD</b>	UPHUHLISO LWABASEBENZI BASEZIFAMA
<b>GDP</b>	IMVELISO YELIZWE IPHELELE
<b>GI</b>	IZIBONISI ZOKWEMO-YOMHLABA

<b>GIAMA</b>	UMTHETHO ONGOLAWULO LWEMIHLABA NEZAKHIWO ZIKARHULUMENTE
<b>GIS</b>	UKUGCINWA KOLWAZI NGEMO-YEZULU
<b>GSSA</b>	UMMBUTHO I GRASSLAND WASEMZANTSI AFRIKA
<b>HA</b>	IHEKTARE
<b>HAS</b>	INDLELA YOKUPHONONONGWA KWEMPILO
<b>HCDS</b>	UBUCHULE BOKUPHUHLISWA KWABASEBENZI
<b>HET</b>	IMFUNDO EPHAKAMILEYO NOQEQESHO
<b>HEQC</b>	IKOMITI YOHLOBO LOMGANGATHO KWIMFUNDO EPHAKAMILEYO
<b>HIV</b>	INTSHOLONGWANE ESILELISA UKHUSELEKO LOMZIMBA KWIZIFO EZIHLASELAYO
<b>HOD</b>	INTLOKO YESEBE
<b>HR</b>	ABAZONCEDO LOLUNTU
<b>IAMP</b>	ISICWANGCISO SOLAWULO LWEMIHLABA NEZAKHIWO
<b>ICT</b>	UBUGCISA NGOLWAZI NOQHAKAMSHELWA
<b>IDP</b>	IZICWANGCISO ZENDIBANISELWANO KUPHUHLISO
<b>IFSS-SA</b>	UBUCHULE NGENDIBANISELWANO YOKUKHUSELWA KOBUKHO BOKUTYA KUMZANTSI AFRIKA
<b>IGDP</b>	ISICWANGCISO SENDIBANISELWANO KUHLUMO NOPHUHLISO
<b>IMI</b>	UMHLOLI OZIMELEYO WENYAMA
<b>IPAP</b>	ISICWANGCISO SEENTSHUKUMO EZIKUMGAQO KWIMISEBENZI YENGQESHO
<b>ISC</b>	IKOMITI EQUQUZELELA IMICIMBI PHAKATHI KWAMASEBE KARHULUMENTE
<b>ISO</b>	UMBUTHO WOKUHLOLWA KWEMIGANGATHO KWIHLABATHI
<b>IT</b>	UBUGCISA NGOLWAZI
<b>KZN</b>	KWAZULU NATAL
<b>LARP</b>	UMHLABA NENKQUBO YOKUBUYEKEZWA KOMHLABA
<b>LIMS</b>	INDLELA YOKULAWULA KOLWAZI KWIGUMBI LAMACHIZA
<b>LLMS</b>	INDLELA YOKULAWULA KOMFUNDI NOKUFUNDA
<b>LOGIS</b>	INDLELA YOKUTHENGWA KWEMPAHLA NEENKONZO NGURHULUMENTE
<b>LRAD</b>	UKUBUYEKEZWA KOMHLABAA NGENXA YOPHUHLISO LWEZOLIMO
<b>LLMS</b>	INDLELA YOLAWULO LOMFUNDI NEMFUNDO
<b>LIMS</b>	INDLELA YOLAWULO LOLWAZI KWIGUMBI LOPHANDO LWAMACHIZA
<b>LOGIS</b>	INDLELA YOKUTHENGWA KWEMPAHLA NENKONZO NGURHULUMENTE
<b>LRAD</b>	UKUBUYISELWA KOMHLABA WOKUPHUHLISELWA EZOLIMO KUBANTU
<b>LREAD</b>	IZIKO LEGUNYA ELINIKA IINGCEBISO NGOKUBUYISELWA KOMHLABA KUBANTU
<b>LTAS</b>	ULUNGISELELO LOKUYILA LWEXESHA ELIDE
<b>LTD</b>	INOMDA
<b>LUMB</b>	UMTHETHO OSAYILWAYO WOLAWULO NOKUSETYENZISWA KOMHLABA
<b>MAFISA</b>	AMAZIKO ABOLEKISA NGEEMALI EZINCINCI KWEZOLIMO KUMZANTSI AFRIKA
<b>MCEP</b>	INKQUBO YOKUVELISA UKUKHULISWA KOKHUPHISWANO
<b>MDG</b>	IINJONGO ZOPHUHLISO LOLONWABO OLUSEZAYO KWIHLABATHI
<b>MEC</b>	ILUNGU LEBHUNGA ELIPHEZULU LOLAWULO
<b>MINMEC</b>	IKOMITI YOMPHATHISWA NAMALUNGU EBHUNGA ELIPHEZULU LOLAWULO
<b>MINTEC</b>	IKOMITI YOBUCHULE YOMPHATHISWA
<b>MIP</b>	ISICWANGCISO SOKUPHUCULWA KOLAWULO
<b>MISS</b>	UMGANGATHO WOMLINGANISELO KUKHUSELO LOLWAZI
<b>MOA</b>	ISIVUMELWANO ESISHICILELWEYO
<b>MPAT</b>	ISIXHOBHO SOKUPHONONONGA INDLELA YOKWENZIWA KOMSEBENZI NGABA- PHATHI
<b>MTEF</b>	ISIKHOKELO SENKCITHO KUMMBINDI WONYAKA
<b>MTSF</b>	ISIKHOKELO SOBUCHULE OBUYAKUSETYENZISWA KUMMBINDI WONYAKA
<b>NACH</b>	UMNXEBA WAMAXESHA ONKE WOKWAZISWA NGEENTSHUKUMO ZORHWAPHILIZO KUZWELONKE
<b>NARS</b>	ULUNGISELELO LOHLELO LWEZILARHA ZOKUXHELA KUZWELONKE

<b>NDP</b>	ISICWANGCISO SOPHUHLISO LUKAZWELONKE NGO 2030
<b>NDV</b>	NEW CASTLE DISEASE VERIFICATION
<b>NEO</b>	IGOSA ELIPHAKAMILEYO KUZWELONKE
<b>NEPAD</b>	UBUDLELWANE OBUTSHA BEAFRIKA NGOPHUHLISO
<b>NGOS</b>	IMIBUTHO ENGEKHO PHANTSI KORHULUMENTE
<b>NGP</b>	ISICWANGCISO SOKUHLUMISA ILIZWE
<b>NIP</b>	ISICWANGCISO SEENKONZO EZISISISEKO KUZWELONKE
<b>NLACC</b>	IKOMITI KAZWELONKE YOKUFUNYANWA NOLAWULO LWEMIHLABA
<b>NMMU</b>	NELSON MANDELA METROPOLITAN UNIVERSITY
<b>NO</b>	IZIPHUMO KUZWELONKE
<b>NPC</b>	INKAMPANI ENGASEBENZELI NZUZO
<b>NQF</b>	ISIKHOKELO SEZIQINISEKISO ZEMFUNDO KUZWELONKE
<b>NRF</b>	INGXOWA-MALI KAZWELONKE KWIZIFUNDO NGOPHANDO OLUNZULU
<b>NTSF</b>	UBUGCISA KUZWELONKE KUNYE NEQONGA LEENZULU-LWAZI
<b>OBP</b>	IIMVELISO ZENZALA ZASE ONDERSTEEPOORT
<b>OECD</b>	UMBUTHO WOPHUHLISO LOQOQOSHO NENTSEBENZISWANO
<b>OHS</b>	IMPILO NOKHUSELEKO EMSEBENZINI
<b>OQF</b>	ISIKHOKELO ZESIQINISEKISO ZEMFUNDO KWIZAKHONO EZIKHETHEKILEYO
<b>OSD</b>	UKWABIWA KWEZAKHONO EZINQABILEYO ZEMISEBENZI
<b>PAHC</b>	UNAKELELO LWEMFUYO NGEZEMPILO
<b>PAIA</b>	UMTHETHO ONGOKUKHUTHAZA UKUFUMANA ULWAZI
<b>PAJA</b>	UMTHETHO ONGOKUKHUTHAZA UKWENZIWA KOBULUNGISA
<b>PAY</b>	UKUQHUTYELWA PHAMBILI KWEPHULO ELINGOLUTSHA
<b>PAYE</b>	HLAWULA NGOKOMVUZO OWAMNKELAYO
<b>PCR</b>	POLYMERASE CHAIN REACTION
<b>PDALFA</b>	UMTHETHO WOLONDOLOZO NOPHUHLISO KULUNGISELELO LWEMIHLABA YEZOLIMO
<b>PDI</b>	UMNTU OBEKADE EZINJWE AMATHUBA
<b>PDMC</b>	IZIKO LOLAWULO LWENTLEKELE KWIPHONDO
<b>PEO</b>	IGOSA ELIPHAKAMILEYO KWIPHONDO
<b>PERSAL</b>	INDLELA YOKWAMELISA ABASEBENZI
<b>PFMA</b>	UMTHETHO ONGOLAWULO LWEZIMALI KURHULUMENTE (UMTHETHO 1 KA 1999)
<b>PFS</b>	IINKONZO ZOPHANDO OLUNZULU KWIPHONDO
<b>PILIR</b>	UMGAQO WEKHEFU LOKUSILELA EMSEBENZINI NOMHLALA-PHANTSI NGOKUGULA
<b>PLACC</b>	IKOMITI YOKUFUNYANWA NOKUPHONONONGWA KOMHLABA KWIPHONDO
<b>PLAS</b>	ICEBO LOKULUNGISELELWA KOKUFUNYANWA KOMHLABA
<b>PPPFA</b>	UMTHETHO OSISIKHOKELO KUMGAQO NQUBO WOKUTHENGWA KWABO BENZELELWAYO (UMTHETHO 5 KA 2000)
<b>PRF</b>	IZIKO LESISEKO LWEZIFUNDO NGOPHANDO LWESONDLO I PROTEINI
<b>PSCBC</b>	IINKONZO ZOLUNTU EZIQUQUZELELA IBHUNGA LEENGXOXO EZINGABASEBENZI
<b>PSG</b>	UBUCHULE NGEENJONGO ZEPHONDO
<b>PSO</b>	INJONGO ELICEBO KWIPHONDO
<b>PSSC</b>	IZIKO LOKWABIWA KWEENKONZO KWIPHONDO
<b>PSRMF</b>	ISIKHOKELO KULAWULO LONGCIPHEKO KWIINKONZO ZIKARHULUMENTE
<b>PTY</b>	UBUMNINI
<b>PWD</b>	ABANTU ABAKHUBAZEKILEYO
<b>R &amp; D</b>	IZIFUNDO ZOPHANDO NOPHUHLISO
<b>RADP</b>	INKQUBO YOKULUNGISA NGOKUTSHA NOPHUHLISO
<b>RDC</b>	UKUQUQUZELELA UPHUHLISO LWASEMAPHANDLENI
<b>RPL</b>	UKWAMKELWA KWEMFUNDO NOLWAZI LWAKANGAPHAMBILI



<b>RSG</b>	USASAZO LUKANOMATHOTHOLO I "RADIO SONDER GRENSE"
<b>RTDS</b>	IINKONZO ZOPHUHLISO LWEZIFUNDO ZOPHANDO NOBUGCISA
<b>RWOPS</b>	UMSEBENZI OWAMKELISAYO NGAPHANDLE KOWUQESHELWE NGURHULUMENTE
<b>SA</b>	UMZANTSI AFRIKA
<b>SAB</b>	ABADIDIYELI BOTYWALA KUMZANTSI AFRIKA
<b>SACNASP</b>	IBHUNGA LEZIFUNDO ZENZULULWZI YENDALO KUMZANTSI AFRIKA
<b>SAET</b>	UBUMME BEMFUNDO NOQEQESHO KWEZOLIMO
<b>SANAS</b>	ULUNGISELELO OLWAMKELEKILEYO LOMZANTSI AFRIKA KUZWE-LONKE
<b>SAPS</b>	IINKONZO ZAMAPOLISA KUMZANTSI AFRIKA
<b>SAQA</b>	IGUNYA LEZIQINISEKISO ZEMFUNDO KUMZANTSI AFRIKA
<b>SARS</b>	INKONZO YOKUQOKELELWA KWENGENISO KUMZANTSI AFRIKA
<b>SASAT</b>	UMMBUTHO WEENGCALI KWEZOLIMO KUMZANTSI AFRIKA
<b>SAVM</b>	ULAWULO LOMHLABA NAMADLELO
<b>SCM</b>	ULAWULO LOKUTHENGWA KWEMPAHLA NEENKONZO
<b>SCOA</b>	ITSHATI ESEMGANGATHWENI YEAKHAWUNTI
<b>SCOPA</b>	IKOMITI EMELE UKNIKWA KWEMPENDULO NGOKUSETYENZISWA KWEEMALI ZIKARHULUMENTE
<b>SETA</b>	IGUNYA LOQEQESHO LWEMISEBENZI
<b>SG</b>	INTSUMP- JIKELELE
<b>SIMFINI</b>	INKQUBO YOSHICILELO LWEENKCUKAZA ZEZIMALI EYEZENDELWE EZOLIMO
<b>SIP</b>	AMAPHULO ABALULEKILEYO KWIINKONZO EZISISISEKO
<b>SIZA</b>	INYATHELO ELINOKUGCINWA KUMZANTSI AFRIKA
<b>SOC</b>	INKAMPANI KARHULUMENTE
<b>SOP</b>	IINKQUBO EZIQHELEKILEYO ZOKUSEBENZA
<b>SMS</b>	IINKONZO ZOLAWULO OLUPHEZULU
<b>SPCA</b>	UMMBUTHO WOKUTHINTELA INKOHAKALO KWIZILAWANYANA
<b>SPLUMA</b>	UMTHETHO WOLAWULO LOKUSETYENZISWA KOCWANGCISO LWEMIHLABA ELELEYO
<b>SPS</b>	IMIGANGATHO YOCOCEKO KUNYE
<b>SRM</b>	ULAWULO LOKUGCINWA KWEZINTO EZISETYENZISWAYO
<b>SU</b>	IDYUNIVESITHI YASESTELLENBOSCH
<b>TB</b>	ISIFO SEPHEPHA
<b>THRIP</b>	UBUGCISA KUNYE NONCEDO LWEZOLUNTU KWIINKQUBO ZAMACANDELO
<b>TOR</b>	IINGONGOMA EKUGXILWE KUZO
<b>UAM</b>	ISICWANGCISO SOLAWULO LOKUSETYENZISWA KWEMPAHLA
<b>UTA</b>	ICANDELO LONCEDO LOBUGCISA
<b>VAT</b>	IRHAFU SELE IFAKIWE
<b>VPH</b>	IMPILO YEMFUYO YOLUNTU
<b>VPHO</b>	IGOSA LEZEMPLILO YEMFUYO YOLUNTU
<b>VPN</b>	ISAZISO NGENKQUBO YEZILWANYANA
<b>VS</b>	IINKONZO ZONYANGO LWEMFUYO
<b>WCG</b>	URHULUMENTE WENTSHONA KOLONI
<b>WCP</b>	IPHONDO LENTSHONA KOLONI
<b>WCDOA</b>	ISEBE LEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
<b>WCARF</b>	IQONGA LEZIFUNDO ZOPHANDO-NZULU NGEZOLIMO ENTSHONA KOLONI
<b>WESGRO</b>	I-ARHENTE YOQUQUZELELA UTYALO-MALI NORHWEBO ENTSHONA KOLONI
<b>WFD</b>	UMHLA WOKUTYA KWIHLABATHI
<b>WFP</b>	INKQUBO YOKONDLA ABASWELELYO KWIHLABATHI
<b>WG</b>	IQELA ELISEBENZAYO
<b>WIETA</b>	INYATHELO LABENZI BE WAYINI NGOMMBUTHO ORHWEBA NGOKUSESIKWENI
<b>WTO</b>	UMMBUTHO WORHWEBO KWIHLABATHI
<b>YPP</b>	INKQUBO YEZIFUNDISWA EZISELULA

## ULUHLU LWENKCAZELO

### INANI IZIPHUMO KUZWELONKE

- 1 Amabanga aphantsi kwimfundo eyiyo
- 2 Ubomi obude nobunempilo kubo bonke abemi baseMzantsi Afrika
- 3 bonke abantu bakhuselekile yaye baziva njalo eMzantsi Afrika
- 4 Inggqesho enesidima ngokukhula okuhlanganisiweyo koqoqosho
- 5 Abasebenzi abanezakhono nobuchule bokuxhasa umsebenzi wokukhuliswa koqoqosho ngokuhlanganisiweyo
- 6 Uthungelwano lweenkonzo ezisisiseko kuqoqosho olukhawulezayo, olunamandla nolusabela kwiimfuno
- 7 Abahlali basemaphandleni abanomdla, abalungileyo nabazinzileyo besenza igalelo kukhuselo lobukho kokutya kumntu wonke
- 8 Uzinzo kwiindawo zokuhlala koLuntu kunye nokuphuculwa kobomi kwintlalo yasemakhaya
- 9 UMasipala olandela iimfuno zoLuntu, onika iimpendulo, owenza umehluko nokhawulezayo
- 10 Sikhusela ze siphucule imveli eyiyeyethu kunye nemijelo yendalo
- 11 Senza uMzantsi Afrika ongcono ze senze igalelo kwi Afrika engcono nakwiHlabathi
- 12 linkonzo zoLuntu ezikhawulezayo nezihambelana nophuhliso
- 13 Indlela epholeleyo nezinzileyo yokhuseleko lwabahlali
- 14 Abantu abahlukileyo, behlalisana ndawonye benobuzwe obunye

### SIP AMAPHULO ADITYANISWE NGOBUCHULE

- 1 Ukuvulela i Northern Mineral Belt ne Waterberg nezizakwenza utshintsho
- 2 Durban- Free State– Gauteng Logistics kunye ne Industrial Corridor
- 3 South Eastern node & corridor development
- 4 Ukuvulela amathuba ezoqoqosho nePhondo loMntla-Ntshona
- 5 Saldanha-Northern Cape Development Corridor
- 6 Ukuthungelana kwamaPhulo eeNkonzo ezisisiseko kooMasipala
- 7 Ukuhlanganiswa kokuthungelana kwedolophi ngeNkqubo yezoThutho loLuntu
- 8 Ukuphehla amandla ombane kwindalo ngelokuxhasa uqoqosho loMzantsi Afrika
- 9 Ukuphehlwa kwamandla ombane ngelokuxhasa uphuhliso loqoqosho loLuntu
- 10 Ukuhanjiswa kombane nokuwusasazela kubantu bonke
- 11 Agri-Logistics kunye neenkonzo ezisisiseko eMaphandleni
- 12 Kulungiswe ngokutsha izibhedlele zoLuntu kunye nezinye iindawo zoncedo lwezempilo
- 13 Inkqubo yokwakhiwa kwezikolo kuzwelonke
- 14 Iziseko eziluncedo kwimfundo ephakamileyo
- 15 Kwandiswe ukufumaneka kobugcisa bonxibelelwano
- 16 SKA & MeerKat
- 17 Ukuhlanganiswa kweNkqila kulungiselelwa intsebenziswano nophuhliso kwiAfrika
- 18 Isicwangciso esithembakeleyo soncedo olusisiseko eManzini nasekuhanjiseni kwelindle

## UBUCHULE BEENJONGO ZEPHONDO

### PSG UMXHOLO

- 1 Ukudala amathuba okukhula koqoqosho nemisebenzi.
- 2 Ukuphucula iziphumo zemfundo kunye namathuba ophuhliso loLutsha. Kwandiswe imeko
- 3 yempilo yabantu, ukhuseleko ze kupheliswe iintswelo namazhala oLuntu. Sikhuthaze ukomelela, okuzinzileyoukuhlalisana sisonke ngokonwaba.
- 4 Kuzinziswe ulawulo olululo kunye nonikelo lweenkonzo olunothungelwano ngokusebenzi-  
sa ubudlelwane
- 5 kunye nolungelelaniso lwamabala eleleyo

## UBUCHULE BEENJONGO ZESEBE

### DSG UMXHOLO

- 1 Kuxhaswe icandelo lezolimo kwiPhondo ukuze likwazi ligcine ngokuzinzileyo umthamo wemveliso ezithunyelwa kumanye amazwe kule minyaka mihlanu izayo ngokuthenga ze kwande ixabiso layo lisuke ku R14.014 yezigidi ngonya ka 2009
- 2 iPhondo liqinisekise ngempumelelo ebuncikane buyi 60% yamaphulo okubuyiselwa kwemihlamba yezolimo kuLuntu, kule minyaka mihlani izayo.
- 3 Kuxhaswe (amafama kunye nabavelisi) kweli candelo ngelokwandisa imveliso kwezolimo (iimveliso ezenziwe kweliPhondo) ngobuncikane be 10% kulonyaka uzayo
- 4 Kwandiswe ukusetyenziswa okuzinzileyo kwemijelo yethu yeziluncedo nokuphuma kwindalo ngokulondolozwa kweendlela ezizizo zokusebenza ukuze kwande imveliso kwezolimo
- 5 Kwandiswe amathuba oqoqosho kwezolimo kwiindawo ezithile ezisemaphandleni ngokweemfuno zoqoqosho loLuntu, kwixesha leminyaka elishumi

## PROJECT KHULISA

Ekuqaleni kolawulo olutsha loRhulumente wePhondo iNtshona Koloni, IsiGqeba Solawulo siphumeze Ubuchule beenjongo ezintlanu zePhondo (PSG's). injongo yokuqala kweai, PSG 1, "kukudala amathuba okukhulisa uqoqosho kunye nemisebenzi". Ukongeza kuludwe longenelelo oluqhelekileyo, uRhulumente wePhondo uthathe isigqibo sokukhangela ze umisele uluhlu "lwezinto ezinokunceda" nezinokutshintsha ukuhamba kwesantya kuphuhliso lwePhondo. Kwimeko ye PSG 1, kuthethwe nenkampani ekwiHlabathi neyiyeenkonzo zeengcebiso engu McKinsey ukuba ixhase iSebe ngexesha lokuphuhliswa kwezinto ezinokunceda kuqoqosho nakumathuba engqesho, nkqubo leyo iye yabizwa ngokuba ngu "Project Khulisa". Ngexesha lesigaba sokuqala kwiphulo i "Project Khulisa", emva kwenkqubo ende yokuhlalutywa kweencukacha zolwazi olufunyenweyo, kuye kwavela amacandelo amathathu nangawona aphambili (ukusongelwa nopakishwa kweemveliso, ezokhenketho, i-oli kunye ne gesi) kunye neendlela ezintlanu zokuncedisa nezizexi (umbane, amanzi, broadbans, izakhono kunye neendlela ezilula zokusebenza kwishishini). Ngexesha lentlanganiso yabathathi nxaxheba abanomdla neyayingomhla wama 20 kweyoKwindla 2015, kwavela uhlalutyo-nzulu olongeziweyo nokunikwa iingcebiso ngabo bonke abathathi nxaxheba abanomdla, ngeshumi elinesine leendlela zokukhawulezisa nezinje ngokumiselwa (komzi ogcina imfuyo yeZolimo, ukukhuthazwa kwentengo ngamanye amazwe, uncedo olusisiseko kuphando nzulu ngezifundo, nezinye)nezithe zamkelwa. Kwisigaba esilandelayo, kuzakukhangelwa kumacandelo okugalela noku-songela ze kwenziwe iindlela ezizizo zongenelelo ngelokwandisa inxaxheba yazo kuqoqosho lwePhondo.

## INTETHO YOMPHATHISWA

iSebe leZolimo eNtshona Koloni lidlala indima ebalulekileyo ekukhuliseni uqoqosho nasekudaleni amathuma emisebenzi, ingakumbi kwiindawo ezisemaphandleni kweli Phondo.

Ukukhulisa ukusetyenzwa kweemveliso kwicandelo lokugalelo nokusongelwa kweemveliso kunye nokukhawuleziswa kwesantya sokubuyiselwa komhlaba kuLuntu zezona nto zibalulekileyo kuRhulumente weNtshona Koloni.

Kweli xesha sithetha ngalo, sense inqubela ebonakalayo ekuzalisekiseni ezi njongo.

iSebe leZolimo lihlinzeke ngempumelelo uMhlangano wokuBuyiselwa koMhlaba kuLuntu apho sixoxe ngokubuyiselwa komhlaba ngokukhokelwa luCwangciso loPhuhliso kuZwelonke (NDP). INDP izimisele usukelo lwe 20% yomhlaba emawubuyiselwe kubantu ebebekade becinezelekile nabangabemi boMzantsi Afrika, ngomnyaka ka 2030, njongo leyo esizimisele ukuba sense igalelo eliyakuthi lizale imathuba okwenene kuLuntu lwethu ukuze luphephe indlala ze liphile ubomi obungcono.

Nathi simelwe, yaye sidlala indima ebonakalayo, kwiiKomiti zokubuyiselwa kwemihlaba kwiSithili nezisekwe kunyaka-mali odlulileyo liSebe loPhuhliso lwamaPhandle Nokubuyiselwa koMhlaba kuZwelonke.

Ngenxa yezakhono esinazo kule ngingqi, iSebe leZolimo eNtshona Koloni lijonge phambili ekubeni lidlale indima enkulu ekuxhaseni kwiiKomiti zoRhulumente woZwelonke.

Ubudlelwane bubalulekile xa ufuna ukuzuzisa usukelo olumisileyo kuBuyiselo loMhlaba.

Kude kube ngoku, se simisele uMnyango weeNgcebiso ngokuBuyiselwa koMhlaba eLuntwini, kwi-ofisi kaNdlunkulu we Casidra e Paarl. Esi siseko soncedo, sanceda ngokunikela ngoncedo olubambekayo kubantu abanomdla nabafuna ukwenza amaphulo okusebenzisa umhlaba, kodwa bexakwa kukungazi, yaye ndiqinisekile ukuba oku kuyakusikhawulezisa isantya senguqu kubumnini bemihlaba.

Eyona ntsika ekukhuliseni impumelelo yamafama asakhulayo nalawo asele ezimele kukuphuculwa kwendlela yokungena emarikenini. Phakathi kwalo nyaka sithetha ngawo, sesinceda amafama angama 2 008 ngeengcebiso zezoqoqosho eziquka iindlela zokukhulisa amashishini abo ngokuthi bandise abathengi babo.

Oku sikuqaphela ngelokuqinisekisa ukuba icandelo lethu lihlala kuthengwa kwiimveliso zalo lihlabathi liphela, kufuneka sivumele iingcinga ezintsha zokwenziwa komsebenzi.

Izifundo ngophando-nzulu yenye yengongoma zethu eziphambili ekufezekisweni. Kulonyaka sithetha ngawo, simisele okanye sibenegalelo ekuxhaseni ngezimali izifundo ngophando-nzulu ezingama 98 kunye namaphulo obugcisa ngelokuxhasa iimveliso zezolimo. Njengokuba sisebenzela ukuphuhlisa uqoqosho, kufuneka siqinisekise ukuba abahlali banezakhono ezifanelekileyo ukuze bazuze kula mathuba.

Kunyaka-mali ka 2014/15, sense utyalo-mali lwe R53.429 yezigidi zeeRandikwiMfundo eHleliweyo yeZolimo noQeqesho. Sinikezele ngezipho zenkxaso-mali yokufunda kubafundi abangama 48 apho 2 852 yabafundi ithathe inxaxheba kwiinkqubo zemfundo ephakamileyo noqeqesho.

Kuyakhula ukuba Impilo yemfuyo yethu ibe yenye yeenkalo esizijongileyo kwezi zibalulekileyo.

Ukugula kokugqibela ngesifo samahashe nokuthe kwaziswa kwabasemagunyeni kube ngenyanga ka-Canzibe 2014, yaye kudambile nokufuduswa kwemfuyo ngabolawulo nonyango lwemfuyo nokungenxa yogqabhuko lwezifo. Kulo nyaka-mali sithetha ngawo, kube kancinci ukungcungcutheka kweenciniba

ngokuyinkohla sisigula i Avian Influenza, kwela candela. Soqhubekela phambili ngokuzibeka esweni rhoqo, kunye nabezonyango lwemfuyo, ngelokuqinisekisa ukuba siyakwazi ukumelano nokugula kwazo xa kuyimfuneko.

Ngokumalunga neentlekele okanye ukonakala kweziseko eziluncedo kwezolimo, abaluleke kakhule amaxesha okuqubisana nazo. Kulo nyaka-mali sikuwo, iSebe libekele bucala imali eyi R975 000 neyiyeyokuthenga i“Generator” nematshiniyokumpompa amanzi ngelokulawula imeko yokunkinkishwa kwamanzi emva kokugqabhuka kombhobho e Clanwilliam.

Ekusebenzisaneni noRhulumente kaNdlu-nkulu, uRhulumente weNtshona Koloni ungenelele ekunqandeni intlekele yokunqaba kwamanzi kule ngingqi.

Ngenxa yokusebenza nzima kwabaphathi kweliSebe bekunye nabasebenzi, sizifezile ezona njongo zethu ziphambili kunyaka-mali ka 2014-15. Indlela eya phambili, ndiqinisekile ukuba ngokwempumelelo yethu, siyakuthatha apho sibeke khona ukuze sikhawuleze sandise ukukhula koqoqosho, kwicandelo elingak-hethiyo kwezolimo.



---

**Alan Winde**

**Mphathiswa kuMathuba oOoqosho**

**Umhla: 29 kuCanzibe 2015**

## 1 INGXELO YEGOSA ELONGAMELEYO

### 1.1 Iyonke imisebenzi eyenziwa liSebe

Iinkqubo zangaphandle zophuhliso loluntu ezinje nge APFRYD kunye ne APFP neyiyinkqubo ngezifundo ngobunkokheli kulutsha olusandul'ukuphumelela izifundo zezolimo baye bafakwa ngempumelelo kwinkqubo ekhoyo ye YPP. Inkqubo yethu yokusebenzela ukwazi umsebenzi (internship) idlule kumlinganiselo we DPSA oyi 5% ngokungaphezulu kwe 50% yabasebenzela ukwazi umsebenzi nabangenela izifundo eziphakamileyo.

Unyaka-mali oqukwa yile Ngxelo yoNyaka ngowokugqibela oqukwa sisiCwangciso soBuchule bePhondo kwixesha lonyaka-mali oqale ngo 2010/11 ukuya ku 2014/15. Ngenxa yoko, kufanelekile ukuba ndibonakalise impumelelo kwiinjongo ezintlanu kubuchule beSebe:

- 1. Ukuxhasa iCandelo leZolimo kwiPhondo ukuze likwazi ukugcina isikhundla salo ekuthunyelweni kweemveliso kumanye amazwe kule minyaka mihlanu izayo ngokukhulisa ixabiso loshishino lwalo kususela kwi R14.014 yezigidi zamawaka ngo 2009.** Ilandela inkqubo yesiqhelo neyiyeyokugqibezela iinkcukacha ezingekaphunyezwa zolwazi, iingxelo ze StatsSA zichaza ukuba eyona ngenelo yongeziweyo liCandelo leZolimo eNtshona Koloni yenyukile ukusuka kwi R14.59 yezigidi zamawaka ku 2009 ukuya ku R16.3 yezigidi zamawaka kunyaka ka 2013 (iinkcukacha zakutsha-nje zithi); kwelixesha inyuke nge 9.5%. nakwimeko eqhelekileyo ngamanani, sizuze ukunyuka kwengeniso engange 1.5%.
- 2. Ukuqinisekisa ukuba ubuncikane be 60% yamaphulo okubuyiselwa kwemihlaba yezolimo eLuntwini iyaphumelela kwiminyaka emihlanu elandelayo.** Ngexesha lokuphicothwa kwamaphulo okubuyiselwa kwemihlaba kuLuntu nangama 246 ngumntu wangaphandle, kweli xesha iSebe lixhase iintlobo-ntlobo ezahlukeneyo zenjongo zokusetyenziswa kwemihlaba nezifikelele kuma 39, neziqoke eqoqosho, intlalo yoLuntu kunye nendalo esingqongileyo, zaye zisetyenziselwe ukubona impumelelo. iziphumo zibonise ukuba amaphulo angama 62 ahlelwe njengayimpumelelo.
- 3. Ukuxhasa icandelo (lamafama kunye nabavelis i) sandise iimveliso zezolimo (ingakumbi iimveliso zorhwebelwano nephondo) ngobuncikane be 10% kule minyaka ilishumi izayo.** Ngokolwazi esilufumene kwiinkcukacha ngobalo lwemisebenzi engezolimo ngo 2007 kunye neenkukacha zovavanyo ngolwazi lwamva-nje, ixabiso ngengeniso yeemveliso zezolimo inyuke yafikela kwi R25 yezigidi zamawaka ngo 2009 ukuya kwi R38 yezigidi zamawaka ngo 2013 (ngokolwazi lwakutsha-nje). Oku kukunyuka okungange 54% yaye nkqu nakubalo lokwenyani inyuke nge 45%.
- 4. Sandise ukusetyenziswa okuzinzileyo kwemveliso zezendalo kusetyenziswa iindlela zokuzilondoloza ngelokwandisa iimveliso zezolimo.** Emva kweminyaka emihlanu equkwa bubuChule ngoCwangcis, kunikezelwe ngeenkonzo zezobunjineri ezingama, 3 043 ze kwenziwa iintshukumo ezingama 2 347 ekukhuthazeni nasekwandiseni ukusetyenziswa okuzinzileyo kweemveliso zezendalo kwiPhondo leNtshona Koloni.
- 5. Sandise amathuba ezoqoqosho kwezolimo kwiindawo ezikhethiweyo emaphandleni ngokweemfundo zabo zezoqoqosho nentlalo yoLuntu kule minyaka ilishumi izayo.** Iziphumo zovavanyo oluzimeleyo ngeNkqubo yoPhuhliso Oluquka konke emaphandleni (CRDP) ngokuhlangeneyo e Dysselsdorp (kufutshane ne Oudtshoorn) zibonise ukuba angama 973 amathuba emisebenzi edalwe e Dysselsdorp ngenxa yolu ngenelelo. ngokufanayo, ngoku phantse onke amakhaya ayalifumana uncedo lwase kliniki okanye lwesibhedlele, ukuthuthwa kwenkunkuma kunye namanzi yaye nenani labaantu abangafundanga lihlele lada lafikelela ku 4%. Noko kunjalo, uvavanyo lusekwabonise inani lemingeni ezakulandelwa kwixesha elizayo.

Kuphinde kwahlaziywa uvimba-nkcukacha weintanethi nge Fruitlook ngexesha lokunkcenckeshela ku 2014/2015 apho kunikezelwe ngolwazi lobungakanani bamanzi ekufuneka uwasebenzise ekunkcenckesheleni kwizityalo zeziqhamo kunye neentlobo ezisibhozo (8) zokulinganisa amanzi ngamafama rhoqo ngeveki ukuncedisa abalimi ngeyona ndlela ilulutho yokusebenzisa amanzi ezolimo nokukhokelela ekonjeni ukusetyenziswa kommbane nezichumiso. Okwa kaloku nje, bangama 777 abantu kuquka namafama, namagosa obuchwephesha, iinzulu-lwazi kunye nabaPhandi ngezifundo-nzulu, ababhalisele ukusebenzisa olu lwazi. Bamalunga nama 6 872 amasimi abhaliswe kuvimba-nkcukacha weintanethi ku 2014/2015 nangu, mlinganiselo womhlaba ozi hectare ezi 12 920. Kubhaliswe iiHektare ezongeziweyo nezingama 9 784 zonyaka ophelileyo ukwenzela ukuba kuthelekiswe imveliso, ebonakalisa ixabiso leenkukacha zolwazi kubasebenzisi be FruitLook.

Kudalwe amathuba omsebenzi weentsuku ezingama 41 025 kumsebenzi wokubiyelwa komhlaba wefama oziHektare ezingama 18 036 ha omhlaba, oku kwenzelwa ukhuseleko kumarhaamncwa, nokudalwa kwemisebenzi, nokokuba ngowexesha elifutshane.

iSebe, lihlangene ne DEADP, lisebenzisene ekuphuhliseni i EMF kwingingqi yase Sandveld area. Intle kakhu-lu inkqubela-phambili ngokumalunga nokwenziwa kwe EMF, nezakwelisa ulwazi ngendalo esingqongileyo

nemaluphononongwe kuvavanyo lwezicelo zogunyaziso olungendalo esingqongileyo nezenziwe ngokolungiselelo kuMthetho i EIA. Kukholeleka ngathi yakube igqityiwe le Sandveld EMF, iyakunceda ngolwazo olukumgangatho oyakuvumela ukumiselwa kocwangciso lakwangaphambili kumafama, ithibaze imfuneko yezicelo ezintsha zogunyaziso kwindalo esingqongileyo, kangangexesha elibonakalayo. Oku kudala ithuba lokungenelela kwezinye iingingqi (ngokwejografi nezinye) ngokuhlangeneyo.

iSebe liqhubele phambili ngeemveliso zorhwebo laza laxhasa amaphulo ali 118 ephelele lisebenzisana nee CPACs. La maphulo enziwe ngediliya ezisi 8 zewayini, angama 26 eziqhamo, asi 7 ediliya etyiwayo, eli 9 eembewu zamakhozo, angama 39 emifuno, ama 2 ezithole zemifuno, imfuyo 18 (iihagu, iinkomo neenkukhu), iigusha ezi 5 noboya kunye nesi kumahashe. Ngaphezu koko, kuqeshwe abahloli abangama 26 ngokusetyenziswa kwemveliso yorhwebo ukuze bafumane amafama asakhasayo afumane, ngako oku kuvuleke imariki kumafama asakhalayo kunye norhwebelwano ngezolimo.

iSebe limisele uMnyango weNgcebiso ngokuBuyiselwa koMhlaba lisebenzisa i UTA ngelokuzisa inkxaso ngokucwangcisa kwamafama, oosomashishini, oomasipala kunye nabanini-mhlaba ngenjongo yokuba kuhlelwe amaphulo angokubuyiselwa komhlaba eLuntwini ukuze kutshintshwe ezolimo phantsi kwesikhokelo se NDP. ngaphezu koko, lo Mnyango uzakunikela ngenkxaso kwii DLACs kwiPhondo liphela.

iSebe ligqibezele uvavanyo lwangaphandle kwiphulo lesitiya semifuno. Iziphumo kunye nezindululo ziyakuba nefuthe lokuqhelela phambili isitiya semifuno.

Abenkqubo yonyango lwemfuyo: banikezele ngezatifiketi zokuthunyelwa kwentengiso kumanye amazwe ngokungaphezu kwe 4 370 kumashishini ali 174 aphunyezwe ukuthumela intengiso yawo kumanye amazwe (oku akuquki iifama). Iimveliso ezo zithunyelwe kumazwe angama 77.

Igunya lophuhliso lwezifundo zophando-nzulu kunye nobugcisa kwezolimo kweliSebe, njengokuba lingumsebenzi weNkqubo ye: RTDS, limiselwe njengokuba bekucetyiwe ngokuchasene nemeko yonikelo lweenkonzo ngokuqhelekileyo. Ezona njongo ziphambili kule Nkqubo ziquka uphando olubalulekileyo ngezifundo-nzulu, ukwenziwa nokuqhelanisa ubugcisa obufanelekileyo ngelokuqinisekisa imveliso ezinzileyo, ukusasazwa kolwazi kuphando ngezifundi-nzulu ngendlela eyamkelekayo kuluntu kuquka ukulondolozwa nkqu nokwandiswa kweefama zethu ezisixhenxe zophando ngezifundo-nzulu, ngelokuqinisekisa kunye nokukhwezela imeko evumela ukwanda kwezifundo ngophando-nzulu kwiindawo ezithile ezinemithi nezolimo ngokubanzi eNtshona Koloni.

Kwenziwe iinkqubo ngezifundo ngophando-nzulu ngokubhekisele kumaqabane ethu kunye namaphulo kubunzulu-lwazi ngemfuyo kunye nezityalo kuba kucingelwa iimfuno nemingeni kwiimveliso zorhwebo kunye nabanye abathathi naxheba angamaqabane. Kongezwe iingcebiso ukunikelwa kweengcebiso ngobuchule ze kwanelwa ngeenkonzo zokuxilongwa kwemfuyo kuluhlu lwamaqabane ethu aphakathi nangaphandle, ngenjongo yokunciphisa iindleko ze kwandiswe umgangatho wemveliso ngeyona njongo yokwandisa iimveliso zezolimo nge 10% kule minyaka ilishumi izayo.

Lo nyaka uqale ngamaphulo ali 104 ezifundo ngophando-nzulu. Kuye kwavalwa amaphulo angama 24 kulo nyaka-mali ka 2014/15, ngelixesha iKomiti yamaphulo ezifundo ngophando-nzulu iye yaphumeza amaphulo amatsha ali 18, nto ley ibangele inani lamaphulo angama 98 ekupheleni konyaka-mali ka 2014/15.

Ukuze kumiselwe icandelo lezolimo elikwaziyo ukumelana nokutshintsha kwemo yezulu eNtshona Koloni, kuye kwaqakunjelwa ngokuqhotyoshelwa ezona ngongoma ekufuneka zifeziwe ekuphuhliseni kwesikhokelo ngokuTshintsha kweMozulu kunye nesiCwangciso sokumiselwa kwaso kwiCandelo leZolimo, waza ngomhla 1 kweyeThupha 2014, umniki zinkonzo obe nempumelelo waqalisa ngokwenza umsebenzi eku-thwa yi SmartAgri. Kukhokeleka ukuba olu phando zifundo-nzulu lwamabakala amathathu lobe ligqityiwe ngeyeKhala 2016. iKomiti elawula amaphulo amaSebe ohlukeneyo enamalungo azingcali kwiSebe leZolimo nakwi DEADP (ahlangene ngobunkokheli kweli phulo) ngawo ayakongamela kolu phando ze aqiniseke ukuba amaqabane kweli phulo ayinxalenye yale nkqubo yeminyaka emibini.

Eli candela losishicilele esi sicwangciso ngelokukhuthaza amafama azakuthi akwazi ukumelana nokutshintsha kwemozulu ze kule minyaka ilandelayo kwenziwe iimveliso Zobugcisa kwiSmartAgri. Njenge nxenye yeli linge, kuye kwanda inkqubo yolondolozo lwezolimo kunye nokusetyenziswa ngokubanzi uzinzo kwimisebenzi ekwezolimo. Siye senza igalelo kumacebo ohlukeneyo okusebenza kuNdlu-nkulu nakwiPhondo, izicwangciso kunye namaxwebhu ngalomba. Ubugcisa obutsha nesibusebenzisayo esibuvulisele yimizamo yezifundo ezibalulekileyo ngophando-nzulu buye yaye buseza kuqinisekisa ukuba abavelisi bazinzile benamaxabiso afikelekayo bevelise ngoncedo olungephi lwezindalo kunye nokutshintsha kwendalo esingqongileyo (ngokobukho bamanzi, iintftkele kunye nezinye iziphumo zokutshintsha kwemozulu).

Kuphinde kwahlaziyeka ngamandla intsebenziswano phakathi kwabaphandi ngezifundo-nzulu, imibutho ekweli candela kunye namafama, oko kukhokelele kwimihlangano emininzi nebingacingelekanga kweli candela kuxoxwa ngemicimbi engezifundo ngophando-nzulu kunye nemingeni yeli candela. Le mihlangano ayinikanga baphandi nje ithuba lokusasaza ulwazi lobuchule kumanye amaqabane kodwa bavakalise neemfundo zophando ngezifundo-nzulu kumanye nemingeni yamanye amaqabane kubaphandi kwakunye nokulungelelaniswa kwemicimbi yophando ngezifundo-nzulu.

Kwabokwabelana ngoBugcisa, kumgangatho wezobuNzulu-lwazi nangokuqhelekileyo benze umsebenzi wabo ngokubanzi ze kwapapashwa amaphepha angama 40 naqulathe amagqabantsintshi ngezifundo ngophando-nzulu nalapho kwenziwe unikelo-ntetha ezibe li 108 kwimisitho yobunzulu-lwazi. Kwicala leentetha eziqhelekileyo, kumsitho wokwabelana ngollwazi oluqhelekileyo, kwenziwe iintetha ezingama 206 nangona kusapapashwe amaphepha angezobunzulu-lwazi ali 161 kunzibebelelwano ngosasazo oluqhelekileyo. Kuye kwasasazwa ngamaziko angama 22 osasazo kunomathotholo. Iqela labezifundo ngophando-nzulu lihlinzeke Imisitho eli 11 yokwabelana ngobugcisa, kuquka nomnyhadala weminyaka engama 50 e Oudtshoorn nophinde wancoma umsebenzi obalulekileyo owenziwe kwicala lophando ngezifundo-nzulu ngeenciniba neziveze ukubaluleka kwendumasi kwiHlabathi lonke njengokuphela kweziko elisebenza ngeenciniba ehlabathini. Kwenziwe kwaza kwasasazwa iincwadana zolwazi ezinga 25 zinikwa amaqabane kwimisitho yonke.

Kuhlinzekwe imisitho emibini licandelo loveliso lweenciniba, neyile. Ifantesi yonyaka ngeenciniba kunye ne "Information day". Le ibiyi fantesi ye 10 ukususela oko saqalayo ngenkqubo yokuzalisa yaye kuthengiswe iinciniba ezili 125. Le fantesi kunye ne 'Information day' ebizinyaswe kakhulu zibonakalisa ukuba eli candela lizinzile emva kwemingeni evezwe ngumkhuhlane weentaka "Avian Influenza" kule minyala imbalwa idlulileyo.

Abecandelo localulo lwemihlaba eleleyo bavelise ubuchaka-xhaka bomatshini woRhulumente wePhondo iNtshona-koloni (WCG) nosebengisa iinkcukacha ze intenethi nobizwa ngokuba yi "WCG Spatial Observatory". Eyona nto iphembelele oku kumiswa kwalomatshini ibe ngumbono wesaci esithi "Open Opportunity Society". Ukuze sifezekise lo mbono, lo matshini usetyenziswa nguRhulumente weNtshona Koloni ukufumana ezona nkcukacha zolwazi lwemihlaba eleleyo kwiPhondo. Lo matshini usetyenziselwa ukulungiselela intsebenziswano engcono kwimicimbi yorhulumente phakathi kwamaSebe ohlukeneyo kaRhulumente ngenjongo yokuphucula ucwangciso lokusetyenziswa kwemihlaba esaleleyo nokuthatha izigqibo ezizizo ngemihlaba leyo. Ukugqwesa kwethu kude kwaqhwyatylwa izandla xa iPhulo leSebe kubuNtlole bama-Bala aSaleleyo lifumana ibhaso lokuwongwa njengabaniki ziNkonzo Abagqwesileyo kwiPhondo kunyaka ka 2014, kumgangatho we "2014 Silver in the Category Best Public Service Innovator".

Ukulinywa kwezinye izityalo kuba yeyona nto kujongwe kuyo licandelo lezolimo. Kuyanda ukugxila kuzo njengokuba ezi zityalo zisezitsha zingabonwa hayi njengezinika umthyi kuphela kodwa zifunwa kakhulu ngabantu, kodwa ngokungathandabuzekiyo, ezi zityalo zizakudlala indima ebonakalayo kwicandelo lezolimo eNtshona Koloni ngoku kukho imingeni engokutshintsha kwemo yezulu. Ngaphezu koko, ezinye izityalo bezingakwazi ukuthengiseka kwezinye iimarike kweli lizwe nakumanye amazwe ze kongeze amanani ethu emveliso ezithunyelwa kumanye amazwe ze ekugqibeleni zandise ubutyebi kuqoqosho nokudalwa kwamathuba emisebenzi eNtshona Koloni. Ingxowa-mali yezifundo zophando-nzulu ngezityalo ezahlukileyo sele iqhwalela yaye incinci. Ukuze sibe sikwazile ukumelana nemingeni engengxowa-mali yophando ngezifundo-nzulu, ngenyanga yeThupha 2014, kuye kwasekwa ingxowa-mali eyodwa eyingxowa-mali yezifundo ngophando-nzulu ngezityalo ezahlukileyo nebizwa ngokuba yi "Alternative Crops Fund", nexabise izigidi ezintathu zeeRandi, apho kuye kwaqakunjelwa ukumenywa kokubhalwa kwamaphepha ngezi zifundo ngophando-nzulu kwaze kwaphawulwa namaphulo ekufuneka enikwe inkxaso-mali.

Intsebenziswano namaqabane akwicandelo lethu yandile yaye ngoku sifumene izicelo zokuba sibe ngabakhokelayo kwizifundo zophando-nzulu okanye sihlangelele ekukhokeleni kwizifundo zophando-nzulu neziyimfundo yezidanga. Oku kubonakalise ukubaluleka koqhakamsigelwano lwezifundo ngophando-nzulu, neetsebenziswano phakathi kweSebe kunye namaziko emfundo ephakamileyo yaye indima yethu ekudaleni umdla wezolimo kubafundi iyinxalenye yomzamo wokwenza isizukulwana esitsha samafama, abaphandi ngezifundo-nzulu kunye nabasebenzi boncediso ngobuchule. IziVumelwano zeNtsebenziswano ezimbini kunye ne (NMMU kunye ne SU) sele zikumanganaba okugqibela okuqakunjelwa yaye zizakusinika Amandla okuqhubela phambili ekusebenzisaneni nakuhlakuleleni uphando ngezifundo-nzulu phakathi kweSebe kunye namaziko emfundo ephakamileyo. Kukhokeleka ukuba ezi zivumelwano zentsebenziswano zizakutyikitywa kwikota yesibini yomnyaka ka 2015/16.

Kubonakala ngathi ukuxhaswa kwenkuthazo kwimisitho engamazwe-ngamazwe kubenegalelo elikhulu ekwandiseni ukuthunyelwa kweemveliso zezolimo neziphuma eNtshona Koloni kumanye amazwe, siphawula ingakumbi i 64% yewayini kwiimarike zase China. Nezinye iintshukumo ezinjengophando ngezifundo-nzulu



ezenziwe liSebe nge Africa agenda zizuze ukuqwalaselwa. Uwonke lo msebenzi siwubeke phambi korhulumente, imibutho ekwelicandelo namashishini ngezolimo yaye ibalulekile ukuba yenze ifuthe kucwangciso namacebo ngobuchule kunye nokuthathwa kweziggibo ngotyalo-mali kwi Afrika. Oluphando zifundo-nzulu luhlala luhlaziya yaye luyinxalenye yencwadi i 2014/15 BFAP baseline kunye nokumiselwa kwayo. Umngeni wokungathotyelwa kwemithetho nokukona kugrogrisa ekungeneni kwiimarike esele zikhona kunye nezo zisenokubakho kwixesha elizayo uqandusele isimbonono kumacandelo awayini kunye neziqhamo nesixhasa ukumiselwa kwemigangatho yokuziphatha ngokusesikweni. iSebe lithembise ngokuvava nge-mali esisigidi seeRandi kwicandelo lemveliso ngalinye. Ngenxa yoko, sele kuqeqeshwe abathathi nxaxheba abangama 2 861 kuyo yonke imigangatho ukuba bakwazi ukurhweba ngeendlela ezisemthethweni. Abomnyango wezoTyalo-mali kwi Agribusiness babenempumelelo enkulu ekulungiseleleni utyalo-mali kweli candela njengokuba imali engange R 230.4 yezigidi sele yobelwe amaphulo okutyala izimali. Lo mnyango uvale unyaka-mali ka 2014/15 nemali entle ekutyalo-mali olwanele amaphulo angaphezu kwe-shumi nakuluhlu A.

Ukuthobela nokulandela indlela eyiyo yokusetyenziswa kwezimali kumaphulo okubuyiselwa komhlaba ku-Luntu akwiNkqubo yokuGcinwa koShicilelo lweZimali kusiphathele iziphumo ezintle. Onke amaphulo angama 30 akwinkqubo yethu sele ebhaalisile njengamashishini asemthethweni nanokumangaleleka nayo enokumangala yaye ezifezekisa iimfuno ngokuqokelelwa kwerhafu. Ishumi elinesithathu lawo sele enze uphengululo zincwadi kushicilelo lweenkcukacha zimali nangona uninzi lwazo zisahambisana nenkqubo ye PAYE, UIF kunye ne Ntlawulo yabaSebenzi kunye nezinye. Ukubhalwa nokuphunyezwa kwamaphepha amathathu angophando ngezifundo-nzulu nasele ephunyeziwe ukuba kwenziwe unikelo ntetha ngawo kwinkomfa yamazwe-ngamazwe kubonakalisa uphando olusemgangathweni nolwenziwe ngamagosa kwiiNkonzo zezoQoqosho kweZolimo (AES). Le nkqubo ibe luncedo ekwenzeni uphando ngezifundo-nzulu ngezolimo. Ukumiselwa kwe BFAP Baseline nengomnye umsitho obalulekileyo kunyaka wecandelo lezolimo nobekubanjwe kwinyanga yeThupha 2014. Lo msitho ubuzinyaswe ngabathunywa abangaphezulu kwama 220, nekulelona nani laka laphezulu oko yasungulwayo eNtshona Koloni.

Eli Sebe lisaqhubekela phambili ngokunika uninzi lwezifundo ezahlukileyo nezamkelekileyo ikunye noqeqesho kuquka noqeqesho lwezakhono kwimigangatho eyahlukeneyo yemfundo kuzwelonke (NQF, kubathathi nxaxheba nabo banokwazi ukuthatha inxaxheba kwicandelo lezolimo ngeZiko loQeqeshelo eZolimo e Elsenburg (EATI).

Kumgangatho weMfundo ePhakamileyo, zine (4) iintlobo zeenkqubo zokusebenzela ukufumana amava ze zibengaphezu kwama 40 izifundo ezahlukileyo nezizezexesha elifutshanenezithe zahlohlwa. Kwinyanga Yomnga 2014, ngabafundi abangama 44 abathe baphumelela izifundo zabo zokusebenzela amava, apho i 14 yabo igqithele kumgangatho wemfundo enomsila – i 11 labo lamkelwe kwinkqubo yezifundo seSatifiketi eSiphakamileyo nethatha iminyaka emibini ze aba3 babo babhalisela ukwenza izifundo zesidanga kwezolimo nethatha iminyaka emithathu. Ubekhona umfundi oye walilandula ithuba lokubhalisela ukwenza izifundo zemfundo ephakamileyo. Kwakhona, oku kubonakalisa ukubaluleka kwexabiso lokuqeqeshelwa amava omsebenzi njengeniyathelo lokuhlangabezana nabafundi abathe abakwazi ukufumana indawo yokufunda kwizikolo zemfundo yezidanga.

Kwakhona, ukuqhubekela phambili ngenkqubo yokusebenza ufundela amava kudale ithuba lokongezeleka kwabafundi abangama 66 ukuba babhalisele ukufunda kumgangatho 4 we NQF ngenyanga yoMqungu 2015. Kulama 66 asele ebhalisele ukufunda abane babo sele beqeshwe kwiifama ezikwizingqi zase Witzenberg nase Drakenstein, ngoxa abanye bona belulutsha olungasebenziyo noluhlala ezifama ezahlukeneyo kulo lonke eli Phondo. Bonke abafundi abasebenzela amava basetyenziswa kwiifama ukuze bafumane uqeqesho ngamava okwenza umsebenzi.

Izifundo zexesha elifutshane zinikezelwe kubafundi abangama 2 808 abaxhamli kwiPhondi liphela. Uninzi lwaba bafundi baxhamlayo baqhakamshelaniwa nabeNkqubo yokuXhasa eZolimo ngokuPheleleyo (CASP) kunye llima/ Letsema nezixhasa abathathi-nxaxheba kwinkqubo yokubuyiselwa komhlaba eLuntwini.

Ngokumalunga neMfundo ePhakamileyo, iziko loQeqesho ngeZolimo e Elsenburg lihlinzeka inkqubo yezifundo zemfundo enomsila kweZolimo, iSatifiketi sokukhulisa amahashe kunye nokukhwela amahashe, iDiploma kweZolimo kunye neSatifikethi eSiphezulu kweZolimo. Bebonke babangama 442 abafundi ababhalisele ukuthatha izifundo zeMfundo ePhakamileyo ekuqaleni komnyaka wezifundo, nalapho ama96 abo bangene ngokwenkqubo yolinganiselo ngokwamanani. Bebonke li 138 abafundi abathweswe izidanga zemfundo enomsila nokungaphezulu kosukelo ebesizisikele lona olulingana ne 100. Zisixhenxe iintlobo zezifundo zexesha elifutshane kumgangatho we (NQF5) nakwengaphezulu ezithe zahlohlwa. Inkxaso-mali yentlawulo yemfundo inikwe abafundi abangama 48 abayixakekele kakhulu. Njengokuba kuyinxenye

yokufundela ngamava kunyaka ka 2014, abafundi bevelise i-oli yomnquma (Olive oil) ngemithi efumane-ka kwalapha, nekube yinto eqalekayo kweli ziko. Ngaphezu koko, amafundi abenza unyaka wokugqibela kwizifundo zokusetyenzwa kwezidiliya, bavelise iiwayini ezithe zaphumelela ibhaso apaho ibranti yase Elsenburg yona iphumelele iwonga legolide eliphindwe kabini njengenye yeewayini eziveliswe kuMzantsi Afrika.

Inkqubo ePheleleyo yoPhuhliso lwasemaPhandleni (CRDP) imiselwe kwiindawo ezili 16 ezifuna uphuhliso emaphandleni kulo lonke eli Phondo yaye oku kulawulwa yiNkqubo yeSebe kuQuquzelelo loPhuhliso eMaphandleni (RDC). Ngentsebenziswano emandla neSebe loPhuhliso eMaphandleni nokuBuyiselwa koMhlaba, amaSebe achaphazelekayo kwiPhondo kunye nooMasipala, le nkqubo iququzelela iiKomiti zoLawulo ezili 13 yentlanganisela yorhulumento. La maqonga engxoxo-ngcebiso ayinkundla yamaSebe karhulumente kunye namanye amaqabane ukuba abonisane ze alungise imingeni ebangelwa yintse- lo ntlanganisela kwintsebenziswano ukuze kubekho utshintsho kwintlalo noqoqosho. Inkxaso eqinisekileyo yalamanyathelo ophuhliso, ukukhokeliswa ngokubaluleka kwawo kusengumgeni.

Kofuneka amaziko aqinisekise ukukhokelisa phambili uncedo oluhlanganyelweyo. Ngokumiselwa koo- nozaku-zaku abaphuma kumacandelo ahlukeneyo nababizwa njengeBhunga labathathi nxaxheba, kuxhaswe iindawo zokuhlala koLuntu ezingama 36. La mabhunga abathathi nxaxheba anikwe inkxaso engamandla okuqalisa ngomsebenzi wawo kunye namanye amaqabane anefuthe ekuzeni nophuhliso kwiindawo ezikhethiweyo. Ukuze le mibutho ihlale isebenza, kufuneka ikwazi ukufumana izimali zokwenzi- wa komsebenzi.

Ukugxila kubona bantu basemngciphekweni emaphandleni nasezifama, kufuneka ulwazi oluphangale- leyo ngemingeni ejongene nabasebenzi basezifama kwiindawo zoomasipala abathile. Oku kufezekiswe ngokwenziwa kophando kumakhaya abasebenzi basezifama kwiSithili se Cape Wineland kunye nese Overberg, njengenxenywe yophando kwiPhondo ngokubanzi. Olu phando luzakudluliselwa kwezinye iziThili ezimbini rhoqo ngonyaka ngelokuqinisekisa ukuba iziphumo zilandelelwengamaSebe achaphazelekayo karhulumente. Sele luqalile uqhakamshelwano nooMasipala kunye namaSebe yaye oku kuzakuqhubeka njengokuba umsebenzi uhambela phambili kwiinqila.

Ukwenza abahlali basezifama bayiqaphele ingqesho, iSebe liqhubela phambili ngomsebenzi walo wokuququzelela ukhuphiswano le "Farm Worker of the Year" kwiinqila nakwiPhondo ngokubanzi. Elona nani laka laphezulu labathathi nxaxheba kulo nyaka libe li 1 057, nelenziwe ngabasebenzi abaphuma kwiinqila ezili 15 nezahlukeneyo kweli Phondo. Kwinyanga yeNkanga 2014, kuye kwawongwa uMnu. Je- rrome Thomas osebenza kwifama i Kanonkop ngase Stellenbosch ngesitshaba sokuphumelela kwiPhondo. Ukuqinisa unxibelelwano phakathi kwabavelisi kwezolimo phakathi konyaka-mali ka 2014/15, abaqeshi nabasebenzi ngokulinganayo bahlinzeke iiseshoni ezine zeengxoxo lwabelwano-zimvo, eStellenbosch, Bredasdorp, Piketberg nase Oudtshoorn.

Sele kwenziwe ucwangciso lweentshukumo zokufezekiswa kuka No 7 kwiPhondo nako okungumseben- zi waleNkqubo kunye neqalelo lokuqala lokuhlalela umsebenzi ozakwenziwa. Ukubuyiselwa komhlaba, ucwangciso lophuhliso lomhlaba, unikelo lweenkonzo, ulawulo loncedo lwendalo kunye neminye imise- benzi efunekayo equkwe ku No 7 njengenxenywe yesiKhokelo Sobuchule Obuyakusetyenziswa esazulwini somnyaka (MTSF). Owona mgeni kwiNkqubo yoQuquzelelo loPhuhliso lwaseMaphandleni yintseben- ziswano yawo nemigangatho yomithathu karhulumente ngokunkinkishelwa kwangexesha.

Kufuneka kwenziwe ukuziphicotha kwezinye zeziNkqubo zeli ziko yaye nendlela yokuwenza iyaphonon- ongwa. Nangona uhamba ngonyawo lonwabu, umsebenzi wona uyaqhubeka.

Ikhona imingeni ejongene necandelo lezolimo, njengokuba nalo iliSebe. Eneneni, kuma 35 eengongo- ma zongcipheko kwihlabathi nezifunyenwe ngabeQonga loQoqosho kwihlabathi, ezili 16 zezingqamene ngqo nabathengi bethu kwiSebe. Nangona kunjalo, xa kukwenziwa ukhetho, kungahlelwa ngolu hlobo lulandelayo ngokulandelelana kokubaluleka kwazo:

- a) Ukukhula kooqoqosho kungekho misebenzi. Amaqondo aphezulu entsela ngqesho, ingakumbi kuLutsha, nokukhokelela ekungazinzini kwentlalo yoLuntu. Kutsha nje, oku kungazinzi kunwenwele nakwiindawo ezisemaphandleni.
- b) ukucotha kwesantya sokubuyiselwa komhlaba notshintsho kuqoqosho. Nangona iSebe linebhongo ngempumelelo yalo, kwinkxaso yamaphulo angokubuyiselwa komhlaba, isantya senguqu kutshintsho olukwicandelo lezolimothe asonelanga ekuqinisekiseni uzinzo kwintlalo yoLuntu.
- c) ukungaqiniseki ngokubakho kokutya emakhaya. Njengokuba eli Phondo livelisa ukutya ukuninzi,

- d) kusekho inxenye ebonakalayo yabahlali kweli Phondo abalala bengatyanga yonke imihla. Utshintsho kubume boqoqosho kwihlabathi. Njengokuba umthamo ongaphezulu kwesiqingatha kwimveliso yezolimo eNtshona Koloni uthunyelwa kwamanye amazwe, uqoqosho kubantu abarhweba ngeendlela ezizezabo lubaphantsi kokuxinezelelo ngelixesha iimarike zabathengi bemveliso zethu baye besanda ngesantya esikhawulezayo. Okokuthetha ukuba kusafuneka kuvulwe iimarike ezintsha zabathengi beemveliso zethu ngelixesha imarike yorhwebelwano nathi izinzi.
- e) utshintsho lwemozulu, uxinezelelo kwiimveliso zezendalo kunye nefuthe kwiindlela zokuqhuba iintshukumo zokufuya nolimo.
- f) kufuneka uRhulumente azalisekise uxanduva lwakhe lolawulo ngaphandle kokubambezelela iingcinga zamanyathelo kushishino lwabucala.

Ukugaywa kwabenzi zicelo zengqesho abanemfundo efanelekileyo namava angawo, behhalisiwe kwimibutho yokongamela ulwazi nokwenziwa komsebenzi kusengumngeni, nangona kumiselwe ukwabiwa kwezakhono ezinqabileyo (OSD) kwimisebenzi enjengeyobuNjineri.

Kuleminyaka imbalwa idlulileyo eliPhondo lifumene ukwanda kweentlekele. Uncedo kubhaliso nangobuchule kubanini-mhlaba abachatshazelwe zezi ntlekele kubangela ubunzima ekwenzeni umsebenzi wobhaliso, owezimali kunye noncedo loLuntu kwinani lamagosa ambalwa kwezobuNjineri kwiNkqubo yoLawulo lokuGcinwa kwezinto eziSetyenziswayo. Ngokwamanye amaphulo obuNjineri anjengoLondolozo loMhlaba kunye namaphulo esisesko esiluncedo kumafama asakhulayo, kuqhelekileyo ungokubambezeleka uncedo ekuhlanguweni kwamaxhoba entlekele. Ngonyaka-mali ka 2011/12 sifumene isabelo se R190. 263 yezigidi nesisibonelelo soncedo kwiimpuphuma saza ngonyaka-mali ka 2013/14 safumana isabelo se R100.8 yesigidi nesisibonelelo soncedo kwiimpuphuma.

Isigqibo seSebe leZolimo Amahlathi kunye nokuLoba (DAFF) sokutshintsha injongo yemali ebiyobelwe abavelisi bobisi kunye nabahlwayelayo kwizitya zemifuno sibenefuthe elibi kumafama akulamacandelo mancinci. Noko kunjalo, iSebe lisebenzise imali ebiyobelwe abasokolayo kwicandelo labahlwayeli

Ukungayondelelani kwemicimbi yenkqubo yokubuyiselwa komhlaba phakathi kweSebe loPhuhliso lwaseMaPhandleni nokuBuyiselwa kwemiHlaba (DRDLR) kunye nenkqubo yenkxaso kwezolimo kusengumngeni omkhulu yaye izakuhlala iphambili kuluhlu lwemisebenzi yethu nakulonyaka uzayo. Ekunyanzeliseni uyondelelwano, iSebe lizakusebenzisa igunya leeKomiti Zemihlaba yeZithili kunye neZolimo.

Kwakulonyaka umnye, kuqhambuke ukhwekhwe ezigusheni ezininzi kunokuba kuqhelekile, kulo lonke eli Phondo

Kwinyanga yoKwindla, iSebe leZolimo Amahlathi kunye nokuLoba (DAFF) kuzwelonke likhuphe isaziso esimalunga nokugonywa kwesigulo samahashe e Afrika (AHS) kwimimandla ebhuqwa sisigulo samahashe e Afrika. Oku kuvele emva kweziphumo zokuba ukuqhambuka kwesigulo samahashe ngomnyaka ka 2014 nokubonakele kwimimandla yase Porterville, Wellington nase Robertson kwabangelwa kukwanda kwentsholongwane kwisitofu sase Onderstepoort nesisesokwandisa inzala (OBP) ngexesha bekuhlelwa ngokutsha kuhlobo olulukhuni 1 no 4. Emva koko iSebe leZolimo Amahlathi nokuLoba (DAFF) limisele ukususela ngoku, isithintelo ekusetyenzisweni kwamachiza esigulo samahashe e Afrika (AHS) ngexesha lasehlotyeni yase ukususela ngoku, ichiza lesigulo samahashe eAfrika lizakusetyenziswa ukususela ngomhla 1 kweyeSilimela de kube ngumhla wama 31 kweyeDwarha rhoqo ngonyaka kwindawo ezithwaxwe sisigulo samahashe e Afrika. Ngethemba, oku kuyakuphelisa amathuba okuqhambuka kwesigulo esi bangelwe sisitofu, kunye nesiphumo seminyaka emibini kuthintelwa ukuthunyelwa kweemveliso zamahashe kumanye amazwe ase EU. Esi sindululo sithunyelwe kulo lonke eli lizwe ngenxa yokucingelwa ukuba mhlawumbi kukhona okunye ukugqabhuka kwesi sigulo nakwezinye iindawo ngenxa yokunwenwa kwale ntsholongwane.

Ukunyanzelwa kokulawulwa ngokusemthethweni kwesifo i "Foot and Mouth" kumaPhondo aseMantla nanoxanduva lolulawulo kusakuqhwalalisa ukungena kwiimarike, ingakumbi ukuthunyelwa kwenyama yezilwanyana kumanye amazwe ase Europe.

Ngaphandle kokungabikho komqulu wolona lwazi ngomkhuhlane weentaka kweli lizwe, iSebe leZolimo Amahlathi nokuLoba (DAFF) alithathanga manyathelo okuvulela imarike yokurhwebelana namanye amazwe ngenyama yeenciniba evela kwiPhondo leNtshona Koloni. Eyona marike esirhweba kuyo ngenyama yenciniba ngamazwe ase Europe. Kwenziwe urhwebo ngenyama yenciniba yomlinganiselo ongephi namazwe eManyano yase Europe.

Ngenxa yokomelela kwe Dollar, ubemkhulu umdla wokurhwebelana namazwe anagaphesheya ze kwada kwaphunyezwa norhwebo nabathengi abatsha abakumazwe orhwebelwano.

Inkqubo: yoNyango lweMfuyo ifumana ubunzima obukhulu ekuqinisekiseni ulawulo lwemimiselo eyiyo ngokuxhela okukhuselekileyo nokusempilweni kunye nenyama ehloliweyo esiwa kubathengi. ngokMthetho woKhuseleko lweNyama, 2000 (Umthetho 40 ka 2000), ulawulo olusemthethweni lwenyama yezilwanyana lusafanele ukuba lubhengezwe. Zanda kakhulu iintshukumo zokufuya izilwanyana kulo lonke eNtshona Koloni. Uninzi lwezi fama zenyama yasendle azikabinazo iindazo ezisemthethweni zokuxhelela. Kusengumngeni omkhulu ukunikezela ngeenkono zokuhlolwa kwenyama kwiindawo ezisemaphandleni.

Inkqubo: yoNyango lweMfuyo ithathe inxaxheba kucebo nokwenziwa kwendlela yokumiselwa kokuHlola kweNyama ngokuzimeleyo kuzo zonke izilarha ezixhelayo. Kusawabuyisela umva kakhulu amagosa eNkqubo ukungabikho kokuzimela kokuhlolwa kwenyama ezilarheni ekuqinisekiseni ulawulo lwemimiselo kuzo zonke izilarha. Kukholeleka ukuba ukumiselwa kwalo msebenzi uzimeleyo kuyakwandisa umsebenzi omninzi kumnyango weMpilo yeMfuyo yoLuntu.

Imisebenzi engoxanduva lokuphathwa kwenkunkuma ngokuhambisana noMthetho Wokulahlwa kweNkunkuma kunye nemimiselo kubangela umngeni omhulu kubanini zilarha kwakunye nakumagosa eNkqubo ngokumalunga nolawulo lwemimiselo. Ziyanda izilarha ezinkulu ezibhenela ekusebenziseni icebo lokwetyisa ngokungeyondalo nokuthi kukhokelele kwimveliso yokubolileyo. Ukumiselwa kwezi nkqubo kuxhomekeke kubugcisa obuvela kumanye amazwe, nobuvela kumazwe anolawulo olungqongqo ngokuphawulwa kwemfuyo/ nezilwanyana, iindlela zolawulo lwezigulo zemfuyo/ izilwanyana ukuxilongwa nokuhloliswa okukuko kokumitha kwemfuyo/ izilwanyana phambi kokuba zixhelwe, kwakunye nokubandakanyeka koogqirha bonyango lwemfuyo ekuhlolweni kwezilarha. Ngelishwa, kwezi meko zoMzantsi Afrika azihoyekanga kakuhle ezindlela zokusebenza zikhankanywe ngasentla, nokubangela umngeni wokuqinisekisa ukuba indlela esetyenziswayo yokwetyisa ngendlela engeyondalo izakwenza ukuba zingasebenzi ze zibulale zonke iintsholongwane ezisekutyeni nezibangela izifo. Le ndlela yeyona lbiza kakhulu ngexabiso ukuba ingasetyenziswa ngabaxheli abasakhulayo yaye basaxhomekeke kakhuku ekugqumeleleni kwezinto ezingasafunwayo.

Isigrhogrhisano esikhoyo somkhuhlane weentaka (AI) kwimihlambi yeenciniba ingakumbi kwingingqi yase Oudtshoorn kwakunye neentandabuso kweli candela kusengumngeni kwiinzame zophando ngezifundo nzulu kunye nokhuseleko lokungasuleleki kwemfuyo nezityalo zizifo.

Umba esiphinde sawunika ingqwalasela kukuhlanganiswa kweentshukumo zophando ngezifundo-nzulu kunye neziphumo kunikelo lweenkonzo kunye negunya lokuqeqesha amagosa okuhambela amafama kunye nabahlohi, ngokulandelelanayo. Ngako oko, kuye kwaxoxwa ngokusetyenziswa okongezileyo kumaziko efama zophando ngezifundo-nzulu, ukwenzela amava aveleleyo, yaye sele kwenziwe ucwangciso lokwenziwa kwazo. Iqela labaphandi ngezifundo-nzulu kunye neqela lobuchule nawo ayabandakanyeka kwiiseshoni zokuhlola kwiNkqubo ye FSD kwangeli xesha besahlola besongamela kwiNkqubo ye SAET.

Ukulungiswa okanye ukutshintshwa kwezixhobo zokwenziwa kophando ngezifundo-nzulu kufumana ingqwalasela enkulu kuba umzobo wokwenziwa kophando uxhomekeke kwizixhobo ezifanelekileyo nezithembakeleyo kunye noncedo olusisiseko. Azibanga nampumelelo iingxoxo phakathi kwemibutho evelisa impahla yorhwebelwano ngokubonisana ngokusipha izixhobo zamaphulo asele ephunyeziwe ngenxa yemeko yezoqoqosho kweli lizwe nto leyo ikhokelela ukusetyenzisweni kwezicwangciso zangaphakathi ngokubuyiselwa kwezixhobo endaweni zazo ukuze kuqhutyekelwe phambili ngomsebenzi weenkqubo zemfundo ngophando-nzulu.

Ukulolongwa kwamava okusebenza kwiinkqubo zemfundo ngophando-nzulu nangobuchule: isengumba ophambili, ingakumbi xa kusihla amanani abafundi kwizifundo zezolimo, ukukhula kwabaphandi abakhoyo nabasebenzi bobugcisa kunye neemfuno neBhunga loMzantsi Afrika kwiMisebenzi yobuNzulu-lwazi kwezeNdala (SACNASP) njengokuba kubhaliwe kwimisebenzi yezakhono ezinqabileyo (OSD) kwiinzulu-lwazi nabasebenzi bobugcisa. Le Nkqubo izibandakanya kwiinkqubo namanyathelo ahlukeneyo phakathi nangaphandle. Ngaphezu koko, kule Nkqubo, siphinde saphicothwa isiCwangciso eSipheleleyo soNcedo lweZoluntu yaye kuzakulandelwa sona xa kuqeshwa, usukelo lweNgqesho Ngokulingana (EE) uCwangciso lokuNgena eziHlangwini zohambayo kunye nakumanyathelo ophuhliso lwezakhono kule minyaka mihlanu izayo.

Amathuba oqeqesho lomsebenzi ngamava kunye nophuhliso ngawona mandla sisenawo kuqeqesho kwiKholeji yezolimo. Nangona kunjalo, ngokukhula kwesidingo sezooqeqesho, ukwanda kwenani labafundi, ukutshintsha kweemeko zezabasebenzi ezifama nokunyuka okukhulu kwamaxabiso ogcina nokwandisa

izinto zokuqeqeshela amava, la mandla sinawo avela phantsi koghroghriso. Ukugcina kunye nokwandisa uqeqesho lokwenziwa komsebenzi, kwenziwe utyalo-mali ngokulondolozwa nokuphuculwa kwezixhobo zokuqeqesha, ngemali eninzi ezenzelwe iNkqubo yokuXhasa eZolimo ngokuPheleleyo (CASP) kunye nemali yoLungiselelo lweNkxaso kuKhuphiswano lwezoQoqosho (ECSP) nebivela kwiSebe leZolimo Amahlathi nokuLoba (DAFF). Ngaphezu koko, kwenziwe intlanganisela yokufunda emsebenzini ngokubeka abafundi abasafundela amava omsebenzi kwiifama, ixesha eliphantse lalingana nesiqingatha sexesha lokuqeqeshwa kwabo ukuze bafumane awona mava aphilileyo okwenziwa komsebenzi wasefama. Ngenxa yokunqongophala kwezimali, eli ziko alikwazanga ukuvula izikhewu ezikhoyo zengqesho kubahlohli kumaziko oqeqesho akwindawo ezisemacaleni, nekuyeyona nto ibalulekileyo ekwenzeni ngcono izifundo zokufunda ngamava kunye noqeqesho lwezakhono.

Ukusilela kolwazi lwezibalo kunye nezobunzulu-lwazi kubafundi, iindleko eziphezulu zokunikela uqeqesho kunye nokuhlululwa kweemali zentlawulelo yemfundo ngokuchasene nenani eliphakamileyo lokufunwa koqeqesho kuquka nokulungiswa kweemfuno zeelwimi ezahlekileyo kunye nokuzikhethela uqeqesho, kusengumngeni omkhulu. Kwakhona, ukunqongophala koncedo lwezimali kubafundi abafunda kwiZiko loQeqesho lweZolimo e Elsenburg kuna xa kuthlekisa nabafundi abafunda eziDyunivesithi, oku kusayiqh-walelisa imo yotshintsho kunye nokufunda kweentlanga ezahlukileyo e Elsenburg.

Ukhuselo nokhuseleko eSikolweni ziyakhawuleza ukuvela njengomngeni omkhulu kwiNkqubo yeMfundo noQeqesho Oluhleliweyo kweZolimo (SAET). Ngenxa yoko, kwenziwe utyalo-mali olukhulu ngokuphuculwa okanye ukufakelwa kocingo, ukhanyiso eSikolweni, i"camera" zokuthwebula iintshukumo ezenzekayo, iqhosha lexesha lokubandezeleka kumagumbi okulala amantombi kunye nesango lokunyathelisa umnwe kwabadlulayo.

Kusengumngeni ukufunyanwa kwamanyathelo amatsha ezophuhliso, nangawona aphambili kwiingingqi zeNqubo ePheleleyo yoPhuhliso lwasemaPhandleni (CRDP). Kusafuneka kubeyinto ephambili ikukhokelisa imbopheleleko yeziko ngokufunyanwa kwazo zonke izinto ezifunekayo. Zingamashumi amathathu anesithandathu iindawo zokuhlala koLuntu ezisemaphandleni nezixhaswe yile Nkqubo yoQuquzelelo loPhuhliso lwasemaPhandleni (RDC) ekumiselweni kweekomiti zabameli bamacandelo ezibizwa ngokuba ngama-Bhunga abaThathi nxaxheba (CoSs). Ezi CoS zingama 36 zinikwe inkxaso elungele ukuqalisa ngomsebenzi wazo okukuhlangana namaqabane ohlukileyo kwezophuhliso lweendawo ezikhethiweyo kwimimandla esemaphandleni. Ukuze loo mibutho ihlale isebenza, kufuneka ikwazi ukufumana imali.

Njengabasebenzisi begunya loburhulumente abaphendulayo nabanoxanduva, balelona qhakamshelwano lubalulekileyo elihlanganisa iinjongo zobuchule kuyo yonke imigangatho yorhulumento kuMzantsi Afrika, iSebe lamkele isiCwangciso seminyaka eliqela sokuVavanya impumelelo yeSebe. Ukumiselwa kwesi sicwangciso kuqhutywa yiNtloko yeSebe buqu yaye kulindeleke ukuba abaPhathi beeNkqubo banikele ingxelo ngenkqubela-phambili kwiintlanganiselo zabaphathi rhoqo ngenyanga.

Kulo nyaka-mali sikuwo, kwenziwe uvavanyo lwempumelelo kwezi ngongoma zilandelayo:

- Iziphumo kunye novavanyo lwefuthe lwenkxaso kubaxhamli bokubuyiselwa umhlaba: ngokwezintlu ezingama 38 kuzinzo oluyi "triple bottom line", kufunyaniswe impumelelo elinganiswa ne 62%. IsiCwangciso soPhuhliso loLawulo (MIP) sigqale kuphuhliso lwecebo lobuchule xa abasebenzi besishiya nobulinganiswe ngama 38% angakhange aphumelele.
- Iziphumo, uvavanyo lwefuthe nempumelelo kuyilo lweNkqubo Yokungena kwiMarike. Enye yeenjongo zoCwangciso loPhuhliso loLawulo (MIP) kukutshintsha oluhlobo longenelelo lube yiNkqubo Yokulungela iMarike.
- Uvavanyo lwefuthe kuqeqesho ngokusebenzela amava kwezolimo: eminye yemisebenzi kwisiCwangciso soPhuhliso loLawulo (MIP) iquka ukuphuculwa kolungelelaniso phakathi kwezimfuno zongenelelo kunye nezexesha lokuvuna kwicandelo lezolimo kwakunye nokwandiswa kokufunda ngemizekelo yezandla kuluhlu lwezifundo. Oku sikufumene ngokuphuculwa kweentsebenziswano namafama.
- Ukwenziwa kovavanyo lweNkqubo ePheleleyo yoPhuhliso emaPhandleni e Dysseldorp. Esinye isiphumo soluvavanyo sesokuba yonke inkqubo yendlela kolu ngeneleleo luzakuphindwa luyilwe ngokutsha.

Eli Sebe lilo eliphambili kwisiCwangciso Sokuphuculwa koMlambo i BergRivier (BRIP) nenjongo yaso ikukwandisa ukusulungeka kwamanzi kumlambo i Berg Rivier ze oko kuphucule impilo zabantu bonke abahlala malunga naphezu komlambo obude bungama 260 e km.

Iphulo lokuCocwa kwezityalo ezinobungozi kumlambo I Berg Rivier selibonakalise ukubaluleka kokukhuthazwa kwe "Green Economy" ngokuxhasa ngezimali kubuninzi bezityalo ezinobungozi, nebezinokukhokelela ekupheleni kolona loyiko kwindalo ephilayo kuMzantsi Afrima, nekukuzaliswa kwezityalo ezinobungozi. Eyona njongo yeli phulo kukubuyisela eyona miolambo ibalulekileyo kwisixeko se Kapa zibe yimilambo ephilileyo eyoba nengenelo kuLuntu. Ukuncothulwa kwezityalo ezinobungozi ze kutyalwe izityalo nemithi yeli lizwekazi kungadla imali ezizigidi ezintathu zeeRandi (R3 000 000), kungekho neziqinisekiso zozinzo nokuzinziswa kwayo. Le nkxaso ingaxhasa inxenye okanye ukubuyiselwa kwezityalo nemithi ngokupheleleyo ngeli xesha utyali lunokusetyenziswa njengomjelo wamandla ombane nokunokubosa uzinzo kubuhcisa bethu.

Kunikwe ingxelo ngomonakalo omkhulu owenzeke kwezolimo ngenxa yezikhukula ezenzeke phakathi kwenyanga yeNkanga 2013 neyoMqungu 2014. Kunikwe ingxelo ngomonakalo owenzeke kwimpahla exabisa R90 yezigidi zeeRandi nebezingakhuselwanga nge inshorensi, emva kwezikhukula zango 2013 ze ngenyanga yoMqungu 2014 kwenzeka unomokalo ongaphezu kwe R777 yezigidi zeeRandi nebezingaqinisekiswa nge inshorensi.

iNkqubo ye FSD ibe zintshatsheli ekuhlinzekweni kwesihlanu kwabasebenzi kwiiNkonzo zonikelo lweeNgcebiso kumaFama liSeBE, nobuhlinzekwe phakathi komhla we 16-18 kweyeKhala 2014 e Die Herberg. Le seshoni yenze iqonga lokobelane ngolwazi kunye nonikelo lweenkonzo ngokuhlangeneyo phakathi kwawo onke amagosa engcebiso kumafama kuzo zonke iinkqubo zeSebe.

iSebe lihlinzeke umsitho osisikhumbuzo somhla we "World Food Day", ngomhla we 17 kweyeDwarha 2014 e Suurbrak, phantsi koMasipala wase Swellendam. Kuxhaswe isixhenxe seelokishi zokuhlala kunye nezitya ezili 108 zegadi ngokusebenzisana noMasipala wase Swellendam. Ngaphezu koko, eli phulo lenziwe ngokuhlangene kunye namanye amaSebe karhulumente anenxaxheba kukhuseleko lobukho bokutya kunye negalelo lesisa elivela kwa SAB nothe wagida kwiziko leentyantyambo kunye nakwizitya zasemakhaya.

Kuba ukubuyiselwa komhlaba eluntwini kungumsebenzi ophambili kuthi, ngomhla wama 22 kweyoMsintsi 2014, eli Sebe lihlinzeke uMhlangano bokuBuyiselwa koMhlaba eLuntwini. Injongo yalo mhlangano ibi kukuhlanganisa abathathi nxaxheba abohlukileyo nabanomdla kwicandelo lezolimo noshishino ngezolimo ukuze bachazelwe ngezinto ezifanayo ekubuyiselweni komhlaba kuluntu, kuxoxwe ngemingeni kwinkonzo zenkxaso ze kwenziwe izindululo ngokuqaliswa kwezinto ezifanayo kweli Phondo ngokwesiqulatho sesikhokelo se NDP.

iNkqubo ye FSD ibe zintshatsheli ekuhlinzekweni kwe Provincial Female Entrepreneur Awards kunyaka ka 2014, ngomhla we 15 kweyeThupha 2014. Le Nkqubo ifuna ukugaphela, ukukhuthaza kunye nokwandisa intatho nxaxheba yamakhosikazi, iintombi kunye namakhosikazi aneempawu zokukhubazeka kweli candela. Eyona ntsongelo yale nkqubo kukubonakalisa into yokuba amakhosikazi adlala indima enkule ekukhuselweni kobukho kokutya, ukudalwa kwemisebenzi, ukukhula koqoqosho nokuthomalalisa indlala. Akothusi ukuba uNksz Ilse Ruthford wakwa MWT Investments Pty Ltd kweli Phondo, uphumelele ibhaso kwicandelo lokusongela nokupakisha kumgangatho kazwelonke.

Ngomhla wama 20 kweyoKwindla 2015 kumiselwe iphulo le "Chamomile Farming Enterprise" e Philippi yaye phakathi kweendwendwe lo msitho wawuzinyaswe nguMphathiswa Winde kunye neBambela Sekela Mphathi Jikelele weSebe. Eli phulo lixhasiwe liSebe yaye lisezakuqhubeka lixhamla kwinkonzo zeengcebiso kumafama. Okona kubalulekileyo kweli phulo kukwazi ukuba lityikitye isivumelwano kunye ne Windmeul Egg Pty Ltd, nabathe ngaso bangena kwimarike ngokuthengisela u Pick 'n Pay.

Ngenyanga yoMsintsi ku 2014, iGumbi Lovavanyo Machiza eMfuyo kwiPhondo leNtshona Koloni lamkele umatshini oyi BSL3 Mobile Laboratory e Stellenbosch. Okwakaloku nje, loba limiswa kwindawo yethutyana de kube iSebe lezoThutho nemiSebenzi yoLuntu kuRhulumente ililungiselele indawo. Lo matshini usafuna ukulungiswa iindawana ezithile phambi kokuba liqaliswe ukusetyenziswa. Eli gumbi liyakusetyenziswa ekwahlukwanisweni nasekusasazweni kweentsholongwane nozakubonakalisa iindlela zokuxilonga Umkhuhlane weNtaka.

Okwangoku nje, iGumbi Lovavanyo lwamaChiza onyango lweMfuyo liphunyezwe liSebe leZolimo Amahlathi nokuLoba (DAFF), yaye liseza kuqhubeka njalo de kube ngomhla wama 31 kweyoMsintsi 2015. iSebe leZolimo Amahlathi kunye nokuLoba (DAFF) liphumeze ukuba kungaphinde kwenziwe luphengululo, kuvavanywe okanye kuphunyezwe amagumbi ovavanyo lwamachiza emfuyo. Endaweni yoko, i (DAFF) izakufuna ukuba amagumbi ovavanyo lwamachiza afumane isiqinisekiso esivela kwi SANAS ISO 17025 emva kokuphela kwexesha lesivumelwano esikhoyo ne DAFF. Abegumbi lovavanyo lwamachiza emfuyo basebenze nzima belungiselela uvavanyo lokuphunyezwa ngabakwa SANAS ISO 17025 nekuzakuqala ukusebenza phambi kokuphela kwenyanga yoMsintsi 2015. Ukuvunywa ngu SANAS ISO 17025 kwamkelwe

lihlabathi lonke yaye koba yinzuzo ze ziphuhlise amathuba emarike kwiimveliso ezithunyelwe kumanye amazwe neziveliswe kweliPhondo. Sele kuhleliwe amaxesha okwenza uqeqesho kubaphathi nakubasebenzi kumagumbi ovavanyo lwamachiza njengendlela yolondolozo ulawulo olululo kwigumbi lovavanyo lwamachiza ngokwemilinganiselo ye ISO 17025.

Igumbi lovavanyo lwamachiza emfuyo lenze izilungiso kwindlela yolawulo okuyinkunkuma nengozi kwizinto eziphilayo. Kwenziwe uphando ngenkunkuma eyenziwa ligumbi lovavanyo lwamachiza emfuyo ze kwabonwa neendlela eyolahlwa ngazo. Igumbi lovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo liyekile ukutshisa inkunkuma ephuma kwigumbi lovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo neyenziwe nge plastiki eninzi, kuquka iimbodlela ezenziwe nge plastiki kunye nezitya ezenziwe ngembodlela, ngenjongo yokucutha ifuthe layo kwimvelo esingqongileyo. Amaphahla amakhulu amathambo anjengawamahashe okanye awenkomo ebezizoxilongelwa unobangela wokufa kwazo, ngoku alahlwa ngokuwagqumelela abe ngungquba kwalapha kumhlaba wesakhiwo, ngoxa amathambo empahla emfutshane nezinye iinyama zangaphakathi zisatshiselwa kwalapha kwisiza. Olunye uhlobo lwenkunkuma lulahla rhoqo ngeveki lucholwa ngumzi ochola inkunkuma nonegunya lokutshisa inkunkuma. Yonke enye inkunkuma ebithunyelwa kwigumbi lovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo isuka kwii-ofisi Zonyango lweMfuyo nguRhulumente eNtshona Koloni izakulawula apaho isuka khona kwixesha elizayo. Le nkunkuma yezonyango ibinezinto ezininzi ezibukhali nezinje nge (naliti, kunye nezitofu)kwakunye neenaliti kunye nenye inkunkuma yezonyango ekufuneka ibe igcinwe kwindawo efanelekileyo ze ibekwe kwindawo engenabungozi kwizinto eziphilayo. Njengokuba le nkunkuma ingasengeni kwisakhiwo, oko kuyakuqinisekisa ukuba inbkunkuma evela kwigumbi lovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo ayakulawuleka kakuhle nangokukhuselekileyo. Nook kunjalo, ukusetyenziswa komzi omtsha wokuchola inkunkuma kuyakukhokelela ekunyukeni kweendleko, eziqikeleleka kuminge R 137 000, ukususela kweyeNkanga 2014 de kube yeyeSilimela 2015.

Intle inkqubela eyenziwe ngokufumana kunye nokuxhobisa eyona ofisi inkulu yokuQinisekisa iiNyama ezithengiswe kumanye amazwe ukuze ikwazi ukunikela ngeenkonzozo zokuqinisekisa ngenyama elungele ukuthunyelwa kumanye amazwe kwiSixeko seKapa.

Igunya kunye neenjongo zobuchule kwiNkqubo yeeNkonzo Zophuhliso lweziFundo zoPhando noBugcisa (RTDS) ngokumalunga neenkonzozo zoPhando lweziFundo-nzulu kwezolimo kunye noPhuhliso loBugcisa. Ngokumalunga ne PSG 1, ingakumbi i Project Khulisa, izimvo ezininzi ibe zezigxile kwicandelo lokusongela nokupalisha kunye neminye imisebenzi eyenziweyo. Kusekhi kwa izimvo eziliqela ezibhekise kwi PSG 4 emalunga nokutshintsha kwemozulu kunye nokusetyenziswa kwezimali nezixhobo esinazo kunye nokusebenzisa ngokusesikweni kwamaqela emisebenzi emitsha.

Iinkqubo zeziFundo ngophando-nzulu kunye namaphulo aye aqhubekela phambili ngokuvavanywa xa ethelekiswa neenjongo Zobuchule kwiSebe, abaphathi bezinkqubo zombini, kwakunye necandelo lemveliso kuquka neemfuno eziphambili zabathengi. Unyaka uqale ngamaphulo ezifundo zophando-nzulu ezili 104. Kunyaka-mali ka 2014/15 kuvalwe amaphulo angama 24, ngelixa ikomiti yamaphulo ophando ngezifundo-nzulu iphumeze amaphulo ali18, nto leyo yenza ukuba amaphulo abe ngama 98 ekupheleni komnyaka-mali ka 2014/15.

Sele iqukunjelwe inkqubo yokugqibela yokuphumeza ukuchongwa komniki zinkonzozo wokwenza isikhokelelo kuTshintsho lweMo-zulu kunye nosicwangciso sokuyimisela kwicandelo lezolimo, apho okuchongelwe ukwenza lo msebenzi sele eqalilisile ngophando oluzizigaba ezintathu kwinyanga yeThupha 2014. iKomiti Eququzelelea iPhulo elibandakanya amaSebe ohlukeneyo equka iingcaphephe eziphuma kwiSebe leZolimo kunye ne DEAP (abaphathi abahlanganele eli phulo) bayakulijongisisa uphando ngelokuqinisekisa ukuba abathathi nxaxheba bayinxenye yenkqubo eyothatha iminyaka emibini nekucwangciselwe ukuba iqukunjelwe kweyoKwindla 2016. Olu cwangciso loba sisikhokelelo kwicandelo ekumiselemi ukomelela okuchasene neshintsho lwemo-zulu kumafama ze kwenziwe ubuchule bokuvelisa ezolimo phantsi kwemoko yemo-zulu.

Inkonzo yoqikelelo lwemo-zulu ikhuphe i10 leemeko zezolimo kunye ne 12 leengxelo zemo-zulu ezobiweyo (licandelo: loMngcipheko neSakhono soLawulo) kubathathi nxaxheba abachanileyi kweli Phondo.

Icandelo lohlahlelo lwamabala aleleyo lenzele iNkulu-mbuso u Zille i Website yoNikezelo lwezoNcedo Olu-sisiseko nesungulwe ngokusesikweni kwinyanga kaTshazimpuzi 2014. Ngaphezu koko, uRhulumente weNtshona Koloni wenzelwe indlela yokusebenzisa i website yokubona amabala aleleyo kwizitishi ezahlukileyo nekuthiwa yi "WCG Spatial Observation" neyenzelwe ukunceda uBuntlola Kumabala aleleyo kwiPhondo. i"Spatial Observatory" senzelle ukulungiselela engcono kwimicimbi yorhulumente phakathi kwamaSebe ohlukeneyo karhulumente ngenjongo yokuphucula ucwangciso lwamabala aleleyo kunye nokuthatyathwa kwezigaqibo. Ukugqwesha kwethu kulo mba uqhwyatyelwe izandla xa iPhulo leSebe kubuNtlole ngamaBala Aleleyo liphumelele iwonga le "Silver" kumangenelo e "Provincial Service Excellence Awards 2014"

kumgangatho we "Best Public Service Innovator". Ukuqeshwa kowayesakuba yimanejala yeeNkcukacha zoLwazi kuRhulumente "GIS" njengenzulu-lwazi yokuqala eyingcaphephe kwi (GIS) emva kwenkqubo ende yokugaya igosa elifanelekileyo, kuyakuzisa Amandla enkqubela-phambili kweli candela kunye noxanduva lwalo ekuxhaseni iSebe.

Kuye kwanyanzeliswa ukumiselwa kwentsebenziswano emandla kunye nokwabelana ngezinto eziluncedo phakathi kweSebe kunye ne Green Cape ze kwaqeshwa amagosa asebenzela ukufumana amava ukuze afumane amava kwicandelo lezolimo ukze baxwayiswe ngolwazi lokuphatha umnyango ocetywayo kwezolimo phantsi kwegunya le GrenCape ukuze kuxhaswe amaqabane kumzamo wawo wobugcisa bolondolozo bezemvelo kunye nokuxhaswa koqoqosho olukhuthaza ulondolozo lwemvelo.

Ukulinywa kwezityalo ezahlukileyo kuya kusiba yeyona nto kujongwe kuyo licandelo lezolimo. Kugxilwe kuzo ngakumbi ngoba ezi zityalo zitsha azibonwa njengezinengeniso kuphela kodwa zifunwa kakhulu, yaye ngokuqinisekileyo, ezi zityalo zovingca isikhewu kwicandelo lezolimo eNtshona Koloni ngexesha lomngeni. Ngaphezu koko, ezi zityalo zingasanceda kwezinye iimarike kweli lizwe nakumazwe ohlukeneyo ze kukhule urhwebo namanye amazwe ze ngenxa yoko, kukhule ubutyebi kuqoqosho nokubela kwamathuba engaqesho eNtshona Koloni. Inxowa-mali eyobelwe uphando ngezifundo-nzulu sele iqhwalela yaye isikelwe imida. Ukuze kusonjululwe imingeni engengxowa-mali yophando ngezifundo-nzulu, ngenyanga yeThupha 2014 kuye kwamiselwa ingxowa-mali entsha nejongene nezityalo ezahlukileyo nebizwa ngokuba yiNdxowa-mali Yezityalo nexabiso R3 yezigidi zeeRandi. Ngenxa yoku, se igqityiwe inkqubo yokubiza ukubhalwa kweziphakamiso ze kwachongwa namaphulo azakobelwa iimali.

Ifama yophando ngezifundo-nzulu e Oudtshoorn ibhiyozelwe iminyaka engama 50 ze kwathwetyulwa imiboniso nge DVD, ngenxa yoko, kusungulwe incwadi yezikhumbuzo kunye nepheke-pheke lasodongeni kulo mnyhadala. Kwakhona kulo nyaka, umhla wamafama ase Outeniqua uzunyaswe ngamafama angaphezu kwe 250 kunye namanye amaqabane anomdla kwifama yophando ngezifundo-nzulu.

Izivumelwano ezimbini zentsebenziswano namaziko emfundo ephakamileyo (NMMU kunye ne SU) sele zizakugqityezelwa yaye zizakusinika amandla okuqhubela phambili kwintsebenziswano kunye nokhula kwezakhono phakathi kweSebe kunye nalamaziko. Kukhokeleka ngathi ezi zivumelwano zentsebenziswano zizakutyikitywa ngenyanga yeKhala 2015.

Umhlangano wesibini we WCARF ngolwabelwano ngolwazi ubuhlinzwikiwe yaye ubuzinyaswe ngabantu angama 95. Lo mhlango waugxile umongo othi "Landing technology and information in agriculture – present and future innovations" nobunzima eziqavileyo ebezimenyelwe ukunikela inyetho ngeendlela ezintsha, izixhobo kunye neendlela zokobelana ngilwazi.

Ingxelo ngobuchule benzulu-lwazi zeSebe ifumene ukuqatshelwa ngamanye amaSebe ngamanye amazwe nakweli lizwe, ngezi ntlobo zilandelayo:

- iDyunivesithi yoMzantsi Afrika iwonge omnye umfundi wethu kwifama yophando ngezifundo-nzulu e Outeniqua ngembasa ye "Junior Captain Scott" sisikolo sobuNzulu-lwazi nomsebenzi wobugcisa kuMzantsi Afrika kuphando ngesifundo-nzulu (MSc thesis) kwizilwanyana. Isihloko sesi sifundo sakhe besithi "Supplementation of high fibre concentrate to jersey cows on pasture to overcome winter roughage shortages".
- Isikolo sobunzulu-lwazi kunye nomsebenzi wobugcisa kuMzantsi Afrika/ATKV siwonge osonNzulu-lwazi bethu ababini abaphuma kumnyango wobuNzulu-lwazi ngeZityal, ngolona papasho.
- omnye weengcaphephe kwiinzulu-lwazi zethu uchongelwe iwonga elidumileyo le NSFT kuluhlu 'Lwegalelo eliphume izandla kubuNzulu-lwazi, ubuNjineri noBugcisa kuqoka namacebo njengomphuhlisi wesakhono kuphando ngezifundo-nzulu, kuleminyaka mihlanu nelishumi edlulileyo".
- Kwitheko lothweso sidanga e NMMU kwinyanga kaTshazimpuzi, umfundi kumgangatho wesidanga sesibini uphumelele zonke izifundo zakhe emagqabini ze waphinda wawongwa ngu CAPE Wools njengoyena mfundi ubalaseleyo kuLawulo lweZolimo. Kulo mnyhadala kuye kwawongwa ingcaphephe kubunzulu-lwazi ngezilwanyana kwakunye nomqeqeshi wakhe kwizifundo nge "Research Award" ngokukhankathela abafundi kumgangatho wesidanga sesibini kwela ziko.
- iqela leeNzulu-lwazi kumadlelo kwiFama yoPhando ngeZifundo-nzulu, phantsi komnyango: woBunzulu-lwazi, uphinde wagqwesa kwinkomfa yonyaka kuzwelonke ebihlinzekwe yi Grassland Society of Southern Africa (GSSA) kwinyanga yeKhala. Isihlanu kwisithandathu samawonga kubunzulu-lwazi kula nkomfa ayekubaphandi ngezifundo-nzulu abane nabakwiFama yoPhando ngezifundo-nzulu. Ingcaphephe yenzulu-lwazi ifumene iWonga eliDumileyo ngempumelelo yomsebenzi ebomini bakhe njengosonNzulu-lwazi kunye nangeqalelo lakhekubunzulu-lwazi kwicala lamadlelo, ngelixa omnye usonzulu-lwazi efumene iwonga le "Best Platform Presentation award for



his paper titled "ngoshicilelo lwakhe olusihlokomesithi "Is soil organic carbon the most important soil quality indicator for planted pasture?". Ugxaxakhe, uphumelele iminyaka emibini ilandelelana amawonga e " Best Poster" ebihlinzekwe kula nkomfa kwakunye ne "Norman Rethman Plant Pasture Award" ngonikelo lweyona ntetho ngobunzulu-lwazi kumadlelo nebinomxholo othi " Effect of planting methods on the production potential of perennial grass/clover mixtures planted into kikuyu". Kubekho nomfundi kwiqela elisebenza ngamadlelo nothe wawongwa ngolona nikelo ntetho luqavileyo kwihlelo le "Young Scientist" nomxholo wentetha yakhe ubusithi "Production potential of lucerne over-sown into kikuyu".

- Inkomfa Yonyaka kwiNdibaniselwano yemibutho enomdla Kumhlaba, Utyalo lwezitya, uKhula nobunzulu-lwazi kwiZityalo kuMzantsi Afrika, ibizinyaswe ngabathunywa abali 17 nababemele eliSebe namapheke-pheke ali 13 kunye nesi 5 sonikelo lweentetho. Oku kuquka nabafundi beDyunivesithi yase Stellenbosch abenza imfundo kwizidanga zesibini kwiinkalo ezahlukeneyo ezingeSebe eli. Umxholo wale nkomfa ubusithi "Taking research to the farm to ensure long-term sustainability." Omnye weenzulu-lwazi ngezityalo kunye negosa lezobugcisa bawongwe ngelona nikelo ntetho luqavileyo kunye nokubonisa ngepheke-pheke, kulondolozo lwezolimo, ngokwahlukeneyo. Inzulu-lwazi eyincutshe kukhula inikwe Ubulungu be "Weed Science Society" ngokuzinikela iminyaka emininzi kumsebenzi wakhe wobunzulu-lwazi ngokhula.
- Inkqubo yobugcisa kunye Noncedo lwezoluntu kwiInkqubo Zamacandelo (THIRP) kwinkqubo yeNgxowa-mali kuPhando Ngezifundo-nzulu kuZwelonke (NRF) ivakalise ukuba ivave ngemali emalunga ne R1 yesigidi kwiincutshe ezimbini kubunzulu-lwazi bemfuyo ngomsebenzi wazo ok hethekileyo ngophando ngezifundo-nzulu.

Njengenxenywe yethu yokuzibophelela kuphuhliso loLutsha kwezolimo kunye nokubachwayitisa ngokusebenza kwezolimo, utyelelo lwa rhoqo ngonyaka kwifama yase Elsenburg ngabafundi abakumgangatho wemfundo R naku 4, lubonakalise ukuba lusathandwa ngabantu njengokuba luye lazinyaswa ngabafundi abangama 828 kuleminyaka mithathu idlulileyo nabaphuma kumakhaya ababekade bevinjwa amathuba.

Emva kovavanyo lwefuthe loqeqesho kwabasebenzela ukufumana amava kwiZiko loQeqesho lweZolimo e Elsenburg, kwenziwe utshintsho oluthile njengenxenywe yokumiselwa kwesicwangciso sabalawuli. Ukuze kwenziwe ngcono kumgangatho nokusulungeka koqeqesho, liye lathotywa inani labafundi abakule inkqubo babangama 55. Kumzamo wokukhulisa amathuba okugcina abafundi abaphumeleleyo ukuba basele befumana ingqesho kweli candela, kuqalwe kwajongwa kulutsha olungaphangeliyo noluhlala ezifama. Ngaphezu koko, kuye kwaqhutyelwa phambili ngoqeqesho lokwenziwa komsebenzi ngezandla ngabafundi nokuzibandakanya ngokuthumela abafundi kwizikhundla abothi bayifunde yonke imisebenzi ngokuyenza ngezandla.

Inkqubo kuBume beMfundo noQeqesho kweZolimo (SAET) iqhubekile ukudlala indima ekumiseleni izivumelwano zentsebenziswano phakathi komandla weNtshona Koloni kunye ne Burgundy. Abe "Centre de Formation Professionnelle et de Promotion Agricole" (CFPPA) e Beaune yase France liphinde lahlinzeka ishumi (10) labasebenzi abakuveliso lweziselo emiphandeni nabaphuma kwimizi eyahlukeneyo, ngenjongo yokubaqeqeshela ukwenza iwayini nokulondolozo imiphanda. Ababini kweli qela labavelisi bewayini bayinxenywe yoLutsha kwi Protégé group yabavelisi bewayini kuMzantsi Afrika. Ngaphezu koko, isihlanu (5) sabantu abalangazelela ukuvelisa isonka samasi "Cheese" banikwe ithuba lokuchitha iiveki ezintathu kwiziko le CFPPA elise Macon-Davaye ukuze bafumane uqeqesho lobuchule ekwenzeni i"Cheese" nalapho ishumi (10) lamalungu abasebenzi kutyelelo lwasezifama betyelele umandla wase Burgundy ukuze libone iindlela zokusebenza kwamafama asakhulayo kuqoqosho yaye bafumane ulwazi ngeenkonzo zonikelo lweengcebiso kwezolimo. Ekubuyiseni izitya, iziko loQeqesho lweZolimo e Elsenburg lihlinzeke iqela labafundi abasixhenxe (7), nengabafundi abathandathu (6) kunye nomhlohli omnye (1) ekuvelisweni kwe "Cheese", abafundi abane (4) ekukhuthazweni kokuthengwa kweyayini ngamazwe-ngamazwe kunye neqela lombhoxo eliphuma kwi (CFPPA) yase Beaune. Abanikwanga luqeqesho lobuchule kuphela kodwa bangcanyulise kwinkcubeko kunye neendlela zokupheka kuMzantsi Afrika.

Abafundi beZiko loQeqesho lweZolimo e Elsenburg abagqwesanga nje ezifundweni kuphela, kodwa nakwimidlalo eyahlukeneyo apho baye bakhuphisana namaqela eDyunivesithi yase Stellenbosch kunye nezinye iziko zezolimo kweli lizwe, abadlali base Elsenburg bathathe inxaxheba kwimidlalo ekumgangatho we Maties kwibhola ekhatywayo kunye nombhoxo kwiTumente ye "Pannar Rugby" kwiziko zezolimo kwakunye neTumente yebhola ekhatywayo kunye nomnyazi e Nacsano. Iqela lombhoxo liyikhusele ngempumelelo intshinga yalo kwiTumente ye"Pannar Rugby", iqela lokuqala libe phakathi kwamaqela amane nangawona aphezulu kumgangatho weMaties nalapho i 18 yabafundi iye yancedisa ukudlalala amanye amaqela eMaties kwimidlalo yalo nyako kumbhoxo. Kumaqela adlala ngantandathu kwicala ngalinye, iqela lethu kwibhola ekhatywayo liphumelele kwiTumente yamakhwenkwe amakhulu kwiMaties. Oku kubenzele igama newonga lokuba badlale kukhuphiswano oluphezulu lwe Maties Super league kunyaka olandelayo.

## 1.2 Iziphumo ngezimali zeSebe ziphela

Ingeniso yeSebe	2014/2015			2013/2014		
	Uqikelelo	Eyona mali ingenileyo	Ingeniso (Engaphezulu)/ Engaphantsi	uqikelelo	Eyona mali ingenileyo	Ingeniso (Engaphezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ingeniso ngeRhafu	-	-	-	-	-	-
Irhafu ngemizi yoNg-cakazo	-	-	-	-	-	-
Irhafu yomDyarho wamaHashe	-	-	-	-	-	-
Irhafu yokuthengisa utywala	-	-	-	-	-	-
Irhafu yezithuthi	-	-	-	-	-	-
Intengiso yempahla neenkonziso ezinge-zozexabiso elikhulu	25 931	31 239	(5 308)	27 473	28 276	(803)
Iimali esiziphiweyo	-	21	(21)	-	20	(20)
imidliwo, izohlwayo kunye nelahleko	-	-	-	2	2	-
Inzala, ingeniso ngezabelo kunye nengeniso ngomhlaba	47	3 144	(3 097)	467	467	-
Intengiso yempahla exabiso eliphezulu	-	93	(93)	33	33	-
iintlawulo zemali kwimpahla namat-yala	-	288	(288)	116	116	-
<b>iTotali</b>	<b>25 978</b>	<b>34 785</b>	<b>(8 807)</b>	<b>28 058</b>	<b>28 914</b>	<b>(823)</b>

Eli Sebe alinayo naluphi na uhlobo lwengeniso ngerhafu. Ngaphandle kwengeniso eyintlawulo yabafundi kwiMfundo ePhakamileyo, yonke engenye ingeniso yenzeka ngebhaqo okanye intlawulelo yophando ngezifundo-nzulu okanye ngoqeqesho. Ingeniso ngentengiso yempahla kunye neenkonziso ethe yangcono kunoba ibilindelwe yenziwe yimali yokuhlolwa kwezifundo kunye neyokuhlala kwabafundi kunyakamfundo ka 2015 nethe yangena ngaphambi kwexesha ebindeleke ngalo kwakunye nengeniso yokuvavanywa komhlaba ligumbi lovavanyo neye yangaphezulu kunokuba ibilindelekile. Inzala engcono nefunyenwe ingaphezulu kundaleyo ibilindelekile yenziwe yinzala kwimali yentlekele engasetyenziswanga nethe yahlawulwa kugcino lwengxowa-mali yengeniso yePhondo nengeyonxenye yohlahlo lwabiwo-mali. Eli Sebe alinamgaqo eliwumiseleyo ngengeniso.

Amaxabiso ngokushicilelwe kumqulu wamaxabiso abhalwe ngokwemithetho eyahlukileyo, umza, ulinganiselo lwemarike, ukubuyiswa kweendleko kunye nemimiselo ngokomthetho. Ezinye iingongoma eziqatshelwayo kukuba ingaba umthengi usengumfama osakhulayo yaye / okanye usalimela ukuziphilisa, ukufuneka kwemveliso yakhe okanye iinkonzo anikela ngazo nokuba ingaba imfuyo yakhe ininzi na. Oku kushicilelwa kwamaxabiso kubonakalisiwe kubhaliwe kuwo onke amaxabiso. Ushicilelo olusebenzayo lwamaxabiso luyafumaneka kwi "Web-site" yeSebe.

Iinkonzo ezinikelwa mahala liSebe ziinkonzo zokufikelela kubathengi nokunika iingcebiso ezinokukhokelela kwengeniso eninzi kwimirhumo yonikelo lweengcebiso. Kude kube ngoku, abona basebenzisi bezinkonzo ngamafama asakhulayo kunye okanye amafama okuzondla nangenakwazi ukuzihlawulela ezi nkonzo yaye axhomekeke kwiSebe ngeengcebiso, ulwazi nokwabelana ngolwazi lobugcisa. Igqalwe njengegunya leSebe ukuba libonelele ngeengcebiso kubo bonke abahlali ngaphandle kwentlawulo.

Ngexesha lokwenziwa kwale ngxelo, 3 120 yomhlambi weenkomo zamafama asakhulayo novavanyelwe isifo sephepha, ngeendleko eziyi R21 120.

Amagosa aphuma kwikqubo yezoNyango lwemfuyo atofe le mpahla ilandelayo neyiyeyamafama kwicandelo lemveliso yabasakhulayo:

- iinkomo ezingama 2 736 kwisifo esosulela abantu ngexabiso le: R 6 621
- kukhuselwe iinkukhu ezingama 2 695 kwisifo iNewcastle nokuxabise i: R 674
- iinkomo ezingama 931 kwisifo i RB51 ngokutofelwa i Brucellosis, nokuxabise i: R 30 723

ooGqirha bemfuyo kaRhulumente banikele ngeenkono zonyango mahala kubantu abebekade bevinjwa amathuba kwingingqi yase Beaufort West, apho:

- kubulewe iinkomo ezingama 342, ngexabiso le: R 25 650
- kuvavanywe i148 leenkabi zegusha, ngexabiso le: R 1 332
- kufakwe ediphini iinkomo ezingama 852 kubulawa amakhalane, ngexabiso le: R 4 260
- kufakwe ediphini ama 3 594 emfuyo kusenzelwa amakhalane, ngexabiso le: R 21 564
- amahashe angama 647 anikwe iyeza lokubulala iintshulube, ngexabiso le: R 39 486
- iinkono zonyango kwimfuyo yabahlali nengama 2 399, ngexabiso le: R 263 890
- iinkono zonyango kwiigusha neebhokhwe nezingama 347 zidibene, ngexabiso le: R 50 315
- kubulawe amaqanda angama 53 nasezimpethwini, ngexabiso le: R 742
- kuvavanywe iinkabi zegusha ezingama 36, ngexabiso le: R 288

Kwingingqi zoMasipala wase Beaufort West, Oudtshoorn nase Swellendam, kutofwe amahashe angama 561 nangwabantu abahluphekileyo, ekhuselwa kwisifi samahashe i African Horse Sickness (AHS) ngexabiso elingama R83 241. Oku kwenziwe njengesicwangciso sokuthintela amahashe atsalwa ziinqwelo kwisifo i African Horse Sickness nokuqinisekisa uzinzo lwemfuyo eLuntwini apho aphila khona la mahashe.

Eyona njongo iphambili nezakwenziwa kulo nyaka ngabeenkono zonyango lwemfuyyo, kukugonya umgada kwimfuyo yoLuntu. Kugonywe izinja neekanti kwiindawo zabahluphekileyo kwiPhonde lonke, ngolu hlobo lulandelayo:

- eMalmesbury: 6 970
- eBoland: 20 933
- e Swellendam: 4 942
- eGeorge: 22 393
- e Beaufort West: 5 027
- e Vredendal: 1 200
- Oudtshoorn: 7 501

Olu ngenelelo lwenziwe ngeendleko ezixabise i R143 664.

Ekugqibeleni, kunikezelwe ngezi nkono zilandelayo:

- Ukukhangelwa komkhuhlane weehagu " (CSF): 6
- Ukukhangelwa komkhuhlane weeNkukhu: 1 525
- Usifo esibangela ukuphunza kwimfuyo nokwasulelayo (CA) okanye iBrucellosis: 871
- Ukukhangelwa kwesifo l"New Castle Disease": 250
- Iinkono kwisifo sophunzo ezigusheni (B.ovis) eVredendal: 53

iSebe linomgaqo wokucinywa kwetyala nolungelelaniswe nomgaqo wePhondo malunga netyala elinokucinywa xa kufuneka njalo. Iyonke imali elityala elicinyiweyo nelingenakuhlaluleka R 71 000 yaye iqukwa ziimeko ezingama 32 nezingekho sesikweni.

Imali engenisiweyo nedlula ixabiso lemali ebilindelekile yenziwe ikakhulu yimali ebangelwe kukunyuka kwamaxabiso eemveliso zezolimo.

Yonke impahla yexabiso eliphezulu nethe yathengiswa, icinyiwe ezincwadini kuquka nezo bezingenakulungiseka.

### 1.3 INKQUBO YENKCITHO

Igama leNkqubo	2014/2015			2013/2014		
	Imali esiyobelweyo	Eyona Nkcitho	Ingeniso (Engaphezulu)/ Engaphantsi	Imali esiyobelweyo	Eyona Nkcitho	Ingeniso (Engaphezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ubhaliso	111 965	106 130	5 835	97 172	91 466	5 706
Ulawulo lwempahla ngokuzinzileyo	232 924	232 924	-	47 071	47 071	-
Iinkonzo zokuxhaswa Kwamafama noPhuhliso	251 095	251 026	69	233 791	233 791	-
Iinkonzo zonyango lwemfuyos	66 516	66 516	-	60 978	60 978	-
Iinkonzo zophando ngezifundo-nzulu nophuhliso	104 523	104 523	-	96 280	95 530	750
Iinkonzo zezoqoqosho kwezolimo	21 656	21 656	-	16 947	16 947	-
Ubumme bemfundo noQeqesho kwezolimo	54 779	53 429	1 350	43 873	43 873	-
Ulungelelaniso loPhuhliso lwasemaphandleni	19 232	19 232	-	19 206	19 206	-
<b>ITotali</b>	<b>862 690</b>	<b>855 436</b>	<b>7 254</b>	<b>615 318</b>	<b>608 862</b>	<b>6 456</b>

ngokumalunga nendlela ekwenziwa ngayo inkcitho, kufuneka kugxininisiswe koku kulandelayo:

imali engasetyenziswanga ixabise iR7.254 yezigidi okanye 0.84% yohlahlo lwabiwo-mali olongeziweyo, isephakathi komlinganiselo obekwe nguRhulumente noyi 2%.

Uhlahluty olwenziweyo lubonakalisa oku kulandelayo:

Kuyo yonke imali engasetyenziswanga i R69 000 ibe iyimali yesibonelelo senjongo yeNkqubo yokuXhaswa kwamaFama ngokuPheleleyo (CASP) kunye ne R7.19 yezigidi eyobelwe abantu abangathathi ntweni. Le mali ingentla yeyempahla kunye namatyala angakhange abalelwe kwinkcitho okanye ingeniso, kodwa ibonakala njengemali esinayo. Kwenziwe isicelo sokudlulisela imali exabisa R6.422 yezigidi nebiyobelwe abantu abangathi ntweni kunyaka-mali olandelayo ka 2015/16.

Kusetyenziswe iimali ebezobelwe ukwenza eminye imisebenzi ngelokuthomalalisa uxinezelelo lokunyuka obekungalindelekanga kwamaxabiso kunye neembopheleleko ebezingakhunjulelwanga ngenxa yokuhlelwa kwemali ekhoyo. Luyanda uxinezelelo lokwandiswa kwezitya zokulima imifuno ze kufunyanwe imali yamafama angathathi ntweni kwarhweba ngombona nengqolowa kunye nobisi angumzekelo woku. Kusetyenziswe iimali ebezobelwe ukwenza eminye imisebenzi kwiNkqubo 1 (R919 000), Nkqubo 2 (R1 941 000), Nkqubo 4 (R2 493 000), Nkqubo 5 (R436 000), Nkqubo 6 (R51 000) kunye neNkqubo 8 (R1 323 000) kwimisebenzi yeNkqubo 3 nge (R6 488000) kunye neNkqubo 7 nge (R675 000). Kuzo zonke ezi meko zokusetyenziswa kweemali kwezinye iinjongo, ziye zaphunyezwa liGosa Eliphezulu ngokweSebe 43 (1)

loMthetho i PFMA yaye akukhange kudluliselwe ku 8% ngokweSebe 43 (2) loMthetho i PFMA.

Akukho mali isetyenziswe ngaphandle kokugunyaziswa.

Ngokumalunga nezivumelwano zekontraka zefoni yeselula, kwenziwe ingxelo ngenkcitho engakunyasizwanga nexabise i R23 000 kuba ibezengqesho. Esi senzo siye saxolelwa ngokwe "National Practice Note" 5 ka 2006/07.

i-Ofisi kaNondyebo weLizwe iyisixolelanga isenzo apho kungakhange kubekho satifiketi sokurhafiwa kwerhafu nexabise i R573 000 kunye nemeko ezisixhenxe zokuthengwa kwempahla neenkonziso ngokweemfuno

ze BBBEE nezixabise i R54 000 kunyaka-mali ka 2013/14.

Kwenziwe ingxelo ngeemeko ezahlukeneyo nezingama 66 ngenkcitho engenanjongo nexabise i R49 000, kwangelixesha sithetha ngalo, bekusaphandwa ezinye iimeko ezili 13 ze R7 000 ezisusela kunyaka-mali ka 2013/14. Kwezi meko xa zizonke, iGosa Eliphezulu lixolele iimeko ezingama 64 nezixabise i R46 000. Oku kwenzeka emva kophando olunzulu ngentsusa yemeko nganye nokuba kufunyaniswe ukuba ingaba ezi ndleko bezingenakuthintelwa na xa bekukho ucebo olungconlo kunye nobulumkoekusetyenzisweni kwezimali. Kuzo zonke ezi meko, kufumaniseke ukuba lonke olusetyenziso lweemali belungenakuthintel-eka. Zine iimeko apho imali exabise i R5 000 iye ayaxolelwa nekugunyaziswe ukuba zihlawulwe ngabo bazenzayo.

Ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2015, bekusaphandwa izenzo ezili 11 zamatyala enkitho ngokun-geenanjongo nexabise i R5 000.

#### 1.4 Izicwangciso zeSebe kwixesha elizayo

Njengokuba lo ingumnyaka wokugqibela kwisiCwangciso somsebenzi ngobuChule kwiminyaka emihlanu, kuyacaca ukuba kufuneka kwenziwe isiCwangciso esitsha sokusebenza ngobuChule. Le nkqubo ikunye nendlela eya phambili zohlalutywa ngakumbi kwingongoma 4.7.

Kuqhutyekelwe phambili ngephulo le "Fruit Look" kule minyaka mithathu izayo de amafama abe kwime-ko yokuqalisa ngokwenza igalelo kwiindleko zokuzisa le nkonzo ngokusebenzisa ulwazi abalunikiweyo de ekugqibeleni bafikelele ekuhlawuleni umrhumo ozakuxhasa eli phulo. Kude kufike elo xesha, inkxaso-mali yeli phulo isengumngeni yaye sele kuthunyelwe nesicelo ngo Hortgro kwiSebe loRhwebo neMveliso nesice- la imali kwiNkqubo Yokuncedisa Imveliso Ngokuqaphela. Kusakhangelwa ezinye iindawo ezinokuncedas-gezimali.

Ukuze kwandiswe amandla okwenza umsebenzi walo, izakhono, ukufikeleleka kunye nokuthembakala kol- wazi, iSebe lizakuqhubela phambili:

- ngokumiselwa kunye nokusetyenziswa kweendlela zolawulo lwezolimo ngokuhlangeneyo (AIMS) kwiNkqubo ye FSD.
- Kusetyenziswe umatshini oyi "Agri Touch" kuzo zonke ii-ofisi zeSithili ukuze amafama asakhulayo kunye nesishishina nabo bakwazi ukufikelela kuyo.
- uvavanyo lwezivuno ekurhwetywa ngazongelokujonga inkqubela esele yenziwe ngokumalunga nokuveliswa kwamfama asakhulayo kweli Phondo.
- kwenziwe isicwangciso sokuphucula imingeni echaziwe luphando ngezifundo-nzulu olwenziwe ngefuthe lokhuselo lobukho kokutya.
- kubekho iindibano rhoqo kunye neeKomiti zemihlaba nezolimo kwiZithili(DLACs) nezisekelwe ukuba zileqeqe usukelo lwe 20% nokusemholweni wesiCwangciso soPhuhliso lweLizwe(NDP).

Ukumiselwa kwabahloli benyama abazimeleyo kuzo zonke izilarha ezixhelayo kweli Phondo kuyakongeza ulawulo lwenkqubo ephantsi nengokunyangwa kwemfuyo yoLuntu (VPH).

Ulawulo lokuthengiswa kwenyama yezilwanyana kwiivenkile zokutya, ngokuhambisana noMthetho woKhuseleko lweNyama, uMthetho ka 2000, luyakukhokelela kubukho bomsebenzi omninzi kumagosa kwinkqubo ephantsi kunyango lwemfuyo yoLuntu.

iNkqubo yeeNkonzo zonyango lwemfuyo iceba ukuvula i-Ofisi yoLawulo lweMveliso zeMfuyo ezithunyel- wa kumanye amazwe, e Milnerton. Le ofisi izakukhupha izatifiketi ngenyama yemfuyo ingakumbi en- konxiweyo nesongelweyo kunye nokutya kwemfuyo okuphuma kwizilwanyana nethunyelwa kumanye amazwe isuka kwiSixeko seKapa, kodwa izakulenza nolungiselelo lwezatifikethi zokuthunyelwa kwemfuyo yasekhaya kumanye amazwe.

Akuthandabuzeki ukuba ukutshintsha kweMo-zulu kuyakutshintsha izinto ezininzi kwicandelo leemveliso ze- Zolimo eNtshona Koloni yaye ukugcinwa kwale meko sikuyo yokuveliswa kokutya kuyakuxhomekeka ekun- yamezeleni kwale mozulu ikhoyo (kuquka nokubakho kweemeko ezinganyamezelekiyo) ukubakho noku- setyenziswa kwamanzi kunye nokusetyenziswa ngokusemthethweni kwezinye izinto ezizezendalo. Ngenxa yesi sizathu, iSebe liqalise ngokwenziwa kwesiKhokelo kuTshintsho lweMo-zulu kunye nokumiselwa kwaso kwicandelo lemveliso yezolimo neyi "SmartAgri project".

Eli phulo liqaliswe kunyaka ka 2014 yaye lizakugqitywa ngezigaba ezintathu ze liphethwe kwinyanga yoK- windla 2016. Phakathi kweli xesha, kuzakube kusenziwa isikhokelo, isicwangciso sokumiselwa kunye noce- bo loqhakamshelwano ngokubandakanya amaqabane anomdla. Kukhokeleka ngathi kuyakuvula ezinye iintshukumo kwesi sicwangciso, ingakumbi kwicala lophando ngezifundo-nzulu, yaye oku kuyakudityanisel-

wa kumsebenzi weSebe kuphando ngezifundo-nzulu, ukuba kunokwenzeka ngokuxhomekeke kubukho bemali kunye nabasebenzi abanesakhono soku. Ezinye iinkqubo zeliSebe nazo zizakudibanisa ezazo iintshukumo ezininto edibana nale kwimigomo yogunyaziso lwemisebenzi yazo.

Imizila ebonakalayo njengokutshintsha kwezinto kwicala lezoqoqosho kunye nokukhula kumazwe ahlukeneyo kunyanzelisa amanye amazwe ahlukeneyo ukuba enze amacebo anobuchule ukuze akhawuleze ukuqhelana nezinto ezenzekayo kwihlabathi liphela. njengePhondo elithumela imveliso kumanye amazwe necandelo lemveliso elinokweyela nangaliphi na ixesha kwimarike ezingazinzanga kubalulekile ukuba kugxilwe ekufuneni, kwenziwe ze kwandiswe urhwebo neemarike ezintsha (umz, e Afrikanase Asia) kunye nesele sinazo (umz, Amazwe amaNyenyayo e Yurophi). Njengokuba iSebe liceba ukuxhasa amanyathelo okuphuhlisa kweemarike ezijoliswe ekuvuleni iimarike ezintsha ngelixesha sisazigcinile iimarike esinazo. imeko e ethe-ethe yokuthunyelwa kwemveliso kumanye amazwe kunye nokhuphiswano olujamelene neemveliso zethu ngenxa yeemveliso eziphuma kumanye amazwe, nazo zifuna ukuba kugxininisiswe kumanyathelo ophuhliso lweemarike phakathi kwelizwe lethu. Ngokwamanye amazwe, nokuba wona ebegxile ekuthobeleni kakhulu kukhuseleko lokufumaneka kokutya, nako kwandile ze kwaquka imigan-gatho yokuthwal'uxanduva ngoLuntu kunye nangendalo esingqongileyo. Kungenxa yoko, iSebe lizakuxhasa ukwandiswa kwe SIZA, neluhlobo lokulinganiswa nelwamkelwe njengendlela eyiyo yokurhweba kumazwe-ngamazwe nguMbutso woRhwebo kwicandelo lewayini.

Okona kuphakanyiswa komgangatho wemveliso kunye nokhuphiswano ngempahla ethunyelwa kumanye amazwe kufuna sizimisele ngakumbikwiintshukumo namanyathelo akukongeza amaxabiso. Okubalulekileyo koku kukwenza umehluko kwimveliso esiyivelisayo. Izibonakalisi zokwemeko yomhlaba zibonwa njengeyona ndlela yokwenza oku, ingakumbi kwiimveliso ezingafumanekiyo kumanye amazwe nezineempawu ezikhethekileyo nezinjenge Rooibos kunye ne Honeybush. Ukongeza koku, izibonakalisi zokwemo yomhlaba zibeyeyona nto ibalulekileyo kuMnutho woRhwebo kwiHlabathi (WTO) yaye isekwabalulekile kuthetha-thethwano ngeSivumelwano soThatho-nxaxheba kuQoqosho (EPA) kunye namazwe eManyano yase Yurophi (EU). Ngako ke, iSebe lizakukhwezela isakhono ze lixhase amacandelo ohlukeneyo emveliso ekukhangeleni iimveliso ezinesakhono sokuzuza inkxaso kule nkqubo ngelokukhulisa uluhlu lwabavelisi boMzantsi Afrika. Kuzakucetywa I workshop ngokusebenzisana nabase Fransi phantsi kwesivumelwano ne Burgundy ze kuzinyaswe uqeqesho olungolwazi kwezobuRhulumente e Switzerland.

Ukongeza koko, iNkqubo yeeNkonzo zoQoqosho kuZwelonke (AES) isaceba ukwenza i workshop yokuphanda nangona esi sicelo senziwa kwiminyaka emithathu edlulileyo. Ngoko ke, oku kuyimfuneko ukuze kuhlangebezwane neemfuno zabathengi bemveliso zethu, ukuze zilungelelaniswe namathuba engqesho anokuvela ebuRhulumenteni. Ngaphezu koko, xa kujongwe imfuneko kunye nokunikezela ngenkonzo yokugcinwa kwamaxwebhu ezifama, kuzakwandiswa inani lamaphulo kwiNkqubo Yokugcinwa kwamaxwebhu eZimali ngenxa yokuba lufuneka kakhulu uncendo kugcino lwamaxwebhu oqaqobo. Njengokuba amanye amafama eqhubela phambili kule nkqubo, baneemfuno zabo ezithile ezingenzekiyo kwi kompyutha. Ngenxa yoko, sizakwenza uphando ngokusebenzisa i Webhu entsha nezakuqala isetyenziswe kwabo basebenza ngempumelelo kunabanye.

iNkqubo yoBume beMfundo noQeqesho kweZolimo (SAET) izakuqhubekela phambili ngokulungiselela nokunikela ngoqeqesho olusesikweni nolungekho sesikweni, kumgangatho we NQF 1-7 nokuya kunika ingqalelo kuLutsha, nawo onke amaqela abandekanyeka kwicandelo leZolimo, ngenjongo yokukhulisa nokuxhasa icandelo eligcwele lulwazi olunempumelelo nolumelanayo nemingeni ekhuphisanayo.

Kuyakuqiniswa ngemizamo yokomeleza intatho-nxaxheba kwicandelo lwemveliso kuphuhliso lwezakhono kunye noqeqesho ngeentlangano ezizakuhlala zihlinzekwa ngokuxhomekeke kwikomiti yoluhlu lwezifundo ezizakwenziwa. Oku kuyakwenza igalelo kulungelelaniso lwezifundo zoqeqesho ngokweemfuno kwabo bayakuqeqeshwa.

Izifundo zexesha elifutshane ziyakuhlelwa ukuze zilungele uqeqesho kumahlelo ohlukeneyo amafama kunye nabasebenzi nasezifama (umz, abaphathi abaphakathi, kunye namagosa ocwangco kwimveliso yomsebenzi) ezifama nakushishino ngeemveliso zefama. Kuzakwenziwa uqeqesho olutsha nophuhliso lwezakhono (umz, NQF 4 kuVeliso lweZityalo: ukulinywa kwediliya kunye nokufundela amava okwenza iwayini: NQF 5), ngelokuqinisekisa ukuba izifundo zoqeqesho ziyahambelana neemfuno zamaxesha obugcisa obukhoyo kunye neendlela ezintsha zokusebenza kwezolimo.

Kulo nyaka uzayo, kuzakwenziwa uvavanyo lwempumelelo kwizifundo ezenziwa yiNkqubo ye Mfundo Ephakamileyo noQeqesho (HET)

Kunyaka ozayo kusezakuqhutyekwa ngokuphuhlisa izisekelo zoncendo kuqeqesho. Kuzakwenziwa utyalo-mali olukhulu ekuphuculweni kokhuseleko nokhuseleko kwiKhampasi yeziko loQeqesho leZolimo yase

Elsenburg kwakunye neziseko eziluncedo ekuxhaseni uqeqesho olungokusongela nokupakisha iimveloso kwezolimo.

Sisaqhubela phambili ngokufuna umniki zinkonzo zeNdlela ephelileyo yolawulo lomfundi nokufunda yaye loo ndlela izakusetyenziswa kunyaka-mali ka 2015/16.

Ezolimo zibaluleke kakhulu kuphuhliso loqoqosho loLuntu emaphandleni. Kuzakugxilwa ekuxhasweni kwamafama asakhulayo ukuze akwazi ukuvelisa imveliso yexabiso elikhulu, ngemilinganiselo emikhulu ukuze kuthunyelwe kwiimarike noqhakamshelwano kumaqabane athenga imveliso yethu kunye nabo bonke esisebenzisana nabo. Kogxilwa kakhulu kuphuhliso locwangciso lwezolwimo ekusongeleni nasekupakisheni kwemveliso kuphuhliso lweendawo ezisemaphandleni ukuze kuqaliswe ngokuvezwa kwamathuba emisebenzi njengoko kuyintsingiselo yesiCwangciso soPhuhliso kuZwelonke (NDP). kungenxa yoko sijonge kwintsebenziswano phakathi kweeNkqubo ze RDC, FSD kunye ne AES. Le misebenzi iyakunceda kucwangciso lophuhliso loqeqesho nezilungelelaniswe nemisebenzi ephambili kuCwangciso loPhuhliso lweNtib-aniselwano (IDP) kuyo yonke imigangatho kaRhulumente kunye nabahlali. Ukuze zikwazi ukufumana oku, kubalulekile ukuba sibenotyalo-mali lwangaphakathi kunye nolwangaphandle. Ngexa yoko, iinkonzo zecandelo lotyalo-mali kwi Agribusiness zosetyenziswa ekukhuthazeni nasekuxhaseni utyalo-mali emaphandleni. Ngaphezu koko, iSebe liceba ukuwakhawulezisa amaphulo abonakala enefuthe kwimicimbi engazolimo, umz, loo maphulo achazwe kwi SIP 11 nakwi agri-processing ku PSG 1.

Ngokokuqiniswa kwemicimbi yengqesho kweli candelo, kuyimfuneko ukuba kuqatshelwe ze kwenziwe uqhakamshelwane ngokubaluleka kwegalelo lezolimo kuqoqosho loMzantsi Afrika kunye nendima edlalwa ngabavelisi bezolimo, kuquka abaqeshi kunye nabasebenzi.

Kumzamo wokufeza iinjongo ze PSG 3- impilo nempangelo-ntle, ukhuselo kunye nokuhlaselwa kwemikhuba ephakathi koLuntu- ukugxila kuphuhlisa kwamafama kunceda ukuba amaqonga akwenze oku ngokusebenzisa upapasho (umz, i Abundant Harvest), amaqonga engxoxo zabasebenzi basezifama, ukhuphiswano kwiNkqila nakwiPhondo kunye neengxoxo ngokumalunga nale mpumelelo. Ukukhutshwa kwe Smart Pen Technologykwiinkqubo zophuhliso lwabasebenzi basezifama kuyakuqinisekisa indlela eyondeleleneyo yokuchola-cholwa kweenkcukacha ezifama nokuzakunceda ekufumaneni zonke iinkcukacha zabasebenzi. Uphando olwenziwa kumakhaya abasebenzi basezifama kweliPhondo liphela lwenzelwa ukuveza ulwazi oluyakunceda urhulumente ekuveliseni amathuba, ingakumbi kulutsha kwasemaphandleni ukuze luxhamle kumanyathelo emfundo noqeqesho. Ngaphezu koko, olu phando lwenziwayo luyakunika ulwazi olubalulekileyo ngemeko yentlalo noqoqosho kubasebenzi basezifama neentsapho zabo kwiPhondo liphela. Intsebenziswano phakathi kooMasipala norhulumente wePhondo kunye nokaZwelonke ibalulekile kwiziphumo ezikuMasipala weSithili ngelokwazisa uluntu ngeemfuno zonikelo lweenkonzo kwakunye nemeko yengqesho kunye nemfundo kuL. Elinyathelo lijonge ekusebenzeni iingingqi ezimbini zooMasipala beSithili kunyak-mali ngamnye yaye kucwangcise ukuba liqaliswe ekuhambeni kwaleminyaka mithathu ilandelayo. Kuyakujongwa ekugqityweni kweSithili sase West Coat kunye ne Eden kulonyaka-mali ka 2015/16.

## 1.5 Ubudlelwano Bukarhulumente noShishino Lwabuca

Akukho budlelwane obuthe benziwa phakathi kukarhulumente naboshishino lwabucala kulo nyaka.

## 1.6 Iinkonzo Eziphelisiweyo / iintshukumo ezizakupheliswa

Akukho zintshukumo ziphelisiweyo.

## 1.7 Intshukumo Ezintsha Okanye Eziphakanyisiweyo

Unyaka-mali olandelayo woba ngunyaka wokuqala kwisiCwangciso esitsha nesiseseminyaka emihlanu ngoBuchule kweliSebe. Kumgangatho kaZwelonke isiCwangciso Sophuhliso kuZwelonke (NDP) samkelwe njengesikhokelo esiyakwazisa urhulumente ngongenelelo anokulenza kule minyaka mihlanu ilandelayo. i NDP icalulwe yayimisinga elishumi elinesine yeziPhumo kuZwelonke neziyakuba yinxenye yeSiKhokelo soBuchule Obuyakusetyenziswa Phakathi konyaka (MTSF) kule minyaka mihlanu ilandelayo. Okona kubalulekileyo kweli Sebe ngu NO 4 (ingqesho ephucukileyo ngokuhluma okuquka konke), NO 7 (iindawo zokuhlala emaphandleni nezineentshukumo zoluntu, kuhlaliwa ngokulingana nezizinzileyo nezenza igalelo kukhuselo lobukho kokutya kumntu wonke) kunye no NO 10 (ukukhusela nokukhwezela imvelo yethu kunye nemijelo yezendalo).

uRhulumente wePhondo iNtshona Koloni ulwamkele uCwangciso loPhuhliso kuZwelonke (NDP) ze wazibophelela ukuba amisele iziphumo kuZwelonke (NO) Kucwangciso Lobuhule baso afuna ukubufezekisa kumbono ka 2040 "woLona Luntu Lunezakhono, abanobuchule, benezixhobo zonke, beqhakamshelana nabanamathuba aphakamileyo" kwaze ngenza yoku kwaphawulwa iNjongo ezintlanu Zobuchule kwiPhondo (PSG1) (kudalwe amathuba engqesho nokuhluma) afanelekile kweliSebe. iPhondo liphawule laza lalit-yikitye isivumelwano no McKinsey Consultants ukuze bancede kuphuhliso nokumiselwa kwesicwangciso kunye namacandelo angawona abalulekileyo naku (kusongelwa nokupakishwa kweemveliso, ezoKhenketho kunye ne Oli ne Gas). Kucacile ukuba kofuneka iSebe libandakanye uphuhliso lwecandelo lokusongela nokupakishwa kweemveliso kubuChule balo kunye nokungenelela kwalo.

Ngenyanga yeDwarha kunyaka ka 2014, iSebe lihlanganise kumhlangano wesiqingatha semini bonke oo-Masipala abangama 20 kweli Phondo. Kulo mhlango, kuvele ezi ngongoma zintandathu njengezona zibalulekileyo kooMasipala:

- a) Ukubuyiselwa komhlaba kuLuntu,
- b) Ukusongelwa nokupakishwa kweemveliso zezolimo,
- c) Ukuxhasa amaxandelo ezinye iimveliso,
- d) Ukwabela ngolwazi,
- e) Iinkqubo ezikhoyo zoncediso, kunye
- f) Phuhliso lwezakhono

Ukongezelela kwezi nkqubo, ngexesha loMhlangano Weminyaka Emithathu kweZolimo Entshona Koloni, nobungomhla wama 22 nowama 23 kweyeDwarha 2012, eli Sebe sele liqalisile ngamalungiselelo alo okwenza isiCwangciso Sobuchule ngokuhlangene nabathengi. Oku kwenzeka emva nokudlana iindlebe ngomhla we 18 kweyeSilimela 2013 nasemveni kovavanyo lokujonga iimfuno ezifunwa ngamafama apha ePhondweni. Olu dliwana zindlebe luhlangene negalelo lezimvo zorhulumente kandlu-nkulu, wephondo kunye nooMasipala, ziyakulungisa iNjongo Zobuchule kwiSebe kule minyaka mhlanu izayo.

Nangona kunjalo, sisazi nokubaluleka kokubuyiselwa komhlaba eLuntwini kunye nokusongelwa ze kupakishwe iimveliso zezolimo kuyo yonke imigangatho karhulumente, kuya caca ukuba linikele ingqalelo emandla koku. Nangoko, nangona ukuxhaswa kwamaphulo okubuyiselwa komhlaba eLuntwini kuyimbali entle engumsebenzi weli Sebe, unikela ingwqalelo kumsebenzi ongokusongelwa nokupakishwa kweemveliso zezolimo, kuligunya elitsha. Nanjengokuba oku kusongelwa nokupakishwa kweemveliso kungenakuba luxanduva lweNkqubo ethile, iNkqubo nganye kweli Sebe yofuneka yenze igalelo layo. Ngenxa yoku, kofuneka kwenziwe uuhlu lwezikhombisi ukuze zidityaniswe kwisicwangciso sonyaka sokwenziwa komsebenzi yaye ngokwale ndlela yoqapheleka inkqubela eyenziwa lungenelelo nge Agri processing.

#### **Isicelo se Cell phone yephulo le Fruit Look:**

Ukungakwazi ukuqhakamshelana kakuhle nge "Internet" kwiindawo ezisemaphandleni kuyakuthibaza ukuqhakamshelana ngomatshini esiwusebenzisayo we Fruit Look nge Internet, nto leyo iqhwalelisa ukufumaneka kolwazi olunikwa amafama ukuba andise ubuchule kwiindlela azisebenzisayo ekunkcenkcesheleni ze ngoko kwandiseke amathuba emveliso entle yediliya kunye nemifuno. Sele kwenziwe isicelo nesisesokuba amafama abhalisileyo afumane olu lwazi nge "Cell Phones" zayo kunyaka-mali ka 2014/15, oku kwenzeka ngemali eyobelwe lo msebenzi nephuma kwingxowa-mali ye "Green Economy". Esi sicelo sizakumiselwa kunyaka olandelayo we "Fruit Look" noqalisa ngomhla woku 1 kweyeDwarha 2015.

#### **Iphulo Lotyalo-mali Lokugawulwa kwezityalo ezinobungozi phezu komlambo i Berg River:**

Eyona njongo yeli phulo kukulondoloza eyona milambo ibalulekileyo nengumlambo i Berg River, kwingingqi yoMasipala ombaxa weKapa, ibe yimilambo ecocekileyo nezakukhokelela kwimpilo yoLuntu ngokuncitshiswa kwamathuba okunciphisa umngcipheko ongezona zikhukula ezinento yokwenza nokutshintsha kwemo-zulu. Eli phulo lelukuphanda ukusetyenziswa kwendalo ephilayo ze kufunyanwe amathuba eemarike zendalo ephilayo emilanjani. Ingxowa-mali ye "Green Economy" isihlinzeke ngemali eyi R600 000 yokwenziwa koluphando.

Ulawulo lokuthengiswa kwenyama yezilwanyane zesendle kubathengi, kuthetha ukuba zonke iindawo ezixhela ze zithengise inyama yeenyamakazi zibe zingekho mthethweni, kofuneka zonke zibhaliswe ze zifezekise iimfuno zolwaxhiwo lwazo ngokusemthethweni, ukulahlwa kokulahlwayo, ukuhlolwa kwenyama njl njl. Ezi zilarha zikho kulo lonke eli Phondo yaye zivamile ukufumaneka kwezi ndawo zisemaphandleni, nokubangela umngeni wokuqinisekiswa kweenkonzo zokuhlolwa kwenyama.



Abegumbi lovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo liceba ukuqalisa ngokuvavanywa kwenyama es-aleleyo kumnyaka wentsebenzo ka 2015/16.

Kobaluleka kakhulu ukongezwa kwabasebenzi abaninzi kwiNkqubo yoNyango lweMfuyo yoLuntu (VPH).

Iingenelo zokubeka esweni ukutya okuninzi ziquka ukusebenzisana nokhuselo lokutya kubantu balondawo kwakunye neemveliso ezifizekisa imigqaliselo yeeManyano zase Yurophu.

Kufuneka kuvalwe ezi zikhewu zilandelayo zomsebenzi nezi bubuncikane booGqirha abathathu beMfuyo, Amagosa amathathu Olawulo lweMpilo kwiMfuyo yoLuntu, Amagosa amathandathu eMpilo yeMfuyo yoLuntu kunye namagosa amathathu oncediso lwe-ofisi. Iindleko ziqikelelwa kwi R5 yezigidi.

Kufuneka izixhobo ezizizo zokusebenza (neziquka izixhobo zokohlula umoya emanzini zidibane ne spek-tromitha, ezizakuxabisa i R7 yezigidi) ukuze sikwazi ukubona intsalela yeyeza lokubulala iintsholongwane, iyeza lokubulala iincukuthu, elezinambuzane kunye nencindi yedlala ezisekutyeni.

Ukwenziwa komatshini wolwazi ngezolimo sesinye isiphakamiso esenziwe ngabeNkqubo yeeNkonzo zezo-Qoqosho kweZolimo (AES). Eyona njongo yalo matshini wolwazi kukufumaneka kolwazo lonke ndaweni-inye, kukunceda abaphandi ngezifundo-nzulu, aboshishino babucala kunye nee-arhente ezingekho phantsi kolawulo lukarhulumente nezinomdla kwiindlela zolimo ezikhusela imvelo yendalo, amanyathe-lo nophando ngezifundo-nzulu kuquka nokubandakanyeka kwimisebenzi yoqoqosho olukhusela imvelo yendalo. Lo matshini usezakunceda abathathi nxaxheba abakweli candela ukuba bakwazi ukuqhakam-shelana ngayo yonke imicimbi engolondolozo kwezolimo yaye ngokwenza njalo, abantu abaninzi bofu-mana ukwazi ze bayiqonde imisebenzi yezolimo ehambisana nemvelo kunye nemisebenzi yoqoqosho ngokulondolozwa kwendalo eNtshona Koloni. Ukuze oku kwenzekwe, kufuneka kongezwe imali yokufizekisa le misebenzi nenje ngokongeza abasebenzi bokulondolozwa lo matshini ze bawugcine unolwazi olutsha nolulolona luchanekileyo. Malunga nemali eyi R2.5 yezigidi ezakufuneka ukuze kufizekise oku.

Kwenziwe isiphakamiso sokubhaliswa kweefama njengokuba kubonakalisiwe kwisiCwangciso Sobuchule kwiSebe. Injongo yoku kubhaliswa kukufumana ulwazi oluchanileyo ukuze ucebo nokuthathwa kwezigqi-bo kube kokufanelekileyo. Oku kuyakuvala isikhewu esenziwa ziinkcukacha ezingasathembekanga zol-wazi kwicandelo lezolimo. Oku kuyakufuna isiseko esisiso solwazi ngoBuchule (IT) kunye nabasebenzi ukuze ifunyanwe ngokuhlukileyo, ilawulwe ze kwenziwe uhlalutyo olululo lweenkcukacha. Kulindeleke ukuba oku kube liphulo lentsebenziswano phakathi kwePhondo leNtshona Koloni kunye ne Georgia kuba omabi-ni la mazwe engamalungu eQonga leeNgxoxo phakathi kweeNkokheli zoMmandla. Kukholeleka ukuba kunyaka-mali ka 2015/16, amagosa eSebe azakutyelela alase Georgia njengenxenye yophando. Iingxaki eziquka iziseko eziluncedo kunye nezoncedo loLuntu ziqikelelwa kwi R10 yezigidi.

Ngokophuhliso olululo lwasemaphandleni, impumelelo yentsebenziswano yamaSebe ohlukeneyo ekufeze-kisweni kophuhliso lwasemaphandleni ixhomekeke ekulungelelanisweni kwezicwangciso zokwenziwa kom-sebenzi wonyaka kunye neemveliso kuwo onke amaSebe. Kungenxa yoko ze sibe sesiqalisile ngocwangciso ukuze kujongwe iimveliso zamaSebe onke ezihambelana nophuhliso lweendawo ezisemaphandleni. Oku kuyakunceda kulungelelaniso lweemveliso kwiiNjongo zoBuchule bePhondo kunye neemveliso zeSikhoke-lo Sobuchule Phakathi koNyaka. Eyona njongo yethu kukugqala kwintlanganisela yophuhliso lwasem-aphandleni njengenekqubo eyenziwa kweli Phondo liphela nokuzibophelela kwiSebe ngalinye ngeloku-phuhlisa kwiindawo ezikhetheleyo ezisemaphandleni.

Le nkqubo yophuhliso lwasemaphandleni yaphunyezwa yiKomiti yesiGqeba seNkulu-mbuso yePhondo ngonyaka ka 2009 yaza yamkelwa ukuze inike isikhokelo ekumiseleni kweNkqubo ePheleleyo yoPhuhliso lwasemaPhandleni (CRDP) kweli Phondo. Uvavanyo lwakutsha nje ngokumiselwa kwe CRDP e Dysseisdorp lubonakalise imfuneko yokutshintshwa kwale ndlela isetyenziswayo. Kunyaka-mali ka 2015/16 kuzakwen-ziwa indlela yokuvavanywa koPhuhliso lwasemaphandleni yaye luzakunika ulwazi olufunekayo kwiindlela ekufuneka ziphucule ukophuhliswa kweendawo ezisemaphandleni.

Ukhuphiswano lonyaka lwabaSebenzi baseziFama nalo luzakuvavanywa kunyaka-mali ka 2015/16 ukuze sifumane ulwazi ngefuthe lengenelo leli nyathelo kubathathi nxaxheba. Ngenxa yeembono ezahlukeneyo kuyakubaluleka ukuba sifune indlela eyakhayo ukuze sikwazi ukwenza izicwangciso ngeli nyathelo kwixe-sha elizayo.

to gain insight into the benefit of such an initiative to the participants. Given mixed reviews it would be of value to seek an objective view to guide future plans for this initiative.

## 1.8 ULAWULO LOKUTHENGWA KWEMPAHLA NONIKELO LWEENKONZO

Zintathu kuphela isivumelwano sezoshishino esiphunyeziweyo apho kungakhange kulandelwe inkqubo evulekileyo yokhuphiswano ngamaxabiso. Iinkcukacha zezi zilandelayo

- eLeaf (Wageningen, Netherlands): Ukususela ngomhla: 1 kweyeDwarha 2014 de kube ngumhla wama 30 kuTshazimpuzi 2015. Okwangoku nje, eli kuphela kweziko elikhoyo elivelisa ulwazi olutsha rhoqo ngeveki ze lisasaze ulwazi ngemifanekiso kwinkqubo ezimeleyo ngohlobo olusetyenziswa liSebe ngelokugcina iWebsite yalo oluyi Fruit Look inolwazi olutsha.
- iDyunivesithi yaKwaZulu Natal: Ukususela ngomhla: 1 kweyeDwarha 2014 de kube ngumhla wama 30 kuTshazimpuzi 2015. Eli kuphela kweziko elikwazileyo ukungqinisisa iinkcukacha nge Leaf nezisetyenziswa liSebe ukuze ligcine ulwazi olukwi Webhu nge Fruit Look luchanile.
- C Jarmain: Ukususela ngomhla: 1 kweyeDwarha 2014 de kube ngumhla wama 30 kuTshazimpuzi 2015. Okwangoku nje, lo kuphela komntu (okhe wasebenzela iDyunivesithi yaKwaZulu-Natal) onokwazi ukungqinisisa iinkcukacha nge Leaf nezisetyenziswa liSebe ukuze ligcine ulwazi olukwi Webhu nge Fruit Look luchanile.

Zonke iinkqubo zokuthengwa kwempahla nonikelo lweenkonzo ziyasebenza yaye ngokuthotyelwa komthetho okhoyo nokuthintela iinkcitho ezingekho mthethweni.

Ukushokoxeka kwabasebenzi kumgangatho woonobhalana, ngenxa yokutshintshelwa kwabasebenzi kwiindawo abafuna ukuyasebenza kuzo kunegalelo elibi ekusebenzeni yaye kwenza umthwalo womsebenzi onzima kumagosa aseleyo. Ukuqeshwa kwabaNcedisi-Mphathi (Assistant Directors) ababini kwizithuba ebezivuleke kunyaka-mali ophelileyo kuzise ukuzinza okwamkelweyo.

Ukutshintsha kwemimiselo ekufuneka ilandelwe emthethweni kunyanzelise ukuba kuphindwe kuphononongwe imigaqo ehambelana nokuthengwa kwempahla nonikelo lweenkonzo, ingakumbi okuyi Accounti Officer System. Utshintsho kwindlela yokuthenga ngeKompyutha kusifunise ukuba kuqeqeshwe onke amagosa ukuze akwazi ukusebenzisa indlela entsha yokuthenga ekuthiwa yi integrated procurement system (Integrated Procurement Solution), oko kodwa kubengumngeni xa kunokukhunjulwa ukuba lo asinguwo owona msebenzi wenziwa ngala magosa.

Ukutshintsha oku gqolo kunye nokuphuculwa kwe LOGIS kuze neengxakana zalo ngoba kuye kwanyanzeleka ukuba abasebenzi abakuthengo lwempahla nonikelo lweenkonzo baqhelane nomsebenzi owongezelekileyo, ukongeza kumsebenzi osele umninzi kakade ngenxa yokushokoxeka kwabasebenzi.

## 1.9 IZIPHONEMINIKELO EFUNYENWE NGOBUBELE KWESINGASEBENZISANI NABO

Kufunyenwe iziphoneminikelo kunye neenkxaso-mali nokuthe kwaxabisa i R17. 241 yezigidi zeeRandi, kubantu esingarhwebelaniyo nabo. Saza safumana neGumbi elizihambelayo lovavanyo machiza onyango lwemfuyo naxabisa iR15 yezigidi. Isihlomelo 1F soshicilelo lweenkcukacha zezimali, isahluko E sibonisa uhlalelo olucacileyo nolupheleleyo ngalo m'amba.

## 1.10 ULWENZELELELO NOKUNXAXHA OKUFUNYENWE KUNONDYEBO KAZWELONKE

Akukho lwenzelelo okanye ukunxaxha esikufumene kuNondyebo kaZwelonke.

## 1.11 IZIGANEKO EMVA KOMHLA WONIKELO LWENGXELO

Akukho siganeko sichaziweyo.

## 1.12 EZINYE

Ngokumalunga nenkqubo yokuXhasa eZolimo ngokuPheleleyo i (CASP), sifumene imali exabisa i R 292.336 yezigidi ngokoLungiselelo 4 lwe Division of Revenue Act (umthetho wokwaHlulwa kwemali yeRhafu nguRhulumente). Imali exabisa i R 103.863 yezigidi zeeRandi ichithwe kumafama aMnyama asakhulayo nakumafama ashishinayo, kumaphulo ophuhliso, ingakumbi kwiimfuno ezisisiseko. Ayisetyenziswanga imali exabisa i R69 000 yamawaka. Kuchithwe imali eyi R 4.458 yezigidi kuqeqesho kunye ne R 183.942 yezigidi zeeRandi kwiintlekele. Zonke iinjongo zamafama amnyama nasakhulayo kunye nashishinayo kuquka noqeqesho zifezekisiwe okanye kukancinci ukuba zibe zezifezekisiweyo. Ngokumalunga nengxowa-mali yeentlekele (intlawulelo yezikhukula), sele kugqitywe amaphulo ali 11, kodwa njengokuba eli iliphulo elingaphezu komnyaka ixesha lalo, azikafezekiswa zonke iinjongo zalo okwangoku nje.

ngokoLungiselelo 5 lalo Mthetho, sifumene imali eyi R 4.07 yezigidi zeeRandi neyiyeyeNkqubo yeSibonelelo soLondolozo loMhlaba. Yonke loo mali isetyenziswe yaphela ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2015. Zonke iinjongo zethu zifezekisiwe.

ngokoLungiselelo 5 lalo Mthetho, sifumene imali eyi R 54.353 yezigidi zeeRandi nesisibonelelo se Ilima/Letsema. Yonke loo mali isetyenziswe yaphela ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2015. Zonke iinjongo zethu zifezekisiwe.

ngokoLungiselelo 5 lalo Mthetho, sifumene imali eyi R 2.248 yezigidi zeeRandi neyiyeyeNkqubo Yemisebenzi Eyongezwayo nguRhulumente (EPWP). Yonke loo mali isetyenziswe yaphela ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2015. Zonke iinjongo zethu zifezekisiwe.

Kufakwe ingxelo engophononongo lwazo zonke ezi mali zingentla nezisesibonelelo kwiSebe leZolimo aMahlathi nokuLoba (DAFF) yaye ngokoMthetho wolaHlulo lweNgeniso kaRhulumente (DORA) ifakwe nakwi ofisi kaZwelonke kwiSebe leMisebenzi yoLuntu kuRhulumente. Zonke ezi mali zithunyelwe kwi "Primary Provincial Bank Account" njengokuba kumiselwe ngokomthetho.

### 1.13 UMBULELO / UTHAKAZELELO

Ukuqingqwa kwengxelo yonyaka kungumzamo wabasebenzisanayo noqale ngokuphunyezwa kohlahlo lwabiwo-mali lweSebe kunye nesiCwangciso sokweNziwa komsebenzi woNyaka. Oku kuqingqa isikhokelelo sokwenziwa komsebenzi kunye nonikelo lweenkonzo. Ndithanda ukuvakalisa uthakazelelo lwam kuwo onke amagosa eli Sebe ngokufezekisa isicwangciso sonyaka ka 2014/15, kuba ngaphandle kwabo, esi cwangciso besiyakuhlala singathandabuzeki.

Uthakazelelo lwam luya kuMphathiswa wePhondo, uMnu Winde ngenkxaso andinike yona kulo nyaka yaye ndisekwambulela ngeminyaka emihlanu yokuvumela ukuvezwa kwendlela ezintsha zokusebenza ekhuthaza iSebe ukuba likhule linyukele kumgangatho ophezulu wokusebenzisana nabathathi nxaxheka kwimisebenzi yethu. Phambi kokuba ndigqibe, kubathengi kwiSebe kunye nakubathathi nxaxheba kwimisebenzi yethu, ndiyayithakazelela inkxaso yenu engagungqiyo nembopheleleko yenu ekusebenzisaneni nathi. Ngenxa yoko, kusekho imingeni emininzi yophuhliso phambi kwethu, kodwa xa sihlange, singayenza indlela yophuhliso ihambeke ngokukhawuleza sithi sonke kweli Phondo.

### 1.14 ISIPHELO

Ingxelo yonyaka ibonakalisa kwabayifundayo umfanekiso ngomsebenzi owenziwe liSebe ngohlahlo lwabwo-mali oluphunyezwayo kunye nesiCwangciso sokwenziwa koMsebenzi woNyaka. Isekwagqamisa nosukelo olufezekisiweyo, kodwa eneneni isekwakhumbuza iSebe ngezinto ekusafuneka zenziwe kwinkqubo yokufezekisa nokuqinisekisa icandelo lemveliso yeZolimo liyaqhubekeka kwindlela yophuhliso nethi ekugqibeleni izalisekise um'bono wabamanyeneyo, besombulula kunye necandelo lemveliso yeZolimo eliqhakazileyo sikwathathel'ingqalelo indalo.

### 1.15 IPHUNYEZIWE YAZA YATYIKITYWA

iGosa loNikelo Ngxelo liphumeze lwaza lwatyikitya ushicilelo lweeNkcukacha Zezimali olubhalwe kwiphepha 198-272



(Nksz) JS Isaacs

Igosa Lonikelo lweNgxelo iSebe LeZolimo

Umhla: 29 kuCanzibe 2015

## 2 USHICILELO LOXANDUVA NOKUQINISEKISWA KOKUCHANA KWENGXELO YONYAKA

Ngokolwazi lwam olunyanisekileyo nenkolo, Ndiqinisekisa oku kulandelayo:  
Lonke ulwazi kunye namaxabiso abhengezwe kuyo yonke le ngxelo yonyaka akaguqi-guqiki.

Ingxelo yonyaka iphelele, ichanekile yaye akukho zinto / lwazi lushiyelelweyo.

Le ngxelo yonyaka ilungiswe ngokwemigaqo yonikelo lwengxelo njengokuba ikhutshwe nguNondyebo kaZwelonke.

Ushicilelo lweenkcukacha Zezimali zoNyaka (iSahlulo E) senziwe ngokwendlela engumgangatho olungisiweyo wokuphathwa kwezimali ezinkozo kunye nesikhokelo esifanelekileyo kunye nemigaqo esiyithunyelwe nguNondyebo kaZwelonke.

iGosa loNikelo lweNgxelo linoxanduva lokwenziwa koshicilelo lweenkcukacha zezimali zonyaka kunye nokuphawula ngolwazi olufumanekileyo.

iGosa loNikelo lweNgxelo lunoxanduva lokuseka ze limisele indlela yolawulo lwangaphakathi noluyilwe ukuba isiqinisekiso ngokuthembeka nokuthembakala kolwazi olungokwenziwa komsebenzi, ulwazi olungezonedo loLuntu kunye noshicilelo lweenkcukacha zezimali zonyaka.

Abaphengululi zincwadi bangaphandle sele belungiselela ukuvakalisa uluvo oluzimeleyo ngoshicilelo lweenkcukacha zezimali zonyaka.

Kolwam uluvo, le ngxelo yonyaka ibonakalisa iintshukumo zokwenziwa komsebenzi, ulwazi ngokwenziwa komsebenzi, ulwazi ngezonedo loLuntu kunye nemicimbi yeZimali kwiSebe kunyaka-mali ophela ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2015.

Owenu Wenene



---

**(Ms) JS Isaacs**  
**iGosa Lonikelo lweNgxelo**  
**Ngomhla wama: 31 kuCanzibe 2014**

### 3 UBUCHULE BOKUSEBENZA

#### 3.1 UM'BONO

iCandelo lemveliso yeZolimo elimanyeneyo, elinezisombululo neliqhakazileyo nelisebenza ngokucingela indalo.

#### 3.2 INJONGO YOMSEBENZI

Kukuvumela ukubonakala kwamandla nesakhono kweZolimo ekuncedeni uqoqosho, ubutyebi ngolwazi lwendalo ephilayo nokuhlalwa kwentlalo ngabo bonke abantu baseNtshona Koloni ngo:

- Kukhuthaza ukudibana kwabathath'inxaxheba abafanelekileyo
- Khuthaza ukuveliswa kokutya okuthengekayo, okunesondlo, okukhuselekileyo nokufumanekayo, i fibre kunye nezinye iimveliso zezolimo
- Kuqinisekisa ulawulo oluzinzileyo lokulunga kwemveliso yendalo
- Kwenziwe uphando ngezifundo-nzulu ezibalulekileyo nezisilungeleyo kunye nophuhliso kolwazi lobugcisa
- Kwenziwe, kugcinwe ze kurheletywe izakhono kunye nabasebenzi abanolwazi namava
- Kunikelwe ngeenkonzo zengcebiso eziphilileyo
- Kuncedisa ukufumaneka kwemarike yecandelo lemveliso zezolimo liphela
- Kwenziwe igalelo ekuthomalaliseni ubuhlwempu nendlala
- Qinisekisa ngolawulo olungenazimfihlelo noluzana notshintsho.

#### 3.3 IIMPAWU ZENTSULUNGEKO

- ukuthembakala
- Ukufeza iimfuno zokwenziwa komsebenzi
- Ukunika iimpendulo
- ulawulo olululo
- ukunika izisombululo.

### 4 UMTHETHO KUNYE NAMAGUNYA

#### 4.1 IGUNYA ESILIFUMANA KUMGAQO-SISEKO

iSebe leZolimo eNtshona Koloni lifumana igunya lalo kuMgaqo-siseko pha kwiSebe 104 (1) (b) woMgaqo-siseko woMzantsi Afrika (Umthetho 108 ka 1996) nonika amaPhondo amagunya okupasisa imithetho ngayo yonke imisebenzi edweliswe kuLuhlu 4A (nehamba kunye) neSebe 5A (engeyamaPhondo kuphela). Imisebenzi ehanjiswa kunye iquka eZolimo, imfuyo kunye nokulawulwa kwezigulo nezifo, ulawulo lweentlekele, imvelo esingqongileyo, ucwangciso lwengingqi, ulondolozo lomhlaba, urhwebo kunye nophuhliso lweedolophi kunye neendawo zasemaphandleni. Imisebenzi engeyePhondo yona iquka ucwangciso lwePhondo, izilarha ezixhelayo kunye neenkonzo zonyango lwemfuyo.

uMgaqo-siseko usekwanika isikhokelo sokusebenza imisebenzi kaNdlunkulu kunye neyePhondo. iSebe 40 loMgaqo-siseko liseka ukuma korhulumente kaNdlu-nkulu kunye, owePhondo kunye nooMasipala. Usekwabonisa ukuba kufuneka urhulumente bale migangatho bohluwane, bancedane yaye basebenzisane. iSebe 41 (2) woMgaqo-siseko uthi kufuneka uMthetho wePalamente mawulawule intsebenziswano phakathi kwemigangatho emithathi karhulumente, nokukhokelele kuMthetho weSikhokelo kwiMicimbi yooRhulumente (Umthetho 13 ka 2005). Lo mthetho uqandusela amaqonga eengxoxo ngemisebenzi nokuququzelelwa kwayo phakathi kwemigangatho eyahlukileyo karhulumente.

Ekugqibeleni, akukho kugqibelela kwegunya loMgaqo-siseki kweliSebe ngaphandle kokuwoyamisa kuMqulu Wamalungelo (Isahluko 2) kunye noxanduva elunika amagosa. Okona kubalulekileyo kweli Sebe ngamalungelo angemicimbi engabasebenzi nengqesho (abaqeshi nabasebenzi) (Isebe 23), ukulondolozwa kwemvelo esingqongileyo (Isebe 24), ubumnini mhlaba/ isakhiwo (Isebe 25), ukutya namanzi (Isebe 27) kunye nobulungisa kulawulo (Isebe 33).

Umgaqo-siseko weNtshona Koloni, Umthetho 1 ka 1998.

## 4.2 Amagunya angokomthetho

- Umthetho weMfundo Ephantsi kwaBadala noQeqesho (Umthetho 52 ka 2000)
- Umqulu Wokutshintsha kwe Agri-BEE (Phantsi koMthetho 53 ka 2003)
- Umthetho Wolawulo lwemigangatho Lweemveliso zeZolimo (Umthetho 119 ka 1990)
- Umthetho ongeZifo zeMfuyo (Umthetho 35 ka 1984)
- Animal Identification Act (Act 6 of 2002)
- Umthetho ongeMeko zeNgqesho (Umthetho 75 ka 1997)
- Umthetho Wokuxhotyiswa Kwabamnyama kuShishino (Umthetho 53 ka 2003)
- Codex Alimentarius yoMbutho wezeMpilo kwiHlabathi (Umgaqo wokhuselo lokutya kwiHlabathi)
- Umthetho weeNkampani (Umthetho 71 ka 2008)
- Umthetho weWentlawulelo Yokwenzakala Emsebenzini kunye Nezifo (Umthetho 130 ka 1993)
- Umthetho OngokuLondolozwa kwemiJelo yeZolimo (Umthetho 43 ka 1983)
- Umthetho Wokukhusela Umthengi (Umthetho 68 ka 2008)
- Umthetho woKopolotyeni (Umthetho 14 ka 2005)
- Umthetho Ongokwabiwa kweNgeniso kaRhulumente (Yonke iminyaka)
- Umthetho Ongokuqesha Ngokulingana (Umthetho 55 ka 1998)
- Umthetho Ongokusetyenziswa kweMfundo noQeqesho (Umthetho 76 ka 1998)
- Umthetho Wokuqinisekisa Ukwandiswa kwexesha Lokuqesha Umhlaba (Umthetho 62 ka 1997)
- Umthetho Ongezichumiso, Isondlo seMfuyo, Amayeza wezityalo kunye namaYeza eMpahla (Umthetho 36 ka 1947)
- Umthetho OngeMfundo Ephakamileyo noQeqesho (Umthetho 98 ka 1998)
- Umthetho Wokuqinisekiswa kweNtsulungeko yeMfundo, Imfundo Ephakamileyo kunye noQeqesho (Umthetho 58 ka 2001)
- Umthetho Olawula iPenshoni Yabasebenzi bakaRhulumente ka (1996)
- Umthetho Ongolawulo Lwemihlaba Nezakhiwo zikaRhulumente (Umthetho 19 ka 2007)
- Umthetho weMfundo Ephakamileyo (Umthetho 101 ka 1997)
- Umthetho weRhafu yeNgeniso ka (1962 – 4th standard)
- Umgaqo woMbutho weHlabathi kwiinkqubo Zokuxilonga Kumagumbi Amachiza Ezifo zemfuyo
- Umthetho weHlabathi ngoMgaqo Ongezifo Zezityalo kwizizwe ngezizwe
- Umthetho Ongemicimbi Yengqesho (Umthetho 66 ka 1995)
- Umthetho OngokubuyiselwAa koMhlaba eLuntwini (Umthetho 3 ka 1997)
- Umthetho wePhondo ngoCwangciso nokuSetyenziswa koMhlaba (Umthetho wePhondo 15 ka 1985)
- Umthetho Wenkuthazo-ntengo Yeemveliso zeZolimo (Umthetho 47 ka 1996)
- Umthetho woKhuseleko lweNyama (Umthetho 40 ka 2000)
- Umthetho Wolawulo Lwamayeza (Umthetho 101 ka 1965)
- Umthetho Wamaphawu Orhwebo (Umthetho 17 ka 1941)
- Umthetho Wokugcinwa Kolwazi Olushicilelweyo (Umthetho 43 ka 1996)
- Umthetho Wolawulo Lweentlekele kuZwelonke (Umthetho 57 ka 2002)
- Umthetho woMgawo weMfundo kuZwelonke (Umthetho 27 ka 1996)
- Umthetho Wolawulo Lwemvelo kuZwelonke (NEMA) (Umthetho 107 ka 1998)
- Umthetho Osisikhokelo Seziqinisekiso zeMfundo kuZwelonke (Umthetho 67 ka 2008)
- Umthetho Wemisebenzi yobuNzulu-lwazi ngezeNdalo (Umthetho 20(3) ka 2003)
- Umthetho Ongamanzi kuZwelonke (Umthetho 36 ka 1998)
- Umthetho wezeMpilo noKhuseleko Emsebenzini (Umthetho 85 ka 1993)
- Umthetho Osisikhokelo Somgaqo Wokuthenga imaphla neenkonzo kubantu abebekade bevinjwa amathuba (Umthetho 5 ka 2000)
- Umthetho Othintela Ukukhutshwa kwabantu kwindawo yokuhlala ngokuNgekho-mthethweni kunye noMthetho Ongokuhlala emhlabeni womntu ngaphandle kwemvume (Umthetho 19 ka 1998)
- Umthetho oKhuthaza Ukufumaneka koLwazi (Umthetho 2 ka 2000)
- Umthetho Okhuthaza Ubulungisa kwezoRhulumente (Umthetho 3 ka 2000)
- Umthetho Wolawulo Lwezimali zikaRhulumente (Umthetho 1 ka 1999 njengokuba uguqulwe yang umthetho 29 ka 1999)
- Umthetho weeHolide zoLuntu (Umthetho 6 ka 1994)
- Umthetho weMisebenzi kaRhulumente (Umthetho 103 ka 1994)
- Umthetho weKhomishoni Yemisebenzi yoLuntu (Umthetho 46 ka 1977)

- Umthetho Wophuhliso lweZakhono (AUmthetho 97 ka 1998)
- Umthetho wemiRhumo yoPhuhliso Lwezakhono (Umthetho 9 ka 1999)
- Umthetho weziqinisekiso zemfundo kuMzantsi Afrika (Umthetho 58 ka 1995)
- Umthetho Ongokucandwa kweMihlaba yeZolimo (Umthetho 70 ka 1970)
- Umgqaqo Wezempilo yeMfuyo kwiHlabathi nongowoMbuthe weHlabathi kwiMpilo yeMfuyo (OIE – Office - International des Epizooties)
- Umthetho Wophawu Lokurhweba Umthetho 194 ka 1995)
- Umthetho wezoRhwebo (Umthetho 76 ka 1976)
- Umthetho Ongemisebenzi yeMfuyo kunye nemisebenzi encedisa kwezemfuyo (Umthetho 19 ka 1982)
- Umthetho Wokulahlwayo (Umthetho 59 ka 2008)
- Umthetho weeNkonzo Zamanzi (Umthetho 108 ka 1997)
- Umthetho Wolwabiwo Lwezimali eNtshona Koloni (Rhoqo ngonyaka)
- Umthetho Wemidliwo eNtshona Koloni (Umthetho 6 ka 2000).

### 4.3 IGUNYA ELINGOKOMGAQO WOLAWULO

#### eyaMazwe-ngamazwe

- linjongo zoPhuhliso kwiNkulungwane (MDG0)
- Inkqubo Epheleleyo yoPhuhliso lweZolimo e Afrika

#### Undlunkulu

- Isicwangciso Sophuhliso lweSizwe (NDP)
- Inkqubo yeeNtshukumo zeSizwe kunye neziphumo ezili 14 (NO)
- Amaphulo Obuchule ngoNcedo Olusisiseko (SIP) avela kwi NDP, ingakumbi ku SIP 11
- Ucwangciso Lobuchule lweZolimo kuMzantsi Afrika (sizakutshintshwa nge (IGDP)
- Isicwangciso soPhuhliso Lokuhluma ngeNdibaniselwano (IGDP)
- Isicwangciso seeNtshukumo kuMgaqo weZolimo (APAP)
- Inkqubo Epheleleyo yokuXhaswa kweZolimo (CASP)
- Inkqubo Epheleleyo yoPhuhliso lwaseMaphandleni (CDRP)
- Umgqaqo woKutya neZondlo kuMzantsi Afrika
- Isikhokelo kwiMfundo ePhakamileyo noQeqesho
- Ulungiselelo Lwezilwanyana zasendle
- Umgqaqo ozaqulunqwayo Emva kweMfundo noQeqesho (2012)
- Ukuhlolwa Okuzimeleyo kweNyama
- Isikhokelo soMgaqo weMfundo ePhakamileyo
- Inkqubo Yokhuselo loKutya neZondlo kuMzantsi Afrika
- Ulungiselelo lokuHlela imigangatho yeziLarha ezixhelayo kwiSizwe
- Ubuchule Bophando ngezifundo-nzulu kweZolimo noPhuhliso kuZwelonke
- IInkqubo eziSikhokelo sokuCacisa ngoQeqesho kweZolimo kuZwelonke
- Ubuchule kwiMfundo yeSizwe noQeqesho kweZolimo noPhuhliso lwaseMaphandleni kuMzantsi Afrika (2005)
- Isikhokelo sabaNcedisi kwiCandelo leZolimo kuZwelonke
- Isikhokelo seziQinisekiso zeMfundo kuZwelonke (NQF)
- Imimiselo nemigangatho kumaZiko oQeqesho lweZolimo kuMzantsi Afrika
- Imimiselo nemigangatho yabaHlohli
- Imimiselo nemigangatho yamaGosa Okutyelela Amafama kunye neeNkonzo zeeNgcebiso ngeZolimo
- Isicwangciso soBuchule kwi HIV ne AIDS kuZwelonke
- Isikhokelo seziQinisekiso zeMfundo kwimisebenzi (OQF)
- Umgqaqo weSebe leZolimo, Amahlathi kunye nokuLoba (DAFF) ngoNyango Lokuqala lweMfuyo
- Ukwenziwa kobuchule Bokuhlaliswa Nokuzinziswa koLuntu
- IGunya leziQinisekiso zeMfundo kuMzantsi Afrika (SAQA)

### **KwiPhondo**

- Ubuchule be OneCape 2040 kuPhuhliso Lwamabala aLeleyo kweli Phondo
- Isicwangciso soBuchule eNtshona Koloni kunye nezinye iinjongo zobuchule ngokugxile kwiziCwangciso zoBuchule kwiPhondo (PSO) 11: Kusandiswa amathubas okuhluma nophuhliso lweendawo ezisemaphandleni (PSO11)
- Isicwangciso soPhuhliso lweNdibaniselwano kooMasipala
- Ubuchule boPhuhliso Lwamabala Aleleyo kweli Phondo
- Isikhokelo Sobuchule kuQoqosho ngoKongiwa kweMvelo eNtshona Koloni.

### **4.4 IZIPHUMO ZEENKUNDLA ZAMATYALA**

umthetho i Subdivision of Agricultural Land Act (umthetho 70 ka 1970): Stalwo v/s Wary: Umnini-mhlaba wathengisa amasimi angumhlaba wakhe ukuba usetyenziselwe injongo yoshishino kwiimveliso. Uye wamangalelwa kwiinkundla zamatyala ngokubasemthethweni kwesivumelwano sabo sokuthengiselana. iNkundla ePhakamileyo yamatyala yagweba ngelithi, ngenxa yokuba umthetho i Sub-division of Agricultural Land Act (umthetho 70 ka 1970) usasebenza, isivumelwano sabo sokuthengiselana asibopheleli. Emva koko, iNkundla yeSibheni isiphikisile eso sigwebo ngelifun'ugonda ukuba ingaba umthetho i Sub-division of Agricultural Land Act (umthetho 70 ka 1970) usasebenza na? noko kunjalo, iNkundla yoMgaqo-siseko yona igwebe ngelithi eZolimo yindima yabo bobathathu oorhulumente.



5 ORGANISATIONAL STRUCTURE



## 6 AMAZIKO ANIKELA INGXELO KUMPHATHISWA

Name of Entity	Legislative Mandate	Financial Relationship	Nature of Operations
Casidra SOC Ltd	Companies' Act, Act 71 ka 2008	Izabelo zabo yi 100%	Ukuthomalalisa indlala ngokukhulisa uqoqosho; Ukuphuhlisa kwezakhono zabantu ngoqeqesho kunye negunya; Ukuzimela ngokwezimali ngokwenza ngokutsha kunye nolawulo olululo.

Izabelo zika Casidra SOC Ltd zikugcino loRhulumente wePhondo iNtshona Koloni phantsi kweliso lika Mphathiswa weZamathuba Oqoqosho kwiPhondo.

uCasidra SOC Ltd usekwe njengeNkampani yabucala phantsi koMthetho wolawulo lweNkampani, uMthetho ka 2008, (uMthetho 61 ka 1973, ngoku osele usebenza njengoMthetho 71 ka 2008) eneBhodi enye yabaPhathi. Ubumme beziko benziwe sisikhundla soMlawulo-Jikelele, nonoxanduva lokwenziwa kwemisebenzi yonke, kunye neGosa eliyiNtloko kwiZimali, nelinoxanduva lolawulo lwezimali nobhaliso, bobabini banikela ingxelo nqo kwiGosa eLongameleyo.

uCasidra SOC Ltd yiNkampani esekwe ngokwe Shedyuli 3D (Umsebenzi wamashishini kuRhulumente wePhondo), phantsi koMthetho woLawulo lweZimali zikaRhulumente (Public Finance Management Act), uMthetho 1 ka 1999. Eli Gunya labo liye laphononongwa kunye nobumme bezikhundla kwiziko labo kunye nokomelela ezimalini.

iGunya leliziko kukuphuhlisa ezolimo noqoqosho ngokwemeko yasemaphandleni nonikelo lwemihlaba eluntwini, ngokweSigqibo 271/2007 njengokuba saphunyezwa yiKomiti yabaPhathiswa beNkulu-mbuso yePhondo.

Kuyinjongo enkulu nomsebenzi ka Casidra SOC Ltd ukuphucula ubomi obuphilwa ngabantu abanengeniso ephantsi phakathi koluntu lwethu luphela, ingakumbi kwiindawo ezisemaphandleni kwiNtshona Kapa, ngophuhliso olungokuhlanganiswa kwabantu noluthi luncede ekusekweni kwendawo ezikwaziyo ukuzondla

# Isahluko B:

## Ulwazi ngokwenziwa komsebenzi

Ingxelo YoMphengululi-zincwadi: linjongo ezimisiweyo

44

Indlela Elisebenza ngalo iSebe

44

linjongo Eziphuma kwiziPhumo Zobuchule

62

Ingxelo Ngokwenziwa Komsebenzi ZiiNkqubo

69

Ukwenziwa kweentlawulo

116

## 1 INGXELO YOMPHENGULULI ZINCWADI-JIKELELE: IINJONGO EKUJONGWE KUZO

Jonga kwiphepha 190 lengxelo yoMphengululi Zincwadi-Jikelele, nelipapashwe njenge Ndim E: yolwazi ngezimali.

## 2 IMISEBENZI EYENZIWA LISEBE

### 2.1 imeko yonikelo lweenkonzo

Xa kwakumiselwa zonke iinkqubo zokwenziwa kwezakhono zangaphandle kuphuhliso lokwenziwa komsebenzi ezinje ngabafundela amava okwenza umsebenzi, (ukuphumelela imfundo ephakamileyo kunye nokufundela amava ekuqhutyelweni phambili kwephulo elingolutsha), inkxaso yokuhlululela imfundo, neNkqubo zoLutsha Olufundileyo (YPP's) kunye nokuqhubekela phambili kwephulo leNdibaniselwano yeZolimo kuPhuhliso loLutsha Olusemaphandleni. Inkqubo ye YPP iphinde yakumana ukuxhaswa ngokongezwa kwamaGosa Afundela eZolimo (APFP) unyaka wonke ngokuhlangene nabeBhunga Lokukhuthazwa kweZolimo kwiSizwe, kwaZulu Natala, iArhente yoPhuhliso lwe Agribusiness, uMbutho woQoqosho lweZolimo kumaZantsi e Afrika kunye nemicimbi engeemarike e New York nedibene ne Dyunivesithi i Cornell. Inkqubo ye APFP eMzantsi Afrika ijonge ekuphuhliseni iinkokheli ezisentsha ezifundele imisebenzi ekweZolimo. Nangona le nkqubo isentsha kangaka nje, unaniselwano lwabafundi kunye nolwezifundiswa ezaziwayo kwihlabathi selubonakalisa iziphumo ezintle. Le nkqubo inamanye amathuba ophuhliso eliwezayo. Indibaniselwano kweZolimo ngamaphulo ophuhliso loLutsha Olusemaphandleni lwavakaliswa kanye ngasekupheleni konyaka ka 2013 ngokusebenzisana noMasipala we Breede River Valley kunye namafama asi 7 aphuma kwingingqi ye Hex River. Eli phulo likunyaka walo wesibini ngoku. Ngaphandle kokunqongophala kwezakhono zokwenziwa komsebenzi nesinethemba lokukufeza ngokwenziwa kophando ngezifundo-nzulu nalapho sele silufumene usukelo ebesebisekile ngeemali zentlawulelo yemfundo edlulileyo kuleyo ibilungiselelwe kodwa sisakwazi ukuzihlawulela. Ali 123 amathuba okufundela amava ekuqhutyelweni phambili koLutsha (PAY), abaphumelele izifundo eziphakamileyo kunye nabafundi besebenza. Bangaphezu kwe 50% abafundi abakwinkqubo ye PAY abazondelele ukwenza izifundo kwimfundo ephakamileyo nabanga 50% babo ebenza izifundo kwezolimo.

Ukwenza esona sisombululo siphelilelileyo kukhuseleko kube ngumngeni kunoba bekucingeleka ngoba zinqabile izakhono zangaphandle ezikwaziyo ukwenza uvavanyo kumsebenzi onje ngalo. Nangona kunjalo, sele kukufutshane ukuba sigqitywe isigaba sokuqala salo msebenzi nje emva kokuqalisa kwenkqubo yokuthengwa kwempahla neenkonzo.

Ukuqhawuka kom'bane amaxesha amaninzi kuye kwalawulwa ngokuphazamiseka okungephi kwimisebenzi esiyenzayo, yaye kusaqatshelwa oku. Zitshintshiwe izicwangciso zokuqhubekela phambili ngomsebenzi yaye kwenziwe ulungiselelo lwamaxesha okuqhawuka kom'bane.

Kunikezelwe ngeenkonzo zokuncedisa uzinzo ekusetyenzisweni kwemijelo yendalo kuncedo lwezolimo lokulondolozwa imvelo esingqongileyo ngokokutshintsha okwenzekayo kwemozulu. Ukusetyenziswa kwe Fruit Loom real-time web, ekuthi ngayo kunikezelwe izixhobo zokuncenkceshela rhoqo ngeveki nezisebenzisa ulwazi olutsha ngokusetyenziswa kwamanzi kwizityalo zabo kunye nezinye i baromrter ezisi 8 zokukhulisa, yaye zisaqhubeka ukunika amafama ulwazi kuwo onke amabhuma alime iziqhamo/ nediliya kwiindawo ezifikelekayo kule ndlela isetyenziswayo. Rhoqo ngonyaka, iphulo le Fruit Look liqala ukusebenza kwangomhla 1 kweyeDwarha de kube sekupheleni kwexesha lokuncenkceshela ngomhla wama 30 kuTshazimpuzi. Abolawulo lokuGcinwa kwezinto ezisetyenziswayo (SRM) banikeze ngeenkonzo zobuNjineri nge- lokuncedisa kwimvelo kunye neendlela zolimo olunoqoqosho oluzinzileyo olunje ngolondolozo lwezolimo, ukuthintela ukungcola kwamanzi kusetyenziswa ezolimo kunye nokwandisa ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela eyiyo ngawo onke amafama ankcenkceshelayo. Olunikelo lweenkonzo lwenziwe ngenkxaso yamanyathelo angama 505 ee(ngxelo ngophando lofundo-nzulu, uyilo kunye nezatifiketi zempumelelo) eyenziwe kubathengi bethu nekuthe i 168 yabo yaba ngabaxhamla kwinkqubo ye CASP/ Ukubuyiselwa komhlaba kuLuntu. Kunikwe abathengi bethu abangamakhulu amabini anamashumi amathandathi ananye iingcebiso kwezobunjineri okwexeshana elifutshane okanye uqeqesho lokwandisa isivuno sabo nalapho i 174 yabo linikwe ulwazi noqeqesho lokwandisa ukusetyenziswa kwamanzi abo ngendlela eyiyo. Kunikwe amafama atyala kwiindawo ezinemvula enqongopheleyo nawe rooibos, inkxaso eyenziwe ngamanyathelo angama 47 ukuba auquke ekusebenziseni ulimo lwesiqhelo kodwa asebenzise ulimo lokulondolozwa ngelokwandisa ukutyeba kokuthwala komhlaba ze kugcinwe nokufuma komhlaba.

Ngokunikezelwa kweenkonzo zobunjineri kwezolimo kunye nokuKhathalelwa komhlaba, kunikezelwe ngeendlela zokusombulula ulawulo oluzinzileyo lwezinto ezisetyenziswayo kunye neendlela ezisetyenziswa ngazo. Oku kwenziwe ngemikhankaso emithandathu yokwaziswa koLuntu ngokuKhathalelwa komhlaba nemisetyenzana emithandathu yokuphuhlisa kwezakhono zokwenziwa kwemisebenzi. Zimalunga nama 18 036 iiHektare zomhlaba eziphuculweyo ngokweendlela zokulondolozwa komhlaba, ingakumbi ngokuphuculwa nokufakelwa kocingo olutsha lokubiyela oluthintela amarhamncwa ekungeneni kwiifama zee-gusha neebhokhwe. Eli phulo lokubiyela lwenziwe ngenxa yemali eyi R20 yezigidi nebezobelwe imisebenzi ye CASP. Kuhlaziye ama 396 ee plani ngenjongo zokumisela ulimo oluzinzileyo.

Inxenye yokukhusela imvelo yethu ekwezolimo kukuthintelwa kokughekeka kwemihlaba yezolimo ngokuphawula binzana emithetho efanelekileyo kwigunya elichaphazelekayo ze sense isindululo sokuse-tyenziswa komhlaba lowo. Zizonke zingama 899 izicelo zokucandwa komhlaba ze / okanye izicelo zokutshintshwa kwenjongo yokusetyenziswa komhlaba wezolimo ezithe zavavanywa saza saphawula ngazo. Olunye uncedo olwenziweyo kukuqinisekisa, uphando, ukuceba, ukuyila nokumiselwa kwesiqabu kumafama nokunika uncedo olufunekayo lobugcisa ngexesha lesigaba lokubuyiselwa esiqhelweni. Phakathi konyaka kuqhutyekwe ngamaphulo amabini okunceda kwizehlo zentlekele nebezongonyaka ka 2008 kunye no 2011/12 kwi Cape Winelands kunye noLungiselelo loncedo lwezikhukula e Eden.

Imali engange R43.2 yezigidi ebiyobelwe ukunika isiqabu kwizikhukula zonyaka ka 2008 isetyenziswe kwada kwasekupheleni kwenyanga yoKwindla 2015 ekwaxhiweni kodonga lomlambo ukuthintela ukukhukuliseka komhlaba komhlaba omhle notyebileyo wezolimo. Ngenza yokubambezeleka ekufumaneni isigunyaziso esifuneka sokokukhuselwa kwayo yonke imihlaba eselunxwemeni lomlambo ekubeni ingakhukuliseki, le misebenzi ayikwazanga kugqibeka kunyaka-mali ka 2014/15 yaye izakugqityezelwa ekupheleni konyaka ka 2015.

Kufunyenwe imali engange R 190.264 yezigidi neyobelwe ulungiselelo loncedo kwizikhukula zonyaka ka 2011 no 2012, nezinkwe imali engange R 183.943 yezigidi kunyaka-mali ka 2014/15. Kuphela yimali engange R12.24 yezigidi esele isetyenziswe ngenxa yobude bexesha elithathwa kukwenza isicelo semvume yokusebenza ngemvelo esingqongileyo kunye nephepha-mvume lokusebenzisa amanzi. Lo msebenzi uzakuqhubeka de kube phakathi konyaka-mali ka 2015/16. Abaniki zinkonzo zeenkqcebis abachongwe liZiko loLawulo lweNtlekele kwiSizwe baluqakumbele ubalo lomonakalo owenziwe zizikhukula kwinyanga yeThupha 2013 de kubengeyoMqungu 2014, ngenjongo yokuqinisekisa ixabiso elichaziweyo kumonakalo. Ezi ziqinisekiso zisetyenziselwe ukufumana imali yokubuyisela umonakalo wezikhukula kwimo ebekuyiyo ngaphambili.

AbeNkqubo yokuXhaswa nokuPhuhlisa kwamaFama (SFD): baqhubele phambili ngokwenza umsebenzi wabo wokuxhasa nokuphuhlisa amafama enjongo yako ikukwenzela eli ziko imeko yokurhwebesha oomakhwekhwetha kweli candela nokwenza igalelo kucwangciso nokwabiwa kwezimali ngokushiyana kokubaluleka ekwinjongo yokuBuyiselwa komhlaba kuLuntu. Zilishumi iiKomiti Zolwabiwo lweeMveliso zoRhwebo (CPAC) ezisebenza ngokupheleleyo nezihlala iintlanganiso rhoqo ngenyanga ngelokuphonononga izicelo zenkxaso kumafama.

Inkqubo ephantsi kwe FSD neyiNkqubo yokuXhaswa nokuPhuhlisa kwamaFama basebenzele ezi ziphumo zilandelayo: bagqibe 134 yeevavanyo zamafama, yaza yaxhasa i 113 yezicwangciso zeefama, 83 zamafama asakhulayo kunye nama 35 amafama ashishinayo. Le nkqubo ephantsi ilidlulile usukelo ebe ilusikelwe ngenxa yokuhula kokufunwa kobuyiselo lwemihlaba kuLuntu (DLRC) nangenxa yenkxaso esiyifumene kumaqalis zethu engamafa.

Inkqubo ephantsi kweenkonzo zeeNgcobiso nokuHanjelwa kwamaFamasebenzele ezi ziphumo zilandelayo: imiboniso yezolimo engama 75, kwahlinzekwa ii"farmer's day" eziyi 31, kwenziwa uphicotho lwezakhono ezingama 67, kwaxhaswa amaphulo ayi 26 ngokubek'esweni ze kwaxhaswa ama 4 546 amafama ngeengcebiso. Azifwezanga iinjongo yenani lamaphulo axhaswe ngokubekwa esweni ngenxa yokuba amagosa okuthantamisa ukwenziwa komsebenzi ebesele obelwe ukwenza eminye imisebenzi yamaphulo.

Inkqubo ephantsi kokhuselo lokutya: basebenzele ezi ziphumo zilandelayo: i 103 yamaphulo oLuntu, amaphulo angama 33 ezitya zesikolo ze kwaxhaswa amakhaya ali 1 356 nathe kwaxhamla abantu abanga-

ma 2 132. Le nkqubo idlulile kusukelo ebisikelwe lona ngokumalunga namaphulo okuxhasa uLuntu nasekuhlaleni ngokwesigqibo seSebe leZolimo Amahlathi nokuLoba (DAFF) sokuba imali ebiyobelwe amafama atyalayo nawobisi ithathwe ze isetyenziswe ekuxhaseni izitiya zokutya. Nangona kunjalo, kubekho umngeni ngokumalunga nabathathi nxaxheba abangabaxhamli nabakhethe ukuba ngamaqela amancinci ukuze siqiniseke ngozinzo.

Nje ngegalelo ekuzalisekiseni linjongo Zophuhliso kwiNkulugwane (MDG, 11) kunye nesiphumo seSizwe 7, ngomhla we 17 kweyeDwarha, iSebe lenze isikhumbuzo soMhla Wokutya kwiHlabathi (WFD) e Suurbraak phantsi koMasipala wase Swellendam. Ngentsebenziswano noMasipala wase Swellendam kuxhaswe izitiya ezisi 7 zoLuntu kunye ne 108 yezitiya zamakhaya, njengenxenye yephulo le WFD. Ngaphezu koko, eli phulo lenziwe ngokuhlangene kunye namanye amaSebe kaRhulumente athatha inxaxheba kukhuselo lokutya kunye nesipho sesisa esivela kwa SAB, ngokuthi bavave ngesitiya seentyantyambo kunye nezitiya zasemakhaya.

Kuba eyona nto iphambili kukubuyiselwa komhlaba kuLuntu, ngomhla wama 22 kweyoMsintsi 2014, iSebe lihlinzeke uMhlangano Wokubuyiselwa koMhlaba kuLuntu. Injongo yalo mhlangano ibi kukuhlanganiso abathathi nxaxheba abohlukeneyo nabanomdla kwezolimo nakwicandelo lokusongelwa nokupakishwa kweemveliso zezolimo ukuba baxoxe ngokubanzi ngokubuyiselwa komhlaba kuLuntu, babonisane ngemingeni ngezixhobo zokuncedisa ukusebnza umhlabaze benze izindululo emaziqaliswe ukwenziwa kweli Phondo ngokuhambisana ne NDP. Ngokwendlela eyiyo, umhlangano waphawula iingongoma ezintandathu emazinikwe ingqwalasela: isisombululo senkxaso mali yemisebenzi yokubuyiselwa komhlaba kuLuntu, ukungena kwiimarike, ukuphawulwa kwemihlaba, ukuphuculwa cebiso kutyelile lwamafama, ukusekwa kweKomiti yeMihlaba neZolimo kwiSithili (DLAC's) kunye nokumiselwa kwamaphulo okubuyiselwa komhlaba ngokukhawuleza. Impendulo kwimingeni ephakanyiswe licandelo lezoshishino kwezolimo kulo mhlangano, iSebe limisele Iziko leGunya Elinika iiNgcebiso ngokuBuyiselwa koMhlaba kuLuntu (LREAD) kunye nomnyango wokuncedisa kwezobugcisa (UTA) ukuba bancedise amafama ngokuceba, oosomashishini, ooMasipala kunye nabanini-mhlaba, ukuze bamise amaphulo okubuyiselwa komhlaba kuLuntu ukuze kubekho inguqu kwezolimo. Ngaphezu koko, lo mnyango uyakuncedisa i DLAC kwiPhondo liphela. Ebudeni bonyaka, kuvele kwimixholo eliqela yemithombo yeendaba ezimalunga neziganeko ezinobungozi kakhulu zokuxhelwa kwemfuyo engamakhulu ngeendlela engekho-mthethweni, ngendlela engamkelekanga, yonke imihla kwiilokishi ezikwisiXeko seKapa. Oku kukhokelele kwileta ebhalwe ngamagqetha ombutho i "Cape of Good Hope" SPCA isiya kwiGosa Eliphakamileyo kwiPhondo ngokoMthetho Wokhuseleko lweNyama, Umthetho ka 2000, becela ukuba iSebe lithathe amanyathelo kwabo bophula lo mthetho. Amagosa esinawo ajongene neMpilo yeMfuyo yoLuntu akakwazi kumelana nomsebenzi wokulawula izilarha ezisemthethweni, kobekela phi kuninzi lokuxhelwa kwemfuyo ngokungekho-mthethweni kweli Phondo. Ubuninzi nokuxhaphaka kokuxhela ngokungekho-mthethweni kunye nokungathathwa kwamanyathelo kubangela umngcipheko wokudaka kwegama leli Sebe.

Abenkqubo yeeNkonzo Zonyango lweMfuyo bafumene izicelo ezininzi zokubulawa kwenciniba ezindlongo-ndlongo ezikumaziko angabhaliselanga ukugcina zinciniba phantsi kweSaziso ngeNkqubo yeziLwanyana (VPN 04). Ezinye zezindawo yimiyezo eyaziwayo yogcino lwezilwanyana, iifama ezinkulu kwakunye neefama ezisakhulayo kweli Phondo. Nangona ezinye zezi ndawo zenze isicelo sokungabopheleleki kwiSaziso seNkqubo yeziLwanyana (VPN 04) kuMphathi weMpilo yeziLwanyana we DAFF, kude kube ngoku, azikafumaneki ukukhululwa kokungabopheleleki. Lo m'ba usaphandwa.

Uxinezelelo kulawulo olusemthethweni lweSifo soChwane nenyebethu kumaPhondo asemantla nanoxanduva lokulawula ukosuleleka kwesi sifo, kusakuqhwalalisa ukungena ezimarikeni, ingakumbi ukurhweba namazwe eMnanyano yase Yurophi ngenyama yeziLwanyana. Ngaphandle kokungabikho koMkhuhlane weeNkukhu owosulela kakhulu kweli lizwe, kulo nyaka, i DAFF ayikhange ithathe manyathelo okuvula imarike yokurhweba ngokuthunyelwa kwenyama yeenciniba ephuma eNtshona Koloni kumanye amazwe. Elona lizwe sirhwebelana nalo ngokuthumela inyama yeenciniba yiManyano yase Yurophi. Noko kunjalo, kuthunyelwe igcuntswana lenyama engavuthiswanga yeenciniba kwiManyano yase Yurophi.

Ngenxa yokomelela kwe Dollar, kukhulule ukuthengwa kwemveliso yethu kulo nyaka kwada kwavuleka neemarike ezintsha ezithe zaphunyezwa.

Eyona nkonzo inikelwa yiNkqubo: yeeNkonzo zoPhuhliso loPhando ngezifundo-nzulu noBugcisa (RTDS) Zijoliswe kwezi zilandelayo:

Kukunika ulwazi olubalulekileyo lobuGcisa kumafama oshishino nakumafama asakhasayo kunye nakwabanye abathath'inxaxheba ngezifundo ngophando kunye nophuhliso lolwazi lobuGcisa olusekelwe kubantu nonikelo lwezisombululo, nolwenziwe licandelo eliphantsi kubunzulu-lwazi ngemfuyo. Sele kudityenwe nabanegunya lezifundo ngophando ngeemveliso ezithile kumaqonga okwabelana ngolwazi kunye neeseshoni zoqhakamshelwano lwaze lalungelelaniswa neemfuno zophando zeli candela. Kubanjwe iintlanganiso ezingama shumi amane anesithandathu kunye nemibutho ekwelicandelo lemveliso nge- lokuxoxa ngeemfuno zezophando. Kwenziwe amaphulo alikhulu elinesine (104), kwaza kwaphunyezwa 18 yamaphulo amatsha kwaza kwaqakunjelwa amaphulo angama 24, lonto yenza ukuba lilonke inani lamaphulo ekupheleni konyaka-mali ka 2014/15 abe ngama 98. Iinkonzo zethu ziquka nokuhlalutywa komhlaba yonke (GIS), ungcipheko kunye nolawulo kunye neenkonzo zohlalutyo lomhlaba, amanzi kunye neesampulu zezityalo ngelokuncedisa abathath'inxaxheba ekuthatheni izigqibo ngezixhobo abanazo kunye nokusetyenziswa kwezichumisi kunye namachiza ezolimo.

Kusasazwe kwaza kwaziswa uLuntu ngolwazi olufanelekileyo nolutsha kubuGcisa kunye nolwazi ngobunzululwazi ngokunikisa ngeencwadana eziqulathe ulwazi, imibhalo epapashiweyo, ukuqokelelwa kweqela elithile kunye nangemiboniso, nangenkqubo ekuthiwa yi on farm "walk and talk" nedlala kunomathotholo kunye neentetha kunomathotholo. Kusasazwe ulwazi lweziphumo zophando ngezifundo-nzulu kubathengi ngokuthunyelwa ngeekhompyutha nokuquka kwintetha yomntu nomntu ngamnye, 22 yenkqubo zikanomathotholo u "walk and talk", unikelo-ntetha oluphindwe kayi 206 kumafama kunye nezinye iiseshoni zolwazi, ukuququzelelwa kokuthunyelwa kolwazi ngobuGcisa kube kali 11, 161 yokusasazwa kweencwadana ezithandwayo, 25 yeencwadana zolwazi, kuquka namaphepha angophando neengcebiso abhalwe ngabaphandi kunye namapheke-pheke ayi 108 kwiiNkomfa kunye namaphepha abhalwe ngolwazi oluphandiweyo ayi 40.

Kukunika iikonzo zezophando nezesiseko kwiinkqubo ezimbini eziphantsi eyeyenkqubo yeSebe kunye namanye amaziko ezifundo ngophando lwangaphandle kunye nabathengi abaphuma kwiifama ezisixhenxe zophando. Ezi fama zigcinwe ngolondolozo lwento yonke zaze zaphuculwa ukuze zikwazi ukuxhasa iinzame zophando ngezifundo-nzulu ngako konke ezinako. Kubanjwe iintlanganiso eziyi 14 zeKomiti yobuGcisa kwiifama yaye zilungelelanise umzamo wezifundo ngophando nesiseko esifunekayo. Ulondolozo nokugcinwa kokusebenza kwezi fama nako kufumene ingqalelo yaye kukho amanyathelo enziweyo ngaloma m'amba.

Ukuze abavelisi bezolimo (abashishinayo nabasakhasayo) bakwazi ukwandisa imveliso yabo, basebenzise imali encinci kodwa bavelise kakhulu, ubugcisa ngundoqo obaluleke kakhulu. Ngoko ke, iinzulu-lwazi kwiziseko zoncedo zigqwesile kwisigqibo sazo esitsha sokuxhasa ngezixhobo, ngelixesha iinzulu-lwazi lwemfuyo nezityalo besebenzisana kakhulu nemibutho yezorhwebelwano ngelokuveza ubugcisa obutsha obunemveliso eninzi ngeendleko eziphantsi apho kunokwenzeka.

Akukhange kufumaneke ziingxaki zinkulu ekunikelweni kwale nkonzo. Noko kunjalo, lusekhona ugrogriso esinalo olungumkhuhlane weenkukhu "i Avian Influenza" (AI) kumhlambi wethu weesampulu, ingakumbi kwingingqi yase Oudtshoorn, kunye nokungaqiniseki kweli candela lemveliso lusabangela umngcipheko kwimpahla kwimfuyo esenza ngayo iseempulu. Kuye kwenziwa iinzame zokuthibaza olu ngcipheko ze kwalandelwa ukuthotyelwa kokulondolozwa kwendalo ephilayo.

Kodwa noko kunjalo, kuyakhula ukusetyenziswa kweenkonzo zophando lwethu kunye neengcebiso ngobuGcisa, ingakumbi kwiimveliso zolimo eziphila kulo naluphi na uhlobo lwemo-zulu, ukusetyenziswa kwazo zonke izisekelo zemveliso (sebenzisa imali ephantsi ngesivuno esikhulu) kunye nokuthathwa kwezigqibo ezingaqhelekanga neendlela ezisetyenziswayo. Iphinde yema ngenyawo intsebenziswano phakathi kwabaphandi ngezifundo-nzulu, imibutho ekwelicandelo kunye namafama. Ezi ntshukumo azinikanga abaphandi nje ithuba lokusasaza ulwazi lobugcisa kubathengi bethu, kodwa ziveze iimfuno zabaphandi nezona nkalo zithandwa ngabathengi kubaphandi kunye nokulungelelaniswa kwekomiti yophando ngezifundo-nzulu. Kuphinde kwangundaba-mlonyeni ukufuneka kolwazi lobunzulu-lwazi kunye nelobugcisa ngeendlela eyaziwayo liqela labaphandi.

Kumgangatho okumazwe-ngamazwe, umbutho woKutya kwiZizwe ezimanyeneyo kweZolimo bacele uku-

ba abenzi bemiganqo-nkqubo ukuba baxhase uthotho lweendlela zokutshintsha iindlela zokuveliswa kokutya kwiHlabathi ze kuqulathe izinongo zempilo yaye kungapheli. Kodwa ke, uvumile ukuba ihlabathi alinakuxhomekeka ekufakweni kwezimali ukuze landise imveliso yaye nezisombululo ebeke zasetyenziswa ziphelelwa lifuthe. Kufuneka kusetyenziswe enye indlela yokulima ngokwendalo kunye nokulima izithole ezithwala ngokuhambelana nemeko yemo-zulu ekhoyo, yaye ze kwandiswe nge 60% ukusetyenziswa kwendalo ephilileyo nokusetyenziswa kwezithole ezitshintshwe indalo yazo ukuze kufikelelwe kumlinganiselo wokufuneka kokutya kokondla abantu abali 9 lezigidi-ngezigidi. Nangona eli Sebe lityale imali ekusetyenzisweni kwezinye zezi ndlela, ezinye ezinjengokusetyenziswa kwendalo ephilileyo zisafuna ukunikwa ingqwalasela ukuba ngenene sifuna ukwandisa ukutya.

Kumgangatho weli lizwe, ukuhla kwamaxabiso kuqoqosho lonyaka-mali ka 2008/09 nokunyuka kwamaxabiso emva koko kwabangela ukuma kuqoqosho loMzantsi Afrika de kwangunyaka ka 2014. Awuzange ucingelwe umonakalo walo ngoba oku kunyuka kwamaxabiso kwanwenwela kuzo zone inkalo zoRhwebo kwiHlabathi. Zikhona iimpawu zokubangcono kuqoqosho ngoku, kodwa uqoqosho alukomeleli noko, oku kuboniswe kukuhla komdla ngabatyalizimali bamanye amazwe. Nangona uMnyango woTyalo-Zimali kuShishino lweeMveliso ZeZolimo uvelise imali engange R 225 yezigidi nelingana nemali elungiselelwe ukusetyenziswa kutyalo-mali kwezolimo nakwicandelo loShishino kwezolimo, oku kubalelwa kubatyalizimali beli lizwe nokwandiswa kwamaphulo. Kodwa ke kusakhangeleka ngathi ingxaki yom'bane yoba nefuthe lokudodobalisa utyalo-mali. Ngaphezu koko, um'ba wokucima kom'bane (ngamaxeshathile) nako kungumngeni kumafama kuba exhomekeke kakhulu ekusebenziseni um'bane, ingakumbi kwimisebenzi yokwenza imveliso nokusongelwa, ukunkcenkceshela nokugcinwa kweemveliso. Ekugqibeleni oku kulifuthe elivakala kuqoqosho lwePhondo kunye nelizwe lethu liphela, njengokuba eli candela linegalelo elikhulu kuhlumo loqoqosho. Isiphumo soku kukulahlekelwa yimisebenzi kwabantu abaphangelayo nekuyinto engafunekiyo kwilizwe elinabantu abaninzi abangaphangeliyo njengoMzantsi Afrika.

Ngaphakathi, iNkqubo yeNkonzo zezoQoqosho kweZolimo (AES) ifumene umdla okhulayo wokusekwa kooKopolotyeni. Ngenxa yoko, kwenziwe iworkshop ezininzi ngelokufundisa abantu ngooKopolotyeni. Kodwa nale into ibenemingeni enayo ngoba kuye kwafuneka ukuba amagosa ethu asebenze ngamaxeshathine anzima nageempela-veki khon'ukuze bafumaneke abathengi bale nkqubo. Ingxowa-mali ye AgriBEE iye yaphakamisa amathemba kwaba banto kuba kubuzwe imibuzo emininzi ngale nkqubo. Ihamba kade inkqubo elandelwayo phambi kokuphunyezwa kwezicelo kodwa ke noko libekho iphulo elinye eliphunyezweyo lalapha eNtshona Koloni nelilelokuqala ukwenziwa apha kweli lizwe. Nangona bekukhula ukufunwa kweziinkonzo, iNkqubo ya SAET iye yashiywa ngabantu abaninzi ze amagosa asaseleyo enza umsebenzi omninzi wokuvala izikhewu zokushiywa ngamanye amagosa, oku kuphenjelelwe yinkqubo yokuqaya abasebenzi abatsha nethatha ixesha elide.

Inkqubo ye SAET iqhubekile ngokunikela ngeenkqubo zoqoqosho oluvunyiweyo kwakunye nolo lungakavunywakunye nezakhono zoqoqosho kuzo zombini izigaba zemfundo ephakamileyo kubathathi nxaxheba nakwabo banga bangathatha inxaxheba kwicandelo leZolimo kweli Phondo. Le Nkqubo ihlohle izifundo ezikwimisinga emine eyahlukileyo kumgangatho wedidanga nezizezi ilandelayo, B Agric Certificate ekukhuliseni nasekukhweleni Amahashe, iDiploma kweZolimo, noBugcisa Bokuvelisa iwayini kunye ne Satifiketi Esiphezulu kweZolimo, kubafundi abangama 442. Ngonyaka ka 2014 abafundi abali 138 bathweswe izidanga kwimfundo enomsila.

Lubekhona neqela lezifundo ezingekho-sesikweni nezithe zahlohlwa apho kuxhamle abantu abangama 2 808 kolu hlobo loqoqosho.

Kwenziwe uphando ngokuqwalasela umehluko esiwenzileyo ngenkqubo yoqoqosho lamava okwenziwa komsebenzi nahlohlwe kule minyaka mihlanu idlulileyo ze kwenziwa izilungiso ezifunekayo kwezi nkqubo. Bangama 55 abafundi ababhalisileyo ekuqaleni konyaka ka 2014 nalapho abangama 44 bephumelele inkqubo yokufunda ngamava konyaka ka 2014. Ngaphezu koko, i 13 lidluliselwe ngempumelelo kwimfundo Ephakamileyo noQoqosho, ngenxa yomsebenzi wabo. Ababini kwaba bafundi babhalisele ukwenza izifundo zemfundo enomsila kwi B Agric, noxa i 11 lona libhalisele ukwenza izifundo kwinkqubo yeSatifiketi seMfundo Ephakamileyo. Ngo 2014, ngabafundi abangama 66 ababhalisele ukwenza izifundo zamava ngomsebenzi kumgangatho ka NQF level 4.



Kumiselwe ngokungakhawuleziyo isicwangciso sokuhlaziywa ngokutsha iikholegi zeZolimo, kwasetyenziswa iimali ebezigeleshiweyo zengxowa-mali ye CASP kunye ne ECSP ekuxhaseni ukwenziwa kwezona ntsika zolu cwangciso. Kuphuculwe iindawo zemfundo nolonwabo kwiindawo zokufundela jikelele, ingakumbi emagumbini ekulalwa kuwo.

AbeNkqubo yokuQuquzelela uPhuhliso lwasemaPhandleni (RDC) bagqibezele unyaka-mali ka 2014/15 ngesivumelwano esityikitywe phakathi kweli Sebe kunye ne-ofisi ye DRDLR kwiPhondo ngokuthi kugxilwe ekumiliseni umsebenzi kuphuhliso lwezi ndawo zokuhlala zili 16, endaweni yokuba zandiswe zibe ninzi ngakumbi. Eli 16 leendawo zokuhlala neziphuculwayo zithatha inxaxheba kwi CRDP. Ngama shumi amathathu anesithandathu amabhunga abathathi nxaxheba athe axhaswa ze kwaququzelelwa i 13 yeeKomiti zoLawulo lokusebenzisana phakathi kwamaSebe (ISC's). kuye kwahlalelwa iindibano ezingashumi amahlanu anesine kweliPhondo liphela kunye namaSebe abandakanyekayo. Kuzuzwe amaphulo ophuhliso alikhulu elinesibhozo kwiindawo zokuhlala ezisemaphandleni nakhokelwe ngabaqabane anomdla, amiselwa ze abe abekwe asweni. Kuqeqeshwe bebonke abaxhamli abali 1 742 kubahlali kumaphulo ohlukeneyo. Mine imihlangani yamaqela ahlange kwakane kwimihlangano yoPhuhliso lwasemaPhandleni kweli Phondo nethe yazinyaswa ngabameli ngelokunika isikhokelo kuphuhliso lwasemaphandleni kwiPhondo. Imiyezo kweZolimo isahleli iyindawo ekujongwe kuyo yi DRDLR neyiyeyona ikhokelisa iindawo ezisemaphandleni kunye neendawo ezisaphuhliswayo. Imihlangano eliqela nehlinzekwe ngabe DRDLR kulo nyaka, kuquka ne Indaba ethe yahlinzekwa ngaBobuyiselo loMhlaba kuLuntu, ngomhla wama 20 kweyoKwindla 2015, iqinekise ukuba inene, imiyezo yezilwanyana phakathi kwezinye ezine, yiyo ekujongwe kuzo, nezizezi zilandelayo: Ukusekwa kweeKomiti zoMhlaba kwiSithili, Indlela yokwabiwa kwemihlaba ngokulionganayo 50/50, imiaHlaba yaBucala kweZolimo kunye nemiHlaba yabaniniyo bakwamanye amazwe, njengezona ngongoma zibalulekileyo. Ezi ngongoma zezona zizakuba kujoliswe kuzo ngophuhliso lwasemaphandleni, kulo nyaka uzayo.

Ngamawaka asibhozo ngamakhulu mane anamashumi alithoba anesithathu abasebenzi basezifama kunye neentsapho zabo abahlanganiselwe ukwenza izifundo kwiinkqubo zoqeqesho ngokuphila ebomini kunye nophuhliso. Kuxhaswe amaphulo angamashumi amabini anesithathu, isihlanu sawo sigxile ekuvundliseni uLuntu ngokusebenzisa iziyobisi kunye nokuzithintela. Kuncedwe abasebenzi abangamakhulu amane amashumi mane ananye kuquka neentsapho zabo, ngokuthi bathunyelwe kwiindawo ezinokufumana kuzo uncedo yaye neqeka lophuhliso lwabasebenzi basezifama luthathe inxaxheba kwiintlanganiso ezingamashumi amathathu anethoba zeSithili. Kuhlizekwe ukhuphiswano olube ngamangeno alishumi elinesihlanu kwiNkqila ze lwalunye kwiPhondo nolubenabagqatswa abfikelele kwi 1 057 lwabasebenzi basezifama abathathe inxaxheba. Eli nyathelo ngumzekelo omhle wokubandakanyeka kweSebe ekuqapheleni indima ebalulekileyo eyenziwa ngabvelisi (abasebenzi basezifama), kwicandelo lasezifama. uMnu Jerome Thomas ophuma kwifama iKanonkop ese Stellenbosch, nguye othe wawongwa njengophumeleleyo kweli Phondo kunyaka ka 2014.

Uphando ngabasebenzi abahlala ezifama kwi Cape Winelands kunye nezinye inkqila ezise Overberg ezinje nge Swellendam kunye ne Agulhus sele zigqityiwe yaye iziphumo zengxelo zinikezelwe ngumniki zinkonzo ochongiweyo. Uphando kumakhaya asezifama kwi West Coast kunye ne Eden lusenziwa. Kusafuneka kunikelwe ingqalelo into yokuba alufezwanga usukelo ebelubekiwe lokugqityezelwa kwezinye iZithili ezimbini kunyaka/mali ka 2014/15, ngenxa yokuba eli phulo esiyonto nje yokufanisa abasebenzi basezifama kodwa lingumzamo omkhulu wokubandakanya abasebenzi basezifama kangangoko abakweli Phondo, kumgangatho wamakhaya abo. Olu phando nalo lelokuqala kweli lizwe yaye yilento luyinto enzima ukusebenzisa imingeni, iindleko kunye nexesha elifunekayo kwisithili ngasinye, njengokuba yayiluyikelelo kuba lungazange lwenziwa ngaphambili.

## 2.2 ISICWANGCISO SOKUPHUCULWA KONIKELO LWEENKONZO

### Ezona nkonzon zinelwayo kunye nomgangatho

Ezona nkonzon zizikelayo	Abaxhamli- zinkonzon	Umgangatho/owona mgangatho weenkonzon	Umgangatho esiwufunayo kunikelelo zinkonzon	Imisebenzi Ephunyeziweyo
<b>Kukuhambela amafama kunye nonikelelo lweengcebiso kumafama</b>	Ngamafama asele ekwezolimo (aziphiliso, asakhulayo kunye nashishinayo)  Abaxhamli kwinkqubo yoBuyiselo loMhlaba kuLuntu	Kukutyelala 1 430 yeefama ngelokunika iingcebiso senze negalelo ekunikweni kwabantu imihlaba elungele ezolimo (Usukelo lwethu beluyi 1 25)  Kunikwe iingcebisi nenkxaso kumafama angama 4 290 (Usukelo lwethu belungama 3 650)	Kukutyelala 1300 yeefama ngelokunika iingcebiso senze negalelo ekubuyiselweni kwemihlaba kuLuntu.  Sinike amafama angama 3 700 iingcebiso nenkxaso.	Kwenziwe utyelelo kumafama ali 1 765 ngelokunika iingcebiso negalelo kubuyiselo lwemihlaba kuLuntu.  Kuxhaswe kwaza kwandikwa iingcebiso kumafama angama 4 545.
<b>Kukuvundlisa uLuntu malunga nokwenziwa kokutya kunye nezifo zemfuyo</b>	KuLuntu ngokubanzi	Kukuvundlisa lonke uLuntu lweNtshona Koloni ngokusasazwa kwamaphekepheke angama 1 220, namaxwebhu ali 12 (olunye uniko maphepha lurhoxisiwe ngenxa yokuba kungathi kuzakutshintsha imilo yegama lelioSebe kweliPhondo) zili 15 iiseshoni zokuvundlisa uLuntu ezenziwe kungakamali ka 2013/14.  <b>Omnye umsebenzi Ophunyeziweyo:</b>  Sinikele ngoqeqesho kwizilarha ezixhelayo nokube ngathi ziseshoni zolwazi okanye uqeqesho olwenziwe kwezo ndawo iintsuku azingama 40 apho kuqeqeshwe abasebenzi ekuhloleni inyama, iindlela ezisemthethweni zokuxhela, ukuzingela izilwanyana kunye nokusebenza ngokusempilweni	Kukuvundlisa uLuntu lweNtshona Koloni luphela ngokunikela amaphekepheke angama 1 750, namaxwebhu angama 40 kwiiseshoni ezingama 22 ngamathuba akwiindawo ezifaneleki-leyo ngokuthe gqolo.	Ewonke ngamaphepha ali 1 057 asasazwe ngamagosa ethu, 40 yamaxwebhu isasazwe kulo nyaka sikuwo kunye nama 23 eseshoni zokuvundlisa ezenziwe kwiindawo ezim'balwa kweli Phondo.  <b>Omnye umsebenzi Ophunyeziweyo:</b>  Amagosa ethu athathe inxaxheba kuqeqesho lwezilarha ezixhelayo nokuhlolwa kwenyama kucocoko lwezilarha nenyama. Kuthathwe ngaphezu kwama 45 eentsuku kolu qeqesho kulo nyaka.

**Amalungiselelo e Batho Pele kunye nabaxhamli (ukufumana uthethwano njl.njl)**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Okona sikufezileyo
<p><b>Ukutyelela nokunikela ngeenkonzko ze- ngcebiso kumafama</b> <b>Uthethwano:</b></p> <p>a) Ingxelo eya kuLuntu</p> <p>b) uMbutho wabeZolimo kunye namalungu awo</p> <p>c) lintetho kunomathotholo</p> <p>d) lintlanganiso zeqonga leengxoxo phakathi kweSebe namaqabane anomdla.</p> <p>e) Imbalelwano ebhaliweyo</p> <p>f) Umhla wamafama</p> <p>g) Uthethwano ngomnxeba</p> <p>h) iE-mails</p> <p><b>Ukufikelela:</b></p> <p>a) Department of Agriculture, Private Bag X1, Elsenburg, 7607</p> <p>b) li-ofisi zeSithili e: o Beaufort West o George o Bredasdorp o Stellenbosch o Moorreesburg o Bellville</p> <p>c) I-ofisl ezikwidolophi ezincinci</p>	<p><b>Uthethwano:</b></p> <p>a) Ingxelo eya kuLuntu</p> <p>b) uMbutho wabeZolimo kunye namalungu awo</p> <p>c) lintetho kunomathotholo</p> <p>d) lintlanganiso zeqonga leengxoxo phakathi kweSebe namaqabane anomdla.</p> <p>e) Imbalelwano ebhaliweyo</p> <p>f) Umhla wamafama</p> <p>g) Uthethwano ngomnxeba</p> <p>h) iE-mails</p> <p><b>Ukufikelela:</b></p> <p>a) Department of Agriculture, Private Bag X1, Elsenburg, 7607</p> <p>b) li-ofisi zeSithili e: o Beaufort West o George o Bredasdorp o Stellenbosch o Moorreesburg o Bellville</p> <p>c) I-ofisl ezikwidolophi ezincinci</p>	<p><b>Uthethwano:</b></p> <p>a) Kupapashwe ingxelo yeSebe yonyaka neya kuLuntu yaza yasasazwa kwiPhondo lonke ngeyeNkanga 2014.</p> <p>b) Sidibene noMbutho wabeZolimo kunye namalungu awo, ngamaxesha ahleliweyo</p> <p>c) Kusetyenziswe amaqonga eenkqubo zikanomathotholo xa libekho ithuba okanye xa kuyimfuneko.</p> <p>d) Kubanjwe rhoqo ngenyanga iintlanganiso zeqonga leSebe kunye nabathathi nxaxheba ngamaxesha ahleliweyo. lintlanganiso zeqonga leengxoxo phakathi kweSebe /blok phakathi kwabaphathi kunye namagosa ahambela amafama ngelokwabela ngezimvo nolwazi</p> <p>e) Kusetyenziswe icebo lembalelwano nabantu yonke imihla ngelokusombulula izikhalazo nemibuzo nokuniselana ngolwazi ze kwazeke iimfuno zabathengi kwakamsinya.</p> <p>f) Kuhlelwe imihla ebizwa ngokuba yeyamafama yaza yazinyaswa</p> <p>g) Kusetyenziswe uthethwano ngomnxeba yonke imihla ngelokusombulula imibuzo nezikhalazo kunye nonaniselwano ngolwazi ze kwazeke iimfuno zabathengi kwamsinyane</p> <p>h) Yonke imihla kusetyenziswe iindlela zoqhakamshelwano ngobuchwepheza bale mihla ukuze kuphendulwe imibuzo nezikhalazo, kunaniselwane ngolwazi ze kuphendulwe iimfuno zabathengi kwam-sinyane.</p> <p><b>Ukufikelela:</b></p> <p>a) Department of Agriculture, Private Bag X1, Elsenburg, 7607</p> <p>b) li-ofisi zeSithili e: o Beaufort West o George o Bredasdorp o Stellenbosch o Moorreesburg o Bellville</p> <p>c) zonke i-ofisi ezincinci zinikezele ngeenkonzko phantsi kwenkqubo ye FSD.</p>

**Amalungiselelo e Batho Pele kunye nabaxhamli (ukufumana uthethwano njl.njl)**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Okona sikufezileyo
<p><b>Additional achievement:</b>                      d) Siyafikelela kumafama ngokutyelelwa ngamagosa yonke imihla                      e) Siyafumaneka yonke imihla ngokundwendwela ii-ofisi zethu, ukutsala umnxeba, E-mail, kunye nokusebenzisa i Webhusayithi. Sisekwasebenzisa neendlela zoqhakamshelwano ngeentlangano ezihleliweyo nakunye namafama, nangeNkqubo Yongenelelo ngokuhlangana kwiiThusong rhoqo inyanga yonke.                      f) Zonke iindawo zethu kwiSebe zinolungiselelo lokungenwa nangabantu abakhubazekileyo.</p> <p><b>Imbeko:</b>                      Ngokulandela iindlela ngokomthetho, nezizezi:                      a) Abaphathi                      b) Intloko yezoQhakamshelwano                      c) Nge-Email                      d) Ngokutsala umnxeba                      e) Imbalelwano ebhaliweyo                      f) Ubuso-ngobuso                      g) Izikhalazo zibhaliwe ze zasonjululwa ngokukhawuleza Ubuncikane bezikhalazo ezifunyenweyo ziphendulwe kwangokukhawuleza                      h) Ngemihla elungiselelwe ukuya kumaFama nangotyelelo olwenziwe ngamaxesha ahleliweyo</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      i) iSebe 5 loMqulu woNikelo lweenkonzo nguRhulumente (Isindululo 1 sika 2013) kunye neNdlela Yokuziphatha kwamagosa asebuRhulumenteni, kuqulathiwe kuMqulu woNikelo lweenkonzo liSebe ukuba, kufuneka kuphathwe amalungelo abathengi kunye nabemmi beli lizwe kuquka nelungelo lokuphathwa ngentlonelo kunye nangembeko nangokundilisekileyo.</p> <p>Bonke abathath'inxaxheba bayakhunjuwa rhoqo ngonyaka ngalo mgangatho wokuziphatha kuqhakamshelwano nabathengi kunye nogxa emsebenzini kunikelo lwentetha ngobuso, ngemfono-mfono, ngembalelwano yala maxesha, ngembalelwano kunye nezinye iindlela zongenelelo kunikelo lweenkonzo</p>	<p><b>Additional achievement:</b>                      d) Siyafikelela kumafama ngokutyelelwa ngamagosa yonke imihla                      e) Siyafumaneka yonke imihla ngokundwendwela ii-ofisi zethu, ukutsala umnxeba, E-mail, kunye nokusebenzisa i Webhusayithi. Sisekwasebenzisa neendlela zoqhakamshelwano ngeentlangano ezihleliweyo nakunye namafama, nangeNkqubo Yongenelelo ngokuhlangana kwiiThusong rhoqo inyanga yonke.                      f) Zonke iindawo zethu kwiSebe zinolungiselelo lokungenwa nangabantu abakhubazekileyo.</p> <p><b>Imbeko:</b>                      Ngokulandela iindlela ngokomthetho, nezizezi:                      a) Abaphathi                      b) Intloko yezoQhakamshelwano                      c) Nge-Email                      d) Ngokutsala umnxeba                      e) Imbalelwano ebhaliweyo                      f) Ubuso-ngobuso                      g) Ubhaliso lwezikhalazo</p> <p>h) Umhla olungiselelwe ukuya kumafama kunye notyelelo</p>	<p><b>Additional achievement:</b>                      d) Siyafikelela kumafama ngokutyelelwa ngamagosa yonke imihla                      e) Siyafumaneka yonke imihla ngokundwendwela ii-ofisi zethu, ukutsala umnxeba, E-mail, kunye nokusebenzisa i Webhusayithi. Sisekwasebenzisa neendlela zoqhakamshelwano ngeentlangano ezihleliweyo nakunye namafama, nangeNkqubo Yongenelelo ngokuhlangana kwiiThusong rhoqo inyanga yonke.                      f) Zonke iindawo zethu kwiSebe zinolungiselelo lokungenwa nangabantu abakhubazekileyo.</p> <p><b>Imbeko:</b>                      Ngokulandela iindlela ngokomthetho, nezizezi:                      a) Abaphathi                      b) Intloko yezoQhakamshelwano                      c) Nge-Email                      d) Ngokutsala umnxeba                      e) Imbalelwano ebhaliweyo                      f) Ubuso-ngobuso                      g) Izikhalazo zibhaliwe ze zasonjululwa ngokukhawuleza Ubuncikane bezikhalazo ezifunyenweyo ziphendulwe kwangokukhawuleza.                      h) Ngemihla elungiselelwe ukuya kumaFama nangotyelelo olwenziwe ngamaxesha ahleliweyo</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      i) iSebe 5 loMqulu woNikelo lweenkonzo nguRhulumente (Isindululo 1 sika 2013) kunye neNdlela Yokuziphatha kwamagosa asebuRhulumenteni, kuqulathiwe kuMqulu woNikelo lweenkonzo liSebe ukuba, kufuneka kuphathwe amalungelo abathengi kunye nabemmi beli lizwe kuquka nelungelo lokuphathwa ngentlonelo kunye nangembeko nangokundilisekileyo.</p> <p>Bonke abathath'inxaxheba bayakhunjuwa rhoqo ngonyaka ngalo mgangatho wokuziphatha kuqhakamshelwano nabathengi kunye nogxa emsebenzini kunikelo lwentetha ngobuso, ngemfono-mfono, ngembalelwano yala maxesha, ngembalelwano kunye nezinye iindlela zongenelelo kunikelo lweenkonzo</p>

**Amalungiselelo e Batho Pele kunye nabaxhamli (ukufumana uthethwano njl.njl)**

Ngokwazekayo nokungenamfihlelo	Ngokwazekayo nokungenamfihlelo	Ngokwazekayo nokungenamfihlelo
<p><b>Openness and Transparency:</b></p> <p>a) lintetho ngomnxeba</p> <p>b) Uthethwano ngomlomo (kwiiseshoni zotyeyelelo)</p> <p>c) Ngembalelwano</p> <p>d) Nge-Email</p> <p>e) Intlangano yabantu ababini</p> <p>f) Imihla yokuthetha namafama</p> <p>g) Ingxelo yonyaka kubahlali</p> <p>h) utyelelo kwisiza</p> <p>i) Ingxelo Yonyaka</p> <p>j) lintetha kwiinkqubo zikanomathotholo</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b></p> <p>k) Kukhutshelwe ulwazi kubathengi malunga neSebe kunye nemisebenzi eliyenzayo ngoNgenelelo nge Thusong nyanga-zonke</p>	<p><b>Openness and Transparency:</b></p> <p>a) lintetho ngomnxeba</p> <p>b) Uthethwano ngomlomo (kwiiseshoni zotyeyelelo)</p> <p>c) Ngembalelwano</p> <p>d) Nge-Email</p> <p>e) Intlangano yabantu ababini</p> <p>f) Imihla yokuthetha namafama</p> <p>g) Ingxelo yonyaka kubahlali</p> <p>h) utyelelo kwisiza</p> <p>i) Ingxelo Yonyaka</p> <p>j) lintetha kwiinkqubo zikanomathotholo</p>	<p><b>Openness and Transparency:</b></p> <p>a) Yonke imihla ngeentetho ngomnxeba.</p> <p>b) Sithethana ngomlomo nabathengi xa sibatyeyelele yonke imihla.</p> <p>c) Yonke imihla, ngembalelwano.</p> <p>d) Yonke imihla ngoqhakamshelwano lwezobugcisa</p> <p>e) Xa ilungiselelwe intlangano yabantu ababini.</p> <p>f) Xa kuhlizekwe umhla wokuthetha namafama.</p> <p>g) Kwenziwe kwaza kwasasazwa Ingxelo eya kuLuntu ngoNyaka kwiPhondo ngokubanzi. Ingxelo iqulathe ulwazi ngenjongo yeSebe, uxanduva lwalo ngokukhonza uLuntu kunye nemisebenzi eyenziwa liSebe. Ukusetyenziswa kohlahlo lwabiwo-mali, imibulelo kubasebenzi ngenkcitho yabasebenzi kunye nobumme beentlanga nesini. Isekwaquka neenkukacha ngeenkonzozo ezinikelwa licandelo ngalinye kunye nempumelelo ezuziweyo kulonyaka-mali uphelileyo.</p> <p>h) Ngexesha lotyelelo site</p> <p>i) Kwenziwe Ingxelo Yonyaka yaza yayasazwa kubo bonke abathathi nxaxheba. Ingxelo iqulathe ulwazi ngenjongo yeSebe, uxanduva lwalo ngokukhonza uLuntu kunye nemisebenzi eyenziwa liSebe. Ukusetyenziswa kohlahlo lwabiwo-mali, imibulelo kubasebenzi ngenkcitho yabasebenzi kunye nobumme beentlanga nesini. Isekwaquka neenkukacha ngeenkonzozo ezinikelwa licandelo ngalinye kunye nempumelelo ezuziweyo kulonyaka-mali uphelileyo.</p> <p>j) Kukhutshelwe ulwazi kubathengi malunga neSebe kunye nemisebenzi eliyenzayo ngokusebenzisa intetho kwiinkqubo zikanomathotholo xa kuvele ithuba okanye xa kuyimfuneko.</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b></p> <p>k) Kukhutshelwe ulwazi kubathengi malunga neSebe kunye nemisebenzi eliyenzayo ngoNgenelelo nge Thusong nyanga-zonke.</p>

**Amalungiselelo e Batho Pele kunye nabaxhamli (ukufumana uthethwano njl.njl)**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Okona sikufezileyo
<p><b>iXabiso ngemali:</b> a) Inxaso kwiPhondo liphela kunye neengcebiso ezinikwe onke amafama</p> <p>b) Abathengi bafumana ulwazi abaluse-benzisayo ngaphandle kokudleka.</p>	<p><b>iXabiso ngemali:</b> a) Inxaso kwiPhondo liphela kunye neengcebiso ezinikwe onke amafama</p> <p>b) Abathengi bafumana ulwazi abaluse-benzisayo ngaphandle kokudleka.</p>	<p><b>iXabiso ngemali:</b> a) Kwenziwe utyelelo kwaza kwanikelo nangeengcebiso yonke imihla kumafama okuziphilisa, asakhulayo kunye nawoshishino kuzo zonke iziThili/ lingingqi zePhondo./ kusetyenziswa ngobuchule isichobo sokulondoloza indlela ekunikelwa ngayo iinkonzo. b) iSebe linikezele ngeenkonzo zamahala nezinjenge ngcebiso, ulwazi kunye nokwabelana ngobugcisa,ngelokwandisa ulwazi lomfama kwimeko nganye asebenza ngayo.</p>
<p><b>Ukulumkisa uLuntu malunga nokhusele lokutya kunye nezifo zemfuyo</b></p> <p><b>Uthethwano:</b> a) Utyelelo ngolwabiwo lolwazi</p> <p>b) Ingxelo eya kuLuntu</p> <p>c) Imibutho kweZolimo kunye namalungu ayo</p> <p>d) lintetha kwiinkqubo zikanomathotholo</p> <p>e) lintlanganiso zabeQonga leeNgxoxo kunye neSebe kuquka nabathath'inxaxheba</p> <p>f) Imbalelwano</p> <p>g) Umhla wamafama</p> <p>h) Umkhankaso wogonyo</p> <p>i) lintetho ngomnxeba</p> <p>j) Nge-Emails</p>	<p><b>Uthethwano:</b> a) Utyelelo ngolwabiwo lolwazi</p> <p>b) Ingxelo eya kuLuntu</p> <p>c) Imibutho kweZolimo kunye namalungu ayo</p> <p>d) lintetha kwiinkqubo zikanomathotholo</p> <p>e) lintlanganiso zabeQonga leeNgxoxo kunye neSebe kuquka nabathath'inxaxheba</p> <p>f) Imbalelwano</p> <p>g) Umhla wamafama</p> <p>h) Umkhankaso wogonyo</p> <p>i) lintetho ngomnxeba</p> <p>j) Nge-Emails</p>	<p><b>Uthethwano:</b> a) Kusetyenziswe utyelelo ngolwabiwo lolwazi koonomathotholo xa ithuba livelile okanye xa kuyimfuneko. b) Kupapashwe kwaza kwakhutshwa Ingxelo yoNyaka kwi Sebe neya Luntu kwicandelo leZolimo kwiPhondo liphela. c) Sihlangene nemibutho ekweZolimo kunye namalungu ayo, ngamaxsha ahleliweyo d) Kusetyenziswe iintetho kwiinkqubo zikanomathotholo xa kuvele ithuba okanye xa kuyimfuneko. e) Kubanjwe lintlanganiso zabe Qonga leeNgxoxo kunye neSebe kuquka nabathath'inxaxheba, ngamaxsha ahleliweyo. f) Kwenziwe ulungiselelo loqhakamshelwano ngembalelwano , yonke imihla ngelokuphendula izikhalazo ezingenileyo kwangoko. g) Kwenziwe kwaza kwazinyaswa umsitho ongomhla wamafama. h) Kwenziwe umkhankaso wogonyo lwemfuyo yonke imihla, ngeveki okanye ngenyanga. i) Kwenziwe amalungiselelo okuthethana nqo ngomlomo okanye ngomnxeba, yonke imihla, ngelokuphendula izikhalazo esizifumeneyo kwangoko. j) Kwenziwe amalungiselelo ngoqhakamshelwano lwezobugcisa, yonke imihla, ngelokuphendula izikhalazo ezingenileyo kwangoko.</p>

**Amalungiselelo e Batho Pele kunye nabaxhamli (ukufumana uthethwano njl.njl)**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Okona sikufezileyo
<p><b>Ukufikelela:</b>                      a) Department of Agriculture, Private Bag X1, Elsenburg, 7607                      b) Kwii-ofisi ezise:                          o Beaufort West                          o George                          o Piketberg                          o Swellendam                          o Worcester                          o Khayelitsha                          o Klipheuwel                          o Phisantekraal</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      c) Kwenziwe indlela eyongezelekileyo yokutyelela i-ofisi zethu, ngokutsala umnxeba, nge-Email nange Website, Imihla Yamafama.                      d) Kwenziwe ulungiselelo olululo ze lwabonwa njengelinceda ukuba abantu abaneempawu zokukhubazeka bakwazi ukufikelela kwii-ofisi zethu.</p> <p><b>Imbeko:</b>                      Ngokulandelwa kwamagunya asemthethweni:                      a) Abaphathi                      b) Intloko yezoQhakamshelwano                      c) Nge-Email                      d) Ngokutsala umnxeba                      e) Imbalelwano ebhaliweyo                      f) lintlanganiso kubuso-ngobuso noLuntu                      g) kubhalwa izikhalazo ze ziphendulwe kwamsinya. Ibathwana lezikhalazo ezamkelweyo ziye zaphendulwa kwa ngoko                      h) Kusetyenziswe ukulandelwa kwemicimbi ehleliweyo/ kwazinyaswa umhla wamafama kunye notyelelo kumafama</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      i) Umqulu weSebe ngokuNikelwa kweenkonzo uqulathe into yokuba abasebenzi mabahloniphe amalungelo abathengi / abemmi kweli lizwe kuquka nelungelo lokuphathwa ngendlela efanelekileyo, ngembeko nangesidima. Abathengi bethu kunye nabasebenzi bakhunjuzwa rhoqo ukuba bawuthobeke lo mgangatho wokuziphatha ingakumbi xa bethetha nabathengi/ abahlali kunye nogxa babo emsebenzi xa bethetha omnye nomnye, emnxebeni nge Email, ngembalelwano okanye nayiphi na indlela yoqhakamshelwano kungenelelo lonikelo lweenkonzo.</p>	<p><b>Ukufikelela:</b>                      a) Department of Agriculture, Private Bag X1, Elsenburg, 7607                      b) Kwii-ofisi ezise:                          o Beaufort West                          o George                          o Piketberg                          o Swellendam                          o Worcester                          o Khayelitsha                          o Klipheuwel                          o Phisantekraal</p> <p><b>Imbeko:</b>                      Ngokulandelwa kwamagunya asemthethweni:                      a) Abaphathi                      b) Intloko yezoQhakamshelwano                      c) Nge-Email                      d) Ngokutsala umnxeba                      e) Imbalelwano ebhaliweyo                      f) lintlanganiso kubuso-ngobuso noLuntu                      g) Ukubhalwa kwezikhalazo                      h) Kuvulwe/ Imihla yamafama ze kwatyelelwa nakumafama</p>	<p><b>Ukufikelela:</b>                      a) Department of Agriculture, Private Bag X1, Elsenburg, 7607                      b) Kwii-ofisi ezise:                          o Beaufort West                          o George                          o Piketberg                          o Swellendam                          o Worcester                          o Khayelitsha                          o Klipheuwel                          o Phisantekraal</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      c) Kwenziwe indlela eyongezelekileyo yokutyelela i-ofisi zethu, ngokutsala umnxeba, nge-Email nange Website, Imihla Yamafama.                      d) Kwenziwe ulungiselelo olululo ze lwabonwa njengelinceda ukuba abantu abaneempawu zokukhubazeka bakwazi ukufikelela kwii-ofisi zethu.</p> <p><b>Imbeko:</b>                      Ngokulandelwa kwamagunya asemthethweni:                      a) Abaphathi                      b) Intloko yezoQhakamshelwano                      c) Nge-Email                      d) Ngokutsala umnxeba                      e) Imbalelwano ebhaliweyo                      f) lintlanganiso kubuso-ngobuso noLuntu                      g) kubhalwa izikhalazo ze ziphendulwe kwamsinya. Ibathwana lezikhalazo ezamkelweyo ziye zaphendulwa kwa ngoko                      h) Kusetyenziswe ukulandelwa kwemicimbi ehleliweyo / kwazinyaswa umhla wamafama kunye notyelelo kumafama</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      i) Umqulu weSebe ngokuNikelwa kweenkonzo uqulathe into yokuba abasebenzi mabahloniphe amalungelo abathengi / abemmi kweli lizwe kuquka nelungelo lokuphathwa ngendlela efanelekileyo, ngembeko nangesidima. Abathengi bethu kunye nabasebenzi bakhunjuzwa rhoqo ukuba bawuthobeke lo mgangatho wokuziphatha ingakumbi xa bethetha nabathengi/ abahlali kunye nogxa babo emsebenzi xa bethetha omnye nomnye, emnxebeni nge Email, ngembalelwano okanye nayiphi na indlela yoqhakamshelwano kungenelelo lonikelo lweenkonzo.</p>

**Amalungiselelo e Batho Pele kunye nabaxhamli (ukufumana uthethwano njl.njl)**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Okona sikufezileyo
<p><b>Ngokwazekayo nokungenamfihlelo:</b></p> <p>a) Iintetho ngomnxeba                      b) Uthethwano ngomlomo (kwiiseshoni zotyalelo)                      c) Ngembalelwano                      d) Nge-Email</p> <p>e) Intlangano yobuso-ngobuso                      f) Imihla yokuthetha namafama                      g) Ukufakana imilomo namafama                      h) Ingxelo yonyaka kuBahlali</p> <p>i) Utyelelo                      j) Ingxelo Yonyaka</p> <p>k) linkqubo zikanomathotholo</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      l) Kukhutshelwe ulwazi kubathengi malunga neSebe kunye nemisebenzi eliyenzayo ngoNgenelelo nge Thusong nyanga-zonke.</p> <p><b>iXabiso ngemali:</b>                      a) Kufundiswe uLuntu lonke kwiPhondo kwaza kobelwana ngolwazi ngeendleko ezingephi.</p> <p>b) Abathengi bafumana ulwazi olubalulekileyo nolulutho abanokulisebenzisa ngaphandle kweendleko</p>	<p><b>Ngokwazekayo nokungenamfihlelo:</b></p> <p>a) Iintetho ngomnxeba                      b) Uthethwano ngomlomo (kwiiseshoni zotyalelo)                      c) Ngembalelwano                      d) Nge-Email</p> <p>e) Intlangano yobuso-ngobuso                      f) Imihla yokuthetha namafama                      g) Ukufakana imilomo namafama                      h) Ingxelo yonyaka kuBahlali</p> <p>i) Utyelelo                      j) Ingxelo Yonyaka</p> <p>k) linkqubo zikanomathotholo</p> <p><b>iXabiso ngemali:</b>                      a) Kufundiswe uLuntu lonke kwiPhondo kwaza kobelwana ngolwazi ngeendleko ezingephi</p> <p>b) Abathengi bafumana ulwazi olubalulekileyo nolulutho abanokulisebenzisa ngaphandle</p>	<p><b>Ngokwazekayo nokungenamfihlelo:</b></p> <p>a) Yonke imihla ngeentetho ngomnxeba.                      b) Sithethana ngomlomo nabathengi xa sibatyelele yonke imihla.                      c) Yonke imihla, ngembalelwano.                      d) Yonke imihla ngoqhakamshelwano lwezobugcisa                      e) Iintlangano yobuso-ngobuso yonke imihla xa ilungiselelwe.                      f) Kusetyenziswa umhla wokuthetha namafama. Xa imeko ivuma okanye xa kuyimfuneko.                      g) kufakwana imilomo namafama ngemihla elungiselelweyo                      h) Kwenziwe Ingxelo Yonyaka yaza yasasazwa kulo lonke uLuntu kweli Phondo.. Ingxelo iqulathe ulwazi ngenjongo yeSebe, uxanduva lwalo ngokukhonza uLuntu kunye nemisebenzi eyenziwa liSebe. Ukusetyenziswa kohlalo lwabiwo-mali, imibulelo kubasebenzi ngenkcitho yabasebenzi kunye no bumme beentlanga nesini. Isekwaquka neenkukacha ngeenkonzoz ezinikelwa licandelo ngalinye kunye nempumelelo ezuziweyo kulonyaka-mali uphelleloyo.</p> <p>i) Kwenziwe utyelelo yonke imihla                      j) Kwenziwe Ingxelo Yonyaka yaza yasasazwa kubo bonke abathathi nxaxheba. Ingxelo iqulathe ulwazi ngenjongo yeSebe, uxanduva lwalo ngokukhonza uLuntu kunye nemisebenzi eyenziwa liSebe. Ukusetyenziswa kohlalo lwabiwo-mali, imibulelo kubasebenzi ngenkcitho yabasebenzi kunye nobumme beentlanga nesini. Isekwaquka neenkukacha ngeenkonzoz ezinikelwa licandelo ngalinye kunye nempumelelo ezuziweyo kulonyaka-mali uphelleloyo.</p> <p>k) Kukhutshelwe ulwazi kubathengi malunga neSebe kunye nemisebenzi eliyenzayo ngokusebenzisa intetho kwiinkqubo zikanomathotholo xa kuvele ithuba okanye xa kuyimfuneko</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b>                      l) Kukhutshelwe ulwazi kubathengi malunga neSebe kunye nemisebenzi eliyenzayo ngoNgenelelo nge Thusong nyanga-zonke.</p> <p><b>iXabiso ngemali:</b>                      a) Kusasazwe amaxwebhu kunye namapheke-pheke kunye neeseshoni zokuvundlisa uLuntu kwiindawo ezithile ezikhethiweyo eLuntwini, ngokuthe saa rhoqo ukuze kufukelelwe eLuntwini olukweli Phondo liphela.                      b) iSebe linikele ngeNkonzo zasimahla kubahlali ngelokwandisa ulwazi lwabo ngezempilo kwinyama kunye nokuxhela kunye nokuthintelwa kwazo. Oku kuquke nokugonywa kwemfuyo yabo.</p>



**Isixhobo sokufumana ulwazi ngonikelo lweenkonzo**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Okona sikufezileyo
<p><b>Kukutyelela nokunikela ngeenkonzo zeengecebiso kumafama</b></p> <p>a) IWebhusayithi yeSebe</p> <p>b) Ingxelo Yonyaka</p> <p>c) Usasazo ngeZolimo kunomathotholo</p> <p>d) lintlanganiso ngomntu ngamnye</p> <p>e) lsheshoni yonikelo ngolwazi</p> <p>f) Ingxelo Yonyaka kuLuntu</p> <p>g) Utyelelo</p> <p>h) Inkqubo zikanomathotholo</p> <p>i) Amaziko i Thusong</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b></p> <p>j) Kusetyenziswe usasazo kwiinkqubo zikanomathotholo xa imeko ivuma naxa kuyimfuneko</p> <p>k) Kusetyenziswe ukuthunyelwa kweendaba ngokubhaliweyo nangobuchule balimihla njengeqonga lokuhambisa ulwazi</p>	<p>a) IWebhusayithi yeSebe</p> <p>b) Ingxelo Yonyaka</p> <p>c) Usasazo ngeZolimo kunomathotholo</p> <p>d) lintlanganiso ngomntu ngamnye</p> <p>e) lsheshoni yonikelo ngolwazi</p> <p>f) Ingxelo Yonyaka kuLuntu</p> <p>g) Utyelelo</p> <p>h) Inkqubo zikanomathotholo</p> <p>i) Amaziko i Thusong</p>	<p>a) Kwenziwe ulondolozo lweWebhusayithi yeSebe ze yahlaziywa rhoqo.</p> <p>b) Ibhengeziwe ingxelo yonyaka yaza yasasazwa kuwo onke amaqabane anomdla.</p> <p>c) Kusetyenziswe usasazo kunomathotholo xa imeko ivuma okanye xa kuyimfuneko.</p> <p>d) Kusetyenziswe iintlanganiso ezihleliweyo njengesixhobo sokunikela ngolwazi.</p> <p>e) Kusetyenziswe umhla wamafama njengesixhobo sokwabelana ngolwazi</p> <p>f) Kubhengezwe Ingxelo Yonyaka kuLuntu yaza yasasazwa kuwo onke amaqabane anomdla kunye nabathathi nxaxheba kweZolimo kweIPhondo liphela.</p> <p>g) Kusetyenziswe utyelelo njengesixhobo</p> <p>h) Kusetyenziswe usasazo kwiinkqubo zikanomathotholo xa imeko ivuma naxa kuyimfuneko.</p> <p>i) Kusetyenziswe ungenelelo ngokundwendwela kwiiThusong rhoqo ngenyanga njengesixhobo sokwabelana ngolwazi.</p> <p><b>Impumelelo eyongezelekileyo:</b></p> <p>j) Kusetyenziswe usasazo kwiinkqubo zikanomathotholo xa imeko ivuma naxa kuyimfuneko</p> <p>k) Kusetyenziswe ukuthunyelwa kweendaba ngokubhaliweyo nangobuchule balimihla njengeqonga lokuhambisa ulwazi</p>
<p><b>Kukutyelela nokunikela ngeenkonzo zeengecebiso kumafama</b></p> <p>a) IWebhusayithi yeSebe</p> <p>b) Ingxelo Yonyaka</p> <p>c) Usasazo ngeZolimo kunomathotholo</p> <p>d) lintlanganiso ngomntu ngamnye</p> <p>e) lsheshoni yonikelo ngolwazi</p> <p>f) Ingxelo Yonyaka kuLuntu</p> <p>g) Utyelelo</p> <p>h) Uqhakamshelwano nabantu</p> <p>i) linkqubo zikanomathotholo</p> <p>j) Amaziko i Thusong</p>	<p>a) IWebhusayithi yeSebe</p> <p>b) Ingxelo Yonyaka</p> <p>c) Usasazo ngeZolimo kunomathotholo</p> <p>d) lintlanganiso ngomntu ngamnye</p> <p>e) lsheshoni yonikelo ngolwazi</p> <p>f) Ingxelo Yonyaka kuLuntu</p> <p>g) Utyelelo</p> <p>h) Uqhakamshelwano nabantu</p> <p>i) linkqubo zikanomathotholo</p> <p>j) Amaziko i Thusong</p>	<p>a) Kwenziwe ulondolozo lweWebhusayithi yeSebe ze yahlaziywa rhoqo.</p> <p>b) Ibhengeziwe ingxelo yonyaka yaza yasasazwa kuwo onke amaqabane anomdla</p> <p>c) Kusetyenziswe usasazo kunomathotholo xa imeko ivuma okanye xa kuyimfuneko.</p> <p>d) Kusetyenziswe iintlanganiso ezihleliweyo njengesixhobo sokunikela ngolwazi.</p> <p>e) Kusetyenziswe umhla wamafama njengesixhobo sokwabelana ngolwazi</p> <p>f) Kubhengezwe Ingxelo Yonyaka kuLuntu yaza yasasazwa kuwo onke amaqabane anomdla kunye nabathathi nxaxheba kweZolimo kweIPhondo liphela.</p> <p>g) Kusetyenziswe utyelelo njengesixhobo sokwabelana ngolwazi.</p> <p>h) Kutyelelwe abantu xaithuba likhona okanye xa kuyimfuneko.</p> <p>i) Kusetyenziswe iinkqubo zikanomathotholo xa ithuba likhona okanye imeko ivuma.</p> <p>j) Kusetyenziswe ungenelelo lwanyanga-zone ngeeThusong njengesixhobo sonaniselwano ngolwazi.</p>

**Isixhobo sokufumana ulwazi ngonikelo lweenkonzo**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelelwayo	Okona sikufezileyo
<p><b>Kukutyelela nokunika amafama iingcebiso</b></p> <p>a) Ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa abaPhathi kunye namagosa ongameleyo, (ngomnxeba okanye nge E-mail). Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p> <p>b) Ngokusebenzisa iindlela eziqhel ekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa umPhathi weSebe kwezoQhakamshelwano. Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p> <p>c) Kubhalwe izikhalazo zaze zaphendulwa ngokomgangatho weSebe kunikelo lweenkonzo, kumaxesha angawokuphendula imbalelwano nakubigcisa bala maxesha.</p> <p>d) Enye indlela yokufaka isikhalazo yi Red Number Imibuzo, ethunyelwe kuMphathiswa weZolimo noPhuhliso lwaseMaphandleni kunye nezikhalaza ezingena ngomnxeba neziphuma kwi-ofisi kaMongameli Kuphendulwe izikhalazo ngokuhambisana nexesha elibekelwe ukwamkelwa nokuphendula izikhalazo. Sele kuphendulwe uthotho lwezikhalazo nezithunyelwe kwiSebe. Ukufunyanwa kwesikhalazo, umbuzo okanye igxeke ziphendulwa kwangoko. Kwimeko apho kuyimfuneko, impendulo iye ilandeliswe xa kusekho amabakala asaphandwayo</p>	<p>a) uQhakamshelwano oluthe nqo, i-email, kunye nomxeba nabaphathi kuquka amagosa ongameleyo kwi-ofisi ezise Muldersvlei Road, Elsenburg</p> <p>b) Ngokudlula kwiNtloko yezoQhakamshelwano malunga nezikhalazo/ iingcebiso kunye nezincomo.</p> <p>c) Ukubhaliswa kwesikhalazo.</p> <p>d) Red Numbers zoMphathiswa.</p>	<p>a) Ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa abaPhathi kunye namagosa ongameleyo, (ngomnxeba okanye nge E-mail). Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p> <p>b) Ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa umPhathi weSebe kwezoQhakamshelwano. Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p> <p>c) Kubhalwe izikhalazo zaze zaphendulwa ngokomgangatho weSebe kunikelo lweenkonzo, kumaxesha angawokuphendula imbalelwano nakubigcisa bala maxesha.</p> <p>d) Enye indlela yokufaka isikhalazo yi Red Number Imibuzo, ethunyelwe kuMphathiswa weZolimo noPhuhliso lwaseMaphandleni kunye nezikhalaza ezingena ngomnxeba neziphuma kwi-ofisi kaMongameli Kuphendulwe izikhalazo ngokuhambisana nexesha elibekelwe ukwamkelwa nokuphendula izikhalazo. Sele kuphendulwe uthotho lwezikhalazo nezithunyelwe kwiSebe. Ukufunyanwa kwesikhalazo, umbuzo okanye igxeke ziphendulwa kwangoko. Kwimeko apho kuyimfuneko, impendulo iye ilandeliswe xa kusekho amabakala asaphandwayo</p>
<p>a) Ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa abaPhathi kunye namagosa ongameleyo, (ngomnxeba okanye nge E-mail). Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p> <p>b) Ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa umPhathi weSebe kwezoQhakamshelwano. Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p>	<p>b) Ngokudlula kwiNtloko yezoQhakamshelwano malunga nezikhalazo/ iingcebiso kunye nezincomo.</p>	<p>a) Ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa abaPhathi kunye namagosa ongameleyo, (ngomnxeba okanye nge E-mail). Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p> <p>b) Ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zokufaka izikhalazo njengoko kuchaziwe kuMqulu Wonikelo lweeNkonzo ngokusebenzisa umPhathi weSebe kwezoQhakamshelwano. Kwiimeko ezininzi kufunyanwa imibuzo endaweni yezikhalazo ngezi ndlela zoqhakamshelwano.</p>

**Isixhobo sokufumana ulwazi ngonikelo lweenkonzo**

Amanlungiselelo akhoyo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Okona sikufezileyo
c) Kufumaniseke ukuba iibhokisi zokufakwa kweengcebiso zingesosisombululo sichanileyo ngoba bezingasetyenziswa ngabantu. Amanye amacebo akhankanywe phantsi kwale ngongoma asetyenzisiwe ngokufanelekileyo ekusombululeni imiba emalunga nemibuzo/ izikhalazo/ izincomo kunye neengcebiso ezivela ebantwini	c) Iibhokisi zeengcebiso	c) Kufumaniseke ukuba iibhokisi zokufakwa kweengcebiso zingesosisombululo sichanileyo ngoba bezingasetyenziswa ngabantu. Amanye amacebo akhankanywe phantsi kwale ngongoma asetyenzisiwe ngokufanelekileyo ekusombululeni imiba emalunga nemibuzo/ izikhalazo/ izincomo kunye neengcebiso ezivela ebantwini.
d) Ngokomgangatho Wonikelo lweeNkonzo liSebe, izikhalazo zishicilelwe zaze zaphendulwa kwangoko. Kulandelwa ixesha elimiswe liSebe ekuphenduleni imbalelwano kwanezo zibhalwe nge E-mail.	d) Ubhaliso lwezikhalazo	d) Ngokomgangatho Wonikelo lweeNkonzo liSebe, izikhalazo zishicilelwe zaze zaphendulwa kwangoko. Kulandelwa ixesha elimiswe liSebe ekuphenduleni imbalelwano kwanezo zibhalwe nge E-mail.
e) Enye indlela yokufaka isikhalazo yi Red Number Imibuzo, ethunyelwe kuMphathiswa weZolimo noPhuhliso lwaseMaphandleni kunye nezikhalaza ezingena ngomnxeba neziphuma kwi-ofisi kaMongameli Kuphendulwe izikhalazo ngokuhambisana nexesha elibekelwe ukwamkelwa nokuphendula izikhalazo. Sele kuphendulwe uthotho lwezikhalazo nezithunyelwe kwiSebe. Ukufunyanwa kwesikhalazo, umbuzo okanye igxeke ziphendulwa kwangoko. Kwimeko apho kuyimfuneko, impendulo iye ilandeliswe xa kusekho amabakala asaphandwayo.	e) Red Numbers zoMphathiswa	e) Enye indlela yokufaka isikhalazo yi Red Number Imibuzo, ethunyelwe kuMphathiswa weZolimo noPhuhliso lwaseMaphandleni kunye nezikhalaza ezingena ngomnxeba neziphuma kwi-ofisi kaMongameli Kuphendulwe izikhalazo ngokuhambisana nexesha elibekelwe ukwamkelwa nokuphendula izikhalazo. Sele kuphendulwe uthotho lwezikhalazo nezithunyelwe kwiSebe. Ukufunyanwa kwesikhalazo, umbuzo okanye igxeke ziphendulwa kwangoko. Kwimeko apho kuyimfuneko, impendulo iye ilandeliswe xa kusekho amabakala asaphandwayo.

**2.3 IMEKO YEZIKO**

Amanye amaCandelo kwiSebe leeNkonzo zoKwenziwa koMsebenzi:

Amanye amahlelo kwiCandelo leeNkonzo Zokuxhaswa Kokwenziwa koMsebenzi aye asilela kakhulu ngesakhono sokwenziwa komsebenzi wawo, umz, iHlelo: Lamanyathelo Ophuhliso LwangaPhandle, Impilo Emsebenzini uKhuselo kunye noKhuseleko. Se kulithuba bencediswa ngamanye amahlelo yaye siyathemba ukuba uphando olusanda kuqaliswa luyakuzisombulula ezi ngxaki zondeleyo.

iSebe liqabizela ucwangciso lwalo longxamiseko ngexesha lokuqhawuka konkinkisho lom'bane kagesi. Ngokungafaniyo nawo onke amanye amaSebe kweliPhondo, kufuneka eli Sebe liqinisekise ngokusebenza kwayo yonke into enje ngemibhobho yokunkcenkceshela, uhambiso lwelindle kunye namanzi okusela, ezisetyenziswayo ziyasebenza, ngako oko, kubekho izisombululo zexesha elide ezinjengokuveliswa kokuse-tyenziswa kwamandla elanga.

Ngaphandle kokumiselwa koLwabiwo lweZakhono ezinqabileyo zomsebenzi (OSD) yeeNjineri kunye neeNjineri zobuGcisa, asikwazanga kufumana amagosa ezobuGcisa ekuqeshweni kuLawulo lokuGcinwa kwezinto ezisetyenziswayo (SRM) ngenxa yokungabikho kwabagqatswa abanesakhono kwabo bebefake izicelo zengqesho kwizithuba ebezipapashiwe. uMthetho ongokoLwabiwo lweZakhono ezinqabileyo zomsebenzi uthi, makuqeshwe kwizithuba zomsebenzi osisigxina abagqatswa iNjineri neeNjineri zobuGcisa ezibhalisiweyo kwiBhunga leeNjineri kuMzantsi Afrika (ECSA).kumiselwe inkqubo yokuhlawulelwa kwemali yenkxaso kwizifundo nemiselwe ukutsala abantu abongezelekileyo kwabo babekade bevinjwa amathuba ngelokuzama ukulinganisa amanani eentlanga kwingqesho yethu kwezolimo, yaye oko kuphucula amanani engqesho ngokulingana kunye nonikelo lweenkonzo. Bangakwazi ukubona indlela owenziwa ngayo umsebenzi ze bafumane ulwazi olwaneleyo ukuze bakwazi ukubhalisa kwiBhunga leeNjineri kuMzantsi Afrika. Balishumi (10) abagqatswa beeNjineri zobuGcisa abatyalwe kwii-ofisi zeSithili yaye sele bezakwazi ukuzisebenzela ngokunokwabo. Kuqeshwe okwethutyana abagqatswa ababini kwezobuNjineri,nabaphuma kwicala labantu ababekade becinezelekile.

Ngokuhambelana nobume obuphunyeziweyo beziko, zigcwalisiwe zonke izithuba zabaphathi abaphakathi kulo nyaka sikuwo. Ngaphezu koko, le Nkqubo iyigqibezele inkqubo yokulungelelanisa kwabasebenzi kwizikhundla ezifanelekileyo kubo bonke abantu abaqeshwe kwiNkqubo yokuHlaziywa kwabaTyeleli

(ERP), nabo bonke abaneziqinisekiso semfundo nabaqeshwe njengabasebenzi phakathi koLuntu ngezolimo, bonke abo bayakufakwa kwizithuba zabacebisi kwezolimo njengoko imigqayiselo nemigangatho yabatyelile isitsho.

Ukuze sikwazi ukufeza igunya lwesiCwangciso soPhuhliso lweLizwe (NDP) ngokumalunga nokubuyiselwa komhlaba eLuntwini, kuyilwe iCandelo le Lokubuyiselwa koMhlaba kuLuntu neliphakathi kweNkqubo ye FSD ngelokugqwesa kwintatho nxaxheba yeSebe kwiKomiti yoMhlaba weZolimo kwiSithili (DLAC) ze incede ukukhawulezisa ulungelelaniso phakathi kokubuyiselwa komhlaba eLuntwini kunye nenkxaso yeZolimo. Ngenxa yamava akhe, uMnu Jerry Aries utshintshiwe wasuswa kwiNkqubo ye SEAT wenziwa intloko yela Candelo.

Bangama 30 abasebenzi abaxhaswe ngeemali zokufunda ukuze baqhubeke ngemfundo ukuze bazifeze iimfuno ze ERP nomgangatho ofanelekileyo wamagosa otyelelo lwamaFama. Kude kube ngoku, ngama 90% yamagosa ethu azifezekisayo iimfuno zokwenza lo msebenzi wokutyelela amaFama. Le nkqubo isaqhubekela ngezifundo zexesha elingangeveki kumagosa otyelelo apho kugxilwa kwizifundo ezintlanu (5) eziphezulu (kwinkqubo yezakhono zomsebenzi wotyelelo zisaqhubeka ngelokuxhasa abasebenzi bokutyelela njengesisombululo kwimingeni ephakanyiswe luphando-nzulu kwinkqubo yokubuyiselwa komhlaba eLuntwini.

Ngokweziphumo zophando-nzulu oluphunyeziweyo ngeliSebe ngenkqubo ephantsi ngeNyango Lwemfuyo yoLuntu kwiNkqubo yeeNkonzo zoNyango lweMfuyo, kubaluleke kakhulu ukuba eli candela linikwe inkxaso ngezakhono zonyango lwemfuyo ukuze kubekho umsebenzi ophucukayo nonesidima kulawulo kwanokuphucula ukuthotyela kwemigaqo yokhuseleko lwenyama kule ngingqi.

Inkqubo yokugaywa kwabasebenzi ikhokelele ekubambezelekeni okukhulu ngokumalunga nokuzaliswa kwezithuba zengqeshokwiNkqubo: yeeNkonzo zoNyango lweMfuyo

Uninzi lwezithuba ezingenabantu kulenkqubo yeeNkonzo zoPhuhliso lwezifundo ngobuGcisa kuPhando (RTDS) zivalwe phakathi enyakeni yaye kusele izithuba ezimbalwa ezingenabantu. Kwenziwe isicwangciso esipheleleyo senkqubo yeZoncedo LoLuntu (HR) yaye kuzakusetyenziswa lomqulu njengesikhokelo ekuqeshweni lokusukela Ingqesho Ngokulingana (EE), isicwangciso sokungena ezihlanwini zongasekhoyo kunye namanyathelo ophuhliso lwezakhono kubasebenzi, kule minyaka mihlani ilandelayo. Ngokuchasene nesi sicwangciso, sele kuqeshwe abagqatswa abaliqela ngelokuxhasa izikhundla ezifuna ubugcisa. Nangona kunjalo, iimfuno ze CACNASP ngokubhaliswa kwezithuba zemisebenzi yezakhono ezinqabileyo (OSD) kumgangatho wezobugcisa nowenzulu-lwazi, zikhokelela kwingxaki ezinzima ekugayweni kwabasebenzi njengokuba uninzi lwabagqatswa abamnyama bengabhalisanga okanye bengenzongo izifundo ezikhokelela ekubeni umgqatswa abhaliswe.

Omnye wabagqatswa kwezobunzulu-lwazi ngamadlelo akaqeshwanga nje njengenzulu-lwazi, kodwa uye waphumelela ze wathweswa isidanga sobuGqirha-lwazi (Ph.D) kwiDyunivesithi yase Free State kwitheko lothweswo zidanga ngenyanga Yomnga. Kuqeshwe nomnye umgqatswa kubunzulu-lwazi ngamadlelo njenge nzulu-lwazi, ngelishesha kupapashwe kwaza kwazaliswa isithuba sokuqala senzulu-lwazi eyincutshe kwicandelo le "GIS". Kuye kwaqesha nekhosikazi lokuqala njengoMphathi kuHlalutyo lwamachiza.

Ngaphezu koko, uSoNzulu-lwazi osandulul'ukuqeshwa njenge nzulu-lwazi kwimfuyo uzuze isidanga sakhe sobuGqirha-lwazi (Ph.D.) kwiDyunivesithi yase Stellenbosch. (SU). Sipapashiwe isithuba sokufumana umntu oyakungena ezihlangwini zencutshe kubuNzulu-lwazi kubisi e Elsenburg nezakuthatha umhlala-phantsi kunyaka ka 2016 kwaza kwagaywa ze kwaqeshwa umphandi-nzulu ngezifundo oqeqeshwe kakuhle. Ukuqhubekela phambili ngophando-nzulu ngamadlelo emva kokuthatha umhlala-phantsi kweNzulu-lwazi eyincutshe kumadlelo e Outeniqua kuqinisekiswa ngokutshintshela komsebenzi ongumpandi-nzulu ophakamileyo ngezifundo kubuNzulu-lwazi ngamadlelo nosuka kwiSebe leZolimo e KZN. Isithuba somyili we Webhusayithi kule nkqubo sipapashiwe yaye sizakuqinisekisa ukuba lonke ulwazi ngophando-nzulu lakutsha-nje nolusematheni luyabonakaliswa kule webhusayithi nezakusungulwa kwinyanga kaCanzibe 2015. Ngokonikelo lweenkonzo kunye nokuphuculwa kwenkxaso neziphumo, kuya ngokubaluleka ukuHlalutya kwamabala aleleyo leli Sebe, kwenziwe isicelo kwiZiko leeNkonzo Zolawulo (SCS) nesisesophando ngokulungelelaniswa kwezithuba kwicandelo le (GIS) ukuze lingene kakuhle kwisikhokelo sobume bezithuba zeSebe nasemva kokuba kucwangcisiwe ze kwathunyelwa isigqibo ngeemfuno zenkxaso, yaye kukholeleka ukuba oku koqala ukusetyenzwa kunyaka-mali ka 2015/16.

Inkxalabo eyandayo ingokungabikho kwendlela yokukhula ngokwesikhundla somsebenzi kuRhulumente, ngoba eli candela lezomsebenzi alikhange lifakwe kuluhlu lwemisebenzi yezakhono ezinqabileyo (OSD).

Iya ngokunqaba eminye imisebenzi ekwicandelo loqoqosho kweZolimo, umz, usoqoqosho kwimveliso xa sihlanganisa nomhlalutyi wamanani kuquka nosozoQoqosho. Ubambezeleko olukhulu ekufezekiseni isicelo sale Nkqubo kuphando-nzulu ngezifundo kube ngomnye umngeni, njengokuba esi sicelo senziwa kwiminyaka emithathu edlulileyo. Le yenye indlela ebekubonakala ngathi ingenza ulungelelaniso kule Nkqubo, kulandelwe iimfuno zabantu ze kananjalo kuphandwe ngeendlela zokukhuliswa kwabantu ezikhundleni kungakange kube kophulwe umthetho. Inkqubo yoQoqosho kwiiNkonzo zeZolimo (AES) lifumene uxinzelelo olukhulayo ngonikelo lweenkonzo ingakumbi kwinkqubo ephantsi engu 6.1. Noko kunjalo, zim'balwa izithuba ezihlawulelwayo ekuhlangabezeni nalo mngeni. Ukufunwa komniki zinkonzo kokwenza umsebenzi wokulondoloza nokugqibezela uphuhliso lwe "Micro Ombud programme", kusengumngeni kuba umsebenzi owenziwe ngu Cel ungavelisanga ezona nkcukacha zizizo ngokufunwa kweenkonzo zangaphandle. Le Nkqubo izakuphanda ngezinye iindlela ezinokufezekisa lo mngeni.

abeNkqubo: kwiMfundo noQeqesho oluHleliweyo kweZolimo basasokola ukugaya nokugcina abahlohli-zifundo abanezakhono. Ukushiya emsebenzini kwabahlohli-zifundo kule nkqubo ngenxa yamarhiwu aluhlaza abawafumana kwezinye iindawo, kukhokelele kuqhwalalo lonikelo lweenkonzo. Kwangaxesha-nye, kukho ukufunwa okukhulu kweenkqubo zoqeqesho kumgangatho we FET nowe HET. Kuba sikhumbulela into yokuba abantu bafuna ukwenza izifundo ezahlukileyo ngokwahluka kwabo, ukungoneli kwezithuba zabahlohli-zifundo kubangela oluyiko olukhulu. Oku kushokoxeka kwandiswe kukuqeshwa kwabaququzeleli boqeqesho bexeshana nabangesosigxina. Noko kunjalo, ulungiselelo olunjalo oluchanekanga kuba lunemiphumela engemihle kwintsulungeko yenkonzo enikelwayo, yaye ukuba inokungasonjululwa kwangaxesha, lungachaphazela ukhlonitshwa kwegama leli ziko.

## 2.4 Uphuhliso lomgaqo nkqubo kunye notshintsho lwemithetho

Umthetho woLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba noCwangciso Lwamabala Aleleyo (SPLUMA) watyikitywa kuMongameli weLizwe ngomhla wesi 5 kweyeThupha 2013, kodwa kusafuneka kupapashwe ulungiselelo lokusetyenziswa kwalo mthetho, phambi kokuba lo mthetho ube ungasetyenziswa. Sele yenziwe inkqubela-phambili ngokuyilwa komthetho kwaloMthetho Wokusetyenziswa koMhlaba eNtshona Koloni. (LUMB) nozakuba sendaweni yoMthetho Onyanzeliswayo kwiPhondo noyi "Land Use Management Ordinance". Oku kusaxoxwa yaye sele kugabadele kwiinkqubo zokwenziwa komthetho. Kwangaxesha nye, ukoHlulwa koMthetho weMhlaba yeZolimo (uMthetho 70 ka 1970) wenziwe ngokutsha ukuze uhambelane nokwenziwa kwemigaqo kunye notshintsho olutsha. Igama lomthetho olungisiweyo yi "Preservation and Development of Agricultural Land Facilitation Act (PDALFA). Ngokufanayo, kwenziwa amalungiselelo okulungisa uMthetho i "Conservation of Agricultural Resources Act (CARA). Kuphela kusemva kokumiselwa kwale mithetho iyilwayo, apho kungaqalwa unikelo lweenkonzo zeSebe.

abeNkqubo yeeNkonzo zoNyango lweMfuyo behlangene ne DAFF kunye namanye amaPhondo ze bathathatha inxaxheba kuphuhliso loqulunqo lwemithetho eyilwayo yokulawulwa kwezilwanyana. Ingxelo yokugqibela yalo mqulu ixoxwe kwintlanganisano yeKomiti ye VPH kuZwelonke nebikwinyanga yoMdumba 2015 ePolokwana. Kulindelwe kakhulu ukupapashwa kolu yilo lolungiselelo lolawulo lomthetho ukuze kufumaneke ingcaciso esiyifuna ngamandla ngokwamasolotya athile okuwusebenzisa nanjengobume kulwakhiwo lwamagumbi okusebenzela kwakunye nemisebenzi yokuhlolwa kwenyama.

Enye ingongoma ebalulekileyo kwicandelo lomsebenzi woNyango lweMfuyo yoLuntu kukumiselwa kokuhlolwa okuzimeleyo kwenyama kuzo zonke izilarha ezixhelayo kweli lizwe. Ngenyanga yoMqungu 2013, kupapashwe kwiPhepha lezobuRhulumente isimemo sentatho-nxaxheba yovakaliso lwezimvo zoluntu. Emva kwenkqubo yentatho-nxaxheba yoLuntu kumaphondo onke, kwabhengezwa kwinyanga yoKwindla 2013 umqulu wesikhokelo senkonzo yokuhlolwa kwenyama kuMzantsi Afrika. Ngaphandle koku kubhengezwa, akukho nkqubela ngokumiselwa kwesi sikhokelo. Ngenyanga yoMnga 2014, abeQonga kwiCandelo leNyama Ebomvu, bavakalise isithintelo kuMphathiswa weZolimo, Amahlathi kunye nokuLoba kuZwelonke, kwiGosa Eliphezulu kuZwelonke (NEO), AbaPhathiswa bamaPhondo bolithoba kunye namaGosa Aphezulu kumaPhondo onke ngokumiselwa ngokuhlolwa kwenyama kuzo zonke izilarha ezixhelayo kweli lizwe. Ngomhla we 13th kuTshazimpuzi 2015, inkundla iyalele uMphathiswa weZolimo, Amahlathi kunye nokuLoba kuZwelonke ukuba amisele isicwangciso sokumiselwa kokuhlolwa okuzimeleyo kwenyama, zingaphelanga iintsuku ezingama 60.

Umgqaqo omtsha kwiinkonzo zotyalelo neengcebiso ukhokelele ekwamkelweni kobunzulu-lwazi kutyalelo liBhunga likaZwelonke lamaGosa ObuNzulu-lwazi kuMzantsi Afrika. (SACNASP). Ngokungathandabuzekiyo, oku kuyakunceda ekuphuculweni kwenkangeleko yalo msebenzi.

Ukusekwa kweKomiti yoMhlaba kwiSithili (DLRC) kuya kunika inkxaso ekubandakanyekeni kwebecandelo loshishino lwabucala ekubuyiselweni komhlaba ngokwemigomo yesiCwangciso Sophuhliso kuZwelonke (NDP), nesiyi 20% yokubuyiselwa komhlaba ngomnyaka ka 2030.

Ngokwemithetho engaqongqo kunye nomyalelo wabeZonyango lweMfuyo kwiSebe leZolimo Amahlathi kunye nokuLoba, kusaxhaswa ukubhaliswa kwefama yoPhando ngezifundo e Oudtshoorn nase Kromme Rhee, njengeefama zenciniba eziphunyezwe yiManyano yase Europe.

Ngenyanga yoMnga, uMongameli woMzantsi Afrika, abaPhathiswa kunye noosomashishini batyelele ilizwe lase China ngeenjongo yokuqinisa ubudlelwane bala mazwe mabini. Inxenye yenjongo yolu tyelelo ibukukukhusela utyalo-mali olungokwemisebenzi yokusongelwa nokupakishwa kweemveliso kwezolimo nekulicandelo elinikwa ingqwalasela nekujongwe ukuba lidale amathuba emisebenzi ezinzileyo kuMzantsi Afrika.

Isiphakamiso soMgaqo kuBuyiselo loMhlaba kuLuntu nesisesokuba abasebenzi basezifama mabafumane i 50% yomhlaba weefama abasebenza kuzo, kubangele ukungaqiniseki kweli candela. Noko kunjalo, imihlangani eliqela eye yabanjwa isebenzile ekudibaniseni abathathi nxaxheba abanomdla ukuze baxoxe ngemiba enika inkxalabo. Ngaphezu koko, lo nyaka uveze amanyathelo amaninzi avele kwaboshishino lwabucala nangawokuzama ukukhawuleziswa kwenkqubo yokubuyiselwa komhlaba kuLuntu ngokweendlela ezivezwe kwisiCwangciso soPhuhliso kuZwelonke (NDP).

Umcimbi we-Arhente eziNdleleni kuZwelonke kuMzantsi Afrika (SANRAL) ngokuhlululelwa kweendlela ezinqumlayo nezilungisiweyo usaqhubeka yaye ezolimo lizakuchaphazeleka ngazo zonke iindlela, xa unokude umiselwe kweli Phondo.

Ukususela ngomhla wama 26 kweyeThupha 2014, kurhoxiswe imithetho elawula ukuthengwa kwempahla yokuxhela kumazwe angabamelwane, nayi Namibia, Botswana, Lesotho ne Swaziland. Inkxalabo yoMbutho wabaVelisi beNyama eBomvu ibikukuba eso sigqibo siyakuchaphazela amaxabiso enyama ebomvu ngenxa yokuthengwa kwenyama ebomvu kumanye amazwe.

Ukungaqiniseki kokubandakanywa koMzantsi Afrika phantsi koMthetho Wamathuba nokuHluma kweZolimo (AGOA) kubangela inkxalabo em'mandla yaye ukuba awunakubandakanywa, oko kuyakubangelela iziphumo ezibi kwicandelo lezolimo kuba oku bekuyingenelo kuMzantsi Afrika xa kujongwa ngokweemarike.

iProjekthi "Khulisa" ikhokelele ekuhlaziyekeni okukhulu ngokucinga ngobuchule nokuthembisa ukuphuculwa okukhulu kuqoqosho leliPhondo, ingakumbi ngokumalunga nokukhula koqoqosho nokudalwa kwamathuba emisebenzi. Ukuchongwa kwezona nkalo zorhwebo zokwenza umehluko zibonakalisa kakhulu amaphulo amakenziwe.

Iziphakamiso ezimalunga nokususwa kweeKholeji zezolimo phantsi kweSebe leZolimo ePhondweni ze zibe phantsi kweSebe leZolimo, Amahlathi nokuLoba kuZwelonke, ukumiselwa kokuhlaziywa kweenkqubo kwiiKholeji zeZolimo nokugxinisiswa kuphuhliso lwezakhono kwicandelo lezolimo, oko kuyakuchaphazela ulawulo lweekholeji zeZolimo.

### 3 IINJONGO EZIPHUNYEZWA NGAMACEBO

#### 3.1 SINCEDISA ICANDELO LEZOLIMO LEPHONDO UKUZE. KULE MINYAKA MIHLANU, LIYIGCINE INDAWO YALO EKUTHUNYELWENI KWEEMPAHLA EZIYA PHESHEYA. LOO NTO KE SIZA KUYENZA NGOKUKHULISA INGENISO YETHU UKUZE IFIKE KWI-R14.014 YEZIGIDI-NGEZIGIDI NGO-2009

Abenkqubo yoLawulo Lozinziwo Loncedo (SRM) banikezele ngeenkonzobunjineli kubabathengi mpahla zolimo, ngelokuzinzisa nokwandisa iimveliso zethu ezithunyelwa kumanye amazwe, ze kananjalo kwandiswe ukwenzeka komsebenzi ngendlela ezinzileyo kushishino lwefama zabo. Iinkonzobunjineli ziye zanika abathengi-mpahla zolimo uncedo lwamanyathelo enkxaso ezingama 505 nanjengeengxelo ngophando, izatifikethi zokuyila nokufezekisa nalapho abathengi abangama 261 banikwe uqeqesho olufutshane kwezobunjineli.

Abenkqubo yekuPhuhliswa nokuXhaswa kwamaFama (FSD) baye baqhubeka ngokuxhasa nokuphuhlisa amafama ePhondo. Esebenzisa iimveliso zorhwebo, amafama asakhulayo kuzo zonke iimveliso aye adityaniswa namakhankatha angama 26 ukuze abancede ngokubazisa kwiimarike ze oko kubancede ekubakhuliseni babe ngamafama oshishino, ze ngoko benze igalelo kwiSiphumo 4 sikaZwelonke nesiyi:

Ngqesho ePhucukileyo ngophuhliso loqoqosho olubandakanyayo.

Ngokunika iingcebiso ngokuthunyelwa kweemveliso kumanye amazwe, nangokukwenza uhlolozwe wenzelwe isindululo sokuphunyezwa kokuthunyelwa kweemveliso zorhwebo kumanye amazwe kunye nangokuqinisekisa iimveliso zorhwebo ezivela kumanye amaziko orhwebelwano namanye amazwe, iNkqubo yoNyango lweMfuyo yenze igalelo kwiintshukumo zoshishino eNtshona Koloni kuquka nokuxhasa amaziko okusongelwa nokupakiswa kweemveliso zezolimo.

Uphando malunga nobuceducedu bokufikelela ezimarikeni, lubaluleke kakhulu ekuphumeleleni kwamafama amancinci nasakhulayo. Ubuceducedu bokufikelela ezimarikeni abuthethi nje kuphela ngokugqobhozela kwiimarike ebezisakuba nzima ukufikeleleka, kodwa luveza imigqaliselo efunekayo kumgangatho wezo mveliso ziza kuwezelwa emazweni. Kule ndima ke, iSebe eli liye ladlala indima ephambili ekuqingqweni komgangatho weemveliso nokuxhaswa kwemizi-mveliso. abeeNkonzo Zophando-nzulu kunye noPhuhliso loBugcisa: (RTDS) benze igalelo ekuqingqweni komgangatho weemveliso ezahlukahlukeneyo, phofu bebegxininisa kwicandelo lempahla exhalwayomfuyo yempahla emfutshane. Baye banceda kakhulu ekuphicotheni ezona zinto zifunekayo kulungelelwanondalo lomhlaba ohlalwa ziinciniba - nanjengoko iManyano yaseYurophi (EU) ifuna. Uphando olwenziwe kwizikhumba zeenciniba, nendlela eziditshwa ngayo, luye lwanegalelo ekunyuseni umgangatho wezikhumba ezo kwanexabiso lazo. Ngaphezu koko, nenkqubo yempahla emfutshane iyaxhasa ngokunikela ngohlobo loboya obunexabiso olufunwa ziimarike kumanye amazwe.

Owana m'ba uphambili kuthi kukungena kwawo onke amafama ezimarikeni ukuze sifezekise iinjongo ze PSg1 kunye neenjongo zeliSebe. Owona m'ba uphezulu kukuxhaswa kweemarike ezintsha nezo zisakhulayo phakathi kwamazwe ase Brithani, Russia, India, China kunye noMzantsi Afrika apha e Afrika. Kungenxa yoko, eli Sebe lixhase amanyathelo ophuhliso lweemarike azintathu kumanye amazwe. Inkxaso ngezimali ezithe nazikwa amacandelo ewayini kunye neziqhamo ngelokuzama ukuba bagcine usulungeko kwimveliso zabo yenye yeendlela zokuvuma umsebenzi ophambili we "Market Access Work Group" nokukugcina iimarike zivulekile kwezi sezikhona kwiManyano yaseYurophi (EU).

Ngaphezulu, abeeNkonzo zoQoqosho kweZolimo (AES) bakhokele ukuququzelelwa kokuhanjiswa nokugcinwa kweemveliso esiziphiweyo neziza kuboniswa e India phantsi komxholo othi: "20 Years of Democracy". Imigushuzo ejoliswe ekunyuseni uthunyelwe-mpahla iza kuphinda iphumeze iinjongo ze-NDP ne-NO4 apha ekuhlaleni, amaphulo aqondene namafama asakhasayo aphunyezwa kanye yile Nkqubo. Amaphulo ayi 41 azibone efumana inkxaso kule Nkqubo. Ukunyuka kokufikeleleka kweemarike kumafama amancinci ngomnye umphumela olindelekileyo ku-NO7. Amalinge anxulumene nale Nkqubo enze ukuba amashishini olimo angama-97 afikelele kwiimarike zalapha nezasemazweni, lo gama kulo nyaka kuye kwenziwa kwaphindwa kwasasazwa iingxelo ezingama-52 eziqulathe ulwazi lwasezimarikeni.

Icandelo leMfundo noQeqesho oluHleliweyo kweZolimo (SAET) lenze igalelo elibalulekileyo ngokuphuhlisa izakhono nabasebenzi becandelo lezolimo, futhi usaqhubeka ngokunika uqeqesho, oluneziqinisekiso ezisesikweni nezingenaziqinisekiso nolukumgangatho ka- "NQF ka 1-7". Babegxile kakhulu kulutsha nakumaqelana amafama amancinci namaqumrhu ancedisana namafama, ngeenjongo zokuphuhlisa amafama anolwazi nanenkqubela kwicandelo lezolimo ngelokukhuthaza nokuxhasa ulwazi olululo, indyobo kunye necandelo ekhuphisanayo.

Kulonyaka walengxelo, kushicilelwe inani labaxhamli beenkonzo zolimo abayi- 2 808 (kuqukwa nokubhaliswa kwabafunela amava abangama 55 kwiinkqubo ezahlukeneyo kumgangatho we NQF4) nabathe babhaliswa ekuqaleni konyaka, nekuthe ngenyanga yoMnga 2014 kwaphumelela abafundi abangama 45.

Icandelo leMfundo noQeqesho oluHleliweyo kweZolimo (SAET) linikezela ngezifundo ezi-4 ezineziqinisekiso kwiMfundo Ephakamileyo noQeqesho (HET), neziyi B. Agric', 'Diploma and Higher Certificate in Agriculture', 'Certificate in Horse Mastership' ne- 'Preliminary Riding Instruction' (eyaqeqesha abafundi abayi-442). Bebonke bali-138 abafundi abafunela iziqu zezifundo kweYomnga 2014, nabongeza kwinani elikhoyo lwabalimi abaneziqinisekiso zemfundo nabazakukhulisa eli candelo.

### **3.2 KWIMINYAKA EMIHLANU EZAYO, KWELI PHONDO SIQINISEKISA, UBUNCINANE, IMPUMELELO ENGAMA 60% KUWO WONKE AMAPHULO ASEBENZELA INGUQU YEMIHLABA YOLIMO**

Abenkqubo yoLawulo Lozinzo Loncedo (SRM) banikezele ngeenjongo ezifanelekileyo zobunjineli kubaxhamli abali 138 kwinkqubo yokubuyiselwa komhlaba kuLuntu, ngelokuzinzisa nokwandisa iimveliso zeefama zabo. Oku kwenziwe ngoncedo lwamanyathelo enxaso ezingama 321 nanjengeengxelo ngophando, izatifikethi zokuyila nokufezekisa.

Ngomhla wama 22 kweyoMsintsi 2014, iSebe lihlinzeke uMhlangano Wobuyiselo loMhlaba kuLuntu. Injongo yalo mhlangano ibikukudibanisa abathathi nxaxheba abohlukeneyo ngezimvo kweZolimo nasekusongelweni kweemveliso kwicandelo lezolimo ukuze baxoxe ngokufana kweemeko kum'ba wokubuyiselwa komhlaba kuLuntu. Uncedo olufunekayo kunye nokwenziwa kwezindululo ngemiba efanayo luzakuqaliswa kweli Phondo ngokomgomo we NDP. Ukusombulula imingeni ephakanyiswe ngamafama oshishino kula mhlangano, iSebe limisele Umnyango weeNgcebiso ngoMhlaba weZolimo (LREAD) phakathi kwehlelo lwengcebiso ngobuGcisa (UTA) ngelokunika inkxaso ngocwangciso kumafama, koosomashishini, kooMasipala nakunanini-mhlaba ngelokumisa amaphulo okubuyiselwa komhlaba kuLuntu ukuze kwenziwe utshintsho kwezolimo ngokomgomo weNDP. Ngaphezu koko, lo Mnyango uyakunika inkxaso kwiKomifi esandul' ukusekwa ye kuBuyiselwa koMhlaba kuLuntu lweSithili (DLAC) kweli Phondo liphela.

Ukusetyenziswa kobuChule nge "Smartpen Technology" kube nempumelelo kakhulu ekuchola-cholweni kweenkcukacha ezisebenza ngayo iProjekti. ye-'FSD' iye yenza imiboniso eyi 75 engumzekelo weendlela zokusebenza ngomhlaba kwiintsuku ezi-31 zenyanga, baze njalo baxhasa amafama ayi- 4 546 ngamacebiso.

Phakathi kwalo nyaka-mali, kuye kwachongwa amakhankatha angama 26 ukuzeancedise amafama asakhulayo kuzo zonke iimveliso zorhwebo. Oku kulungile ngoba kulungiselela mafama asakhulayo indlela yonaniselwano ngoqhakamshelwano kwiimarike zorhwebelwano.

Impumelelo kwiiProjekti zokuBuyiselwa koMhlaba kuLuntu zixhomekeke kwintlaninge yemiceli-mngeni. Umceli-mngeni othande ukuqatsela kukushokoxeka kwamanzi nomhlaba - xa zijamelene nemveliso ekhethwa ngumfama. Ngoko ke, umzamo wophando-nzulu kunye nezixhobo zokuxela ngokuchanekileyo eyona mveliso iza kulungelwa ngumhlaba, zinedile ekuboneni izhithintelo ezikhoyo okanye amathuba nangona inkxaso ngohlalutyo lwamabala aleleyo (iiMephu nezixhobo njenge Cape Farm Mapper) zingakhange zibe naxabiso kumsebenzi wamagosa otyelelo kumafama, xa sesizibalula. Ngaphezu koko, uzinzo kumaphulo okubuyiselwa komhlaba kuLuntu lusekwxhomekeke kuBuchule bemveliso, yaye ngokwale meko, amaphulo ophandu-nzulu agxile kwimveliso eyandayo kunye okanye ukuthotywa kweendleko ngokusebenzisana nokutshintsha kwemo-zulu ekuvelisweni kwezityalo nempahla. Omnye umsebenzi wohlalutyo uveze ulwazi olungundoqo kuhlalutyo lwamanzi, izityalo kunye nomhlaba noluthe lwanceda kwizindululo ngezichumiso nokwandisa iindlela zokuvelisa. Igqiza lethu elisasaza ulwazi kumafama, liye lakhula de lakwazi ukufikelela nakumafama amancinci kunye nophando nzulu ngemicimbi edla wona.

AbeNkqubo yeeNkonzo zoQoqosho kweZolimo bafunzele ukwenza amanyathelo ongenelelo kwicala lokukhulisa amafama amnyama asakhulayo nalawo aneemveliso zoshishino (AES) nebandakanya u-Sim-Fini olicandelo lezimali, apho amashishini angama-30 athe anikwa inkxaso enesihlahla kwicala lokugcinwa kweenkcukacha zasefama. Le nkqubo isebenza njengesisele apho amafama amnyama anokudimbaza khona bonke ubuchule bokuphatha ifama. Amalungu afumana imalimboleko ku-MAFISA, aye anikwa iingcebiso ezathi zawenza ukuba akwazi ukuhlawula amatyala wawo ngexesha elilindelekileyo. Enye into esifunzele kuyo kukuqiniswa kweProgramme emsebenzi wayo ikukufikelelisa kwiimarike eziphezulwana, kumamafama amnyama aneemveliso zoshishino. Ukugcwalisa le njongo yokukufikelelisa amafama kwiimarike eziphezulwana, kukho uphando lwe-"Co-innovation for Quality in African Food Chain (CoQA)" oluqhutywa yi- Wageningen University eqhogenene neDyunivesithi yase Fort Hare.

Kulo nyaka, abeNkqubo yeMfundo Ephakamileyo noQeqesho (FET) ephantsi kweMfundo noQeqesho Oluhleliweyo kweZolimo (SAET) baye basebenzisana nabecandelo lokuPhuhliswa nokuXhaswa kwamaFama (FSD) benikezela ngezifundo zezakhono, kumalungu kaCASP namalungu e-Ilima/Letsema akhoyo kulo lonke iPhondo leNtshona-koloni, Elo phulo liye laqeqesha malunga ne-2808 yamafama akhasayo, amafama ashishinayo, nabantu ebebephuma kumaqela anomdla.

uPhuhliso lwabaSebenzi baseziFama noluyinkqubo ephantsi kweNkqubo yoPhuhliso lwasemaPhandleni (RDC) zisebenza ngokubambisana nabokuPhuhliswa nokuXhaswa kwamaFama (FSD) kunye ne SAET nge- lokuqinisekisa ukuba abasebenzi basezifama abakwiifama ezikwinkqubo yokubuyiselwa komhlaba kuLuntu bafumana uqeqesho namathuba ophuhliso kuquka neenkonzo zenkxaso.

Ngaphezu koko, abantu banendima enkulu ekufuneka beyidlalile ukuze kuphumelele inkqubo yokubuyiselwa komhlaba kuLuntu, yilonto sinika ingqalelo em'mamdla ngokuqinisekisa ukuba abasebenzi basezifama abakwiifama ezikwinkqubo yokubuyiselwa komhlaba kuLuntu bafumana uqeqesho namathuba oPhuhliso kuquka neenkonzo zenkxaso. Oku kuyafuneka ukuze kuqinisekise ngentsebenzo epheleleyo neququzelelweyo kaRhulumente kwiindawo ezikhethiweyo zophuhliso emaphandleni.



### 3.3 Ukuxhasa isolotya eli (amafama noshishino ) ukwandisa imveliso yezolimo (imveliso ezi-ziseko kwiphondo ) okungenani nge -10 % kwiminyaka eli-10 ezayo

AboLawulo loZinziso Lwempahla Eluncedo banikelo kumafama ali 174 ankcenkceshelayo ulwazi oluyimfuneko ngelokubancedisa ukuba basebenzise ngokuyingenelo oko banako kwindalo nokwandisa imveliso ngelixa besebenzisa kwa amanzi amanye. Amafama asekwancediwe ngokuxhotyiswa ngoomatshini angama 219 okulondoloza kwefama, 4 on-farm ukwandiswa kwexabiso, 46 yezakhiwo zefama nokuphathwa kwemfuyo kunye nokhuselo elubeyi 48 lokukhukuliseka lomhlaba okhukuliseka phezu kwemilambo.

iCandelo labe FSD linikele ngexesha elininzi kuqiniswa ukuRhwebelana nabophuhliso nenkxaso yamafama kweli Phondo. Kuxhaswe amaphulo ayi 118 ngokusetyenziswa kwempahla okanye imveliso yorhwebelwano , nezizezi, idiliya yokwenza iwayini (8), iziqhamo (26), idiliya yexabiso (7), izityalo ezihlwayelwayo (9), imifuno (39), iimbewu zemifuno (2) kuquka neehagu iinkomo neenkukhu (18), iigusha nezoboya (5) kunye namahashe(4).

Ewonke li 136 amaphulo asekuhlaleni (kuquka namaphulo asezikolweni) ze kwaxhaswa iintsapho ezili 1356 apho kuxhamle abantu abangama 2 132 kweli Phondo liphelaekuboniseni ukuvelisa ukutya okukokwakho, nto leyo yenza igalelo kwisiphumo sikazwelonke esingu 7, nebizwa ngokuba yi Ndawo enika udlamk-oukulingana nozinziso zokuhlala emaphandleni bonke benokutya okwaneleyo.

Inkqubo kubuNzulu-lwazi beMfuyo neziTyalo nethe yaxhaswa liCandelo leeNkonzo kwiNkxaso yeziFundo ngoPhando-nzulu yenze uphando olupheleleyo ngezifundo kunye neenkqubo ezingabathengi. Ukuze abavelisi kweZolimo (aboshishino nabasakhulayo) bakwazi ukugcina okanye bandise imveliso yabo, zim-bini izinto ezibalulekileyo ekusafuneka kwenziwe uphando ngazo, zezi, kukuthoba iindleko kwezobugcisa (thobe imali esetyenziswayo) ze kwandiswe ubugcisa obungemveliso (imveliso). Zombini ezi ndlela kusafuneka ziphandwe. Oku kubaluleke kakhulu xa kujongwe imingeni engokutshintsha kweMozulu kunye nokusetyenziswa kweendlela ezilula ekutshintsheni kweMozulu. Indima yophando ngezifundo kunye nophuhliso ibaluleke kakhulu. Ubugcisa esinabo kunye nobutsha nobuveliswe kwiinzame ezibalulekileyo luqinisekisa yaye lusezakuqinisekisa ukuba abavelisi bazinzile ngemveliso yaye ifanele intengiso ngokuncinci esinako (ingakumbi umgangatho womhlaba kunye namanzi) kunye nokutshintsha kwemvelo esingqongileyo kunye nokukhusela umhlaba ngelokwandisa imveliso yeZolimo nge 10% kwiminyaka elishumi ezayo. Ukusebenza lula ngokutshintsha kweMozulu kuyakubaluleka kakhulu kuyo yonke imisebenzi yokweZolimo, ngelixa kuqhutyekwa phambili ngokufakela ummbane welanga/moya ezifama. Malunga noku, kungundoqo ukhulungana ne Green Cape ukuze kuncedwe amafama ngezisombululo ezingokongiya kwemvelo esingqongileyo. Kuyakwandiswa ukulondoloza kweZolimo, ingakumbi kwicandelo lweetaipile nolutyala iinkozo ezincinci ngenkxaso esekelwe kwiziphumo zophando kunye neenzame zokusetyenziswa kwezobugcisa. Uvavanyo ngeziphumo zotshintsha-tshintsho lwezityalo ezilinywa ixesha elide (noluyinxenye yolondolozo –CA) nolwenziwa kwifama yophando ngezifundo i Langgewens liyakulinganisa uphando olwenziwa ngoku ngalo m'ba yaye olu phando luzakugqityezelwa kwisiqingatha sokuqala sonyaka ka 2015/16. eZolimo lelinye lamacandelo abalulekileyo nelikhulu kwimveliso nelaziwayo kuMzantsi Afrika. ubuNzulu-lwazi kunye nolwazi lobuGcisa kunye noPhando ngezifundo zibaluleke kakhulu ekuxhaseni ukukhula koqoqosho ngokusetyenzwa komhlaba ze ekugqibeleni kusombululo ukunqongophala kokutya kunye nophuhliso lwasemaphandleni. Ngenxa yoku, iQonga lophando ngezifundo kweZolimo eNtshona Koloni lisebenza nzima ekuququzeleleni yonke imizamo engophando ngezifundo ze kwandiswe esinako ekwenziweni kophando ngezifundo ngelokwandisa inkxaso kuphando olukwicandelo lweZolimo eNtshona Koloni.

Ngentsebenziswano nabeZiko leBhunga loKutya kuMgaqo woPhando ngezifundo kweZolimo (BFAP) uphando lwenziwe ngokulandela indlela yoqoqosho ngokukodwa izikhombisi zamaxabiso kunye nemveliso kwisiqingatha sonyaka kumacandelo ehlukeneyo emveliso kweZolimo kunye nemigangatho yeefama ukuze kuthathwe isigqibo esinobuchule. Likhule ngakumbi inani lamacandelo emveliso aqukiweyo kule minyaka imbalwa idlulileyo njengokuba kwenziwe iindlela ezintsha zokusebenza noxa kusasetyenziswa ezi ndlela zaziwayo. La macandelo emveliso aquka idiliya yohlobo, ii-apile, ipere, okulinywa ebusika, ubusi olusengwayo, inyama, kunye neetaipile. Amanye alamacandelo emveliso ngala abonwe ezakuba negalelo kwi NDP.

Iziphumo zoluphando zisasazwe ngencwadi kunye nakumsitho wonyaka owaziwa njenge "BFAP baseline Launch". Okuqukwe phakathi kwe BFAP lulwazi nge Agri-benchmark oluvelisa ulwazi oluthembakeleyo, onokuthethlekisa nolukikelela ngokuchanileyo ngeendlela zokulima/fuya, ingakumbi xa kuthelekiswa neefa-

ma zakudala (iindlela zemveliso, iindleko zemveliso, khuphisanayo, nophuhliso kwixesha elizayo). Ngenxa yoko, unxibelelwano lwe "Agri- benchmark" luthabathise ngokusebenzisa indlela yolondolozo nokutyalwa ngohlobo olukhethekileyo (Horticulture) yaye iziphumo zoko zizakupapashwa kwi baseline Launch ka 2014. Ekuxhaseni ucwangciso lwenkqubo yemveliso, abenkqubo yeNkonzo zoQoqoqasho kweZolimo (AES) baquka uphando ngezifundo-nzulu ngoqoqoqasho lwemveliso kunye neenkonzo, umz, ukwenziwa kohlahlo lwabiwo-mali lweshishini, ukuyilwa kweshishinikunye nokuvavanywa kuquka nokukhuthazwa kokufikelela kwiindawo ezinoncedo lwezimali.

uBumbe beMfundo noQeqesho kweZolimo (SAET) bahlangene namaqela anomdla nahlukeneyo ekukhuthazeni nasekuxhaseni uphuhliso lwezakhono nokwandiswa kokusebenza kweZolimo. Kunikezelwe ngoqeqesho olusekelezwe kwizakhono kumafama ayi 2 808 kunye noncedo kwiifama, ngoxa 422 yabafundi ibhalisele ukwenza izifundo ngokwexesha elipheleleyo (full time) kwiinkqubo zeMundo Ephakamileyo noQeqesho (HET). Bebonke abafundi abasele bephumelele ze bafumana izidanga kwezi nkqubo bali 138 yaye bangene kweli candela lemveliso njengamafama, imanejala zeefama, abahloli kwiifama, ooSozolimo kunye nabacebisi kweZolimo.

Kumele ukuba imveliso yezolimo ivune iziqhamo zenkqubo yophuhliso lwabasebenzi basezifama kunye nophuhliso lwezakhono kwezolimo. Njenge galelo koku, 8 943 yabasebenzi basezifama kunye neentsapho zabo baye badityaniselwa kwiinkqubo zoqeqesho lwezakhono zobomi kunye nophuhliso. kuxhaswe amaphulo angamashumi amabini anesithathi, apho isihlanu sayo ebegxile ekulunyukisweni ngokusebenzisa iziyobisi kunye nendlela yokuzithintela. Ngaphezu koko, amaSebe aliqela kweli Phondo naxhasa uphuhliso loLuntu noqoqasho kwiindawo ezisemaphandleni anikele uqeqesho kubahlali abali 1 742 kuphuhlisa abantu kwiinkalo ezahlukeneyo kwabo bahlala kwiindawo zophuhliso lwasemaphandleni. Injongo yokugqalisa uphuhliso lwezakhono kwiindawo zezolimo ezisemaphandleni, kukwenza igalelo ngokungathe-nqo kwiziphumo eziyimveliso.

Intsebenziswano ngokuhlengeneyo kuphuhliso lwezolimo nocwangciso kwiindawo ezineNkqubo Ephelileyo yoPhuhliso lwaseMaphandleni (CRDP) iquka ucwangciso olupheleleyo kwisakhono semveliso yezolimo kunye nokuphononongwa kwesicwangciso semihlaba eleleyo ngelokuvavanya amathuba engeniso enokuvela.

### **3.4 SANDISA UKUSETYENZISWA KWENDALO YETHU NGOKUZINZILEYO NGOKULONDOLOZA IIN- DLELA ZOKWANDISA IMVELISO KWEZOLIMO**

uZinzo kuLawulo Lwezinto esinazo (SRM) lunike ulwazi olufanalekileyo kumafama ayi 174 ankcenkceshelayo ngelokuwancedisa ukuba andise ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela eyiyo ukuze avelise isivuno esongezelekileyo ngokusetyenziswa komthamo onganeno wamanzi, basekwabonelele ngolwazi kumafama akwimihlaba eyomileyo ahlwayela imbewu kunye nawe rooibos tea nokusebenzisa amanyathelo ayi 47 angokutshintsha ukusebenzisa indlela endala yokulima ze kusetyenziswe iindlela zokulondolozwa ekulimeni nokwandisa ukunga/ ukutyeba komhlaba ze kananjalo kugcinwe ukufuma komhlaba. Kwenziwe imikhankaso emithandathu (6) yokulumkisa amafama ngoLondolozo lomhlaba (Land Care) kunye nemikhankaso emithandathu (6) yokuxhotyiswa ngezakhono. Kuphuculwe iiHektare zomhlaba ezinga 18 036 ngokusetyenziswa kwendlela entsha ze kwahlaziywa izicwangciso zefama eziyi 396 ngenjongo yokulima/fuya ngokuzinzileyo.

iCandelo Loncediso ngobuGcisa kwiSebe (UTA) lisebenza ngokupheleleyo yaye linceda ngenkonzo ezininzi zocwangciso kunye novavanyo oluquka uvavanyo lwendalo esingqongileyo nobuchwephesha kucwangciso lokusetyenziswa kwesinako nokuyindalo. Kwangokunjalo, i UTA iqkumbele iziphumo zale misebenzi ilandelayo: 6 yovavanyo lwefuthe kwimvelo esingqongileyo, 5 yezicwangciso zoshishino, 30 lo-phicotho lokuthembakala kophando kunye ne 12 yezimvo zokomthetho ezivakaliswe ekusekweni yabanelungelo emthethweni.

Inkqubo yokuveliswa kokutya kwizitya ezisemakhayeni nephethwe yinkqubo ephantsi: yoKhuseleko Lokutya yenzelwe ukuba ikhuthaze ngokusetyenziswa kwendlela yokuncenkceshela eyi "Family drip" ze yenze igalelo kulondolozo lwamanzi ngelixesha ukuveliswa kokutya kungasengelwanga phantsi.

Imingeni engokutshintsha kweMo-zulu sele ivakala / ibonakala apha eNtshona Koloni, nekukholeleka ukuba eli lelona Phondo lizakuchatshazelwa kakhulu ziimpembelelo zoku kutshintsha kweMo-zulu. Ngenxa yoko kusafuneka kwenziwe uphando oluninzi ngezifundo ze kunikelwe ngeenkonzo zophuhliso kulwazi lezobuGcisa ukuze sancedise amafama ngokuzinzisa umgangatho wemveliso yawo ngokuchasene nomngeni wotshintsho lweMo-zulu. Sigxininisa ngakumbi kuphando ngezifundo-nzulu olungokutshintsha kwemozulu. Kuquka umhlaba omncinci olinyiweyo ukuze kulondolozwe umhlaba, ukutshintshwa-tshintshwa kwendi-

ma ekulinywa kuzo ukuchuma nokushinyana kwezityalo ngelokuthintela ukudaleka komphunga (ezi zint-sika ezintathu zolondolozo lomhlaba wezolimo), kunye nokusetyenziswa kwezichumiso ngokuthelekelelwa okuhle, ezinye iindlela zokufama nezityala ezintsha eziphuma eNtshona Koloni. Kusekukanjelwa phambili ngokulondolozwa ezolimo eluhlwayelwayo kunye necandelo lemveliso yeetapile ze ikhuthazwe kwimizamo yokutshintsha kobugcisa . kumisele iphulo le "Smart Agri" ngelokusetyenziswa ngokuzinzileyo kwendalo.

Abenkqubo yeeNkonzo zoQoqosho kweZolimo (EAS) bayakuxhasa ukulondolozwa kophando ngezifundo kweZolimo. Ngaphezu koko, kwenziwe uphando ngezifundo-nzulu ezibalaseleyo kule nkqubo yokulondolozwa kwezolimo. Le nkqubo yenze uphando-nzulu ngamandla omlilo anokuphinda asetyenziswe ingakumbi ezenziwe ngemveliso evela kwezolimo kunye ne "bioethanol" nedla ngokusetyenziswa ekuhlaziyenzi ezi ndlela. Kuqalisiwe ngenyathelo lophando ngezifundo-nzulu lwamandla avela elangeni ngengxowa-mali ye "World Wide Fund" ngenjongo yokufumana eyona ndlela yokunika amaphula obugcisa obukumila kunje inkxaso-mali. Le nkqubo se isenza uphando ngezifundo-nzulu Carbon footprint kwiifama zophando kweli Sebe, phando olo luhlaziywa ngokuphinda-phindeneyo. Lo msebenzi ukhathshwa liphulo lokuhlaziywa kokusetyenzisiweyo njengenye indlela yokuthomalalisa. Kananjalo, kwenziwe olunye uphando olubalaseleyo ngokwenziwa kwe "carbon calculator" ekufameni ngemfuyo nangezityalo de kugxilwe kumafama asakhasayo kuba ii "calculator" ezokhoyo zisebenza kakuhle kwifama ngohlobo olunye lokufama nakulawo asele ekushishino. Ekuhambeni konyaka, kumiselwe umatshini onnenkcukacha ngezolimo nekuthwa yii "Green Agri Portal" ngentsebenziswano nabakwa "GreenCape" injongo yalo mtshini kukwandisa indlela olufumaneka ngalo ulwazi ngezolimo ngelokuxhasa abantu kwezolimo kumanyathelo abo okulondolozwa indalo njengesombululo ekuthomalaliseni ifuthe lokutshintsha kwemozulu. Yilento iNkqubo yeeNkonzo zoQoqosho kweZolimo ilungelelaniswe no NO 10 kunye ne PSG4.

Ukukhuthaza iindlela ezinzileyo zokulima kungundoqo ekufundisweni kwabafundi kuyo yomibini imigan-gatho ye FET kunye ne HET. AbeNkqubo yeMfundo Ehleliweyo noQoqosho Oluhleliweyo (SAET) Abenkqubo ephantsi kwe SAET i FET ikhuthaza imisebenzi yokuzinziswa kweZolimo. Umzekelo, ihlohla isifundo ngemisebenzi engolondolozo lokulima/fuya kunye nokulima/fuya ngokwemvelo, ulawulo lwezendalo ysethu kunye nomthetho wokukhuselwa kokutya njengenxenywe yenkqubo yokufunda ngamava. Ukukhuthazwa kwemisebenzi yozinziso lokulima /fuya kungumongo ekuhlolweni kwabafundi kuzo zonke iinkqubo zemfundo noqeqesho kumaziko emfundo enomsila. Uluhlu lwezifundo kwiinkqubo zoqeqesho kumaziko Emfundo Ephakamileyo noQeqesho luquka umthamo omninzi womsebenzi ongolawulo lwendalo esiyisebenzisayo. Sisifundo esihlohlwa kuyo yonke iminyaka nelingumthamo obonakalayo ekuqukweni kwazo zonke izifundo, ingakumbi kwizifundo zeDiploma kweZolimo.

### **3.5 SONGEZA AMATHUBA EZOQOQOSHO KWEZOLIMO KWIINDAWO EZIKHETHIWEYO EZISEM-APHANDLENI NGOKUSEKELEZWE KWZIIMFUNO ZOKUHLALA NEZOQOQOSHO KWIMINYAKA ELISHU-MI**

Ngomhla we 17 kweyeDwarha 2014, iSebe lenze isikhumbuzo se "World Food Day" e Suurbraak ekuMasipala wase Swellendam. Njengenxalenye yalo msitho, iSebe lixhase amakhaya ngeziphoo zokutya nge-lokukhuthaza ukovelisa ukutya ngokunokwabo. Zizonke zisixhenxe iindawo zokuhlala ezixhasiweyo nge-phulo lezitya kunye ne 108 yamaphulo ezitya. Oku kwenzeke ngentsebenziswano noMasipala wase Swellendam njengenxenywe ye yephulo le "WDF".

Ukusekwa kwamashishini amatsha eZolimo kwiindawo ezisemaphandleni kuxhasiwe ngabophando no-phuhliso kweli Sebe. Oku kuquka nokuncedwa ngezixhobo ezisetyenziswayo ekuthathweni kwezigqibo nezinye ngo (Cape Farm Mapper) kunye nokuxhaswa ngobuGcisa ngeyona ndlela ilungileyo yokuse-tyenziswa kwendalo esingqongileyo ngelokwandisa imveliso ekweZolimo kube kufakwe ulungiselelo olun-geneno kunoluhlekileyo. Inkqubo yeeNkonzo zoPhando kunye noPhuhliso lolwazi kwezobuGcisa (RTDS) nayo inikezele ngeenkomo zohlobo kumafama asakhulayo ngelokukhwezela inzala eyiyo kwimfuyo yawo. Abenkqubo yeeNkonzo zoQoqosho kweZolimo (SAET) bathathe inxaxheba kuphuhliso lwezakhono kwiindawo ezisebaphandleni kweli Phondo, ingakumbi kwiindawo eziphantsi kweNkqubo Ephelileyo yo-Phuhliso lwaseMaphandleni (CRDP). Amalungu eBhunga Lamaqabane (COS) afumana uqeqesho lobuN-kokheli, Unxibelelwano, kuShishino, Agri-marketing kunye noLawulo lweZimali.

Um'bono we NDP ka 2030 uphakamisa amathuba angcono entatho-nxaxheba yabahlali basem-aphandleni ngokupheleleyo ngoqoqosho nentlalo-ntle yabo bexhaswa licandelo lezolimo ngegalelo loku-dala amathuba asisigidi emisebenzi. Ngokuhambisana no NO7: ongoPhuhliso Olupheleleyo lwamaPhan-dle kunye nokufumaneka kokutya kumntu wonke, NO4: Ingqesho ePhucukileyo ngokuhluma okuquka abantu bonke kunye ne PSG1: egxinisisa ekugqalweni thuba okuhluma kunye nemisebenzi.kungoko sibone ukuba makuqhubekela phambili ukumiselwa ngokuPheleleyo iNkqubo yoPhuhliso Lwamaphandle (CRDP) kwiindawo ezikhethelwe uphuhliso emaphandleni. Le nkqubo ihamba ngokweengingqi zonyulo lomasipa-

la, isombulula imiba ethile kunye namathuba phakathi kwemida ethile. Le nkqubo yokusebenza ijoliswe kwiindawo ezili (16) zophuhliso lwamaphandle kweli Phondo liphela. Ukuphuculwa kwentsebenziswano ngamaSebe kaRhulumente, ngenjongo yokuphuculwa ulawulo kwiindawo zokuhlala emaphandleni, ngomnye woondoqo be NDP nefuna ukuba kuququzelelwe imizamo yemigangatho yomithathu karhulumente. Ukuhlenganiswa komsebenzi weeKomiti ezili 13 zokuQhuba imisebenzi yendibaniselwano kuRhulumente kunye nokusebenza namaqabane anomdla, awasebuRhulumenteni nawabucala, kujonge ekwenzeni indima yalo msebenzi ibonakale ngelokuqinisekisa ukugxila kwindlela yokusebenza ngoncedo olusisiseko kunye nophuhliso loqoqosho.

Nangona uphuhliso loLuntu lusiya ngokuba ngcono kwezinye iindawo ezisemaphandleni, kusengumngeni ukuthathwa kwenxaxheba kuqoqosho ngabahlali basemaphandleni, kwicandelo labucala. Ukusebenzisana namaqabane kwimveliso yorhwebo ngendlela esetyenziswa liSebe kwimveliso yorhwebo kukhokelele kumashishini okufama kwiindawo zokuhlala ezisemaphandleni nangawona abekelwe phezu ekuxhasweni nangezimali.

Kubonakala ngathi abahlali basemaphandleni babalekela ezidolophini ngeliyokufuna amathuba engqesho. Ukuze sikwazi ukusombulula imingeni yezoqoqosho kunye neziseko eziluncedo, kubaluleke kakhulu ukuba sifumane inkxaso yeliZiko kunye nokuphuhliswa kwabasebenzi nezakhono abanazo. Kubalulekile ukunikela ngezakhono kumaqabane asekuhlaleni yaye kunyaka-mali ka 2014/15 kwenziwe ucwangciso olugqale kwimizamo yonyaka-mali ka 2015/16, malunga nezakhono ezi. Okwakaloku nje, kuxhaswa Amabhunga Amaqabane Anomdla (COS) angama (36) kwindawo eziphuhliswayo emaphandleni. Ezi Komiti zimele iindawo ezikhethiweyo zokuhlalakoLuntu ngenjongo yokuba le ndawo inolwazi yaye ithatha inxaxheba ekubonweni, kucwangciso nokwenziwa kwamanyathelo ophuhliso nekuyeyona njongo yokudala amathuba engqesho kwalapha ekhaya. Ukuqhubekela phambili kwentsebenziswano phakathi kweenkqubo kunye namaSebe kuyakukhokelela kucwangciso oluzinzileyo lophuhliso noluyakuphumelelisa uqoqosho kucwangciso lwemida yooMasipala de kuphumelele kwezinye iindawo. Kuyakusetyenziswa iinkcukacha zolwazi olukhoyo olufunyenwe ngePhulo loLwazi Ngamabala Aleleyo ekukhangelweni kwezona ndawo ziphezulu ekukhawulezisweni kophuhliso lwamashishini anesakhono sokuma kuzo zonke iindawo zasemaphandleni.

Ezolimo zibalulekile kuphuhliso loqoqosho loLuntu kwiindawo ezisemaphandleni. Kuyakuqiniswa inkxaso yamafama asakhulayo ukuze angenele ekuveliseni ngomthamo omkhulu, ngemilingano, ze kuthunyelwe kwiimarike, ngenxa yoqhakamshelwano namaqabane emveliso zorhwebo. Kuyakugocwa-gocwa ushishino lokusongelwa nokupakishwa kweemveliso zolimo njengeyona nto kucwangciso lophuhliso lwezolimo emaphandleni ukuze kuqaliswe ukudalwa kwamathuba emisebenzi ekhokeliswa phambili yi NDP. Ngoko ke sicinga ukusebenza ngokusondeleneyo phakathi kweenkqubo ye RDC, FSD kunye ne AES ezichongelwe ukugxininisa ucwangciso lophuhliso lwezolimo kwiindawo ezithile. Le nkqubo ikhokelela kwezona zicwangciso zophuhliso kwiindawo ezithile nezihambelana neengongoma eziphezulu ze IDP kuyo yonke imigangatho karhulumente kunye nabahlali. Ukuze sikufumane oku, lubalulekile utyalo-malo lwangaphakathi kunye nolo lwangaphandle. Ngoko ke, iiNkonzo zeCandelo loTyalo-mali kuShishino ngeZolimo (AIU) ziyakusetyenziswa kakhulu ekukhuthazeni nasekuxhasweni kwiindawo ezisemaphandleni. Ngaphezu koko, iSebe liceba ukuba ngumdibanisi wamaphulo ekubonakala enefuthe elikhulu kwicandelo lezolimo liphela, umz, ezo zikhankanywe phantsi kwe SIP 11 kunye ne Agri processing ku PSG1.

Abenkqubo yeNkonzo zoQoqosho kweZolimo (EAS) bathathe inxaxheba kwiintlanganiso zeKomiti yoLawulo loPhuhliso lwaseMaphandleni kwiindawo ezahlukeyo. Abotyalo-mali kwi "Agri-business" babinze nge-mali eyi R 230.4 yeziGidi zeeRandi besenzela ukufezekiswa kwale njongo njengokuba benze utyalo-mali kumaphulo aliqela phakathi konyakamli ka 2014/15. Uninzi lwala maphulo asezingaweni ezisemaphandleni. Kwenziwe umzamo oluqilima wokusebenza nabenkqubo yokuQuquzelela uPhuhliso lwasemaphandleni (RDC) ngokuvundlisa abantu nokuseka ookopolotyeni abatsha kwiindawo ezisemaphandleni. Kuhlinzwe iiworkshop eziliqela ngenxa yoku.

Ilishwa lwemibhishizo lwabasebenzi basezifama ngonyaka-mali ka 2012/13 lubangela ukuba khe sicingisise ngomonakalo kwigama leliSebe kunye nekamva lezolimo. Sizakuqala ngokuvuma igalelo elenziwa ngeZolimo kuqoqosho loMzantsi Afrika kunye nopapasho lwamabali empumelelo. Ekufezekisweni kwe PSG3, engokwandiswa kolonwabo, ukhuselo kunye ze kugungxulwe ukuzuphatha okungekukhle, ukugqalwa kokuphuhliswa kwabasebenzi basezifama kusenzela lula ukuba sikwenze oku ngokusasaza upapasho (umz, Abundant Harvest), amaqonga eengxoxo zabasebenzi basezifama, amakhuphuswano engingqi nawePhondo kunye nokubonisana ngale mpumelelo. Ukupapashwa kwe "Abundant Harvest", "Better Together" eziphume ngo 2014 zibonakalisa amabali empumelelo apho amafama kunye nabasebenzi basezifama besebenza ngokuhlangeneyo.

Injongo yophando Ngamakhaya Abasebenzi baseziFama kweli Phondo liphela kukuveza ulwazi oluyakunceda urhulumente ekuvezeni amathuba, ingakumbu kuLutsha lwasemaphandleni ukuze luxhamle

kumanyathelo emfundo noqeqesho. Ngaphezu koko, olu phando luyakunceda ngolwazo olufunekayo lobuntlola ngemeko yoqoqosho nentlalo yabasebenzi basezifama kunye neentsapho zabo kwiPhondo lonke. Ibalulekile intsebenziswano nooMasipala kunye norhulumente kuquka namaSebe kwiPhondo kwiziphumo zeSithili kunye neengingqi zooMasipala ekwazisweni kweemfuno zonikelo lweenkonzo zabasebenzi basezifama kunye nemeko yengqesho kunye nemfundo yoLutsha lwasemaphandleni. Injongo yeli phulo kukugqibezela izithili ezimbini zooMasipala ngonyaka-mali ngamnye yaye sicebe ukuba siyenze kule minyaka mithathu izayo. iSithili se Cape Winelands kunye nese Overberg sele zigqityiwe yaye uqhakamshelwano kunye nooMasipala kuquka namSebe sele luqalile.

Njengokuba iSebe lizibophelele ekuhlanganiseni ucwangciso lwalo kunye nooRhulumente Basekhaya, kwinyanga yeDwarha 2014, iSebe lithathe inxaxheba ngokuzinikeleyo kwiNyathelo Locwangciso Ngokuhlangeneyo (JPI). Phakathi kwexesha lokwenziwa lwale nkqubo, iSebe labandakanywa kumacebo ongenelelo angama 64 nalopho laye lachongwa ukuba likhokele kumacebo ali 18. Oku kungaqukwa kube ngamahlalo ama 6: ayi a) Ukubuyiselwa koMhlaba kuLuntu, b) Agri-processing, c) Ukuxhaswa kwamanye amacandelo (kuquka neentlanzi), d) Ulwabelwano ngoLwazi, Inkqubo zeNkxaso kunye f) Uphuhliso Lwezakhono.

Kuluvuyo ukuba la mahlelo angahlanganiswa ne (CAADP) yamazwe-ngamazwe, Izwe-lethu, iPhondo kunye nemisebenzi ephuzulu kumaSebe.

## 4. INKCAZELO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI NGENKQUBO NGANYE

### 4.1 INKQUBO 1: UBHALISO NOLAWULO

Injongo yeNkqubo 1: ubhaliso nolawulo kukunika isikhokelo kunye neenkonzo zoncedo kwiiNkqubo ezahlukeneyo zokwenziwa komsebenzi kweli Sebe ukuze akwazi ukuphumelelisa imisebenzi eyibekelweyo ukuze iSebe lifezekise iinjongo zobuchule.

Le nkqubo yenziwe yangamaSebe aphantsi, nangala:

- I-Ofisi Yomphathiswa
- Abaphathi abaphezulu
- Iinkonzo Zolawulo
- Ulawulo lwezimali
- Iinkonzo Zoqhakamshelwano

### **Iinjongo Zobuchule, izikhombisi zokwenziwa komsebenzi, ukucetywa kosukelo kunye neziphumo Injongo Buchule balenkqubo kukuba**

Kude kube ngoku, le Nkqubo isukele eziNjongo Zobuchule zilandelayo:

- a) Isikhokelo sobuNkokheli nobuChule kwicandelo leZilomo kwiPhondo nakwiSebe;
- b) Kukuzinzisa ulawulo olululo kwiSebe;
- c) Kukunika inkxaso yezimali nolawulo kwiSebe,
- d) Kukuqhakamshelana ngokupheleleyo imisebenzi yeSebe.

### Ezona nkonzo nemigangatho

Inkqubo 1: Ubhalo noLawulo					Ukuphawula ngokunxaxha
Injongo buchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo Olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Ukunxaxha kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/15	
<b>Inkonzo Zolawulo:</b> Kukuququzelela, ukuhlanganisa nokwenza ze kuthunyelwe isiCwangciso soLawulo Lokusetyenziswa kweMpahla (UAMP)	Ewe	Ewe	Ewe	-	
<b>Inkonzo Zolawulo:</b> Inani labasebenzela ukufumana amava, labafundela amava kunye neebhasari ezinikezelweyo	Akwenziwanga ngxelo kulo nyaka	75	123	48	Inani leqela lesibini labasebenzela amava lidityaniswe nelangaphambili. (Sibagcina iinyanga ezilishumi). Ngenxa yokubambezeleka kokutyikit-ywa kwesivumelwano sokusebenza, le nkqubo iqalise emva kwexesha ebelisikiwe, kweyeNkanga 2014. Kunikezelwe ngezinye iibhasari
<b>Ulawulo Lwezimali:</b> Ukufumana uluvo oluhle ngophicotho zincwadi lwangaphandle, ngaphandle kweminye imibandela kwinkqubo ephantsi: koLawulo lweZimali	Yes	Yes	Yes	-	
<b>Inkonzo Zoqhakamshelwano:</b> Inani longenelelo ngoqhakamshelwano	23	23	23	-	

**Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi**

Inkqubo Ephantsi 1.3: iinkonzo Zolawulo					Ukuphawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Ukunxaxha kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/15	
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Ukuququzelela, ukwenziwa nokufakwa kwesicwangciso soLawulo lokuSetyenziswa kweMpahla (UAMP)	Ewe	Ewe	Ewe	-	
Inani labasebenzela ukufumana amava, labafundela amava kunye neebhasari ezinikezelweyo	Akwenziwanga ngxelo kulo nyaka	30	32	2	Kuthathwe abafundi ababini ngaphezu kokuba kulindelekile
Inani elivunyiweyo kwabasebenzela amava	Akwenziwanga ngxelo kulo nyaka	10	20	10	Ina ni leqela lesibini labasebenzela amava lidityanise nelangaphambili. (Sibagcina iinyanga ezilishumi).
Inani leebhasari ezikelwe izifundo zezolimo	Akwenziwanga ngxelo kulo nyaka	35	71	36	Ngenxa yokubambezeleka kokutyikitywa kwesivumelwano sokusebenza, le nkqubo iqalise emva kwexesha ebelisikiwe, kweyeNkanga 2014. Kunikezelwe ngezinye iibhasari

Inkqubo Ephantsi 1.4: uLawulo Lwezima li					Ukuphawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Ukunxaxha kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona Zikhombisi kwiPhondo</b>					
Ukufumana uluvo oluhle ngophicotho zincwadi lwangaphandle, ngaphandle kweminye imibandela engoLawulo lweZimali	Ewe	Ewe	Ewe	-	
Ukufumana uluvo oluhle ngophicotho zincwadi lwangaphandle, ngaphandle kweminye imibandela engoLawulo Lokuthengwa kweMpahla neeNkonzo	Ewe	Ewe	Ewe	-	

### Izikhombisi Zokwenziwa koMsebenzi

Inkqubo Ephantsi 1.5: iinkonzo Zoqhakamshelwano					Ukuphawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Ukunxaxha kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/15	
<b>Ezona Zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inali leencwadana eziququzelelweyo	11	11	11	-	
Inani lemisitho eququzelelweyo	12	12	12	-	

### Igalelo kwiziphumo zeenjongo-Buchule kwiSebe

**Kukuxhasa iCandelo leZolimo kwiPhondo ukuze likwazi ukugcina isikhundla salo ekuthunyelweni kwempahla zorhwebo kumanye amazwe kule minyaka mi 5 ilandelayo ngokukhulisa ixabiso lisuke kwi R 14.014 yezigidi ngezigidi ngo 2009**

Olunye upapasho olubalulekileyo kwiiNkonzo zoQhakamshelwano yi AgriProbe. Kolu papasho kwenziwe isithuba esaneleyo sezemarike kunye nokukhuthazwa korhwebelwano namanye amazwe. Ngaphezu koko, le misitho ilandelayo ixhaswe licandelo elidityaniselwe kwiNjongo-buChule:

- Umnyhadala we "S A Cheese, kunye
- Agri Mega Week.

**Kukuqinisekisa impumelelo yobuncikane be 60% kumaphulo okubuyiselwa komhlaba wezolimo kuLuntu kweli Phondo kule minyaka mihlanu ilandelayo**

NjengakwiNjongo-buChule edlulileyo, i AgriProbe ipapashe inani elithile lamanqaku axhasa ukubuyiselwa komhlaba kuLuntu. Ngaphezu koko, le misitho ilandelayo ithe yaxhasa le Njongo-buChule:

- Itheko Lamagosa Otyelelo noNikelo Zingcebiso
- Agri Femina
- World Food Day
- Ukhuphiswano ngeziTiya Zemifuno e Karatara
- School open Day, kunye
- The Abundant Harvest: upapasho olube kwi "Better Together".

**Kukuxhasa eli candela (amafama kunye necandelo loshishino) ngelokwandisa iimveliso zezolimo ezona mveliso zorhwebo kwiPhondo) ngobuncikane be 10 % kule minyaka mihlanu ilandelayo.**

Upapasho kwi AgriProbe lulo oluxhase ukusasazwa kolwazi oluyakuxhasa ukuba eli candela lemveliso likhule. Ezinye iintshukumo ezibe nenxakaso ziquka i:

- Agri Cape Week
- Inkomfa yeHlabathi nge "Merino 2014"
- Ukubhaselwa kooSomashishini Bamakhosikazi kweli Phondo, kunye
- NesiKhumbuzo seminyaka engama 50 seFama yoPhando-nzulu Ngezifundo e Oudtshoorn.



### Kukwandisa ukusetyenziswa okuzinzileyo zoncedo oluyindalo ngokusetyenziswa kweendlela zolondolozo ngelokwandisa iimveliso zezolimo

Ngaphezu kweqonga leengxoxo elivele ngenxa yencwadana ye AgriProbe, kunikezelwe ngenkxaso em' mandla kumanyathelo angoLondolozo loMhlaba kunye nemisitho enje nge "Arbour week".

### Kukwandisa amathuba oqoqosho ngezolimo kwiindawo ezikhethiweyo zasemaphandleni ngokweemfuno zoqoqosho nentlalo kwiminyaka elishumi elandelayo

Le Njongo-buChule ixhaswe ziimpendulo kumaphepha apapashiweyo kwakunye nenkxaso kwiintshukumo ezithile ezinje ngeze "World Food Day" kunye nokhuphiswano lwezitya zemifuno kwiindawo zokuhlala ebezihlinzeke lo msitho kwixesha elingaphambili.

### iQhinga lokohlula iindawo ezingawufeziyo umsebenzi wazo

Akukho zindawo zingawufezanga umsebenzi wazo.

### Utshintsho kusukelo olucetyiweyo

Akukho lutshintsho lwenzekileyo kusukelo obelucetyiwe

### Ukudityaniswa kokwenziwa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali

Le nkqubo inomsebenzi okukuncedisa amanye amacandelo, owona msebenzi walo kukuxhasa ukwenzeka komsebenzi weSebe ukuba uvelise umsebenzi ophucukileyo ngomgangatho.

### Inkcitho yeNkqubo Ephantsi

Igama lenkqubo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo oluphunyeziweyo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu / ephantsi)	Ulwabiwo oluphunyeziweyo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu / ephantsi)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
I-Ofisi Yomphathiswa	7 802	7 802	-	6 134	6 134	-
Abaphathi Abaphezulu	9 507	7 732	1 775	5 747	5 747	-
Iinkonzo Zolawulo	51 758	51 758	-	49 216	43 802	5 414
Ulawulo Lwezimali	36 920	32 860	4 060	29 264	29 252	12
Iinkonzo Zonxibelelwano	5 978	5 978	-	6 811	6 531	280
<b>Totali</b>	<b>111 965</b>	<b>106 130</b>	<b>5 835</b>	<b>97 172</b>	<b>91 466</b>	<b>5 706</b>

## 4.2 INKQUBO 2: ULAWULO OLUZINZILEYO LWEMIJELO YOKUSEBENZA

Iinkonzo Zoncedo zinikezelwa yinkqubo yoLawulo Oluzinzileyo Lwemijelo yokusebenza (SRM) kuwo onke amafama kweli Phondo. Kugxiniswe ekugcineni, ukuphucula nokusebenzisa ngokuzinzileyo imijelo yendalo ngokumisela amaphulo, ulungiselelo lolawulo kunye nemikhankaso yonxibelelwano. Kwimizamo yayo yokuqinisekisa uzinzo olupheleleyo lecandelo lemveliso yeZolimo, kugxilwe kungenelelo ezifama. Abona bantu bayakuliva kuqala ifuthe lokutshintsha kweMo-zulu ngaboLawulo Oluzinzileyo Lwemijelo Yokusebenza (SRM) yaye utshintsho ukutshintshwa kokwenziwa kweendlela zokuxhasa amafama lizakunyanzela le nkqubo ukuba ihlale iveza amacebo.

Ukusombulula le mingeni, injongo kukunika abe SRM izisombululo neendlela zokwenza imisebenzi ngabezobuNjineri kweZolimo kunye neenkondo zoLondolozo loMhlaba (Land Care), unxibelelwano olubona kwangaphambili, ukumisela kwamaphulo kwakunye nokwabelana ngolwazi lwezobuGcisa nabathengi kunye noogxa bethu. Le nkqubo isenoxanduva lokwenziwa nokulawula ulungiselelo lokuhlangula kwiintlekele.

Injongo yale nkqubo ihlanganiselwe nqo ku NO10: Imvelo yethu esingqongileyo kunye nemijelo yendalo ekhuselekileyo kunye ne PSG4; Intsingiselo kuzinziso nokwandisa ukusetyenziswa kwemijelo yokusebenza ngobunono kwakunye nokuxhasa i PSO1.

Le nkqubo yenziwe ngeenkqubo eziphantsi ezine, nezizezi:

- Iinkonzo Zobunjineri
- Ulondolozo loMhlaba
- Ulawulo Lokusetyenziswa koMhlaba
- Ulawulo lweNtlekele noNgcipheko

### **Iinjongo Zobuchule, izikhombisi zokwenziwa komsebenzi, usukelo olucetyiweyo kunye neyona mpumelelo**

Iinjongo zobuchule kulenkqubo iphantsi zezi zilandelayo:

#### **Inkqubo ephantsi kweNkonzo Zobunjineri**

- Kukunikela ngeenkondo zobuNjineri ngelokuxhasa ze kwande imveliso yezolimo ze kuphuculwe nendlela yokusetyenziswa kwemijelo yendalo ngokuzinzileyo.

#### **Inkqubo ephantsi: koLondolozo loMhlaba**

- Ukukhuthaza uzinzo ekusebenziseni nolawulo lwemijelo yezendalo kwezolimo.

#### **Inkqubo ephantsi: koLawulo lokusetyenziswa koMhlaba**

- Ukukhuthaza ukumisela kokusetyenziswa nokulawulwa kwemijelo yendalo kwezolimo ngokuzinzileyo, ngokusetyenziswa kwemithetho yolawulo ukusetyenziswa komhlaba

#### **Inkqubo ephantsi: uLawulo lweNtlekele noNgcipheko**

- Kukunika iinkonzo zokuncedisa abathengi ngokumayela nolawulo lweNtlekele noNgcipheko kweZolimo.

**linjongo Zobuchule**

uZinzo loLawulo lweMijelo					ukuPhawula ngokunxaxha
linjongo Zobuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>linkonzo Zobunjineri:</b> Inani leenkonzo zobunjineri ezinikezelwe ukuxhasa nokwandisa imveliso yezolimo kunye nokwandisa imijelo ezinzileyo yendalo	681	481	755	274	Olu ncedo lufunwa kakhule yaye kwenziwe izicelo ezininzi zokuqhubeka ngayo kunokuba bekulindelekile
<b>uLondolozo loMhlaba:</b> Inani leentshukumo zokukhuthaza ukusetyenziswa nokulawula ngokuzinzileyo imijelo yezolimo	383	322	420	98	Olu ncedo lufunwa kakhule yaye kwenziwe izicelo ezininzi zokuqhubeka ngayo kunokuba bekulindelekile
<b>Ulawulo Lokusetyenziswa koMhlaba:</b> Inani leentshukumo zolawulo ngokusetyenziswa komhlaba ngelokukhuthaza ukumiselwa kokusetyenziswa ngokuzinzileyo ulawulo lweemijelo yendalo kwezolimo	1 355	1 150	1 296	146	Olu ncedo lufunwa kakhule yaye kwenziwe izicelo ezininzi zokuqhubeka ngayo kunokuba bekulindelekile
<b>Inflekele noLawulo Longcipheko:</b> Inani leenkonzo zenkxaso elinikelwe kubantu malunga nolawulo lwentlekele nongcipheko kwezolimo	58	40	34	(6)	Ukuhla kwamaqondo obushushu kunawonyaka ophelileyo kukhokelele ekubeni kukhutshwe izilumkiso

**Izikhombisi Zokwenziwa komsebenzi**

Inkqubo ephantsi: 2.1 linkonzo Zobunjineri					ukuPhawula ngokunxaxha
Unxaxho kusukelo olucetyiweyo	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zecandelo:</b>					
Inani leengxelo ezikhutshiweyo ngeengcebiso zobunjineri kwezolimo	194	150	335	185	Olu ncedo lufunwa kakhule yaye kwenziwe izicelo ezininzi zokuqhubeka ngayo kunokuba bekulindelekile
Inani lezisombululo eziyiliweyo ngokweenkcukacha kubunjineri ngezolimo	98	81	96	15	Olu ncedo lufunwa kakhule yaye kwenziwe izicelo ezininzi zokuqhubeka ngayo kunokuba bekulindelekile.
Inani lezatifikethi ezikhutshiweyo ngolwakhiwo lweziseko eziluncedo	87	50	63	13	Olu ncedo lufunwa kakhule yaye kwenziwe izicelo ezininzi zokuqhubeka ngayo kunokuba bekulindelekile
Inani lamafama anikwe iinkonzo zobunjineri kutyelelo ezifama zawo	302	200	261	61	Olu ncedo lufunwa kakhule yaye kwenziwe izicelo ezininzi zokuqhubeka ngayo kunokuba bekulindelekile

Inkqubo ephantsi 2.2: uLondolozo loMhlaba					ukuPhawula ngokunxaxha
Unxaxho kusukelo olucetyiweyo	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Icandelo lemveliso-eZona zikhombisi</b>					
Inani lemikhankaso yokulumkisa eyenziwe ngokuLondolozwa koMhlaba	6	6	6	-	
Inani lemigushuzo yophuhliso lwezakhono eyenziwe kumaphulo aphunyeziweyo kuLondolozo loMhlaba	6	6	6	-	
Inani leeHektare zomhlaba wefama eliphuculwe ngokusebenzisa iindlela zokulondoza	29 076	1 000	18 036	17 036	Ukwabiwa CASP wavumela ulungiselelo ucingo omtsha ukusebenza , ekuqaleni bekulindelwe.
Inani labaxhamli abasebenzisa indlela yokusebenzisa umhlaba ngokuzinzileyo nolwazi lobuGcisa	-	-	-	-	
Inani lemisebenzi edalwe ngokwenza imveliso ngezinto esele zisebenzile kuLondolozo loMhlaba	145	90	178	88	Ukwabiwa CASP wavumela ulungiselelo ucingo omtsha ukusebenza , ekuqaleni bekulindelwe.
<b>Izikhombisi ezizizo kwiPhondo</b>					
Inani lamaphulo acetyiweyo ngokweendawo	10	10	10	-	
Inani lemisebenzi yokhuselo	47	150	85	(65)	Nokubabiyela unalo kwavuselela isicelo imisebenzi kwamadlelo ukwehla ukuze zokukhusela
Inani lemisebenzi esemiseleni	66	50	34	(16)	izicelo ezimbalwa kunokuba bekulindelwe - ziimfuno.
Inani lemisebenzi yokuse-tyenziswa kwamadlelo	248	100	279	179	Okuninzi imisebenzi endle yagqitywa ngenxa imfuno ephakamileyo leyo ngenxa yembalelel kunye loyilo ucingo
Inani labasebenzi kwinkqubo ye EPWP, ngemini umntu ngamnye	35 338	27 000	41 025	14 025	Uchatha ngenxa mali CASP yabelwe iprojekthi ucingo
Inani loLutsha oluzimase amanyathelo e Junior LandCare	8 862	7 000	10 340	3 340	Satshintsha ukusuka kwiinkampu ukuba utyelelo mini , oko kukhokelele kulondolozo iindleko usukelo ulutsha ngaphezulu.

Inkqubo ephantsi 2.3: Ulawulo ngokuSetyenziswa koMhlaba					ukuPhawula ngokunxaxha
linjongo Zobuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusu-kelo olucetyweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Izikhombisi ezizizo kwiPhondo</b>					
Inani lezindululo ezenziweyo ngokwahlulwa kwemihlaba, ukutshintshwa kwenjongo yokusetyenziswa komhlaba kwimihlaba yezolimo	1 028	900	900	-	
Kuqunyelwe izicwangciso eziliqela zolwakhiwo kwiifama	327	250	396	146	Ukuqinisekiswa komonakalo wezantyalan-tyala zango 2013/14 kuveze ithuba lokuhlaziya ze kuqunyelwe nezinye izicwangciso zolwakhiwo

Inkqubo ephantsi 2.4: Ulawulo Lwentsikelele noNgcipeko					ukuPhawula ngokunxaxha
linjongo Zobuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusu-kelo olucetyweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Izikhombisi ezizizo kwiPhondo</b>					
Inani lengxelo ngezilumkiso ezikhutshwe phambi kwexesha	58	40	34	(6)	Ukuhla kwamazinga obushushu kunonyaka ophelileyo kukhokelele ekuhleni kwamanani ezilumkiso ezikhutshiweyo kunokuba bekulindlekile

### Igalelo kwiziphumo zobuchule beeSebe

**Sixhasa ezolimo kwiPhondo ukuba likwazi ukugcina isigxina salo kuthunyelwe lwempahla kumanye amazwe kule minyaka mihlanu izayo ngokukhulisa ixabiso lalo lisuke kwi R 14.014 yezigidi ngezigidi ngo 2009**

Kunikwe abenkonzo zobuNjineri kubathengi beenkonzo zezolimo ukuze bagcine okanye bandise iimveliso zorhwebelwano nezithunyelwa kumanye amazwe kwanjalo kwandiswe uzinzo nokuqhubekela phambili kwamashishini abo. Kunikelwe ngeenkonzo zobuNjineri kubathengi ngamanyathelo enxaso ayi 505 anje ngawengxelo zophando, ukwenziwa nokugqitywa kwezatifiketi ze abathengi abayi 261 bona banikwe iingcebiso namacebo ethutyana kwezolimo ngabezobuNjineri.

**Kukuqinisekisa ukuba ubuncikane i 60% yawo onke amaphulo okubuyiselwa komhlaba wezolimo kweliPhondo ayimpumelelo kule minyaka mihlanu izayo**

Kunikezelwe ezona nkonzo zizizo zobuNjineri kubaxhaamli abayi 168 kubuyiselo lomhlaba ngelokwandisa nokuzinzisa kokulima / fuya kwiifama zawo. Oku kwenziwe ngenyathelo lokuxhasa amaphulo ayi 321 nanje ngawengxelo zophando kunye nokuyilwa nokugqityezelwa kwezatifiketi.

**Sixhasa icandelo lemveliso (amafama necandelo labemveliso) ngelokwandisa imveliso yezolimo (iimveliso eziphambili zorhwebelwano kweli Phondo) ngobuncikane be 10% kule minyaka ilishumi izayo**

Amafama ankcenkeshelayo alikhulu elinamashumi asixhenxe elinesine (174) anikwe ulwazi ulubalulekileyo ngelokuwancedisa ukuba asebenzise ngokupheleleyo imijelo ekhoyo yendalo ukuze andise imveliso ngoxa esebenzisa umlinganiselo ofanayo wamanzi. Asekwaxhasiwe amafama neemashini ezingama 219 kunye nokufama ngeendlela zokulondoloza, 4 on-farm value adding, izakhiwo ezingama 46 kunye noku-phathwa kwemfuyo kunye namanyathelo angama 48 okukhusela ukukhuliseka komhlaba emlanjeni.

## Sandisa uzinzo ekusetyenzisweni kwemijelo yethu yendalo ngokweendlela ezaziwayo ngelokwandisa imveliso kwezolimo

AbeNkqubo ye SRM babonelele ngolwazo olufunekayo kumafama ankcenkceshelayo ali 174 ngelokuwancedisa ukuba andise ukusebenzise amanzi ngokugqibeleleyo ukuze avelise ukutya okongezelekileyo. Kunikelwe nangolwazi oluchanileyo kwabahlwayela kumhlaba owomileyo kunye namafama e "rooibos tea" ngamanyathelo angama 47 ukuze atshintshe ekulimeni ngokuqhelekileyo ze balime ngohlobo olulondolozayo ngelokuba kutyetyiswe umhlaba ze kugcinwe ukufuma komhlaba. Kwenziwe iintshukumo ezi ntandathu (6) zemimikhankaso yokuvundlisa abantu ngoLondolozo loMhlaba zaza zantandathu iintshukumo zophuhliso lwezakhono. Kuphuculwe ii 18 036 yeeHektare zomhlaba ngendlelo yolimo olulondolozayo kwaze kwahlaziywa iizicwangciso ezingama 396 ngenjongo yokugcina uzinzo kwezolimo.

## Ubuchule bokuhlangabezana neendawo ezingawufeziyo umsebenzi wazo

Iinkonzo ezinikwe abathengi bethu ziyafuneka ngammandla yaye asinalawulo ekufunweni nasekufumanekeni kwezi nkonzo. Zonke izicelo ezifunyenwe enyakeni ziphendulwe ngendlela efanelekileyo. Imeko ye-zoqoqosho idlala indima enkulu kutyalo-mali olunokwenziwa ngamafama kwiifama zawo kunye nenkonzo yoLondolozo loMhlaba ngezobuNjineri nabazicela kwiSebe.

## Utshintsho kusukelo olucetyiweyo

Akukho lutshintsho lwenzekileyo kusukelo obelumisiwe

## Ukuhlanganiswa kokwenziwa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Ukwenziwa komsebenzi leliSebe bekuhambelana nobungakanani bemali ezikhoyo

## Inkcitho yeNkqubo Ephantsi

Igama lenkqubo	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo oluphunyeziweyo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu / ephantsi)	Ulwabiwo oluphunyeziweyo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu / ephantsi)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
IiNkonzo ZobuNjineri	16 455	16 455	-	16 083	16 083	-
Ulonolozo lomhlaba	30 221	30 221	-	27 694	27 694	-
Ulawulo Lokusetyenziswa komhlaba	877	877	-	853	853	-
Ulawulo Lwentlekele Nongcipheko	185 371	185 371	-	2 441	2 441	-
<b>Totali</b>	<b>232 924</b>	<b>232 924</b>	<b>-</b>	<b>47 071</b>	<b>47 071</b>	<b>-</b>

## 4.3 INKQUBO 3: UKUXHASWA KWAMAFAMA NOPHUHLISO

Injongo yeNkqubo ye FSD kuku:

- Qinisekisa indlela ezinzileyo yokuxhasa amafama amatsha nasandul'ukuma (kuquka nabaxhamli kubuyiselo lomhlaba).
- Linganisa impembelelo eyenziwe ngongenelelo njengokuba le Nkqubo yeSebe yenzile.
- Kunyusa utyalo-mali kwaboshishino lwabucala kunye namaqela ezivuno esirhweba ngazo.
- Qinisekisa umgangatho wonikelo lweenkonzo kunye neengcebiso kumafama.
- Siqinisekise ukuba siyabancedisa ooMasipala kunye namanye amaSebe kaRhulumente ngokumiselwa kwezitya kuLuntu lwasekuhlaleni nasemakhayeni.

Inkqubo ephantsi kwe FSD zezi zilandelayo:

- Kukulhlaliswa kwamafama kunye noPhuhliso
- Lutyeliso kumafama kunye neeNkonzo Zengcebiso
- Ukhusele lokubakho kokutya
- Casidra SOC Ltd.

**linjongo Zobuchule, Izikhombisi Zokwenziwa koMsebenzi, usukelo olucetyiweyo kunye neyona mpumelelo**

**Inkqubo ephantsi: Ukuhlaliswa kwamaFama noPhuhliso:**

Kukulungiselela, ukuququzelela nokunika inkxaso kumafama amnyama asakhulayo kunye namafama oshishino ngophuhliso oluzinzileyo lwamafama kumanyathelo okubuyiselwa komhlaba kuLuntu kweli Phondo.

**Inkqubo ephantsi: Utyelelo kumafama neeNkonzo zeeNgcebiso:**

Kukutyelisa kumafama nokunikela ngeenkonzo zeengcebiso kumafama.

**Inkqubo ephantsi: Ukhusele lokufumaneka kokutya:**

Siyaxhasa, sinike iingcebiso ze siququzelele ukumiselwa kwecebo Lentlanganisela Yokufumaneka koKutya kuMzantsi Afrika (IFSS-SA).

**Inkqubo ephantsi: Casidra SOC Ltd:**

Kukuxhasa iSebe ngokumiselwa kwamaphulo kunye nolawulo lweefama zikaRhulumente

**linjongo Zobuchule**

Ukuxhaswa kwamafama noPhuhliso					ukuPhawula ngokunxaxha
linjongo Zobuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
Uphuhliso nokuXhaswa kwamaFama: Inani okuvavanywa kweleefama kunye nezicwangciso ezigqityiweyo zamafama asakhulayo kunye nashishinayo kumanyathelo okubuyiselwa kokufama	213	231	247	16	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe, ngoba kuye kwafunwa kakhulu ukuvavanywa kweefama ngabe DRDLR besenzela inkqubo yolawulo lomhlaba namadlalo (SAVM) kuquka nenkqubo yokwenziwa kwe Recap
Utyelelo kumaFama Nonikelo lweeNkonzo Zeengcebiso: Inani lotyelelo kumafama okuzondla, asakhulayo kunye nakushishino nge- lokunikela iinkonzo zeengcebiso	4 648	4 200	4 546	346	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe, ngoba kutyelise amaphulo amaninzi ngelokulungiselela umsitho we Agri-week kumafama emfuyo kwiCentral Karoo, nobandakanye amafama aphuma kum'andla we Eden nawe Overberg.
Ukufumaneka Kokutya: Kumiselwe amaphulo aliqela okufumaneka kokutya kuluntu lonke ngokwecebo lentlanganisela yokufumaneka kokutya kuMzantsi Afrika (IFSS-SA)	1 359	1 336	1 492	156	Kudluliwe kusukelo obelubekiwen-genxa yesigqibo esenziwe yi DAFF ngokusebenzisa imali ebiyobelwe amafama obisi nalawo ahlwayelayo yaza yasetyenziswa kwizitya zezityalo. Ngaphezu koko, oku kwenziwe lula kukuphuculwa kwentsebenziswano nooMasipala nokubandakanyeka koshishino lwabucala ekwenziweni kwezitya zemifuno. Njengo South African Breweries
Casidra SOC Ltd: Kulungiselelwe iqela lamaphulo eZolimo	51	48	69	21	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokwanda kwenani lamaphulo axhaswe yi CPAC nenkxaso eyongezelwe ngamaqabane kwiimveliso zorhwebo.

### Izikhombisi Zokwenziwa Komsebenzi

Inkqubo ephantsi 3.1: UkuHlaliswa kwamaFama noPhuhliso					ukuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwiCandelo</b>					
Inani leefama ezigqityiweyo ukuvavanywa	117	126	134	8	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokuba kwandile ukuvavanywa kweefama ngokwenziwa ngabe DRDL njengenxenywe yomsebenzi we PLAS kunye nenkqubo ye Recap.
Inani lamafama axhasiweyo kwasakhulayo	55	73	83	10	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokuba kwandile inani lamafama asakhulayo athe axhaswa ngenxa yemali esiyifumene kumaqabane eemveliso zorhwebo.
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inani lezicwangciso ezigqityiweyo ezifama	96	105	113	8	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokufunwa kakhulu kwezicwangciso zeeFama ngokwenziwa ngabe DRDL njengenxenywe yomsebenzi we PLAS kunye nenkqubo ye Recap.
Inani lamafama axhasiweyo kwashishinayo	29	32	35	3	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokwenyuka kwenani lamafama amnyama oshishino athe axhaswa ngenxa yegalelo esilifumene kumaqabane eemveliso zorhwebo.
Inkqubo ephantsi 3.2: UkuTyelela amaFama kunye neeNkonzo zeeNgcebiso					ukuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwiCandelo</b>					
Inani lemiboniso elungiselelweyo yezolimo	86	66	75	9	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokuba kwandile ukulungiselela imiboniso ngamafama nezisombululo zenkqubo ezimalunga nenkxaso evela kumaqabane eemveliso zorhwebo.
Inani lemihla ye "Farmer's day" ebanjiweyo	31	27	31	4	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokuba kwandile ukulungiselela ii "Farmer's day" ngamafama yaye oku kwenzeke ngenxa yenkxaso evela kumaqabane eemveliso zorhwebo.
Inani lamaqela emveliso inkxaso	10	10	10	-	



Inkqubo ephantsi 3.2: UkuTyelelwa kwaMafama kunye neeNkonzo zeeNgcebiso					ukuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inani lamaphulo axhaswe ngenkqubo yokube'esweni	44	30	26	(4)	Akufikelelwanga kusukelo ebelubekiwe, ngenxa yokuba amanye amagosa okubek'esweni umsebenzi ebesele eneminye imisebenzi amele kuyenza ngokwe DRDLR yenkqubo ye PLAS njengeqabane lobuchule.
Inani lamafama asakhulayo atyelelweyo ngelokuwanika iingcebiso nokwenza igalelo kwimpumelelo yokubuyiselwa komhlaba kuLuntu	1 866	1 400	1 765	365	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokwanda kwamaphulo atyelelweyo njengenxenywe yomsitho we "Agri-week" kumafama emfuyo kwi Central Karoo noluye lwabandakanya amafama om'mandla we Eden nase Overberg.
Inani lezakhono ezibaliweyo kushishino lwezolimo	60	60	67	7	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokwanda kwamaphulo aphunyezwe yi CPAC.
Inani lamafama axhaswe ngokunikwa iingcebiso	4 648	4 200	4 546	346	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokwanda kwamaphulo atyelelweyo njenge nxenywe yomsitho we "Agri-week" wamafama emfuyo kwi Central Karoo noluye lwadibanisa amafama om'mandla we Eden nase Overberg.

Inkqubo ephantsi 3.2: UkuFumaneka Kokutya					ukuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwiCandelo</b>					
Inani leengxelo ezenziweyo ngobume bokufumaneka kokutya	4	4	4	-	
Inani lamakhaya axhaswayo nginisekisiweyo ngokungabinakutya	1 231	1 243	1 356	113	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yesigqibo se-DAFF sokuba imali ebiyobelwe amafama ahlwayelayo nawobisi ithathwe ze isetyenziswe kwizitya zemifuno. Ngaphezu koko, oku kukhwezelwe kukuphucuka kwentsebenziswano phakathi kooMasipala kunye nokubandakanyeka koshishino lwabucala ekunikelweni kwezitya zemifuno. njengo SAB.

Inkqubo ephantsi 3.3: UkuFumaneka Kokutya					ukuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inani lamaphulo axhasiweyo oLuntu ngokufumaneka kokutya	93	77	103	26	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yesigqibo se-DAFF sokuba imali ebiyobelwe amafama ahlwayelayo nawobisi ithathwe ze isetyenziswe kwizitya zemifuno. Ngaphezu koko, oku kukhwezelwe kukuphucuka kwentsebenziswano phakathi kooMasipala kunye nokubandakanyeka koshishino lwabucala ekunikelweni kwezitya zemifuno. njengo South African Breweries.
Inani labathathi nxaxheba kumaphulo oLuntu okufumaneka kokutya	1 213	770	674	(96)	Akufikelelwanga kusukelo obelubekiwe, ngenxa yamaphulo akhetha ukusebenza namaqela amancinane nazibonakalise njengasebenza ngcono
Inani lezikolo ezixhaswe ngezitya zemifuno	35	16	33	17	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yesigqibo se-DAFF sokuba imali ebiyobelwe amafama ahlwayelayo nawobisi ithathwe ze isetyenziswe kwizitya zemifuno. Ngaphezu koko, oku kukhwezelwe kukuphucuka kwentsebenziswano phakathi kooMasipala kunye nokubandakanyeka koshishino lwabucala ekunikelweni kwezitya zemifuno. njengo South African Breweries.
Inani labathathi nxaxheba kwizitya zemifuno ezikolweni	189	160	102	(58)	Akufikelelwanga kusukelo obelubekiwe, ngenxa yamaphulo akhetha ukusebenza namaqela amancinane nazibonakalise njengasebenza ngcono
Inani lemikhankaso ebanjiweyo ngokuvundlisa uLuntu ngokuFumaneka Kokutya	1	1	1	-	

Inkqubo ephantsi 3.4: Casidra SOC Ltd					
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	ukuPhawula ngokunxaxha
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inani lamaphulo ezolimo angalungiselelwenga luLuntu	11	10	18	8	Kudluliwe kusukelo ngenxa yokwanda kwenani lamaphulo axhaswe ngabantu bangaphandle koLuntu lwabo, nanjenge, Bee Farming, Olives kunye ne Citrus
Ulawulo lwemihla-ngemihla kwiifama zikaRhulumente kweliPhondo ngenjongo yokuzilinganisa.	3	3	3	-	
Inani lamaphulo ezolimo alungiselelwe luLuntu lwendawo ngokwalo	37	35	48	13	Kudluliwe kusukelo obelubekiwe ngenxa yokwanda kwamaphulo aphunyezwe yi CPAC. Oku kwenzeka ngenxa yenkxaso efumaneka kumaqabane eemveliso zorhwebo.

### Igalelo kwiziphumo Zenjongo yobuChule kwiSebe

**Sixhasa ezolimo kwiPhondo ukuba likwazi ukugcina isigxina salo kuthunyelwe lwempahla kumanye amazwe kule minyaka mihlanu izayo ngokukhulisa ixabiso lalo lisuke kwi R 14.014 yezigidi ngezigidi ngo 2009.**

Le nkqubo iqhubela phambili ngokuvelisa iimveliso zorhwebo ekuxhaseni nakuphuhliso lwamafama kweli Phondo. Ngokuvelisa iimvelo zorgwebo, bangama 26 amagosa okubek'esweni inkqubelo-msebenzi ahlanganiswe namafama asakhulayo kuzo zonke iimveliso ngelokulungiselela ukungena emarikenini, ze ngenxa yoko, kwenzwe igalelo ekubakhuliseni bangene kumgangatho wamafama oshishino, ze oko kwenzwe igalelo kwi National Outcome 4: oyiNggqesho ephucukileyo ngokubandakanywa kuhlumo loqoqosho.

**Kukuqinisekisa impumelelo kumaphulo okubuyiselwa komhlaba wezolimo ngobuncikane be 60% kule minyaka mi 5 izayo kweli Phondo**

Ngomhla wama 22 kweyoMsintsi 2014, iSebe lihlinzeke uMhlangano Wokubuyiselwa Komhlaba eLuntwini. Injongo yalo mhlangano ibikukhulanganisa amaqabane ohlukeneyo anomdla kwezolimo kunye nakwicandelo le Agri-business ukuze kuxoxwe malunga nobume bokubuyiselwa komhlaba kuLuntu, uncediso olufunekayokunye nokwenza izindululo zokuqaliswa kweli Phondo phantsi kwesikhokelo se NDP. Ukusombulula imingeni ephakanyiswe licandelo loshishino phakathi komhlangano, iSebe limisele uMnyango weNgcibiso Ngokubuyiselwa Komhlaba kuLuntu (LREAD) phantsi kweCandelo Loncedo ngoBugcisa (UTA) ukuze lincediswe amafama ngokwenza izicwangciso ezizizo, amashishini, ooMasipala kunye nabanini-mhlaba ukuze balungise amaphulo okubuyiselwa komhlaba kuLuntu ukuze kubekho utshintsho kwezolimo phantsi kwesikhokelo se NDP. Ngaphezu koko, lo Mnyango uzakuncedisana neeKomiti ezintsha zoMhlaba neZolimo kwiSithili (DLAC) kwiPhondo liphela.

Ukusetyanziswa kwe "Smartpen" kulwazi lwezobugcisa kufumaneka kususixhobo esibalulekileyo ekucholecholweni kweenkcukacha zolwazi kunye nokuhlola imisebenzi eyenziweyo ngexesha lolu phando. Ngaphezu koko, abaNkqubo ye FSD benze imiboniso yezolimo engama 75, 31 Farmer's Day yaze yaxhasa 4

546 yamafama ngeengcebiso.

Bebonke ngama 26 amagosa okubek'esweni ukwenziwa komsebenzi abaqeshelwe ukukhulisa amafama asakhulayo kuzo zonke iimveliso zorhwebo. Oku kuluncedo ngoba kunika amafama asakhulayo ithuba lokuxhamla kulwabelwano ngolwazi olukhoyo kunye naborhwebelwano, ngako oko yenza ukuba bavelise imveliso yohlobo ze bafumane nokungena kwiimarike.

### **siXhasa icandelo (amafama kunye nabavelisi) ukuze landise imveliso yezolimo (ezona mveliso zorhwebelwano kwiPhondo) ngobuncikane be 10% kwiminyaka eli 10 ezayo**

Le nkqubo inikele ngexesha layo elininzi ekomelezweni korhwebelwano kuphuhliso nenkxaso kumafama kunye noPhuhliso kweliPhondo. Njengokuba kufanelekile, ewonke ali 1 18 amaphulo axhaswe ngeemveliso zezorhwebo ze abe 8 awediliwa yewayini, 26 aweziqhamo, 7 awediliya yetafle, 9 okuhlwayelwa iimbewu, 39 yemifuno, 2 yeembewu zemifuno, imfuyo 18 yeehagu, iinkomo kunye neenkukhu), 5 yeegusha noboya kunye neentlanzi 4.

Ewonke ali 136 amaphulo oLuntu (kuquka amaphulo ezikolweni) kunye ne 1 356 lamakhaya axhasiweyo kulo nyaka sikuwo nekuthe kwayingenelo kubantu abangama 2 132 kwiPhondo liphela, abathe balungiselela imveliso eyiyeyabo., oku kuligalelo kwi National Outcome 7, nebizwa ngokuba yi yindawo yoLuntu Olunodlamko, olulinganayo noluzinzileyo emaphandleni nabanokutyaokwanele wonke umntu.

### **Ukwandisa ukusetyenziswa okuzinzileyo yemijelo yethu yendalo ngokusetyenziswa kweendlela ezilandolozayo ngelokwandisa imveliso yezolimo**

Icandelo loNcediso kwezobuGcisa (UTA) kwiSebe lisebenza ngokupheleleyo linikela ngeenkonziso ezipheleleyo zocwangciso novavanyo oluquka uvavanyo lwendalo esingqongileyo kunye nolwazi olunzulu ngocebobo lwemijelo yendalo.

Inkqubo ephantsi: kwinkqubo yemveliso yokutya kumakhaya (ulungiselelo) Khuseleko lobukho kokutya iyilwe ngendlela yokuba ikhuthaze indlela yokusetyenziswa kokunkcenceshela ngenkonkxa evuzayo kwizitya ezisemakhaya, ngokwenza njalo senza igalelo lokongijwo kwamanzi kananjalo imveliso yokutya ayisingelwanga phantsi.

### **Ukongeza amathuba oqoqosho kwezolimo, kwiindawo ezikhethiweyo ezisemaphandleni ngokweemfuno zabo zokuhlala nezozoqosho kwiminyaka elishumi (10)**

Ngomhla we 17 kweyeDwarha 2014, iSebe lenze umsitho wokubhiyozele isikhumbuzo se World Food Day e Suurbraak ekuMasipala wase Swellendam. Njenge nxalenye yalo msebenzi, iSebe lixhase amakhaya ngemithwalo (yolungiselelo) lwemveliso yokutya ukubanceda ukuze bazilimele ze bazenzele imveliso yokutya. Ngokupheleleyo, kuxhaswe isi 7 kunye ne 108 lezitya zemifuno yoLuntu kunye nezamakhaya ngokulandelelanayo, ngokusebenzisana noMasipala wase Swellendam njenge nxenye yephulo le WFD.

### **Ubuchule bokwahlula ukungafezekiswa komsebenzi**

Le Nkqubo izakusebenzisa iziphumo zovavanyo lokufumaneka kokutya ukuze ihlele imigqayiselo yosukelo ngokumalunga nenani labathathi nxaxheba ngesitya ngasinye, kususelwe kwi 10 ukuya kwisi 6 ngephulo ngalinye.

iSebe lizakufuna ukuhlangana neSebe loPhuhliso Lwasemaphandleni kunye Nokubuyiselwa Komhlaba kuLuntu (DRDLR) ukuze kuxoxwe ngemiba emalunga namagosa olondolozo lokwenziwa komsebenzi aqeshwe phantsi kwe PLAS ze kuqondwe okondela kwawo kwimibutho yeemveliso zorhwebo kweli Phondo.

### **Utshintsho kusukelo olucetyiweyo**

Akukho lutshintsho lwenziweyo kusukelo obelucetyiwe

### **Ukuhlanganisa kokwenziwa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali**

Ukwenziwa komsebenzi leliSebe bekuhambelana nobungakanani bemali ezikhoyo

**Inkcitho yenkqubo ephantsi**

Igama lenkqubo ephantsi	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi)	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukuhlaliswa kunye no-Phuhliso Lwamafama	194 149	194 149	-	176 905	176 905	-
Iinkonzo zotyebile neengcebiso kumafama	30 192	30 123	69	30 606	30 606	-
Ukhuselo lokubakho kokutya	7 266	7 266	-	8 012	8 012	-
Casidra SOC Ltd	19 488	19 488	-	18 268	18 268	-
<b>Totali</b>	<b>251 095</b>	<b>251 026</b>	<b>69</b>	<b>233 791</b>	<b>233 791</b>	<b>-</b>

**4.4 INKQUBO 4: IINKONZO ZONYANGO LWEMFUYO**

Injongo yale nkqubo kukuqinisekisa ngemfuyo ephilileyo, ukutya okunempilo okuphuma kwimfuyo kunye nabathengi abaphilileyo eNtshona Koloni. Le nkqubo ikhuthaza urhwebo kumazwe ngamazwe ngokulungiselela ukuthunyelwa kwezilwanyana kunye nemveliso yemfuyo kumanye amazwe, ze iqinisekise ngokhuseleko lwenyama kunye neemveliso zenyama ngokumisela uMthetho oyi Meat Safety Act ka 2000 (uMthetho 40 ka 2000), umthetho i Animal Disease Act ka 1984 (uMthetho 35 ka 1984) kunye neminye imithetho. Kunikwa inkxaso ngelokuqinisekisa ukuphuculwa kwemveliso yokuqala kumafama asakhasayo. Le nkqubo inezi nkqubo zincinci phantsi kwayo, nezizezi:

- Impilo yemfuyo
- Ulawulo Lokuthunyelwa kumanye amazwe
- Impilo Yemfuyo yoLuntu
- Iinkonzo Zamachiza Onyango lweMfuyo

**Injongo zobuchule, izikhombiso zokwenziwa komsebenzi, usukelo olucetyiweyo kunye neyona mpumelelo****Injongo-Buchule bale nkqubo iphantsi:**

Impilo yemfuyo yenzelwa ukuthintela nokulawula izifo zemfuyo

**Injongo-Buchule bale nkqubo iphantsi:** Kulawulo lwemveliso ezithunyelwa kumanye amazwe, kukumisela imigqayiselo yokuhambisa ukungcola kunye nokuhambisa ukungcola kwelindle lemfuyo kuquka novavanyo longcipheko kunye nezatifikethi zokuthunyelwa kwemveliso kumanye amazwe ngelokukhuthaza ze kulungiselelwe ukuthunyelwa kwamanye amazwe kweemveliso eziphuma kwimfuyo

**Injongo-Buchule bale nkqubo iphantsi:** Impilo Yemfuyo yoLuntu yenzelwa ukuqinisekisa ukhuseleko lwenyama nazo zonke iimveliso zenyama ngokumiselwa koMthetho Wokhuseleko Lwenyama (uMthetho 40 ka 2000), Mthetho Wezifo zeMfuyo (uMthetho 35 ka 1984) kunye neminye imithetho esichaphazelayo.

**Injongo-Buchule bale nkqubo iphantsi:** Iinkonzo Zamachiza Onyango lweMfuyo zezenzelwa ukunikela ngeenkonzo iinkonzo ezifanelekileyo zokuxilongwa kwemfuyo.

### linjongo zobuchule

linkonzo Zonyango Lwemfuyo					ukuPhawula ngokunxaxha
linjongo zobuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Impilo yeMfuyo: Inani lemfuyo ehlolwe izifo</b>	3 516	600	3 467	2 867	Kwenyukile ukubalwa kwabantu kunye nokuhlolwa kwefama nganye ngenxa yokwehla kwemisebenzi yokuthunyelwa kweemveliso kumanye amazwe eyenziwe ngamaGcisa eMpilo yeMfuyo (AHT's) ze kwasetyenziswa ixesha elide endle. Ingathi kukhona ukwanda ekuntshuleni kwamanani amafama asakhulayo kuba amaGcisa eMpilo yeMfuyo (AHT's) esiya kwiindawo ebezikade zingatyelelwa.
<b>Ulawulo lokuthunyelwa kumazwe ngamazwe: Inani lezikhungo ezibhaliselwe ukuthumela iimveliso kumanye amazwe</b>	104	120	138	18	Ngenxa yokomelela kwamandla exabiso le "Dollar", kunyukile kulonyaka ukuthunyelwa kweemveliso kumanye amazwe kuRhulumente wePhondo iNtshona Koloni. Oku kukhokelele ekwandeni kwezikhungo ezintsha nebezingalindelekananga nezibaliweyo, ze zaphunyezwa ze zadityaniswa kwinani lezikhungo zokuthunyelwa kweemveliso kumanye amazwe.
<b>Ulawulo Lwemveliso ethunyelwa kumanye amazwe: Inani lezicelo ezifunyenweyo zokuthunyelwa kwemveliso</b>	257	350	2 245	1 895	Kulonyaka kudityanise iqela elitsha lamagosa eZatifikethi zemfuyo ethunyelwa kumanye amazwe kunye neqela lolawulo lweemveliso ezithunyelwayo. Ngoku le offisi yiyo esebenza ngezatifikethi zokuthunyelwa kweemveliso kumanye amazwe, hayi ezempilo lwemfuyo.
<b>Impilo Yemfuyo yoLuntu: Inani lezilarha ezixhelayo ezibhalisiweyo</b>	70	75	55	(20)	Inani leendawo zokuxhela ezibhalisiweyo kulo nyaka-mali. Isibonakalisi senkonzo efunwayo
<b>linkonzo Zamachiza Onyango lweMfuyo: Inani lemizekelo ehloliweyo</b>	130 906	140 000	173 081	33 081	Igumbi lovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo kwiPhondo lixhomekeke kubantu bangaphandle ngokuzisa impahla abafuna ivavanywe yaye ayinabango kwinani elivavanyweyo (unikelo ngeenkonzo ngexesha elifunwa ngazo). Kufunyenwe 23% yempahla emayivavanywe xa kuthelekiswa nenani ebelicingelwa

**Izikhombiso Zokwenziwa Komsebenzi**

Inkqubo ephantsi 4.1: impilo Yemfuyo					ukuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwiCandelo</b>					
Inani lemfuyo egonyiweyo xa kuthelekiswa nezifo eziphantsi kolawulo	88 913	120 000	85 370	(34 630)	Kugheleke ukuba inani logonyo lilingane nelezifo ezivelileyo yaye ziyakwazi ukohlukana kakhulu, kuxhomekeke enyakeni nemisebenzi yokulawulwa kwezifo.
Inani longenelelo olwenziweyo ngonyango lokuqala lwemfuyo (PAHC)	2 822	1 800	2 621	821	Ngoku amaGcisa Empilo yeMfuyo (AHT's) akasabandakanyeki kuhlobo lweemveliso ezithunyelwa kumanye amazwe ngenxa yokuvela kwe-ofisi esebenza ngolawulo lwemveliso ezithunyelwayo ukwenzela ukuba bachithe ixesha elininzi besenza lo msebenzi ubalulekileyo, oku kungayingenelo kwimpumelelo.
Inani lamaxwebhu anikezelweyo esemthethweni	12 855	14 000	3 088	(10 912)	Ngenxa yokongezwa kwabasebenzi abatsha, lo msebenzi wenziwa ngabekqubo ephantsi kuLawulo lokuthunyelwa kwemveliso kumanye amazwe, ukuze balawulele ukuthunyelwa kweemveliso zemfuyo kunye nemfuyo ephilayo, yiyo lonto amanani ehlile.
Inani lemfuyo ekwenziwe ngayo iisampulu/ kwavavanywa izifo ukuze zaziwe	6 793	40 000	219 026	179 026	Ukuqhambuka kweentsholongwane kwiinciniba kweliPhondo kukhokelele ekuvavanyweni kweesampulu ezininzi ukuze kwazekwe iintsholongwane ezikhoyo. Ngaphezu koko, ukungenziwa komsebenzi ngenxa yokungabikho kwe "Tuberculin" ezivela e Onderstepoort Biological Product (OBP) ziyaqalisa ngoku ukucutheka ze zongeze kwinqanaba le CA (Brucella) kuvavanyo olwenziwe ngaxesha-nye ne TB, kongeze kwimpumelelo ephakamileyo.
Inani lemfuyo ehloliweyo ukwenzela ulawulo	3 516	600	3 467	2 867	Kwenyukile ukubalwa kwabantu kunye nokuhlolwa kwefama nganye ngenxa yokwehla kwemisebenzi yokuthunyelwa kweemveliso kumanye amazwe eyenziwe ngamaGcisa eMpilo yeMfuyo (AHT's) ze kwasetyenziswa ixesha elide endle. Ingathi kukhona ukwanda ekuveleni kwamanani amafama asakhulayo kuba amaGcisa eMpilo yeMfuyo (AHT's) esiya kwiindawo ebezikade zingatyelelwa.

Inkqubo ephantsi 4.2: Ulawulo lokuthunyelwa kwemveliso kumanye amazwe					UkuPhawula ngokunxaxha
Isibonisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2012/2013	Usukelo olucetyiweyo 2013/2014	Eyona mpumelelo 2013/2014	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014	
<b>Ezona zikhombisi kwicandelo</b>					
Inani lezatifikethi ezikhutshiweyo ngemfuyo ethunyelwa kumanye amazwe	257	350	2 245	1 895	Phakathi kwalo nyaka kudityaniswe iqela elifsha lezatifikethi zokuthunyelwa kwemfuyo kumanye amazwe.
Inani lezikhungo ezibhalisiweyo zokuthunyelwa kumanye amazwe	104	120	138	18	Ngenxa yokomelela kwexabiso le Dollar, kulo nyaka kubekho ukukhula kweentshukumo zokuthunyelwa kumanye amazwe kuRhulumente wePhondo iNtshona Koloni
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Kuhlolwa kuzo zonke izikhungo zokuthunyelwa kumanye amazwe ubukho bokutya ngonyaka kunye nezatifikethi zokuthunyelwa kumanye amazwe ukuze kwenziwe isindululo sokuhlaziywa kwazo	104	70	132	62	U 132 ubonakalisa inani elikhoyo lezikhungo zokuthunyelwa kumanye amazwe (kuquka noninzi lwazo ezisandul'ukuvela) esele zihloliwe ngbaLawuli lokuthunyelwa kumanye amazwe. Isiboniso sokuma kwamaziko angama 70 ekuqaleni konyaka sibe nemposo.
Inani leesampulu eziqokelelweyo ukuze kujongwe intsalela kwizikhungo zokuthunyelwa kumanye amazwe	133	484	97	(387)	Inani leesampulu zentsalela emaziqokelelwe lisikwa li DAFF. Ngexesha lokuqulunqwa kwesiCwangciso Sokwenziwa komsebenzi woNyaka (APP), elinani belingaziwa. Phofu, inani lokugqibela elifunwe li DAFF lifike kwabvoLawulo lokuthunyelwa kumanye amazwe emva kokuqalisa kwalo nyaka sithetha ngawo yaye beliphantsi kakhulu kunokuba beli lindlekile ekuqaleni.

Qaphela ukuba usukelo lusekelezwe kwinani lamaziko athumela kumanye amazwe yaye linokutshintsha njengokuba ecinywa kwinkqubo yokuhlolwa kwamaziko



Inkqubo ephantsi 4.3: Ezempilo kunyango lwemfuyo yoluntu					Usukelo olucetyiweyo Eyona mpumelelo Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2012/2013	Usukelo olucetyiweyo 2013/2014	Eyona mpumelelo 2013/2014	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiCandelo</b>					
Inani lezilarha zokuxhela ezihloliweyo	305	400	305	(95)	Ukunqongophala kwesakhono kwiCandelo leMpilo yeMfuyo yoLuntu (VPH), phakathi koTshazimpuzi nenyanga yoMsintsi, (iinyanga ezi 6) zi 6/10 kuphela izithuba zomsebenzi ezivaliweyo kwi VPHO, ukusukela kwinyanga yoMsintsi, 1 isithuba se VPHO esiqeshelwe iiveki ezimbini zee lo gosa laya kwikhefu lokubeleka ixesha eliziinyanga ezi 4. Kuqeshwe amagosa ama 2 e VPHO kweyeDwarha 2014. uGqirha we VPH uqeshwe kwinyanga yoMnga 2014.
Inani lokuhlolalezikhungo ezenza iimveliso kunye nokuphindeka kokoveliswa kwiimveliso zezemfuyo	44	48	56	8	Esi sisibonisi esixhomekeke ekufunweni ngamafama. Njengokuba kufuneka zonke izicelo zibe zisetyenzwe ngendlela. Ukuhlolwa kwezikhungo kuquka nokuhlolwa olulandelayo okanye utyelelo ngamagosa.
Inani elibhalisiweyo lezilarha zokuxhela	70	75	55	(20)	Inani leendawo ezibhalisiweyo kulo nyaka. Sisibonisi esixhomekeke ekufunweni ngamafama.
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiPhondo</b>					
Inani leeseshoni ezenziweyo zokulumkisa uLuntu	14	22	23	1	Amagosa ethu akum'andla wase Beaufort West nakwi Overberg aye afumana izimemo ezongezelekileyo ngokuhlinzeka iiseshoni zokuvundlisa amafama
Inani lophando ngeziganeko zokuxhela ngokungekho-mthethweni	16	12	16	4	Kufunyenwe inani eliphakamileyo lezimangalo ze amagosa enza uphando njengoba kulindlekile yaye oku kuxhomekeke ekufunweni ngamafama.
Inani leesampulu eziqokelelweyo ze BSE	393	480	516	36	Kwiminyaka eliqela abe candela le VPH abakwazanga ukufikelela kolu sukelo lubekwe li DAFF. Kulo amagosa aye afumana inkuthazo yokusebenza ngokuzinikela ze enza iisampulu ezingaphezulu komlinganiselo. Iimposo kunye namanani angacingelwanga ekuxhelweni kweenkomo ezilungele ukuba kuthathwe iisampulu ze brainstem, ingakumbi ngolweeZibini, kunegalelo kwiziphumo.

Inkqubo ephantsi 4.4: Unyango lwemfuyo linkonzo zovavanyo lwamachiza					Usukelo olucetyiweyo Eyona mpumelelo Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2012/2013	Usukelo olucetyiweyo 2013/2014	Eyona mpumelelo 2013/2014	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwicandelo lemveliso</b>					
Inani lovavanyo olwenziweyo kwinzala	130 906	140 000	173 081	33 081	Uvavanyo lwamachiza kunyango lwemfuyo kweliPhondo kuxhomekeke kubathengi bangaphandle ngokuthumela impahla abafuna ukuba ivavanywe yaye ayinalawulo kubungakanani benani lempahla ethunyelwe ukuba ivavanywe. Kwenziwa umsebenzi ngokokuthunyelwa kwayo. Kuthunyelwe impahla yokuvavanywa eyande nge 23% xa kuthelekiswa kwini ebelicingelwa.
Inani lemvavanyo ezenziweyo	158 096	150 000	189 513	39 513	Uvavanyo lwamachiza kunyango lwemfuyo kweliPhondo kuxhomekeke kubathengi bangaphandle ngokuthumela impahla abafuna ukuba ivavanywe kunye nenani eliceliweyo leemvavanyo. Igumbi lamachiza alinalulawulo leemvavanyo eziceliweyo neyinkcaso kunikelo lweenkonzo. Kwenziwe iimvavanyo ezingaphezulu nge 26% kunokuba bekulindelekile.
Inani leengxelo zolawulo lokuhlola	165	80	224	144	Amalungiselelo okuhlolelwa ukulungela i SANAS ISO 17025 ezayo akhokelele kulawulo lweengxelo ezingama 180% zokulungela nezithe zakhutshwa xa kuthelekiswa nenani ebelilindelekile.

Sub-programme 4.4: Veterinary Laboratory Services					Usukelo olucetyiweyo Eyona mpumelelo Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2012/2013	Usukelo olucetyiweyo 2013/2014	Eyona mpumelelo 2013/2014	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiPhondo</b>					
Lilonke inani lezifo ezilawulweyo/ nezimele ukwaziwa nezivavanyiweyo	103 761	130 000	146 667	16 667	Uvavanyo lwamachiza kunyango lwemfuyo kweliPhondo kuxhomekeke kubathengi bangaphandle ngokuthumela impahla abafuna ukuba ivavanywe kunye neesampulu zezifo ezime kwaziwa ukuze zivavanywe yaye ayinalawulo kwini leesampulu ezithunyelwa ukuba zivavanywe neyinkcaso kunikelo lweenkonzo. Kufunyenwe 13% yeesampulu ezongezelekileyo yezigulo ezilawulweyo kunye nezaziwayo xa kuthelekiswa nenani ebelilindelekile.
Lilonke inani leesampulu ezivavanyiweyo zeMpilo yeMfuyo yoLuntu	4 406	3 000	2 378	(622)	Uninzi lweesampulu ezivavanyiweyo kwiMpilo yeMfuyo yoLuntu zi chicken pieces ezivela kumanye amazwe kumazibuko eseKapa nase Bhayi. Kuthengwe izixhobo ezintsha endaweni yezo zingasasebenziyo nezingenakulungiswa. Ukutshintshwa kwezixhobo kuphungula umthamo weesampulu zovavanyo engelwenziwe rhoqo ngeveki. Zonke iisampulu ezivele kwizibuko laseKapa zivavanywe kwa ngexesha, kodwa iisampulu ezikwizibuko laseBhayi zona zithunyelwe kumanye amagumbi ovavanyo lwamachiza onyango. Enyakeni, kuvavanywe i 17 % yeesampulu kwiMpilo yeMfuyo yoLuntu xa kuthelekiswa nenani ebelilindelekile.
Inani leesampulu ezivavanyiweyo zamafama asakhulayo	3 869	3 500	2 582	(918)	Uvavanyo lwamachiza kunyango lwemfuyo kweliPhondo kuxhomekeke kubasebenzi kwiNkqubo yeeNkonzo zoNyango lweMfuyo (VS) ukuba bathumele iisampulu egameni lamafama asakhulayo. Igumbi lwamachiza onyango alinalawulo kwini leesampulu ezithunyelwe uvavanyo neyinkcaso kunikelo lweenkonzo. Zingaphantsi nge 26% iisampulu ezivavanyiweyo kumafama asakhulayo xa kuthelekiswa nenani ebelilindelekile.

### Igalelo kwiziphumo zeenjongo zobuchule kwiSebe

**Sixhasa icandelo lemveliso yezolimo kwiPhondo ukuze likwazi ukuba ligcine isikhundla salo ekuthunyelweni kwemveliso kumanye amazwe kule minyaka mi 5 ilandelayo ngokukhulisa ixabiso lalo lisuke kwi R14.014 yezigidi ngezigidi ku 2009**

Ngokunika iingcebiso ngokuthunyelwa kumanye amazwe kunye nangokuhlola, kuphicothwe ze kwenziwe isindululo ngokuphunyezwa kwezikhungo zokuthunyelwa kwemveliso kumanye amazwe kunye nangokungqinisisa iimveliso ezithunyelwa kumanye amazwe neziphume kwizikhungo ezipasisiweyo le nkqubo eyenze igalelo kwiintshukumo zoqoqosho eNtshona Koloni kuquka nenkxaso kwizikhungo ezisongela ze zipakishe iimveliso zezolimo.

### uBuchule bokulungisa kwiindawo ezingawufezanga umsebenzi wazo

Abaphathi baleNkqubo bathathe isigqibo sokudibanisa zonke iingxelo zokwenziwa komsebenzi yile Nkqubo rhoqo ngekota nje ngendlela abazakusebenza ngayo ukuze bakwazi ukulandela ukusilela ze basombulule zonke izenzo zokunxaxha

### Utshintsho kusukelo olucetyiweyo

Akukho lutshintsho lwenzekileyo kusukelo olubekiweyo

### Ukuhlanganiswea kokwenziwa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali

Ukwenziwa komsebenzi leliSebe bekuhambelana nobungakanani bemali ezikhoyo.

### Inkcitho yeNkqubo ephantsi

Igama leNkqubo ephantsi	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Impilo yeMfuyo	36 434	36 434	-	35 470	35 470	-
Ulawulo lokuthunyelwa kwemveliso	9 028	9 028	-	6 049	6 049	-
Impilo yeMfuyo yoL-untu	5 372	5 372	-	5 284	5 284	-
Iinkonzo zovavanyo lwamachiza onyango lwemfuyo	15 682	15 682	-	14 175	14 175	-
<b>Totali</b>	<b>66 516</b>	<b>66 516</b>	<b>-</b>	<b>60 978</b>	<b>60 978</b>	<b>-</b>

## 4.5 INKQUBO 5: IINKONZO ZOPHANDO NOPHULISO LOLWAZI LOBUGCISA

Injongo yalenkqubo kukunikezela ngeenkonzo zobuchwephesha nophando ngeemfuno, uphuhliso kunye neenkonzo zonaniselwano ngolwazi loBugcisa lokwenza umehluko kwiinjongo zethu zophuhliso. Injongo yezi nkqubo zintathu ziphantsi zezi zilandelayo:

**Uphando ngezifundo-nzulu:** kukwenziwa, ukulungiselelwa kunye nokuququzelelwa kophando ngezifundo-nzulu kunye nothatho-nxaxheba kumaphulo ophuhliso kwimisebenzi eyohlukileyo.

**Iinkonzo zonaniselwano ngolwazi loBugcisa:** kukusasaza ulwazi ngophando noBugcisa obenziweyo, kubathengi.

**Iinkonzo zeNkxaso kuNcedo Olusisiseko:** kukunikela nokulondoloza isiseko esiluncedo ukuze abasebenzi bakwazi ukwenza imisebenzi yabo yophando kunye neminye ekwiifama zophando.

**Injongo zobuchule, izikhombisi zokwenziwa komsebenzi, usukelo olucetyiweyo kunye neyona mpumelelo**

**Inkqubo ephantsi: uPhando ngezifundo-nzulu**

Kukwenza uphando ze kuphuhlise ulwazi olubalulekileyo loBugcisa ukuze siqiniseke ngokwanda kwemveliso yezolimo, uzinzo kunye nokukhuphisana kwamafama ethu

**Inkqubo ephantsi: yeeNkonzo Zonaniselwano ngoLwazi loBugcisa:**

Kukusebenza njengomsele wokutshintsha ixabiso lophando libe lixabiso lolwazi. Kusongelwe ulwazi olungobugcisa obutsha nolokusombulula iingxaki ukuze zisasazwe kubasebenzisi bolwazi lwethu banga-phakathi (kumagosa otyelelo kwiifama kunye nabaHlohli). Oku kuqoka abanomdla bengaphandle abaliBhunga loPhando ngeZolimo (ARC) kunye namaziko ayo okwenziwa kophando, amaziko emfundo ephakamileyo, abavelisi kunye nemibutho yabarhwebi, ushishino kwezolimo oochwephesha kubugcisa, abaniki zingcebiso abantu esiqhakamshelana nano, uqhakamshelwano namanye amaSebe kunye ne working groups, amafama kuyo yonke imigangatho kunye noLuntu ngokubanzi. Ngaphezu koko, kulungiselelwe ngokuqhubekayo imisitho engonaniselwano ngolwazi loBugcisa kunye nokuhamba kuthethwa nabantu kuzo zonke izithili zethu zityelelwe ngelokudlulisa umyalezo weziphumo zophando kwaba bantu banomdla nabakhanyiweyo

**Inkqubo ephantsi: kwiinkonzo zenkxaso yoncedo olusisiseko:**

Kukunikela uncedo olusisiseko kwifama kunye nokuxhasa uphando kwiifama zosixhenxe zophando ze senze igalelo kwiinzame zophando lwethu, kwakunye nakoogxa bethu bophando abanjengamaziko e ARC kunye namaziko emfundo ephakamileyo

Iinkonzo zoPhando ngezifundo-nzulu kunye noPhuhliso loLwazi ngoBugcisa					UkuPhawula ngokunxaxha
Iinjongo zo-Bugcisa	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Uphando ngezifundo-nzulu:</b> <b>Kukwenza uphando ngezifundo-nzulu kweZolimo kunye nophuhliso loBugcisa</b>	104	90	98	8	Kulonyaka sikuwo, kuqaliswe ngamaphulo ali 104, kunye ne 18 yamaphulo amatsha, ze kwagqitya amaphulo angama 24. Xa ewonke angama 98. Umehluko wenziwe bubuninzi bamaphulo amatsha kubafundi bemfundo enomsila nangazange acingeleke ngexesha lokubekelwa kosukelo. Ukuphunyezwa kwamaphulo amatsha kwenziwe ngokuthekelela kucingelwa ukushokoxeka kuhlalo lwabiwo-mali nezakhono. Kufuneka kuthathelwe ingqalelo into yokuba iqela lamaphulo abafundi kwimfundo enomsila ayinxenye yenkqubo yamaphulo ethu amatsha aphunyeziweyo yaye akadingi kongezwa kwezimali kungekho naluphi na uhlobo lwengxaki.
<b>Iinkonzo Zonaniselwano ngoBuchule:</b> <b>Sinikela ngolwazi lobuNzulu-lwazi nobuGcisa</b>	367	382	447	65	Phakathi kwalo nyaka, ziye zafunwa kakhulu iinkonzo zonaniselwano ngobuGcisa yaye neziphumo zenziwe ngokwezimemo zamagela eemveliso zorhwebo kunye nabanye abathengi okanye ngelokusombulula iimfuno zonaniselwano ngobuGcisa okanye zibonwe ngabaphandi ngezifundo-nzulu. Ngenxa yeenkqubo zopapasho, abe bephulu amanani ezicatshulwa zokufunda phambi nasemva komisitho kwakunye nezicelo zokubhala izicatshulwa ezithandwayo kushicilelo lweZolimo.
<b>yeNkxaso yeZiseko Iinkonzo : Ukubonelela nge-efama yenkxaso yeziseko</b>	7	7	7	-	

### Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi

Inkqubo ephantsi 5.1: Uphando ngezifundo-nzulu					UkuPhawula ngokunxaxha
Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwicandelo lemveliso</b>					
Inani elenziweyo kumaphulo ophando ngezifundo-nzulu ezinika isisombululo kuxinezelelo lweemveliso ezithile	104	90	98	8	Kulonyaka sikuwo, kuqaliswe ngamaphulo alic 104, kunye ne 18 yamaphulo amatsha, ze kwagqitya amaphulo angama 24. Xa ewonke angama 98. Umehluko wenziwe bubuninzi bamaphulo amatsha kubafundi bemfundo enomsila nangazange acingeleke ngexesha lokubekelwa kosukelo. Ukuphunyezwa kwamaphulo amatsha kwenziwe ngokuthelelela kucingelwa ukushokoxeka kuhlahlo lwabiwo-mali nezakhono. Kufuneka kuthathelwe ingqalelo into yokuba iqela lamaphulo abafundi kwimfundo enomsila ayinxenye yenkqubo yamaphulo ethu amatsha aphunyeziweyo yaye akadingi kongezwa kwezimali kungekho naluphi na uhlobo lwengxaki.
Inani lamaphephaapapashiweyo ngobunzulu-lwazi	36	40	40	-	
Inani lonikelo-ntetha olwenziweyo kwimisitho yobuNzulu-lwazi	91	60	108	48	Imisitho engobunzulu-lwazi ayisoloko ihlelwa kakuhle kwangaphambili nto leyo inokukhokelela kwiziphumo ebezingakhange zicingelwe. Ngaphezu koko, abaphandi abasoloko beqinisekile ngokuchana kweenkcukacha zolwazi, ingakumbi kwiimeko zamaphulo asetiyenzwa ngabafundi, yaye baqhele ukuthatha izigqibo nje phambi kokuphela kwexesha, okanye xa bemenywe ngumququzeleli womsitho lowo. Ngonyaka ka 2014/15 kupapashwe amaphepha amaninzi ezicatshulwa ezibhalwe ngabafundi kwaze kwaboniswa nemiboniso.

Inkqubo ephantsi 5.1: Uphando ngezifundo-nzulu					UkuPhawula ngokunxaxha
Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiPhondo</b>					
Inani leentlanganiso zeKomiti yoPhando ngezifundo-nzulu ekuvavanyweni kwamaphulo	4	4	5	1	Kubizwe intlanganiso ekhawulezileyo yokuze kuxoxwe ze kuphunyezwe amaphulo amathathu kubunzulu-lwazi ngemfuyo nebingenakulindlela ukuhlelwa kwentlanganiso elandelayo ekwikota elandelayo.
Inani leentlanganiso kunye nemibutho yeemveliso ukuze kumiselwe iimfuno zophando ngezifundo-nzulu	53	20	46	26	Zizinyaswe ngokumenywa iintlanganiso zemibutho yabazemveliso yaye akulula ngawo onke amaxesha ukuqikelela inani. Noko kunjalo, ikhona imibutho esele inemihla ehleliweyo yeentlanganiso ezingophando nangona eminye ihlangana xa kukho into etshis'ibunzi. Ngaphezu koko ukukhula kwendima edlalwa liSebe njengom'mbutho wophando ngezifundo-nzulu kukhokelela ekubeni babebaninzi abathath'inxaxheba kunakuqala.
Inani lamaphulo enzweyo ngokutshintsha kwemozulu	8	8	8	-	
Ukwenza isicwangciso sezolimo ngokutshintsha kwemozulu	-	1	-	(1)	Ukwenziwa kwesi sicwangciso kube ngaphezu kwaman-dla esakhono sethu saza sancedwa li DEADP ngolwazi abanalo kwiqela elisebenza ngokuTshintsha nokumelana neMo-zulu. Kwesi siqu singentla bekumele kwenziwe isikhokelo kunyaka ka 2012/13, kodwa asenzeka ngenxa yokushokoxeka phakathi kwe DEADP. Emva kokuqunjelwa kwe LTAS ngotshintsho lwemozulu, nokugqitywa kwezicwangciso kwezinye izicwangciso eziliqela, kuye kwaqala ukusetyenziswa kwesicwangciso seZolimo. Sele kuqunjelwe ukujongwa kweengongoma ezifunekayo yaye nomniki zinkonzo sele etyunjiwe. Iphulo liqalise ngomhla 1 kweyeThupha 2014 yaye kukholeleka ngathi esi sicwangciso sogqityezelwa kweyeKwindla 2016.
Inani leentlanganiso ze WCARF zoququzelelo lophando ngezifundo-nzulu	4	3	3	-	

### Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi

Inkqubo ephantsi 5.2: linkonzo Zonaniselwano ngoBuchule					UkuPhawula ngokunxaxha
Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwicandelo lemveliso</b>					
Inani elenziweyo ngonikelo-ntetha kwimisitho engonaniselwano ngolwazi	149	200	206	6	Kuqhelele ukuba unikelo-ntetha lwenziwe ngokwesicelo ngabanomdla bangaphandle yaye kohluka kakhulu ngokomxholo oyakuthetha ngawo. Omnye umsitho wonaniselwano ngobuchule othe waququzelelwa, lukhokelele ekongezelekeni konikelo-ntetha ngamagosa ethu.
Inani lemiboniso eyenziweyo	-	-	-	-	
Inani lonikelo-ntetha lwezicatshulwa kumaziko athandwayo opapasho	168	140	183	43	Iindaba ezininzi zibekho ngenxa yolwazi lwe "Real time" olufunelwe iintlokoondaba ezithile nezicelwe ngoonondaba. Ngaphezu koko, umsitho wonaniselwano ngolwazi loBugcisa noququzelelwe yile nkqubo, ukhokelele ekuvelisweni kwamaphepha amaninzi athandwayo kunye neentetha koonomathotholo.
Inani leepasile ezenziweyo zolwazi	18	12	25	13	Ubuninzi benani lazo lubangelwe yimisitho eyongeziweyo yinkqubo (nelukhokelele kulwazi oluninzi olushicilelweyo) ngokufunwa ngabasebenzisi bolwazi lezolimo. Kusasazwe ipasile ezintathu zolwazi olongezelelweyo nje ngenxalenye yombhiyozo we "Outeniqua 50".
<b>Ezona zikhombiso zomsebenzi kwiPhondo</b>					
Inani lemiboniso eyenziweyo ngonaniselwano ngoBuchule	10	10	11	1	Kuphinde kwaququzelelwa umsitho wonaniselwano ngoBuchule kuba ufunwa ngabantu
Inani leengxelo eziyiliweyo ngemeko yezolimo ze zasasazwa	12	8	10	2	Iingxelo ziye zisasazwe nje emva kokufumaneka kwazo yaye zixhomekeke kwiimeko yeMozulu kunye nemiqulu esiyifumene kwi DAFF ukuze isasazwe eLuntwini yaye oku kukhokelele ekuyilweni kwezicwangciso ezininzi.
Inani leengxelo ezipapashiweyo ngeMozulu	10	12	12	-	

Imiboniso engeliSebe yenziwe kwinkqubo ephantsi 3.2 hayi iNkqubo 5.



Inkqubo ephantsi 5.3: linkonzo Zesiseko soNcedo					UkuPhawula ngokunxaxha
Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Izikhombisi kwicandelo lemveliso</b>					
Inani elenziweyo ngophando-nzulu ngezifundo ngoncedo olusisiseko	7	7	7	-	
Inani ngophando-nzulu ngezifundo ngoncedo olusisiseko olugciniweyo	7	7	7	-	
<b>Izikhombisi kwicandelo lemveliso</b>					
Inani leentlanganiso zekomiti esebenza ngobugcisa kwiifama zophando-nzulu ngezifundo kwiintlanganiso zabo	14	14	14	-	

### Igalelo kwiziphumo zeenjongo zobuchule kwiSebe

**Sixhasa icandelo lemveliso yezolimo kwiPhondo ukuze likwazi ukuba ligcine isikhundla salo ekuthunyelweni kwemveliso kumanye amazwe kule minyaka mi 5 ilandelayo ngokukhulisa ixabiso lalo lisuke kwi R14.014 yezigidi ngezigidi ku 2009**

Impumelelo kuqoqosho lwecandelo inokuzinza kuphela xa imveliso yokuqala ixhaswa ngophando-nzulu ngezifundo ezizizo nezibalulekileyo kunye nophuhliso lobuchule kuquka nozinzo kumgangatho wehlabathi kunye nokwenziwa kwemisebenzi yezolimo ngendlela ehambelana neMozulu. Umnyango wophando-nzulu ngezifundo kweliSebe uye walungelelaniswa neemfuno zamafama ashishinayo kunye nalawo asakhasayo. Ukwanda kweentlangano eziqavileyo kunye nentsebenziswano nemibutho kumacandelo kubonisa ngokucacileyo imfuneko yophuhliso em'mandla yobuchule kunye nokusasazwa kolwazi, ingakumbi ngokusetyenziswa kwamacebo asezantsi nalawo aphezulu kunye nophuhliso lobuchule. Le Inkqubo yenze igalelo kwimigangatho yeli candela kwiimveliso eziliqela zorhwebo, ingakumbi xa kujongwe kwicandelo lemveliso, yaza yaphinda yancedisa ekucokisweni kweendlela zolawulo zokhuselo lwezifo kwicandelo leenciniba njengesiqalelo phambi kokuba ungene kwimarike zamazwe eManyano yase Yurophi (EU). Izifundo ngophando-nzulu ngofele lwenciniba kunye nokulwa kwazo nazo zibe negalelo kumgangatho ophakamileyo wezikhumba zeenciniba ze kwafunyanwa intengo ngamaxabiso aphezulu kwiimarike zamanye amazwe. Izifundo ngophando-nzulu ngokufuya iigusha neebhokhwe ezinoboya bexabiso nako kungaqinisekisa ingeniso engcono kumafama oboya.

**siXhasa icandelo (amafama kunye nabavelisi) ukuze landise imveliso yezolimo (ezona mveliso zorhwebelwano kwiPhondo) ngobuncikane be 10% kwiminyaka eli 10 ezayo**

Umnyango waboPhando-nzulu ngezifundo bekunye nesigidimi sabo sonaniselwano ngobuchule basixhasile isiseko solwazi kunye nozinzo kwicandelo lethu lemveliso. Ngaphezu koko, abeenkonzo zokuxilonga nokuhlalutywa kweengxaki kunye nabeengcebiso zobugcisa benze igalelo ekuthathweni kwezigqibo ngokunengqiqo ephilileyo ngokumalunga nokukhetha uhlobo lokufama kunye nokusetyenziswa kwemijelo yoncedo olusezifama. Ulwazi olutsha lobugcisa nolwamkelweyo noluthathwe kwimizamo yeziphumo zophando olubalulekileyo luqinisekisa yaye lusezakuqinisekisa ukuba abavelisi bazinzile yaye bemelana nokhuphiswano besebenzisa imijelo yendalo ekukuphela kwesinye (ingakumbi umgangatho womhlaba kunye namanzi) kunye nokutshintsha kwendalo esingqongileyo yaye kusakugcina isiseko sokwandiswa kwemveliso yezolimo nge 10% kule minyaka ilishumi ilandelayo. Ukusebenza ngobunono ngokutshintsha

kwemozulu kusezakuba yeyena nto iqwalaselwayo kuyo yonke imisebenzi yezolimo ngoxa ukusetyenziswa kwamandla ogesi ophehliweyo ezifama kusezakumiselwa ngakumbi. Kuyakwandise ezolimo ngendlela enobunono, ingakumbi kumafama ahlwayelayo navelisa iitapile, ngenkxaso yophando olugxilileyo kunye nemizamo yonaniselwano ngobuchule obuzinzileyo. Imisebenzi yezolimo ngobunono ikhokelele ekukhuleni kwamanani ezemveliso ehlwayelwayo kwakumhlaba omnye, ingakumbi kwimimandla yase Swartland kunye nakum' mandla wase Southern Cape. Ezolimo lelinye lamacandelo abalulekileyo nelikhulu kwimveliso ngolwazi kuMzantsi Afrika, yaye izobuNzulu-lwazi kunye nolwazi kwezoBugcisa kunye noPhando zezinye zezona ntsika zibalulekileyo ekukhuseleni ukukhula koqoqosho ngokusetyenziswa komhlaba kuthi ekugqibeleni kusombulule ukhuseleko lobukho kokutya kunye nophuhliso lwasemaphandleni. Ke ngoko, iQonga leziFundo ngoPhando-nzulu kweZolimo eNtshona Koloni (WCARF) nalo liyazama ekuququzelela yonke imizamo yePhondo ze lisebenzise yonke imijelo ekhoyo yoPhando ngelokwandisa inkxaso yezophando kwicandelo lemveliso yezolimo eNtshona Koloni.

Ulawulo lolwazi nolwazelelo kuko okubalulekileyo kuzinziso lwemveliso. Abomnyango weenkondo zolwazi lobugcisa badlulele kulo lonke usukelo ebe sibabekele yona yaye oko kubonakalisa ukukhuthala ngamagosa ophando-nzulu ngezifundo ngokuba balukhawulezise ulwazi lufikelele kumafama nangaphandle kwamangano efama. Kwelinye icala, ukufumaneka kolwazi oluvela kubavelisi bezorhwebo kunye nabanye abathengi kusenze sahlala sijonge kwimingeni engokwemveliso, sigxininisa ukuba ukufumana kwethu amandla okwahlula imeko kusezandleni zokuveliswa kophuhliso olutsha lobuchule kwezolimo ngokusebenza ngokuhambelana neMo-zulu kunye nokumiselwa kobuchule obuqinisekisiweyo kumgangatho wamafama.

Ukuze siqiniseke ngezinto esizenzayo kunye neziphumo zomnyango wophando-nzulu ngezifundo, bekubalulekile ukuba kulondolozwe ngamandla yonke imicimbi ebandakanya uphando-nzulu ngezifundo kuzo zosixhenxe iifama zokwenziwa kophando-nzulu ngezifundo, belubalulekile yaye kuzixhasile iinzame zophando-nzulu ngezifundo kumaziko aliqela e ARC, kumaziko emfundo enomsila kunye nabanye abathathi-nxaxheba abanomdla kweli candela.

### **Ukwandisa ukusetyenziswa kwemijelo yendalo ngokuzinzileyo ngokusebenzisa iindlela zononophelo ngelokwandisa imveliso yezolimo**

Sinekela ingqwalasela eyongezelekileyo kulimo kukhangelwe kwintsebenziswano ngotshintsho lweMo-zulu kunye nophando olungqamene noko. Oku kuqoka ubuncikane okanye ukungalungiswa komhlaba olondolozwayo, ukutshintshwa kwentsimi yokulima, ukwandiswa kwesikhuseli sezityalo ngelokuthintela ulophu (iintsika ezintathu zolondolozo lwezolimo) ukusetyenziswa kwezichumisi ngobunono, neendlela ezahlukileyo zokusebenza ifama kunye nezinye izityalo ezinokutyalwa eNtshona Koloni. Kusezakuqhutyelwa phambili ze kukhuthazwe icandelo lemveliso yoLimo ngokulondolozwa kumafama amancinci ahlwayelayo kunye naweetapile ngokusebenzisa unaniselwano ngolwazi lobugcisa.

### **Ubuchule bokuphucula kwimisebenzi engavelisanga ziphumo zampumelelo**

Ukungafezwa komsebenzi kubonakaliswe sisikhombisi esinye kuphela. Ukwenziwa kwesicwangciso sokutshintsha kwemo-zulu kwezolimo (iphulo le SmartAgri) kuqalisile kwinyanga yeThupha 2014 yaye eli phulo leminyaka emibini lizakugqitywa (ngezigaba ezintathu) ekupheleni kweyoKwindla 2016.

### **Utshintsho kusukelo olucetyiweyo**

Akukho utshintsho lwenziweyo kusukelo ebelubekiwe

### **Ukukhuluganiswa kokwenziwa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali**

Inkciitho isetyenziswe ekuxhaseni abasebenzi kwicandelo labakumgangatho ophezulu woqeqesho nabanesakhono kubunzulu-lwazi. Abasebenzi kunye nesiseko soncedo efama badale imeko yokuncedeka kubasebenzi bezobunzulu-lwazi ukuze benze iinkqubo zophando-nzulu ngezifundo kunye namaphulo, nokuthe kwabangela ukubakho kwemisebenzi eyenziweyo yobunzulu-lwazi nobuchule, nexhaswe ngokuthe nkqo icandelo lezolimo, ekuzinzeni, kukhuphiswano kunye nokumela nokutshintsha kwemo-zulukunye neningeni yako.

### Inkcitho yeNkqubo Ephantsi

Igama leNkqubo ephantsi	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Uphando-nzulu ngezi-fundo	64 896	64 896	-	61 091	60 341	750
Iinkonzo Zonaniselwano ngoBuchule	481	481	-	287	287	-
Iinkonzo Zoncedo Olusisiseko	39 146	39 146	-	34 902	34 902	-
<b>Totali</b>	<b>104 523</b>	<b>104 523</b>	<b>-</b>	<b>96 280</b>	<b>95 530</b>	<b>750</b>

#### 4.6 INKQUBO 6: IINKONZO ZOQOQOSHO KWEZOLIMO

Injongo yale nkqubo: yeeNkonzo zoQoqosho kweZolimo (AES) kukunikela kwicandelo lemveliso ngeenkono ezifanelekileyo ngexesha elichanileyo kuqoqosho lwezolimo, kuxhaswa uzinzo kwezolimo nophuhliso lwe agribusiness ngelokwandisa ukukhula koqoqosho.

Le nkqubo yenza umsebenzi enegunya lawo ngokusebenzisa iinkqubo ezimbini eziphantsi:

- Ukuxhasa i Agribusiness noPhuhliso
- Ukuxhasa uqoqosho ngokuPheleleyo

**Injongo zobuchule, izikhombisi zokwenziwa komsebenzi, usukelo olucetyiweyo kunye neyona mpumelelo Injongo yobuchule benkqubo ephantsi: yokuxhasa i Agribusiness noPhuhliso** Kukunika inkxaso kwi Agri business ngokuphuhlisa oosomashishini, iinkonzo zokungena kwimarike, ukongeza ixabiso, imveliso kunye noqoqosho lwempahla esinayo.

**Injongo yobuchule benkqubo ephantsi: yokuxhasa uqoqosho ngokuPheleleyo** Kukunikela ngolwazi ngolwazi olungoqoqosho ngokupheleleyokunye neenkukacha-manani ngenkqubela kwicandelo lezolimo ukuze kwenziwe ukuceba nokuthathwa kwezigqibo ezisengqiqweni ephilileyo.

### linjongo Zobuchule

Iinkonzo zoQoqosho kweZolimo					UkuPhawula ngokunxaxha
linjongo zoBuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Uphuhliso kunye nokuxhaswa kwe Agri-Business:</b>  <b>Inani lamaqabane anomdla anikwe iinkonzo zoqoqosho lwezolimo</b>	1 456	1 395	5 199	3 804	Ezinye zezinkonzo zinikelwa ngokufunwa kwazo ngamafama, kodwa zinikelwa njengeenkono ezinikelwa ngokukhulayo, kwi AgriBEE, kumaQumrhu, kwakunye nemibuzo engokuthunyelwa kweemveliso zorhwebo kumanye amazwe.
<b>Inkxaso yoQoqosho Ngokupheleleyo:</b>  <b>Inani leentshukumo zolwazi ezenzelwe ukuxhasa ukuthathwa kwezigqibo ngengqiqo ephilileyo</b>	414	1 345	532	(813)	Qaphela ukuba kufuneka usukelo oluchanileyo lonyaka lube ngama 245 kodwa ingabi li 1 345 nethe yashicilelwa ngemposo kushicilelo lwe APP. Noko kunjalo, usukelo lwekota luchanile njengokuba zihlanganisa inani losukelo olubekiweyo lonyaka. Into ethetha ukuba usukelo obelubekiweyo lonyaka ludlule nge 187. Ezinye zezinkonzo zenziwa xa zifunwa ngamafama, kodwa zisekwahlanganiswe kwimizamo yonke ethe yenziwa kwiintshukumo zosasazo.

### Izikhombisi Zokwenziwa komsebenzi

Inkqubo ephantsi 6.1: uphuhliso nokuxhaswa kwe Agri-Business					UkuPhawula ngokunxaxha
Izikhombiso zokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Izikhombisi kwicandelo lemveliso:</b>					
Inani elixhasiweyo le Agri-Business ngeenkono zoqoqosho kwezolimo ngelokungena kwiimarike	65	60	97	37	Kunzima ukuqikelela inani leenkampani ezithatha inxaxheba kwimisitho yehlabathi. Oku kuye kwavezwa nangumzamo wentlanganisela kuquqzelelo lwemisitho efzekisa iimfuno zokomthetho
Inani ngophando-nzulu ngezifundo ngoncedo olusisiseko olugciniweyo	1 278	1 000	2 008	1 008	Oku kungumphumela wee workshop ezininzi eziye zenziwa, umz, amaqumrhu, AgriBEE efama ngokwesigqibo ngexesha
Inani lophando olwenziweyo ngoqoqosho kwezolimo	9	12	16	4	Oku kubangela zizicelo ezifunyenweyo ze kuxhomekeke ekufunweni ngamafama.

Inkqubo ephantsi 6.1: uPhuhliso kunye nokuXhaswa kwe Agribusiness					UkuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2012/2013	Usukelo olucetyiweyo 2013/2014	Eyona mpumelelo 2013/2014	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014	
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo:</b>					
Ubungakanani bolwazi obukhutshwiweyo ngokukhutshazwa kwentengo	54	34	52	18	Oku kube sisiphumo sokongezelwa koncedo kwicandelo
Ixabiso lemali etyaliwe kumadlelo aluhlaza kunye nokwandiswa kwamaphulo angezolimo ne Agribusiness	R105 yezigidi	R60 yezigidi	R230.4 yezigidi	R170.4 yezigidi	Oku kube sisiphumo sotyalomali olukhulu olusezayo ngenxa yokusetyenziswa kwendlela yokulinga kunye nenkxaso eqhubekayo kunye nokulandela kwamafama. Necham lengxowa-mali ye AgriBEE nayo yongezile kulo msebenzi.
Inani lohlahlo lwabiwo-mali olwenziweyo	34	25	13	(12)	Oku kwenzeka ngenxa yokungabikho kwesakhono nangona zizalisiwe izithuba azintathu zengqesho malunga nasekupheleni konyaka.
Inani lohlahlo lwabiwo-mali oluhlaziweyo	25	15	3	(12)	Oku kwenzeka ngenxa yokungabikho kwesakhono nangona zizalisiwe izithuba azintathu zengqesho malunga nasekupheleni konyaka.
Inani lamaqumrhu ezolimo asebenzayo naxhasiweyo	44	15	29	14	Oku kubangelwe luqeqesho olwenziwe kumanye amaphulo
Inani eliphuhlisiweyo lamaqumrhu ezolimo	16	15	18	3	Oku kubangelwe yimfuneko njengenani le workshop ebibanjiwe yokuvundlisa nekhokelele ekubeni amanye amaqela ayamkele le ndlela.
Inani lamaqabane anomdla abandakanyeka kwiintshukumo zoqoqosho lwezolimo	53	65	186	121	Noku kulawulwa zizicelo esizifumeneyo nezingaphezu kwezo besizicebile.
Inani labathathi nxaxheba abazimase uqeqesho lokuqeqeshela ukwenza umsebenzi ngendlela engomthetho	Oku akuxelwanga kulo nyaka	240	2 861	2 621	Olu lusukelo lokuqala yaye nempumelelo enkulu ebingalindelekanga ibangelwe yingxowa-mali yamazwe-ngamazwe nesiYiphiweyo ukuba sixhase uqeqesho ngayo.

Inkqubo ephantsi 6.2: Ukuxhasa uQoqosho oluPheleleyo					UkuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2012/2013	Usukelo olucetyiweyo 2013/2014	Eyona mpumelelo 2013/2014	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014	
<b>Ezona zikhombisi kwiCandelo</b>					
Inani lezicelo eziphendulweyo nezingolwazi loqoqosho olupheleleyo	166	140	203	63	Olu sukelo luxhomekeka ekufunweni ngamafama yaye lwenziwa ngokwezicelo esizifumeneyo. Nook kunjalo, inkqubo ephantsi izilungiselele zonke izicelo eziphendulweyo.
Inani leengxelo ezenziweyo ngoqoqosho olupheleleyo	36	30	34	4	Oku kwenzeka ngenxa yezicelo zethutyana.
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inani leenkukacha ezigcinweyo	43	44	130	86	Kwenziwe imizamo emikhulu yokulungiswa nokugcinwa kweenkcukacha ezifanelekiweyo. Kongezwa neenkukacha ezintsha.
Inani lokubalwa komhlaba	1	1	-	(1)	Oku kuxhomekeke ekubeni ziyafumaneka ezinye iinkqubo ebezimele ukuncedisa ekucho-la-cholweni kweenkcukacha
Inani leentshukumo zokusasazwa kolwazi	168	1 130	165	(965)	Qaphela ukuba kufuneka usukelo oluchanileyo lonyaka lube ngama 30 kodwa ingabi li 1 130 nethe yashicilelwa ngemposo kushicilelo lwe APP. Noko kunjalo, usukelo lwekota luchanile njengokuba zihlanganisa inani losukelo olubekiweyo lonyaka. Into ethetha ukuba usukelo obelubekiwe lonyaka ludlule nge 135. Oku kubangelwe kuku-funwa kakhulu kwamaQum-rhu kunye nee workshop ze AgriBEE. Kananjalo ukuhlalutya nokubekwa ngocwangco iinkukacha zolwazi kugcino lweenkcukacha zolwazi ukuze zisasazwe ze kwabelwane ngazo.

**Igalelo kwiziphumo zeenjongo zobuchule kwiSebe**

**Sixhasa icandelo lemveliso yezolimo kwiPhondo ukuze likwazi ukuba ligcine isikhundla salo ekuthunyelweni kwemveliso kumanye amazwe kule minyaka mi 5 ilandelayo ngokukhulisa ixabiso lalo lisuke kwi R14.014 yezigidi ngezigidi ku 2009**

Iintshukumo zokungenwa kwemarike ezinjengemisitho yokukhuthazwa kwentengo, inkxaso enike amafama amnyama asakhulayo kunye nakumafama ashishinayo ngokusetyenziswa kwenkqubo yokungena kwimarike, uphando olwenziweyo ngemarike kunye nenkxaso engokuthobela imimiselo yenkqubo ye (AES), zonke zijoliswe ekufezekisweni kwezinjongo zikhankanywe ngentla.

## **Siqinisekisa ngempumelelo yobuncikane be 60% kumaphulo obuyiselo lomhlaba wezolimo kwiPhondo, kule minyaka mi 5 ilandelayo**

Le nkqubo ijolise ekwenzeni ungenelelo kubaxhamli kubuyiselo lomhlaba nolunjengenkqubo yokungenwa kwemarike ngelokuxhasa abaxhamli ukuba bangene kwiimarike ngokuphelisa imiqobo. Iphulo i Sim-Fin liyabaxhasa abaxhamli ngokubanika izakhono kunye nokugcinwa kweenkcukacha zokusetyenziswa kwemali ezifama

### **Ubuchule bokulungisa iindawo ezingawufeziwo umsebenzi wazo**

Injongo yale Nkqubo: ye (AES) kukuvala izithuba ezikhoyo zengqesho ukuze kwande isakhono somsebenzi ze kwenziwe ze kuqinise ubudlelwane nemibutho yabavelisi, amaziko kunye namaSebe kuyo yonke imigangatho kaRhulumente kuphando nakwezinye iintshukumo zale nkqubo

### **Utshintsho kusukelo olucetyiweyo**

Akukho lutshintsho lwenziweyo kusukelo obelubekiwe

### **Ukuhlenganiswa kokwenziwa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali**

Iintshukumo ezenziwe phantsi, kwenkqubo ephantsi 6.1 zimiselwe kulo lonke eli Phondo yaye zibeka uxinezelelo ngokumalunga neendleko zokutyisa nothutho. Aliqela amacebo ochwangciso ngezimali athe asetyenziswa ekuxhasweni kwamafama asakhasayo namnyama kunye nalawo akushishino. Ukusetyenziswa kobuxhaka-xhaka beKhompyutha, onuyi Simfin, kukhokelele ekunyukeni kwemirhumo yelisensi, kule minyaka mine idlulileyo.

Le nkqubo inezivumelwano eziliqela ezenze kunye namanye amaziko kunye nabavelisi bezorhwebo. Isixa esikhulu kuhlahlo lwabiwo-mali lwale nkqubo siya kwiintlawulo. Zikhona iimali esizifumene ngokukhela umgaqo kodwa sisahciniwe ukuze kwenziwe ushishino ngokusemthethwenikwicandelo leziqhamo nasekwenziweni kwewayini. Iintshukumo zophuhliso lwemarike kwiimarike zamazwe-ngamazwe zezinye izinto ezidla imali eninzi kule nkqubo.

### **Inkcitho yenkqubo ephantsi**

Igama lenkqubo ephantsi	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (ephezulu)/ engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukuxhasa i Agribusiness kunye noPhuhliso	16 608	16 608	-	12 958	12 958	-
Ukuxhasa uQoqosho oluPheleleyo	5 048	5 048	-	3 989	3 989	-
<b>Totali</b>	<b>21 656</b>	<b>21 656</b>	<b>-</b>	<b>16 947</b>	<b>16 947</b>	<b>-</b>

#### 4.6 INKQUBO 7: IMFUNDO NOQEQESHO OLUHLELIWEYO KWEZOLIMO

Injongo yale Nkqubo: ye SAET kukulungiselela nokuhlela imfundo yezolimo noqeqesho ngokuhambisana noBuchule kwiMfundo yeZolimo noQeqesho kubo bonke abathathi nxaxheba kwicandelo lemveliso yezolimo ukuze kusekwe icandelo lemveliso elinomthombo wolwazi, liqhakazile neliwaziyo umsebenzi walo. Inkqubo eziphantsi kwayo:

- Yimfundo Ephakamileyo noQeqesho
- Yimfundo Enomsila noQeqesho

##### **Injongo zobuchule, izikhombisi zokwenziwa komsebenzi, usukelo olucetyiweyo kunye neyona mpumelelo Inkqubo ephantsi: Imfundo Ephakamileyo noQeqesho (HET)**

Inikela ngemfundo ephakamileyo kwezolimo kunye noqeqesho ukususela kumgangatho we NQF 5 nakubani na ofikelelayo kwimimiselo efunwayo ukuze afunde ngezolimo kunye nezinye iinkalo kwezolimo yaye isekwanika uqeqesho oluvunyiweyo nolufuneka kakhulu kumgangatho wemfundo ephakamileyo.

**Inkqubo ephantsi: Imfundo Enomsila noQeqesho (FET)** Inikela ngemfundo eshicilelwe ngokusemthethweni kunye noqeqesho olungashicilelwanga kususela kumgangatho NQF1 ukuya ku 4 ngendlela yeenkqubo zemfundo noqeqesho oluhleliweyo kubo bonke abathathi nxaxheba abanomdla kwezolimo, ingakumbi uLutsha nawo onke amaqela okulima nokufuya, kuquka amafama asakhasayo, azondlayo kunye namafama ashishinayo. Inkqubo ephantsi ihlohla izifundo zezakhono zexesha elifutshane kunye nokufundela ukwenza umsebenzi (iinyanga ezili 12) kwiziko lolawulo elise Elsenburg kunye nezifundo zezakhono zexesha elincinci ukususela kwiinyanga ezimbini ukuya kwezilishumi kumaziko akwezinye iindawo ase George, Oudtshoorn, Clanwilliam nase Bredasdorp.

##### **linjongo Zobuchule**

Imfundo noQeqesho Oluhleliweyo kweZolimo					UkuPhawula ngokunxaxha
linjongo zoBuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Imfundo ePhakamileyo noQeqesho:</b> Inani labafundi ababhalisele izifundo zeMfundo ePhakamileyo noQeqesho oluvunyiweyo ngokusesikweni	442	380	442	62	Le nkqubo iyaphuphuma ngenxa yokufunwa kakhulu koqeqesho lwe HET kunye nokwanda kwabafundi abahlala emakhayeni abo.
<b>Imfundo eNomsila noQeqesho:</b> Inani labafundi abagqibe inkqubo yezifundo nezakhono ezivunyiweyo ngokusesikweni	Akwenziwanga ngxelo lulo nyaka	1 800	2 808	1 008	Inkqubo isebenze ngokugqwesileyo kuba ifunwa kakhulu nangenxa yemali ye CASP eyongeze kwinani lezifundo zexesha elifutshane ukuba zibekhona.
<b>Imfundo eNomsila noQeqesho:</b> Inani labafundi abagqibezela iinkqubo zezifundo nezakhono ezisesikweni, ukufundela ukwenza umsebenzi kunye nezifundo zezakhono kwixesha elifutshane	80	45	44	(1)	Le Nkqubo ihle kancinci umsebenzi wayo ngenxa yenani eliphantsi lokupasa kwabantwana kunokuba bekulindlekile. Ukukhula kwenani lokupasa kwabafundi kungenzeka ngokuthi kwandiswe ukuhlolwa ngononophelo kunye nokukhethwa kwabafundi okungqongqo.



**linjongo Zobuchule**

Imfundo noQeqesho Oluhleliweyo kweZolimo					UkuPhawula ngokunxaxha
linjongo zoBuchule	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwicandelo lemveliso</b>					
Inani labafundi ababhalisele izifundo zeMfundo ePhakamileyo noQeqesho oluvunyiweyo ngokusesikweni	442	350	442	92	Le Nkqubo isebenze ngaphezu kokuba ibilindelekile ngenxa yokufunwa okuphezulu koqeqesho lwe HET kunye nokwanda kwamanani abafundi abazihlalela ngaphandle kwesikolo.
Inani labafundi abagqibe inkqubo yezifundo nezakhono ezivunyiweyo ngokusesikweni	102	100	138	38	Le Nkqubo ibe nempumelelo ephezulu kakhulu ngenxa yokuphakama kwimpumelelo kwizifundo zabafundi, kuqakwa kokwamkelwa okongeziweyo kwabafundi.
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inani elinikezelweyo lenkxaso-mali yabafundi	50	40	48	8	Le Nkqubo ibe nempumelelo ephezulu kakhulu ngenxa yokwanda kokunikelwa kweebhasari azingaphelelenga
Ukumisela kosukelo lokuniganiswa kwamanani abafundi	96	100	96	(4)	Le Nkqubo isebenze ngaphantsi kunokuba bekulindelwe ngenxa yokuhla kwamanani abalungele ukwamkelwa kkwabaphuma kumakhaya ahlelekileyo kwabo benze izicelo beyifezekisa imimiselo yokwamkelwa. Kuzakwenziwa imizamo eyodwa yokugaya nokuxhasa abagqatswa abamelanayi nemimiselo yokwamkelwa kwaba bahlelekileyo.
Inani lezifundo ezihlohiweyo zexesha elifutshane	9	5	7	2	Le Nkqubo isebenze ngaphezu kokuba ibilindelekile ngenxa yokufunwa okuphezulu kwezifundo zexesha elifutshane, ingakumbi ngabafundi ababhalisele izifundo ezipheleleyo.
Inani labafundi abagqibezela izifundo zexesha elifutshane	170	150	168	18	Le Nkqubo isebenze ngaphezu kokuba ibilindelekile ngenxa yokufunwa okuphezulu kwezifundo zexesha elifutshane, ingakumbi ngabafundi ababhalisele izifundo ezipheleleyo.

Inkqubo Ephantsi 7.2: Imfundo noQeqesho Oluhleliweyo kweZolimo					UkuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi kwiCandelo</b>					
Inani labafundi abagqibezela izifundo zexesha elifutshane ezingavunywanga-ngokusesikweni	2 700	1 800	2 805	1 005	Le nkqubo ibe nempumelelo ephezulu kakhulu ngenxa yokufunwa okukhulu kunye nenkxaso-mali eveka kwi CASP nethe yabangela ukwanda kumanani ezifundo zexesha elifutshane ezinokubakho.
Inani labafundi abagqibe inkqubo yezifundo nezakhono ezivunyiweyo ngokusesikweni, inkqubo yokufundela umsebenzinezifundo ezivunyiweyo zexesha elifutshane	80	45	44	(1)	Le nkqubo ihlise kancinci umgangatho kwimpumelelo yayo ngenxa yokwehla kwenani labafundi abaphumeleleyo kwizifundo. Lisenokunyuka kwakhona inani lokupasa izifundo xa abafundi benokuqatshelwa ngakumbi kwanokukhethwa kwabo okungqongqo xa besamkelwa.
<b>Ezona zikhombisi kwiPhondo</b>					
Inani labafundi ababhalisele inkqubo zokwenza umsebenzi	55	55	55	-	
Ingcaciso / Amava emfundo (RPL) kubafundi kwi FET besiya kwi HET	15	20	13	(7)	Le nkqubo iwe ngeneno kunosukelo ebibekelwe lona ngenxa yokuhla kwenani labafundi abafezekisa imimiselo yokwamkelwa sisikolo, ukuze benze ingcaciso, kuzakumiselwa ukuqatshelwa okungqongqo kwabafundi abafundela umsebenzi.
Inani leentlobo zzenkqubo ezihlohlwayo ze learnerships	4	6	4	(2)	Iwe ngeneno kunosukelo ebibekelwe lona ngenxa yokumiselwa kwesicwangciso sokuphuculwa kolawulo, emva kokuvavanywa kwenkqubo ye learnership.

**Igalelo kwiziphumo zeenjongo zobuchule kwiSebe**

**Sixhasa icandelo lemveliso kwiPhondo ukuze likwazi ukugcina isikhundla salo ekuthunyelweni kwemveliso kumanye amazwe kule minyaka mi 5 ilandelayo ngokukhulisa ixabiso layo lisuke kwi R14.014 yezigidi ngezigidi zeeRandi ku 2009**

Abenkqubo yokuHlelwa kwemfundo noQeqesho kweZolimo lenze igalelo elikhulu kuqeqesho lwezakhono nophuhliso kwicandelo lemveliso yezolimo baza baqhubekela ukulungiselela nokuhlohla izifundo ezivunye ngokusesikweni kwanezingavunywanga, kumgangatho we NQF 1-7. Bekujoliswe ikakhulu kuLutsha, kuwo onke amaqela kwezolimo kunye namafama alimela ukuzondla, amafama asakhasayo kunye namafama ashishinayo kuquka noncedo kwezolimo kwicandelo lemveliso yezolimo ukuze kukhuthazwe ze kuxhaswe icandelo lemveliso elinolwazi, eliqhakazileyo nelimelanayo neningeni yokomsebenzi.

Kulo nyaka sithetha ngawo, bebonke ngama 2 808 abaxhamli kwezolimo (kuquka ama 55 abafundi aba-

phuma kwiinkqubo ezahlukeneyo ze Learnership kumgangatho wemfundo NQF 4) ababhalise ekuqaleni komnyaka wezifundo, kubo kukho ama 44 abazakuthweswa izidanga kwinyanga yoMnga 2014.

Abenkqubo yokuHlelwa kwemfundo noQeqesho kweZolimo (SAET) bahlohle izifundo ezine kwezivunye ngokusesikweni nezisisidanga i B. Agric degree, i Diploma kunye ne Higher Certificate kweZolimo kwakunye nesaTifiketi kuqeqesho lokukhwela amahashe kubafundi abangama 442. Bebonke bali 138 abafundi aphumeleleyo kwezi nkqubo kwinyanga yoMnga 2014, xa kudityaniswa kwini labalimi abaqeqeshwe ngokuphezulu ukuze bakhulise eli candela.

### **Siqinisekisa ngempumelelo yobuncikane be 60% kuwo onke amaphulo angokubuyezwa komhlaba kwiPhondo, kule minyaka mi 5 ilandelayo**

Abenkqubo ephantsi kuHlelo kwemfundo noQeqesho kweZolimo: i FET besebenzisana nabenkqubo ye FSD bahlohle uluhlu lweenkqubo zezakhono ezahlukeyo kubaxhamli be CASP kunye nabe Ilima/Letsema kuzo zonke isithili zeli Phondo. Oku kwenze igalelo labaxhamli abanga 2 808

abaqeqeshiweyo bebonke, kuquka aboncedo ezifama amafama okuzondla, amafama asakhasayo kunye nashishinayo kunye nabo bonke abanomdla.

### **Sixhasa icandelo lemveliso (amafama kunye nabavelisi) ukuze bandise imveliso yezolimo (kubarhwebi abakwiPhondo) ngobuncikane be 10% kule minyaka ili 10 ilandelayo**

Le nkqubo ihlangene kunye namaqela anomdla ekukhuthazeni nasekuxhaseni uphuhliso lwezakhono kunye nezakhono zokwenza umsebenzi wezolimo. Kuhlohlwe uqeqesho lwezakhono kumafama angama 2 808 behlangene nabancedidi ezifama, ngeli xesha ama 442 abafundi bebhalesele ukwenza izifundo kwiinkqubo zemfundo ephelileyo noQeqesho ngokupheleleyo. Bebonke bali 138 abafundi abaphumeleleyo kwezi nkqubo nabazakungena kwelicandelo lemveliso okokuqala njengama fama, iimanejala zeefama, abancedisi beemanejala zeefama, abaphathi babasebenzi, abalimi kunye nabacebisi kwezolimo.

### **Sandisa uzinzo ekusetyenzisweni kwemijelo yethu yendalo ngokusebenzisa iindlela zolondolozo ngelokwandisa imveliso yezolimo**

Ukukhuthazwa kweendlela ezizinzileyo zokulima kwenza isiseko eziqinileyo ekufundisweni kwabafundi kuyo yomibini imigangatho ye FET kunye ne HET. Abenkqubo yoHlelo kwemfundo noQeqesho kweZolimo (SAET) bakhuthaza iindlela ezizinzileyo ekusetyenzweni kwezolimo yaye bahlohlisa isifundo esingozinzo kwezolimo, ekukulima ngokwemveli, ulawulo lwemijelo yendalo kunye nemithetho yokhusele lokubakho kokutya, njengenxenye yenkqubo ehleliweyo yezifundo ngamava. Ukukhuthazwa kweendlela ezizinzileyo zokulima kwenza isiseko eziqinileyo ekufundisweni kwabafundi kuwo onke amaziko enkqubo yemfundo enomsila. Umsebenzi wezifundo ezihlohlwayo kuzo zonke iinkqubo ze HET uquka ummango obonakalayo wezifundo ezingolawulo lwemijelo yendalo yethu. Sisifundo esihlohlwa yonke iminyaka. Umsebenzi waso ulingana nesithathu kwisine sawo wonke umsebenzi owenziwayo, ingakumbi kwi Diploma yeZolimo.

### **Sandisa amathuba oqoqosho kwezolimo kwindawo ezikhethiweyo zokuhlala emaphandleni ngokweem-guno zabo zokuhlala nezoqoqosho kwiminyaka elishumi elandelayo**

Abenkqubo kwiMfundo noQeqesho Oluhleliweyo kweZolimo (SAET) babandakanyeka kuphuhliso lwezakhono emaphandleni kweli Phondo, ingakumbi ngeNkqubo ePhelileyo yoPhuhliso lwaseMaphandleni (CRDP). Kuhlohlwa izifundo ezingobuNkokheli, uQhakamshelwano, izakhono zokushishina, kuKhuthazwa intengo kwezolimo kunye nolawulo lwezimali, kumalungu eBhunga labanomdla i (COS).

### **Ubuchule bokulungisa kwiindawo ezingawufezanga umsebenzi wazo**

#### **Ukumiselwa kosukelo ekulinganisweni kwamanani abafundi:**

Kuzakongezwa kwimizamo yokugaya ze kuxhaswe abagqatswa babafundi abayifezayo imimiselo efunwayo ukuze bamkelwe kwabo bangathathi ntweni. Kuyagqalwa ngakumbi kwizikolo zabamnyama ezi-

hlohla izifundo zezolimo, izibalo kunye nobunzulu-lwazi ekurhwebesheni abafundi befakwa kwezolimo njengobizo olunesakhono.

#### **Inani labafundi abagqibezele iinkqubo zezakhono ezivunye ngokusesikweni**

Kungenzeka ukukhula kwamanani abafundi abaphumelelayo xa benokubeka esweni ngakumbi ze bamkelwe ngokulandela indlela engqongqo xa kusamkelwa abafundi.

#### **Ukucacisa / i RPL yabafundi abakwi FET nekhokelela kwi HET**

Kuzakuphuculwa ukubeka esweni kwabafundi abafundela umsebenzi

#### **Inani leentlobo zeenkqubo ze Learnership ezihlohlway**

Inani leenkqubo ze Learnership liyakwazeka ngokumiselwa kwesicwangciso sokuphuculwa kolawulo.

#### **Utshintsho kusukelo olucetyiweyo**

Akukho lutshintsho lwenziweyo kusukelo obelubekiwe

#### **Ukhlanganiswa ukwenziwa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali**

Ukwenziwa komsebenzi wale Nkqubo kuye kwahambelana nezimali eziyabelweyo

#### **Inkcitho yenkqubo ephantsi**

iGama lenkqubo ephantsi	2014/2015			2013/2014		
	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (Ephezulu)/ Ephantsi	Ulwabiwo	Eyona nkcitho	Inkcitho (Ephezulu)/ Ephantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Imfundo Ephakamileyo noQeqesho	44 891	43 541	1 350	34 194	34 194	-
Imfundo Enomsila no-Qeqesho	9 888	9 888	-	9 679	9 679	-
<b>Totali</b>	<b>54 779</b>	<b>53 429</b>	<b>1 350</b>	<b>43 873</b>	<b>43 873</b>	<b>-</b>

## **4.6 Inkqubo 8: Ukuququzelelwa koPhuhliso Lwasemaphandleni**

Injongo yale nkqubo kukudala iindawo zokuhlala emaphandleni ezininzi udlamko nezinozinzo, kukulungiselela ukumiselwa kwe CRDP kaZwelonke kunye nokulungiselela uphuhliso lwabasebenzi basezifama eNtshona Koloni.

Le nkqubo igxile ekuququzeleleni ukumiselwa kophuhliso lweendawo zokuhlala emaphandleni kweli Phondo kunye nokumiselwa kweenkonzo ngelokuqiniseka ukuba:

- Onke amaSebe kwiPhondo kunye nooMasipala banikela ngeenkonzo ngendlela elungiselelweyo necacileyo kwiindawo ezikhethiweyo zokuhlala emaphandleni ngokumiselwa kwe ISC kwindawo nganye ekuhlalwa kuyo emaphandleni.
- Ukumiswa ngokusesikweni kwemibutho yokukhokela kwiindawo ezikhethiweyo zokuhlala emaphandleni ngelokuphuhlisa ezo ndawo ngokuthi kukhangelwe ze kumiselwe amaphulo kwiindawo zabo zokuhlala.
- Kumiselwe uphuhliso loQoqosho noLuntu kunye namaphulo eziseko eziluncedo ngelokulungiselela ukukhula kooqoqosho kwiindawo ezikhethiweyo zokuhlala ezisemaphandleni.
- Kunikelwe ngoqeqesho lwezakhono kubantu abakwiindawo ezikhethiweyo zokuhlala ezisemaphandleni.
- Kudalwe ingqesho ezinzileyo kubantu abangasebenziyo kwiindawo zokuhlala kwiindawo ezisemaphandleni.
- Kwenziwe ngcobo imeko yokhuseleko kobukho kokutya ngongenelelo olwenziwa emakhayeni akwiindawo zokuhlala kwiindawo ezisemaphandleni.
- Kwenziwe ngcono umfanekiso kunye neemeko zoqoqosho nokuhlala kwabasebenzi basezifama ngokubanika izakhono zokuphila ukuze kuphuculwe ubomi babo.

Le nkqubo yenziwe ziinkqubo eziphantsi ezimbini, nezizezi:

- Ucwangciso loPhuhliso
- Uphuhliso lwabasebenzi basezifama

**Iinjongo zoBuchule, izikhombisi zokwenziwa komsebenzi, usukelo olucetyiweyo kunye neyona mpumelelo Inkqubo Ephantsi: Ucwangciso loPhuhliso:**

Kukulungiselela ngempumelelo ukumiselwa kwe CRDP kuZwelonke kwiindawo ezikhethiweyo zokuhlala emaphandleni kwiNtshona Koloni

**Inkqubo Ephantsi: Uphuhliso lwabasebenzi basezifama:**

Kukwenza ngcono umfanekiso kunye neemeko zoqoqosho kunye nokuhlala koLuntu olusebenza ezifama kunye neentsapho zabo ngokubanika uphuhliso kunye noqeqesho lwezakhono zokuphila ukuze kuphucuke ubomi babo.

**Iinjongo zeqhinga**

Uququzelelo Lophuhliso Emaphandleni					UkuPhawula ngokunxaxha
Iinjongo zoBuchule	Eyona mpumelelo 2012/2013	Usukelo olucetyiweyo 2013/2014	Eyona mpumelelo 2013/2014	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2013/2014	
<b>Ucwangciso loPhuhliso:</b> Inani leendawo zokuhlala ezenziweyo emaphandleni ngokumiselwa kophuhliso loqoqosho loLuntu ngokumiselwa kweNkqubo Ephelileyo yoPhuhliso Emaphandleni	4	2	-	(2)	iGosa eliyintsumpa (HOD) kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni lihlalane noMphathi Ophezulu we PSSC kunye ne DRDLR batyikitye incwadi yesivumelwano esiqinisekisa ukuba omabini la maSebe avumelene ngokurhoxiswa kokwandiswa kophuhliso lweendawo zokuhlala emaphandleni kunyaka ka 2014/2015 ukuze kwenziwe umehluko obonakalayo kwezi ndawo sele zikhona, ngenxa yokushokoxeka kwezixhobo kunye nobukhulu bendima yomsebenzi. Ngenxa yoko, akukho ndawo zintsha zivuliweyo.
<b>Uphuhliso lwabasebenzi basezifama:</b> Inani labasebenzi basezifama kunye neentsapho zabo ezixhamla kumanyathelo oqeqesho nophuhliso kweli Phondo	32 325	2 330	8 493	6 163	Usukelo lwalo nyaka lwenziwe phambi kokuphunyezwa kwezi celo zemali yeli phulo- neziquka nenani labaxhamli ekufuneka kuqondanwe nabo ngokwe phulo – de libe liqakunjelwe. Ukwenzela ukuchaneka kosukelo, iKomiti yoVavanyo Lwamaphulo e FWD, yenze isindululo senani lwabaxhamli kwiKomiti Yolwabiwo Lwamaphulo kwiSebe ukuze iliphumeze- sele lisetiyenzisiwe ukuze limisele usukelo olutsha.

### Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi

Inkqubo Ephantsi 8.1: Ucwangciso Lophuhliso					UkuPhawula ngokunxaxha
Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiPhondo</b>					
Inani leendawo zokuhlala ezihlaziyweyo emaphandleni	4	2	-	(2)	iGosa eliyintsumpa (HOD) kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni lihlangele noMphathi Ophezulu we PSSC kunye ne DRDLR batyikitye incwadi yesivumelwano esiqinisekisa ukuba omabini la maSebe avumelene ngokurhoxiswa kokwandiswa kophuhliso lweendawo zokuhlala emaphandleni kunyaka ka 2014/2015 ukuze kwenziwe umehluko obonakalayo kwezi ndawo sele zikhona, ngenxa yokushokoxeka kwezixhobo kunye nobukhulu bendima yomsebenzi. Ngenxa yoko, akukho ndawo zintsha zivuliweyo.
Inani lezona ndawo zokuhlala eziqaliswe ziiKomiti Ezisebenza ngokuhlangana kwamasebe	5	2	-	(2)	iGosa eliyintsumpa (HOD) kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni lihlangele noMphathi Ophezulu we PSSC kunye ne DRDLR batyikitye incwadi yesivumelwano esiqinisekisa ukuba omabini la maSebe avumelene ngokurhoxiswa kokwandiswa kophuhliso lweendawo zokuhlala emaphandleni kunyaka ka 2014/2015 ukuze kwenziwe umehluko obonakalayo kwezi ndawo sele zikhona, ngenxa yokushokoxeka kwezixhobo kunye nobukhulu bendima yomsebenzi. Ngenxa yoko, akukho ndawo zintsha zivuliweyo.
Inani lamaBhunga asekiweyo Amaqabane anomdla	9	2	-	(2)	iGosa eliyintsumpa (HOD) kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni lihlangele noMphathi Ophezulu we PSSC kunye ne DRDLR batyikitye incwadi yesivumelwano esiqinisekisa ukuba omabini la maSebe avumelene ngokurhoxiswa kokwandiswa kophuhliso lweendawo zokuhlala emaphandleni kunyaka ka 2014/2015 ukuze kwenziwe umehluko obonakalayo kwezi ndawo sele zikhona, ngenxa yokushokoxeka kwezixhobo kunye nobukhulu bendima yomsebenzi. Ngenxa yoko, akukho ndawo zintsha zivuliweyo.
Inani lezicwangciso ezenziweyo zokumiselwa kwe CRDP kwiindawo zokuhlala ezisemaphandleni	6	2	2	-	

Inkqubo Ephantsi 8.1: Ucwangciso Lophuhliso					UkuPhawula ngokunxaxha
Izikhombisi zokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiPhondo</b>					
i CRDP kwiindawo zokuhlala emaphandleni – ukugqityezelwa kokumiselwa kwenkqubo yezigaba kwiminyaka emi 3	-	5	5	-	
Inani lamaphulo enziwe kwindawo zokuhlala emaphandleni nabhaliswe kwi ISC	89	50	108	58	Phakathi konyaka-mali ka 2014/15 kubhaliswe amaphulo alikhulu elinesibhozo kwiiKomiti ze ISC ngenxa yokuzinikela kwamaqabane ohlukeneyo anomdla kunye namaSebe ohlukeneyo asebenzela ukuxhasa i CRDP. Ukuphethwa kwawo kuxhomekeke kwimisebenzi eyenziwe ngamaSebe.
Inani labantu abaqeqeshiweyo ezindaweni zokuhlala ezisemaphandleni	2 419	1 000	1 742	742	Inkqubo ephantsi ayinalawulo kwinali labantu abathathe inxaxheba kwiiseshoni zoqeqesho kwezindawo zokuhlala kweli Phondo, ngoba iiseshoni zilungiselelwa ngamaqabane ohlukeneyo anomdla kunye namaSebe. Impumelelo enkule ayenziwanga kukuphuculwa kwendlela yokunikelwa kwengxelo ngamaSebe ohlukeneyo.
Inani lemisebenzi yophuhliso eMaphandleni PSO 11 iintlanganiso eziququzelelweyo zemiSebenzi Yamaqela kweli Phondo.	4	4	4	-	
Ukuququzelelwa kwemihlangano yeKomiti Zentsebenziswano phakathi kwamaSebe	40	44	54	10	Phakathi konyaka-mali ka 2014/15 kuququzelelwe iintlanganiso ezingama 54 ze ISC ngenxa yemfuneko yokuququzelela inkxaso kulawulo oluhlanganyelweyo kwiindawo zokuhlal emaphandleni. Oku kubangele ukuba i 10 leentlanganiso ezongezelelweyo kunezo bezihleliwe.

iNkqubo ePhantsi 8.2: Uphuhliso Lwabasebenzi Basezifama					UkuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiPhondo</b>					
Inani labasebenzi basezifama kunye neentsapho zabo eziqokwe kuqeqesho lwezakhono zokuphila kunye neeNkqubo zoPhuhliso	30 830	2 178	8 493	6 315	Usukelo lwalo nyaka lwenziwe phambi kokuphunyeka kwezi celo zemali yeli phulo- neziqoka nenani labaxhamli ekufuneka kuqondanwe nabo ngokwe phulo – de libe liqokunjelwe. Ukwenzela ukuchaneka kosukelo , iKomiti yoVavanyo Lwamaphulo e FWD, yenze isindululo senani lwabaxhamli kwiKomiti Yolwabiwo Lwamaphulo kwiSebe ukuze iliphumeze- sele lisetyenzisiwe ukuze limisele usukelo olutsha.
Inani abasebenzi basezifama abaphuhlisiweyo ngokweentlanganiso ezizinyasiweyo kwiQonga leeNgxoxo kwiSithili ngoPhuhliso	36	32	39	7	Ngenxa yokubaluleka kwamanyathelo e CRDP, amagosa Ophuhliso loLuntu abekele phambili ukuzinyaswa kweentlanganiso ze ISC kwiindawo ezili 16 zokuhlala. Ngaphezu koko, bazimase neeQonga leeNgxoxo zomMasipala nezikhokelele ekudlulisweni kusukelo ebelubekiwe.
Inani labasebenzi basezifama kunye neentsapho zaboezithe zathunyelwa kwezinye iindawo zoncedo	495	385	441	56	Ukuphakama kwenani lezigulana ezithunyelwa kwezinye iindawo zoncedo kungoyanyaniswa nokuqhubekela kunye nokunikezelwa kooncedo ngamaGosa Ophuhliso loLuntu kumaZiko e Thusong. Ngaphezu koko, ukuphakama kwenali lweziganeko eziphandiweyo nako kukhokelele ekudluliselweni kwiindawo zoncedo kumanye amaSebe.
Inani enziweyo lamakhuphiswano abasebenzi basezifama kwiingingqi nakwiPhondo	16	16	16	-	
Inani lamaphulo ophuhliso lwabasebenzi basezifama athe axhaswa ngezimali	15	20	23	3	Ukunyuka kwenani lamaphulo axhasiweyo kungoyanyaniswa kwinto yokuba zibe zininzi iimali zesipho ezifunyanelwe ukuxhasa amaphulo athe axhamla abasebenzi basezifama kunye neentsapho zabo.



iNkqubo ePhantsi 8.2: Uphuhliso Lwabasebenzi Basezifama					UkuPhawula ngokunxaxha
Isikhombisi sokwenziwa komsebenzi	Eyona mpumelelo 2013/2014	Usukelo olucetyiweyo 2014/2015	Eyona mpumelelo 2014/2015	Unxaxho kusukelo olucetyiweyo ukuya kweyona mpumelelo 2014/2015	
<b>Ezona zikhombisi zomsebenzi kwiPhondo</b>					
Inani lamaphulo axhaswe ngezimali ekuvundlisweni ekusebenziseni iziyobisi kunye nothintelo	4	5	5	-	
Inani eligqityiweyo lokubalwa kwabasebenzi basezifama kwisithili	Akukho ndlelo yenziweyo kulo nyaka	2	-	(2)	Njengokuba lo ingengomsebenzi wobalo, kodwa ingumzamo wokufikelela kubo bonke abasebenzi kweliPhondo, iingxaki ezinje ngokungena kwifama, ukuphazamisa amaxesha okuvuna kunye neeholide kubangele ukuba izithili ebezikusukelo lonyaka ophelileyo zingagqitywa kwa ngexesha yaye ibi ziindawo zokulinga kuzo. Ngoku zigqityiwe yaye kule nkqubo kufundwe izifundo ezenze ukuba iinkqubo eziphantsi zikwazi ukumisa inkqubo yomgangatho kunye nokuwucokisa nozakuthi uphinde usetyenziswe kwizithili ezilandelayo ukuba zenze ubalo.
Inani lezifundo ezigqityiweyo nezipapashiweyo	Akukho ndlelo yenziweyo kulo nyaka	1	1	-	
Inani leeseshoni zeengxoxo phakathi kwabasebenzi beefama ezahlukeneyo	Akukho ndlelo yenziweyo kulo nyaka	4	4	-	

**Igalelo kwiziphumo zeenjongo zobuchule kwiSebe**

**Siqinisekisa ngempumelelo yobuncikane be 60% kuwo onke amaphulo angokubuyekeza komhlaba kwiPhondo, kule minyaka mi 5 ilandelayo**

Abasebenzi basezifama banikwe amathuba okufumana uqeqesho nophuhliso kunye neenkonzozo zenkxaso nezinkuthi ngandlela ithile zenze igalelo kwinkqubo yobuyiselo lomhlaba kuLuntu. Amawaka asibhozo amakhulu amane namashumi alithoba anesithathu abasebenzi basezifama kunye neentsapho zabo baqakwe kwinkqubo yoqeqesho lwezakhono kunye nophuhliso kweli Phondo liphela ngamashumi amabini anesithathu amaphulo axhasiweyo nangawabasebenzi basezifama, apho isihlanu sayo sijoliswe ukusetyenzisweni-gwenxa kweziyobisi kunye nothintelo. Bebonke ngama 441 abasebenzi basezifama kunye namalungu eentsapho zawo abathe badluliselwa kuncedo.

**Sixhasa icandelo lemveliso (amafama kunye nabavelisi) ukuze bandise imveliso yezolimo (kubarhwebi abakwiPhondo) ngobuncikane be 10% kule minyaka ili 10 ilandelayo**

Kufuneka imveliso kwezolimo ivune iziphumo zeenkqubo zokuphuhlisa kwabasebenzi basezifama kunye nophuhliso lwezakhono kwezolimo. Njengegalelo kulama 8 493 abasebenzi basezifama kuquka neentsapho zabo ezihlanganiselwe kwiinkqubo zoqeqesho lwezakhono zobom kunye nophuhliso, kuxhaswe amaphulo angama shumi amabini anesithathu, apho isihlanu sawo ebegxile ekuvundlisweni abantu ngokusebenzi-

sa-gwenxa iziyobisi kunye nothintelo. Ngaphezu koko, amaSebe ohlukeneyo kaRhulumente kweliPhondo axhasa uphuhliso loqoqosho loLuntu kuphuhliso lweendawo zokuhlala emaphandleni, anikele ngoqeqesho olukwimisinga eyahlukeneyo kubemi abali 1 742 abakwiindawo zokuhlala ezisemaphandleni. Injongo yokugxila ngophuhliso lwezakhono kubantu abahlala kwiifama zezolimo ezisemaphandleni kukwenza igalelo elingephi ekulingiseni abathathi nxaxheba kwimveliso.

Ukusebenzisana kucwangciso lophuhliso lwezolimo kwiindawo ezinecham le CRDP kuquka ucwangciso oluquka izinto eziliqela kwisakhono sophuhliso lwezolimo kunye nokuphononongwa kocwangciso lwamabala aleleyo ukuze kusetyenziswe ngokupheleleyo onke amathuba anokuvelisa.

### **Sandisa amathuba oqoqosho lwezolimo kwiindawo ezikhethiweyo zokuhlala nezisemaphandleni ngokweemfuno zoqoqosho nentlalo yabo kwiminyaka eli 10**

Ukumiselwa kwenkqubo ye CRDP kusaqhubekela phambili ngophuhliso kwiindawo ezikhethiweyo zokuhlala emaphandleni. Le yinkqubo yobhalo lwamagama, nesombulula imicimbi ethile kunye namathuba kwimida eyaziwayo. Le ndlela ilandelwayo igqale kuphuhliso lweendawo ezili 16 zokuhlala emaphandleni kweli Phondo liphela. Ukuphuculwa kwentsebenziswano namaSebe kaRhulumente, ngenjongo yokuphucula ulawulo kwiindawo zasemaphandleni, yenye yezinto ezifunwa yi NDP nefuna ukuba kuyondelelaniswe yonke imazamo kwimigangatho yomithathi yoRhulumentu. Uyondelelwaniso lophuhliso lweKomiti Ezisebenza namaSebe ooRhulumente ali 13 nasebenza namaqabane anomdla, kuRhulumentu nakumashishini abucala, lujoliswe ekwenzeni umehluko obanakalayo ngale nkqubo ngelokuqinisekisa ukugxila kumsebenzi omnye xa kuphuhliswa isiseko soncedo okanye uphuhliso loqoqosho.

Ngoxa kungathi uphuhliso lwentlalo yoLuntu luya ngokubangcono kwezinye iindawo ezisemaphandleni, kodwa kusengumngeni kubantu basemaphandleni ukuba bathathe inxaxheba kuqoqosho olukumashishini abucala.

Ukusebenzisana namaqabane anaomdla kwimveliso yorhwebo ngenxa yendlela esetyenziswa liSebe ngeemveliso zorhwebo kube ngunozala wamashishini ngezolimo kwiindawo zokuhlala emaphandleni nezibekelwe phambili ekufumaneni inkxaso yezimali kunye nolawulo ngokupheleleyo.

NgamaBhunga amaqabane anomdla (COS) angamashumi amathathu anesithandathu afumana inkxaso kuphuhliso lweendawo zasemaphandleni. Ukuqhubekela phambili ngentsebenziswano kwazo zonke iinkqubo kunye namaSebe kungakhokelela kwizicwangciso zophuhliso oluzinzileyo noluyakudala ifuthe kooMasipala kunye nakwizicwangciso zophuhliso loqoqosho kwinginqgi ngokubanzi. Kuyakusetyenziswa iinkcukacha esinazo zolwazi nesizifumene kwiPhulo Lokubalwa Kwemihlaba Eleleyo, ekwazini ezona ngongoma zibalulekileyo kunye neendawo zokuhlala ezinesakhono sophuhliso lwamashishini kuzo zonke iindawo zasemaphandleni.

Kusetyenziswe intsebenziswano engamandla phakathi kweNkqubo ye RDC, FSD kunye ne AES ekugxininiseni isicwangciso sophuhliso lwezolimo kwimimandla ethile. Ezi nkqubo ziyakwenza ifuthe kwizicwangciso zophuhliso loqoqosho ngokubanzi nokuhambelana neengongoma eziphambili ze IDP kuyo yonke imigangatho yoRhulumentu neendawo zokuhlala.

Ukuvunywa nokwaziwa kwegalelo lezolimo kuqoqosho loMzantsi Afrika kunye noqhakamshelwano olungamabali empumelelo, sisigalo sokufeza imimiselo ye PSG3, ukukhula kokonwaba, ukhuselo ze kuliwe nokusilela koLuntu. Ukugxila kuphuhliso lwabasebenzi basezifama kulinyathelo olunguvul'indlela wokwenza oku ngokusebenzisa iinkupho zopapasho (umz, iinkupho ze Abudant Harvest kunye ne Better Together), amaqonga eengxoxo zabasebenzi basezifama, amakhuphiswano eengingqi de kufikelele kwiPhondo kuquka neengxoxo ezingempumelelo. Ukupapashwa kwe "Abudant Harvest" ne Better Together okukhutshwe ngo 2014 kubonakalisa amabali empumelelo apho amafama asebenzisana nabasebenzi basezifama.

Ubalo lwabantu kumakhaya onke asezifama kweli Phondo lwenzelwa ukufumana ulwazi oluyakuncedisa uRhulumente ukuze aveze amathuba okuhluma, ingakumbi kuLutsha lwasemaphandleni ukuze luxhamle

kumanyathelo emfundo noqeqesho. Ingingqi ye Cape Winelands kunye ne Overberg sele zigqityiwe yaye noqhakamshelwano nooMasipala sele luqalisile.

### Ubuchule bokwahlula ukungafezekiswa komsebenzi

Inkqubo ye RDC ngenkqubo yayo ephantsi eyiyeyoCwangciso loPhuhliso ijonge ekwenzeni igalelo eku-daleni iindawo zokuhlala emaphandleni zibe ziindawo ezinobomi, ukulingana kunye nozinzo. Ngale nkqubo, kwenziwe uhlaziyo lweendawo zokuhlala ezili 16 kwiPhondo liphela. Zimbini iindawo zokuhlala ezongeziweyo ebekumele ukuba zihlaziyiwe kunyaka-mali ka 2014/15, kodwa Umphathi oyiNtsumpa (HOD) kwiSebe leZolimo eNtshona Koloni, uMphathi Ophezulu kwiziko i PSSC kwi DRDLR batyikitye isivumelwano sokuba eliSebe leZolimo kunye ne-ofisi yePhondo kwi DRDLR bavumelene ukuba kubekelwe bucala ukongezwa kokuhlaziywa kophuhliso kwiindawo zokuhlala kunyaka ka 2014/15, ngelokumisela umehluko obonakalayo kumsebenzi osele wenziwe jwiindawo ekusetyenzwe kuzo. Ngenxa yoko, akukho ndawo zokuhlala ezenziwe zantsha, akukho ziKomiti zoLawulo ezimiselwe ngokutsha yaye akukho maBhunga matsha Amaqabane anomdla aseke ngokutsha.

Into yokuba ukubalwa kwabantu abahlala kumakhaya asefizama kulinyathelo elitsha, ukusekwa kweendlela ezilandelwayo neenkqubo, ezinje ngezokuchongwa komnini-zinkonzo, ukutshintshwa kwemibuzo, ukungenza kwisigaba sokukhuthaza intengo ngokwazisa amafama, imibutho yamafama kunye nabasebenzi basefizama phambi kokugqitya kwemibuzo yenjongo kunye neengenelo zayo ze ngoko sikwazi ukuqinisekisa ukufikelela ngcono kwiifama, kube ngamanyathelo ovavanyo lokwenziwa komsebenzi. Nanjengokuba le micimbi ikhankanywe kwangaphambili sele isazeka, kulindeleke ukuba ukuqalisa kobalo oluzayo lwabantu lwenzeke ngokukhawuleza.

iKomiti inala malungu akhethiweyo naphuma kwigqiza loLawulo oluphezulu. Ngokwemigqayiselo emiselwe ukusebenza ngayo, kufuneka le Komiti ihlangane kane (4) ngonyaka (rhoqo ngekota). Kulo nyaka sikuwo, iintlanganisano zeKomiti zizinyaswe ngaba ngolu hlobo lulandelayo:

iLungu	iSikhundla	uHlelo lweentlanganisano	Ezihleliyo
Nksz. Joyene Isaacs	iGosa loNikelo Ngxelo (Usihlalo)	4	3
Mnu. Dudley Adolph (Oshiye ingqesho nge 31/07/2014)	DDG: kwiiNkonzo zoNcedo noPhuhliso lweZolimo (Ibambela)	4	1
Mnu Floris Huysamer	DDG: kwiiNkonzo zoNcedo noPhuhliso lweZolimo (Ibambela)		2
Mnu Darryl Jacobs	DDG: kwiiNkonzo zoNcedo noPhuhliso lweZolimo (Ibambela)		-
Gqr. Gininda Msiza	CD: kwiiNkonzo zoNyango lweMfuyo	4	4
Gqr. Ilse Trautmann	CD: kwiiNkonzo zoPhando noPhuhliso lobuGcisa	4	4
Mnu. Marius Paulse	CD: KwiMfundo Ehleliweyo noQeqesho kweZolimo	4	3
Mnu. Mogale Sebopetsa	CD: kwiiNkxaso yaMafama noPhuhliso (Ibambela)	4	4
Nksz. Antonia Xaba	CD: kuQuquzelelo loPhuhliso lwasemaPhandleni (Ibambela)	4	4
Mnu. Floris Huysamer	iGosa eLongameleyo kweZimali	4	2
Mnu. Werner Van Zyl	iManejala: kuLawulo Lwangaphakathi (Ibambela CFO)		1
Mnu Chris Hickley	iManejala: kuLawulo Lokuthengwa kwempahla neeNkonzo (Ibambela CFO)		1

iLungu	iSikhundla	uHlelo lweentlanganiso	Ezihleliyo
Nksz. Rashidah Wentzel	Umphathi: kwiiNkonzo Zokwenziwa koMsebenzi	4	3
Mnu. Andre Roux	Umphathi: kuLawulo lweZoncedo kuZinziso	4	4
Nksz. Bongiswa Matoti	Umphathi: weeNkonzo zoQoqosho kweZolimo	4	4
Gqr. Dirk Troskie	Umphathi: kuBuchule Bocwangciso loMsebenzi	4	3
Nksz. Petro Van Rhyn	iManejala: kwiiNkonzo zoQhakamshelwano	4	4
Mnu. Werner Van Zyl	iManejala: kuLawulo Lwangaphakathi (Ibambela CFO)	4	4

Uxanduva lweKomiti yoPhengululo Zincwadi ngokumalunga nolawulo longcipheko lubhaliwe kuMqulu weKomiti yoPhengululo Zincwadi oyi (TOR). iKomiti yoPhengululo Zincwadi ilawula ngokukhululekileyo kwindlela yolawulo longcipheko liSebe. iKomiti inikwe ingxelo ye ERM ngekota kunye nolwazi lweendawo ezingabangela ungcipheko kunye noshicilelo olukhoyo ukuze ikwazi ukwenza umsebenzi wayo wokongamela. Inkqubo yeKomiti yoPhengululo Zincwadi kuphononongo lolawulo longcipheko malunga nenkqubo yo-kumiselwa kwesicwangciso sonyaka se ERM kunye nongcipheko oloyikisayo olujongene neSebe kunye nezisombululo / amacebo okulamla.

Nangona sisazi ukuba asilulo lonke ungcipheko olunokuthonyaliswa, kuyinto elungileyo ukwazi ukuba ulawulo longcipheko luyanceda kwimeko emisiweyo yolawulo longcipheko oluyakuxhasa uRhulumente wePhondo iNtshona Koloni kunye nemizamo yeSebe ekufezekiseni iinjongo zalo, landise amathuba ze licuthe iziphumo ezinentle.

### 3. URHWAPHILIZO NOBUQHETSEBA

Ngomnyaka ka 2012, uRhulumente wePhondo iNtshona Koloni uphumeze iqhinga lokulwa nobuqhetseba neliqinisekiswa ukunganyamezelwa korhwaphilizo nobuqhetseba. iSebe linomgaqo ophunyeziweyo woku-thintelwa korhwaphilizo kunye nesicwangciso esilungelelaniswe kwiQhinga loKulwa uRhwaphilizo kwiPhondo. Rhoqo ngekota kufakwa inkqubo engezicwangciso kwi ERMCO. Ebudeni bonyaka, iSebe linike ingqalelo kuninzi lwembobo ezikhoyo. Oku kuquka ukumiselwa kwamanyathelo alwisana noRhwaphilizo kwakunye nokwenziwa komsebenzi wovavanyo longcipheko ngoRhwaphilizo kwiSebe ngokusebenzisana nabeCandelo lweeNkonzo ngoPhando Olunzulu kwiPhondo (PFS).

Malunga nokuvundlisa abasemagunyeni, kukho iindlela eziliqela zokukhuthaza nokuququzelela ngeyona ndlela iyimfihlo yokuxela uRhwaphilizo okanye ubusela olukrokrelayo. Ezi ndlela zichazwe ngokupheleleyo kwiQhinga lokulwa noRhwaphilizo kwiPhondo kunye nesiCwangciso soThintelo loRhwaphilizo kwiSebe yaye siquka oku kulandelayo:

- ngokuXela kubaPhathi
- ngokuXela kwabeCandelo lweeNkonzo ngoPhando Olunzulu kwiPhondo (PFS)), kunye nakwi
- National Anti-Corruption Hotline (NACH) – 0800 701 701.

Siyabakhusela abasebenzi abachaza uRhwaphilizo abalukrokrelayo, ubuqhetseba nobusela ukuba ukuchaza kokukhuselweyo (umz. ongelolunya). Wonke umntu ofuna ukuxela izenzo zoRhwaphilizo, ubusela nobuqhetseba unikwa ithuba lokuba angazichazi xa ethanda njalo, nokuba abangezifihli, amagama abao agcinwa ngokuyimfihlo ngulo mntu kuxelwe kuye.

Uphando Olunzulu lusenziwa yi PFS nethe yafakwa phakathi njengenkqubo kwiZiko lweeNkonzo Zolawulo (scs) kwiSebe leNkulu-mbuso. FIU isebenza kuwo onke amaSebe kuRhulumente wePhondo iNtshona Koloni, yaye incedisa amaSebe ekwenzeni uphando, ukuthintela nokucupha uRhwaphilizo, ukweba nezihlo ezingobuqhetseba.



Nasiphi na isithyolo sokungendawo esifunyenwe ngabakwa PFS (nokuba siye kubo nqo okanye sithunyelwe liSebe kwaza/ okanye sifunyanwe ku NACH), siyabhalwa apho kugcinwa khona izehlo zamatyala negcinwa ngu PFS. Oku kusetyenziswa ngengesixhobo solawulo ekunikeni inkqubela eyenziweyo kumatyala akwiSebe lethu yaye kuzakusetyenziswa njengeenkukacha manani kwiPhondo nakwiSebe.

Xa uRhwaphilizo okanye ubuqhetseba buthe baqinisekiswa emva kokwenziwa kophando, umqeshwa lowo uthathe inxaxheba kwezi zenzo uye abizelwe kwinkundla yoluleko. Kwezo meko kuye kuthi abameli boRhulumente wePhondo leNtshona Koloni abamisela ubutyala kumthjolwa, benze isindululo sokugxothwa komoni lowo. Xa kuthe kanti iSebe libe nelahleko, kuye kwenziwe indlela yokubuyekeza iSebe ngexabiso elilingana nelahleko. Ngaphezu koko, xa kuthe kwakho ubungqina obubambekayo obungakhokelela ukuba isenzo sixelwe kwabeNkonzo zesiPolisa kuMzantsi Afrika. Kwenziwa utshintsho/ ukuphuculwa indlela yolawulo lwangaphakathi.

Ebudeni bonyaka-mali, abeCandelo lweenKonzo ngoPhando Olunzulu kwiPhondo (PFS) baqakumbele uphando kumatyala alithoba ngoxa amabini ethunyelwe ngaphakathi kwiSebe ukuze lenze uphando lwangaphakathi. Mabini amatyala aphantsiwayo nafumanise izenzo zobumene-mene kunye / okanye inkohliso kunye nokunanelana ngemali ngokungekho-mthethweni kwakunye nokuphandwa kwamatyala amabini angokophula umthetho kunye nokuphikisana nomthetho. Kumatyala amahlanu, kuye kwafuneka ukuba kwenziwe uphando apho uphando kumatyala amane lungasiqinisekisa isenzo sobuqhetseba, ubusela okanye ubumene-mene (lube lunye uphando oluveze isenzo sobuqhetseba, okophula umthetho kunye nesenzo senkohliso). Ekupheleni konyaka-mali lo, belise lilinye ityala elingekaqakunjelwa kweli Sebe.

#### 4. UKUTHOTYWA KWENZUZO EFUMANEKA NGOKUNGQUBANA KWEGUNYA

Kufuneka kukhuthazwe umgangatho wokwenziwa komsebenzi ngokusesikweni kwiNkonzo zoLuntu. Ngenxa yoku, nangokweSahluko 3 Semimmiselo kwiiNkonzo zoLuntu, kufuneka onke amalungu asebenza kuLawulo oluphezulu (SMS) achaze kwigunya eliphezulu ngayo yonke inzuzo abazifumanayo. Injongo ye-Sahluko 3 kukubona ukungquba kwenzuzo nokwenza umsebenzi ngokusesikweni, ngamagosa akwizikhundla eziphezulu, oku kuyakunceda ekukhuseleni ezoNcedo loLuntu kwizenzo ezinokuqhwalalisa umsebenzi walo. Oko kuchazwa kwenzuzo kwenziwa rhoqo ngonyaka. Xa kunokuthi kanti inzuzo ingqubene nokwenziwa komsebenzi ligosa, oko kuyakulungiswa ngokommiselo weNkonzo yoLuntu kunye nemithetho efanekileyo.

Indlela yokuziphatha kwabasebenzi (COC) kwiiNkonzo zoRhulumente kunye nendlela yokuziphatha kwamagosa asebenza ngokuthengwa kwempahla nonikelo lweenkonzo abeke indlela yokwenziwa komsebenzi nomgangatho wokukhuthaza ukuthembeka ze bafundise abasebenzi ngendlela ekulindeleke ukuba baziphathe ngayo kunye naxa bethetha nabanye. Kulindeleke ukuba bonke abasebenzi bathobele indlela yokuziphatha kwinkonzo kaRhulumente.

Ngokumalunga nokuthengwa kwempahla nonikelo lweenkonzo, kufuneka onke amalungu agweba ukufumaneka kwezinye maxabiso, iiKomiti emisa iinkukacha ze tender kunye namalungu eKomiti yovavanyo achaze ngako konke ukungqubana kwenzuzo negunya lomsebenzi okungenzeka. Xa kunokuthi ilungu lenye yeziKomiti livakalise ngenzuzo eliyifumanayo / elizakuyifumana kwesinye sezicelo ezininzi maxabiso, kufuneka elo lungu lirhoxe kulo nkqubo yokunikwa kwesinye maxabiso. Xa kunokufunyanwa ukwaphulwa kwale ndlela yokuziphatha, iyakuphathwa ngokweNkqubo yoLuleko kwiNkonzo zikaRhulumente.

Malunga nokungqubana kwenzuzo efumaneka ngokungqubana kwegunya lokwenziwa komsebenzi okunokuthi kwenzeke kulawulo lokuthengwa kwempahla kaRhulumente, kufuneka bonke abantu abenza ushishino kunye nabafuna ukwenza ushishino neSebe, babhalise kwi Data base yabaniki zinkonzo eNtshona Koloni ze bagcwalise ifomu yokudandalazisa ngokuphandle iingeniso azenzela zona, iintshumuko zabaceli –msebenzi woshishino kuRhulumente kwimisebenzi abesele beyenzile kwakunye nefomu yokuzimela njengosomashishini.

unoNdyabo wePhondo esebenzisana namaSebe kwiPhondo se emisele inkqubo ekunokubonwa ngayo ukukhabana kwenzuzo nokwenziwa komsebenzi ngokungqamanisa ulwazi olufanayo noluyeleleneyo kwi Personnel Salary System (PERSAL) ngolwazi alufumene ngabaniki zinkonzo, abaphathi, amalungu abanini zabelo kunye nabasebenzi. Xa kunokuxelwa isehlo sokungqubana kwenzuzo nokwenziwa komsebenzi, kufuneka loo meko idluliselwe kwiSebe ukuze iphandwe Malunga nomvuzo ofunyanwa ngaphandle kok-

wenziwa komsebenzi ongaphandle koRhulumente, (RWOPS), ngokomgaqo ophunyeziweyo wePhondo olawula i RWOPS, kufuneka abasebenzi benze isicelo sokwenza umsebenzi ongaphandle kowengqesho. Kufuneka zonke izicelo zenziwe ngembalelwano yaye ze sichaze uhlobo lomsebenzi kunye nomvuzo womsebenzi owenzayo, kuquka namaxesha owusebenza ngalo lomsebenzi awohlukileyo kwixesha kokwenziwa komsebenzi wakho wengqesho kuRhulumente. Ezo zicelo ziyakuphononongwa . apho kubonakele ukungawuthobeli lo mgaqo, eso sicelo sophendulwa ngokomgaqo yaye ukuba kuyenzeka, kusetyenziswa ingalo yoLuleko neeNkqubo kwiiNkonzo zikaRhulumente.

iSebe liphumeze umgaqo ongeziph (nosebenza nemicimbi emalunga nokungqubana kwenzuzo negunya) nonika isikhokelo neenkqubo zokwamkelwa kwezipho nokuchazwa kwazo.

Njengokuba sele kuchaziwe kwiSahluko 3 esingentla, iSebe liphumeze umgaqo woThintelo loRhwapphilizo kunye nesicwangciso. Esinye sezigaba kolu cwangciso sithetha ngokungqubana kwenzuzo negunya lengqesho njengokuba sele sibonisile kwesi sigaba sengxelo.

## 5. INDLELA YOKUZIPHATHA

Indlela Yokuziphatha kubasebenzi bakaRhulumente, njengoko iqhotyoshelwe kwiSahluko 2 seMmimiselo yokusebenza kuRhulumente kuyinto ephunyeziweyo, Indlela Yokuziphatha:

- Ichaza indlela yokusebenza nomgangatho ngelikhuthaza ukuthembeka kunye nonikelo olufezekisiweyo lweenkonzo kuLuntu,
- Inika imigangatho eyaziwayo nechaza isimilo esilindelekileyo kubasebenzi bethu,;
- Inika isikhokelo kubasebenzi malunga nemikhwa esesikweni elindelekileyo, umntu sele eyedwa kunye naxa esebenza nabanye abantu, yaye
- Ithatha indawo enkulu kwindlela esisebenza ngayo yonke imihla.

Kulindeleke ukuba bonke abasebenzi bawuthobele lo mgaqo wokuziphatha. Lo mgaqo uqiniseke ngakumbi ngumgaqo wokuziphatha kumagosa asebenza ngoLawulo lokuthengwa kwempahla nonikelo lweenkonzo. Kufuneka onke amalungu eKomiti yokuchongwa umniki zinkonzo kukhuphiswano ngamaxabiso kunye namagosa asebenza kuLawulo lokuthengwa kwempahla nonikelo lweenkonzo azibophelele ukuba aya kuwuthobela lo mgaqo wamagosa asebenza ngoLawulo lokuthengwa kwempahla nonikelo lweenkonzo.

Kufuneka bonke abaqeshwa abatsha bafumane uqeqesho olubanika ulwazi ngazo zonke izinto ezibalulekileyo, emabazene nabangamelanga bazenze yaye banikwe incwadana ecacisa ngomgaqo wokuziphatha kwamagosa asebenzela uRhulumente. Le ncwadana iyafumaneka kwi Intranet yeSebe noxa eminye imiba engomgaqo wokuziphatha kuthethwa ngayo kwiiseshoni zokulumkisa abantu ngoRhwapphilizo. Kusetyenziswa umgaqo woLuleko kunye neenkqubo zawo kubasebenzi bakaRhulumente ngolokukhuthaza indlela eyamkelekileyo yokuziphatha.

## 6. UKHUSELEKO LWEZEMPILO NEMIBA ENGEMVELO ESINGQONGILEYO

Imeko yokusebenza kweZolimo ingasibeko kumngcipheko omkhulu wezempilo nokhuseleko lwabasebenzi phakathi kweli Sebe, ngezizathu ezininzi eziquka ukufuneka kweenkcukacha ezibhaliweyo zokwenziwa komsebenzi, ukubethwa ziimozulu ezahlukileyo, ingxolo okanye ukushukuma, ukubamba imfuyo kunye nokwasuleleka zizifo zezilwanyana kunye nomngcipheko ngokusebenzisa iithyefu ezibulalayo kunye nezinye izinto ezinobungozi kuquka namachiza anobungozi.

Umngcipheko wezempilo, ukhuseleko kunye nemvelo esingqongileyo uyohluka phakathi kweSebe ngokweziganeko ezenzeka ezi-ofisini nekwezo zenzeka zinobungozi obuxakayo nobungasombululeki kalula nezinkukhokelela kwiingxaki zezempilo kunye nokulimala. Uninzi lwabasebenzi bethu lusezi-ofisini ze abanye babekwizikhundla zokunika iingcebiso ze ngoko abe mancinci amathuba okugangxeleka engozini engokwezolimo.

iSebe lizame ukuqinisekisa ngokuthotyelwa kwayo yonke imithetho engezempilo nokhuseleko, ngokweSebe 16 (2) lomthetho okhankanyiweyo kunye nemigaqo eqhotyoshelweyo yokuziphatha xa kuchongwa abathunywa, abammeli kwezempilo nokhuseleko, amagosa okukhupha abantu engozini ngongxamiseko, aboncedo lokuqala, ukusekwa kweKomiti yokhuselo kunye neKomiti yoKhuselo.

Malunga nomngeni wokucinyelwa ngum'bane, iSebe lisungula izicwangciso zexesha likaxakeka nezizakuthoba okanye ziphelise umngcipheko wokhuselo nokhuseleko olunokuthi luchaphazele eli ziko.

## 7. IIKOMITI ZOLAWULO LOMSEBENZI

Umhla womhlangano	iKomiti	Um'ba ekuthethwe ngawo	Indlela ekuthethwe ngayo
25 Juni 2014	iKomiti Engamathuba oQo-qosho, uKhenketho kunye neZolimo	Yintlanganiso yokuqala yale Komiti kunye neSebe	Kwenziwe unikel-ntetha kwiKomiti. Kwenziwe intshayelelo ngemisebenzi eyenziwa leliSebe.
03 Septemba 2014	iKomiti Engamathuba oQo-qosho, uKhenketho kunye neZolimo	Kutyelelwe I Elsenburg	Kwenziwe unikelo-ntetha kwiKomiti ze kwatyelelwa kumacandelo okwenziwa komsebenzi
07 Novemba 2014	iKomiti Engamathuba oQo-qosho, uKhenketho kunye neZolimo kunye neKomiti ye Public Accounts	Kwenziwe uphononongo lwengxelo yonyaka kunya-mali ka 2013/14 kwiSebe leZolimo, ze kwaphononongwa ingxelo yonyaka kunyaka-mali ka 2013/14 kwi Cape Agency kuPhuhliso loZinziso Oluhlangeneyo kwiiNdawo Ezisemaphandleni (Casidra)	Kwenziwe uphononongo zaze zombini ezi Komiti zamnkela.
Ukuthathwa kwezigqibo ngemiba ebhaliweyo kunye nezicelo ngolwazi olushicilelwe ngezantsi ku 8	Umpathi: kuCwangciso Lokwenziwa komsebenzi noBuchule	4	3
19 Novemba 2014	iKomiti Engamathuba oQo-qosho, uKhenketho kunye neZolimo	iSebe leZolimo lenze intshayelelo ngenkqubo ezakulandelelwa kweZolimo kunye nakuQo-qosho lwaseMaphandleni (FARE)	Kwenziwe unikel-ntetha kwiKomiti
25 Novemba 2014	iKomiti Engamathuba oQo-qosho, uKhenketho kunye neZolimo	Uhlenga-hlengiso kuHlahlo lwabiwo-mali	4
1 Novemba 2013	Kwenziwe uphononongo lwe Voti 11: kweZolimo kuLungiselelo kulungiselelo lohlenga-hlengiso kuMthetho Osayilwayo woLwabiwo-mali ka 2014 eNtshona Koloni	iKomiti Yolawulo lwe Public Accounts	Ingxelo Yonyanga kwiSebe leZolimo
25 Febhuwari 2015	iKomiti Engamathuba oQo-qosho, uKhenketho kunye neZolimo	Ukwenziwa komsebenzi liSebe kwiKota yesithathu kunyaka-mali ka 2014/2015	Kwenziwe unikelo-ntetha phambi kweKomiti
09 Matshi 2015	iKomiti Engamathuba oQo-qosho, uKhenketho kunye neZolimo iKomiti Yolawulo lomsebenzi kweZolimo neyo Cwangciso lweMvelo Esingqongileyo	Umthetho Oyilwayo woLwabiwo -mali Entshona Koloni: Uhlahlo Lwabiwo-mali lweSebe leZolimo kunyaka-mali ka 20105/16	IuPhononongiwe lwazi lwamkelwa

## 8. IZIGQIBO EZENZIWE YI SCOPA

Izigqibo No.	Um'ba	linkcukacha	Impendulo yeSebe	Ingaba isonjululwe (Ewe/Hayi)
1 (intetho yokuvula)	<p>iKomiti izithathele ingqalelo izimvo Zomphengululi Zincwadi ngophengululo zincwadi malunga noShicilelo lonyaka lweeNkcukacha Zezimali , ngokufumana iziphumo ezamkeleke ngokupheleleyo zingena makhwiniba, yaye oko kubonakalise ukwenza ngcono kuneziphumo yonyaka-mali ka 2013/14 apho iSebe lafumana ingxelo yeziphumo ezinamakhwiniba. Olu luvo luziziphumo ezihle kuphengululo-zincwadi zeSebe zisusela kwakunyaka-mali ka 2012/13, xa iSebe lafumana iziphumo zophengululo-zincwadi kuMphengululi-zincwadi Jikelele kuMzantsi Afrika ezikwafana nezi. Njengokuba kuchaziwe kwiphepha 23 kwingxelo yonyaka kweliSebe, iSebe leZolimo eNtshona Koloni lisebenzise imali eyi R608,9 yezigidi kuhlahlo lwabiwo-mali lwalo obelungama R 615,3 ezigidi, nto leyo ikhokelele ekuhlulisweni kunyaka olandelayo imali engange R6,5 yezigidi nelinganiselwa kwi (1,1%) ethe eyasetyenziswa.</p> <p>Njengokuba kuchaziwe kwiphepha 21 lengxelo yonyaka kwiSebe, uhlahlo lwabiwo-mali lwengeniso kwiSebe, kwenziwe ngaphezu kwama R28,1 ezigidi, imali engamawaka ayi R 823.000. imali eyi R 28,9 yezigidi iqokelelwe kunyaka-mali ka 2013/14, apho imali eyi R 28,3 yezigidi yenziwe kwintengiso yempahla neenkonzonzo, mpahla leyo ingeyiyo ekwixabiso eliphezulu.</p> <p>iSebe likhuthazwa ukuba ligxile eku-phuculeni umthombo wezakhono kulawulo lwangaphakathi nolukukulawulwa kwezimali nendlela yokwenziwa komsebenzi ehambisana nemithetho ebekiweyo.</p>	Zinje ngokuba zichaziwe kumxholo	Thathelwe ingqalelo yaza Yamkelwa	Ewe
2	<p>iKomiti ithathele ingqalelo ukuvela kwamatyala amahlanu oyama iSebe leZolimo eNtshona Koloni, naphandwa liCandelo kuPhando lwamatyala aNzulu (FIU), ekupheleni kwalo nyaka-mali sikuwo. Nazi iinkcukacha ezimayela nalamatyala aPhandwayo kulo nyaka sikuwo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mane amatyala amalunga nezithyolo zobuqhophololo kunye neminye imicimbi ebikwe kweli Sebe ukuze iyiqaphele.kunye naleyo siyifumene kwi "National corruption Hotline", nebisasetyenzwa ekupheleni konyaka.</li> <li>• Malunga netyala elingorhwaphilizo ekuthengweni kwempahla neenkonzonzo, belungekaqalisi uphando ekupheleni konyaka.</li> <li>• Amatyala amatsha amalunga nezithyolo ezisixhenxe nobugwenza kwezoncedo loLuntu, urhwaphilizo kunye nobuqhetseba ekuthengweni kwempahla neenkonzonzo, ebebikwe kwiCandelo loPhando Nzulu kulo nyaka sikuwo.</li> </ul>	iSebe liyazisile iKomiti, ngokuhlangene kunye ne FIU, malunga nenkqubela ekuthethweni kwamatyala adluliselwe kwi FIU.	Kwenziwe unikelo ntetha kwi SCOPA , ngomhla wama 20 kuCanzibe 2015	Ewe

Izigqibo No.	Um'ba	linkcukacha	Impendulo yeSebe	Ingaba isonjululwe (Ewe/Hayi)
	<ul style="list-style-type: none"> <li>Linye ityala lesithyolo sobuqhophololo elidluliselwe kweli Sebe livela kweli iSebe</li> <li>Mahlanu amatyala aqakunjelweyo kulo nyaka sikuwo. Kumatyala amathathu kwesi sihlanu, akufunekanga kwenziwa kophando, ze kwamabini iziphumo zakhomba kurhwaphilizo kunye okanye nobuqhophololo okaye ukungalandeli migaqo ibekiweyo.</li> </ul>			
3.Ulwazi Olufunwayo	Ingxelo eneenkcukacha ezipheleleyo malunga "Nezinye lilahleko Ezinkulu Zicinyiwe", njengokuba kubhaliwe kwiphepha 235 lengxelo yonyaka yeli Sebe.	Zinje ngokuba zibhaliwe ngalo m'ba	Mazingeniswe ngokubhaliweyo kwi -26 Matshi 2015	Ewe
4. Ulwazi Olufunwayo	Ingxelo epheleleyo ebonakalisa ngokucacileyo zonke izipho namabhaso kuquka nenkxaso ezifunyenwe ngobubele, njen-gokuba kubonakalisiwe kwiphepha 255 lengxelo yonyaka kwiSebe leZolimo.	Zinje ngokuba zibhaliwe ngalo m'ba.	Mazingeniswe ngokubhaliweyo kwi -26 Matshi 2015	Ewe

## 9. PHAMBI KOKULUNGISWA KWENGXELO ZOPHENGULULO ZINCWADI

Intetha engenkcazo, ukungabi nabango, uluvo oluchaseneyo kunye nemiba yokungathobeli	Unyaka-mali eqale ngawo	Inkqubela eyenziweyo ekuyilungiseni/ekusombululeni lo mmba
Abaniki nkonzo zingcebiso: Ukungathobeli mithetho nemigaqo ebekiweyo nge "Practise Note SCM 3 ka 2003: Umsebenzi owenziwa nguMniki nkonzo-zingcebiso ma ulawulwe ngokwemiqa-thango ekwisivumelwano.	2013/14	Inikelwa ingqalelo
Umphengululi zincwadi wangaphakathi akakwenzanga ukuphicothwa kweendlela ekusetyenzwa ngazo	2012/13	Isaqhubeka
uLawulo Loncedo lweZoluntu (HR) kunye neentlawulelo: Izivumelwano zoKwenziwa koMsebenzi – aluthunyelwanga kwi-ofisi ye DPSA uVavanyo lwaphakathi konyaka	2013/14	Inikelwa ingqalelo
Izigqibo ngemicimbi eshicilelweyo kunye nezicelo ngolwazi olushicilelweyo, ngaphantsi ku 8	Umphathi: uKwenziwa koMsebenzi noBuchule	

## 10. ICANDELO LOLAWULO LWANGAPHAKATHI

Ukumiselwa kwendlela eyiyo yolawulo lwangaphakathi kususela kwiSebe 38 lomthetho i PFMA. Ulawulo lwangaphakathi luchazwa ngokubanzi njengenqubo elandelwa ngaMagosa Onikelo Lwengxelo kumaziko, abaphathi kunye nabanye abasebenzi, yenzelwe ukunika isiqinisekiso ngokufezekiswa kweenjongo. Iquka zonke iinkqubo ezilandelwa ngabaphathi ngelokuqinisekisa imali engenayo, inkcitho, impahla kunye namatyala alawulwa ngendlela eyiyo neyanelisayo.

Abaphathi banika iimpemulo kwiGosa Lonikelo Ngxelo ngokuyila, ukumisela nokubek'esweni inkqubo elandelwayo kulawulo lwangaphakathi. Ukuze icandelo lolawulo lwangaphakathi likwazi ukwenza imisebenzi yalo kakuhle, kufuneka libenako ukuzimela ngokunokwalo kweminye imisebenzi yolawulo lweZimali, nangona liyinxenye yeziko liphela eliphantsi kweGosa loLawulo lweZimali .

Ebudeni bonyaka icandelo lixhase ukuphuculwa ulawulo lwezimali ingakumbi ngo:

- Ngokugcinwa kwesicwangciso sokuphuculwa kolawulo lweSebe;
- Kunikezelwa ngenkxaso yokuthotyelwa kolawulo lwezimali;
- Kwenziwe izindululo zokuphucula ulawulo lwangaphakathi;
- Kwenziwe umgaqo wokuthintela uRhwaphilizo kunye nesicwangciso kwakunye nokulawulwa kokumiselwa kwesicwangciso sokuthintelwa koRhwaphilizo;
- Bonelela ngenkxaso ephelileyo yooNobhalana kwiKomiti yoLawulo loNgcipheko kuShishino;
- Nika amacebo/inkxaso ngolawulo longciphekokunye nemicimbi ehambisana noRhwaphilizo, kunye
- Bonelela ngenkxaso engeSixhobo sokuvavanya uLawulo lokwenziwa komsebenzi (MPAT).

## 11. IKOMITI YOPHENGULULO ZINCWADI NGAPHAKATHI KUNYE NEKOMITI YOPHENGULULO ZINCWADI

Abophengululo Zincwadi zangaphakathi banceda abaphathi ngengqinisekiso engaxhomekekanga kunye nenjongo kwakunye neenkonzozo zokunika iingcebiso nezenzelwe ukunika ixabiso elongezelekileyo ze baqhubekeke phambili ngokuphucula ukwenziwa kwemisebenzi yeSebe. Kumele incede iSebe ekufezekiseni iinjongo zalo ngokuveza iindlela ezichanileyo zokusebenza, isimilo sokuziphatha ngendlela nokuphucula ifuthe lolawulo, uLawulo Longcipheko kunye neendlela zokulawula. Kwenziwe le misebenzi ilandelayo ngalo m'ba:

- Kuphononongwe ze kwenziwe izindululo ezifanelekileyo zokuphucula iinkqubo ezilandelwayo kulawulo ukuze kufezwe injongo zeSebe;
- Kuvavanywe ukwanela nefuthe ze kwenziwe igalelo lokuphucula iinkqubo zokulawula ungcipheko;
- Incedise iGosa Lonikelo Ngxelo ekugcineni imixhaka yolawulo ngokuvavanya lo mixhaka ngelokujonga ifuthe elwenzayo ekuqiniseni ulawulo nangokwenza izindululo zokuqhutyelwa phambili okanye ziphuculwe.

Kuphunyezwe olu ngenelelo lwengqinisekiso lulandelayo kwisicwangciso soPhengululo zincwadi Lwanga-phakathi kunyaka-mali ka 2014/15:

- Impilo yeMfuyo yoLuntu: Ukhuseleko lweNyama
- Ukuhlawulwa kwezimali zangaphandle
- Ulawulo loLwazo ngoKwenziwa koMsebenzi

Kuphunyezwe olu ngenelelo lulandelayo ngabaniki zinkonzozo ngeengcebiso kwisicwangciso soPhengululo zincwadi Lwanga-phakathi kunyaka-mali ka 2014/15:

- Uphando ngeZifundo-nzulu
- Iinkonzozo zobuNjineri

Umsebenzi weKomiti Yophengululo Zincwadi isekwe njongegunya elongameleyo lunika ulawulo olongameleyo noluzimeleyo kulawulo, uLawulo loMngcipheko kunye neenkqubo zokusebenza kweli Sebe. nokuquke iziqinisekiso ezisi 8 zolawulo olongameleyo ngokumalunga ne:

- Umsebenzi woPhengululo Zincwadi lwangaphakathi
- Umsebenzi woPhengululo Zincwadi wangaphandle njengokuba usenziwa nguMphengululi Zincwadi-Jikelele kuMzantsi Afrika - AGSA;
- Ukubhalwa kweemali liSebe kunye nonikelo lwengxelo;
- Imigaqo yokubhalwa kweemali zeSebe;
- Ukuphicothwa kolawulo loMphengululi Zincwadi –Jikelele kuMzantsi Afrika kunye nengxelo yomphengululi zincwadi;
- Ukuphicothwa kokubek'esweni kweSebe kummbindi wonyaka;
- Ulawulo Longcipheko kwiSebe;
- Ulawulo lwangaphakathi;
- Iinjongo ezigqaliweyo, kunye
- Nokwenza umsebenzi ngendlela efanelekileyo kunye nokwenziwa kophando olunzulu.

Olu hlahlelo lungezantsi luelisa ulwazi olufanalekileyo kumalungu eKomiti Yophengululo Zincwadi

iGama	Iziqinisekiso zemfundo	Phakathi okanye Ngaphandle I	Ukuba unga-phakathi, ses- iphi isikhundla asibambileyo kwiSebe	Uqeshwe nini	Umhla asishiye ngawo	Inani lentlan- ganiso azizima- sileyo
Nksz Judy Gunther	CIA; AGA; Masters in Cost Accounting; BCompt; CRMA	Ngaphandle	N/a	01 January 2013	N/a	10
Mnu Francois Barnard	MComm (Tax); CA(-SA); Postgrad Diploma in Auditing; CTA BCompt (Honours); BProc	Ngaphandle	N/a	01 January 2013	N/a	5
Mnu Ronnie Kingwill	CA(SA); CTA; BCom	Ngaphandle	N/a	01 January 2013	N/a	9
Mr Kerry Larkin	CRMA; CCSA; CIA; BCompt; ND; FIS	Ngaphandle	N/a	01 January 2013	N/a	6
Mnu Burton van Staaden	CA(SA), Postgraduate Certificate in Auditing; CTA; BCom (Honours)	Ngaphandle	N/a	01 January 2012	N/a	10

## 12. INGXELO YOMPHEGULULI ZINCWADI

Sinovuyo kukubeka phambi kwenu ingxelo yethu yonyaka-mali ophela ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2015.

### UXANDUVA LWEKOMITI YOMPHEGULULI ZINCWADI

iKomiti Yophengululo Zincwadi inika ingxelo yokuba uluthobeke lonke uxanduva ngokubhalwe kwiSebe 38 (1) (II) loMthetho i Public Finance Management Act kunye nemimiselo yolawulo lukaNondyebo 3.1.13. ingxelo Yophengululo Zincwadi isanikela ingxelo yokuba ilandele yaze yasebenza ngokomyalelo ewunikiweyo (ophunyezwe ngomhla we 11 kweyoMsintsi 2013), njengomsebenzi esikelwe ukuba iwenze iyilawule imicimbi ngokuhambisana noMqulu wolawulo yaye iwezile wonke umsebenzi ebhaliweyo ukuba iwenze.

### IFUTHE KUMSEBENZI OWENZIWA LULAWULO LWANGAPHAKATHI

Siziphicothile iziphumo zongenelelo kuphengululo Zincwadi lwangaphakathi, nobelusekelwe kuvavanyo lomngcipheko olwenziwe kweli Sebe.

KwisiCwangciso soPhengululo Zincwadi sonyaka-mali ka 2014/15, kuphunyezwe lo msebenzi ulandelayo wongenelelo ngoPhengululo Zincwadi ,ze waqunjelwa ebudenu bonyaka:

- linkonzo zoniko Zingcebiso ngoPhando ngezifundo-nzulu
- uLawulo loLwazi Lwendlela Yokwenziwa koMsebenzi (Isiqinisekiso)
- impilo yeMfuyo yoLuntu: Ukhuseleko lweNyama (Isiqinisekiso)
- ukuhlawulwa kwezimali zangaphandle (Isiqinisekiso)
- iinkonzo ZonuNjineri (Inkonzo yonikelo zingcebiso)

Abaphathi bangqinelene ngeendawana ezinokuphuculwa neziphawulwe nguMphengululi Zincwadi wangaphakathi ngexesha lokwenziwa komsebenzi wabonezi zezi zilandelayo. Ikomiti Yophengululo Zincwadi isaqhubekela phambili ngokulondoloza ukumiselwa kwezilungiso ekungqinelwene ngazo

### INGXELO ZOLAWULO ENYAKENI KUNYE NOKWENZIWA KOMSEBENZI NGEKOTA

iSebe linikezele ngengxelo rhoqo ngenyanga nangekota kuNondyebo njengokuba uMthetho i PFMA usitsho. iKomiti Yophengululo Zincwadi yanelisekile ngulo msebenzi kunye nomgangatho weengxelo zezimali ngekota kwakunye nokwenziwa komsebenzi, owenziwe ze wakhutshwa liGosa Lonikelo-ngxelo kwiSebe kulonyaka sikuwo.

### UKUVAVANYWA KOBHALO LWEENKCUKACHA ZEZIMALI

IiKomiti Yophengululo Zincwadi:

- iPhonononge yaza yenza ingxoxo ngoShicilelo bhalo lweenkcukacha zezimali zonyaka noluphicothiweyo njengokuba zibhaliwe kwingxelo yonyaka, uMphengululi Zincwadi-Jikelele kunye neGosa Lonikelo Ngxelo,
- iPhonononge iNgxelo Yolawulo yoMphengululi Zincwadi-Jikelele kunye nesisombululo sabaPhathi koko,
- iPhonononge utshintsho kwimigaqo engonikelo lwengxelo njengokuba kuchaziwe kushicilelo lweenkcukacha zezimali zoNyaka
- iPhonononge iinkqubo ezilandelwa liSebe ekuthobeleni imithetho nolungiselelo olusemthethweni,
- iphonononge ulwazi olungeenjongo ezigqaliweyo njengokuba zichaziwe kunikelo ngxelo
- yaPhonononga utshintsho olukhulu oluvezwe luphicotho lweSebe, yaye apho kufanelekileyo, lenze izindululo zotshintsho kushicilelo lweenkcukacha zimali lwexeshana njengokuba lwenziwe liSebe kwinyanga ezintandathi neziphela ngomhla wama 30 kweyoMsintsi 2014, yaza
- Yaphonononga ushicilelo lweenkcukacha zezimali zethutyana njengokuba luveziwe liSebe kwixesha leenyanga ezintandathu eziphela ngomhla wama 30 kweyoMsintsi 2014.



### **UPHICOTHO ZINCWADI LWANGAPHAKATHI**

AbaPhengululo Zincwadi basebenzi nzima ekuziseni umehluko ngokuqokumbela isicwangciso sabo. AbeKomiti yoPhengulo Zincwadi basaxhalabile kukunqongophala koncedo olwaneleyo kwezoPhengululo Zincwadi, ukuze baqiniseke ngokuvalwa kwamazibuko abangela umngcipheko kusezakuqhutyekelwa phambili ngokuhlanganela ukuqinisekiseka komsebenzi. ukuze lonke uncedo esinalo ngoPhengululo Zincwadi luseyenziswe.

### **ULAWULO LONGCIPHEKO**

iSebe lamkele uxanduva olupheleleyo likwabanga nokumiselwa koLawulo loNgcipheko kuShishino (ERM). Iingxelo ezingongcipheko ziyaphononongwa ze zihlaziye rhoqo ngekota yonyaka, yiKomiti Yophengululo Zincwadi.

### **INGXELO YOMPHENGULULI ZINCWADI - JIKELELE**

Sisiphicothile isicwangciso sokumiselwa kwemiba engophicothi zincwadi kwiSebe nethe yaphakanyiswa kunyaka ophelileyo yaye sonelisekile yinto yokuba ezo meko zibe zisonjululwe njengokuba uMphengululi Zincwadi-jikelele etshilo. iKomiti yoPhengululo Zincwadi ihlangene noMphengululi Zincwadi-jikelele kunye neSebe ngelokuqinisekisa ukuba akukho zinto zingalungiswanga nezingumvuka kuphengululo zincwadi olusemthethweni.

iKomiti yoPhengululo Zincwadi iyavuma yaye iyazamkela izigqibo zoMphengululi Zincwadi jikelelengakus-hicilelo lweenkcukacha zezimali.

### **UTHAKAZELELO**

iKomiti Yophengululo Zincwadi ithanda ukuvakalisa ngothakazelelo lwayo kubaPhathi beSebe, kumPhicothi Zincwadi Jikelele nakwicandelo loLawulo Oliqinisekisayo ngentsebenziswano nolwazi abaluvezileyo ekwenzeni thina sikwazi ukwenza le ngxelo.



---

**Nksz Judy Gunther**  
**uSihlalo weKomoti yeNdibaniselwano kuPhicotho**  
**Zincwadi lwezoQoqosho**  
**kwiSebe leZolimo**  
**uMhla: 12 kweyeThupha 2015**



# ISAHLUKO D:

## Ulawulo Loncedo Loluntu

Imithetho Elawula kuLawulo Lezoncedo Loluntu

**148**

Intshayelelo

**149**

Iinkcukacha Manani kwezoLawulo loNcedo loLuntu

**153**

## 1. UMTHETHO OLAWULA ULAWULO LWEZABASEBENZI

Ulwazi olukwesi sahluko lumiselwe yimithetho elawula iiNkonzo zoLuntu (Isahluko 1, Isahluko III j.3 no j.4).

Ukongeza kwimithetho elawula iiNkonzo zoLuntu, 2001 (njengokuba itshintshiwe nge 30 kweyeSilimela 2012), le mimmiselo ilandelayo yethene nqo noLawulo lweZabasebenzi kwiiNkonzo zoLuntu:

- **Umthetho weMpilo noKhuseleko Lwabasebenzi, 1993 (Umthetho 85 ka1993)**  
Ukwenzela ulungiselelo lwempilo nokhuseleko lwabasebenzi emsebenzini kunye nempilo nokhuseleko lwabasebenzi xa kusetyenziswa oomatshini nezixhobo zokusebenza, ukhuseleko lwabantu abangengabo abasebenzayo ezingozini zempilo nokhuseleko olunokuvela okanye ngokwemigushuzo yabasebenzi emsebenzini, ukuseka ibhunga leengcebiso ngezempilo yabasebenzi nokhuseleko yaye wenzelwe imicimbi eyayame kuzo
- **Umthetho weNkonzo zoLuntu, 1994, njengokuba utshintshwe ngomthetho 30 ka 2007**  
Ukwenzela ulungiselelo nokusetyenziswa kweenkonzo zoLuntu kwiRiphabliki, ulawulo lweemeko zengqesho, ixesha eliqingqelwe ingqesho, isimilo esisiso, umhlala-phantsi nokugxothwa kwamalungu eenkonzo zoluntu kunye nemicimbi eyamene kwezo.
- **Umthetho wemiCimbi Yabasebenzi, 1995 (Umthetho 66 ka 1995)**  
Kukulawula nokukhokela umqeshi ekuqapheleni kunye nokuzalisekisa injongo yawo ekudaleni inzolo kwezemisebenzi nokulawulisa ngentando yesininzi emsebenzini.
- **Umthetho ongeMeko zeNgqesho, 1997 (Umthetho 75 ka 1997)**  
Kukumisela ilungelo lokwenza imisebenzi ngokufanelekileyo njengokuba kubhaliwe kwiSebe 23 (1) loMgaqo-siseko ngokumisela nokwenza ulungiselelo lolawulo kwiimeko zengqesho, ze ngenxa yoko uthobeke ummiselo weRiphabliki njengelizwe elililungu kuMbuthe weNgqesho nemisebenzi kwiZizwe-ngezizwe yaye wenzelwe nemicimbi eyayamene noko.
- **Umthetho ongoPhuhliso lweZakhono, 1998 (Umthetho 97 ka 1998)**  
Wenzelwe ukuba ubumme beziko benze ze limisele icandelo likaZwelonke namacebo asemsebenzini okwenza okuphucula izakhono zabasebenzi baseMzantsi Afrika, ukuhlanganisa loo macebo nesikhokelo sesiqinisekiso semfundo kuzwelonke (NQF) njengoko kubhaliwe kuMthetho weGunya lokuQinisekisa imfundo eMzantsi Afrika, umthetho ka 1995, ukulungiselela imfundo ngamava nekhokelela ekuphawulweni kwesiqinisekiso semfundo, intlawulelo yophuhliso lwezakhono ngemali ekulungiselelo lwesibonelelo kunye neNgxowa-mali yezakhono kuzwe-lonke, ukulungiselela nokulawula iinkonzo zengqesho nokulungiselela neeeko ezimayela nazo.
- **Umthetho ongeNgqesho ngokulingana, 1998 (Umthetho 55 ka 1998)**  
Ukukhuthaza ukulingana, phelisa ucalu-calulo olungenasiseko sisiso engqeshweni nokuqinisekisa ngokusetyenziswa kwemilinganiso yengqesho ngokulingana ngenjongo yokulungisa imiphumo yocalu-calulo, nokubanabasebenzi abantlanga zohlukileyo ngokwamanani azo apha ephondweni.
- **Umthetho woLawulo lweziMali, 1999 (Umthetho 1 ka 1999)**  
Ukulawula ulawulo lwezimali kuRhulumente kaZwelonke nowamaphondo, ukuqinisekisa ulawulo olululo nolunemiphumela emihle kwingeniso, inkcitho, impahla yexabiso elikhulu namatyala aboo Rhulumente, ukunika uxanduva kubantu abanikwe igunya lokulawula izimali kwabooRhulumente kunye nokulungiselela imicimbi emayela nayo
- **Umthetho ongoMrhumo woPhuhliso lweZakhono, 1999 (Umthetho 9 ka 1999)**  
Ukwenzela ukuba nawuphi na umsebenzi wasebuRhulumenteni kuZwelonke okanye wephondo angayihlawuli imali yomrhumo wophuhliso lwezakhono, nokuba angahlawuli nantoni na emayela noku.

- **Umthetho ongokuKhuthazwa kokuFumaneka koLwazi, 2000 (Umthetho 2 ka 2000)**  
Ukufezekisa ilungelo elikuMaqo-siseko lokufumana naluphi na ulwazi olusezandleni zikaRhulumente kunye naluphi na ulwazi oluselugcinweni laye nabani na nefunelwa ukukhuselwa naliphi na ilungelo kunye nayiphi na imicimbi eyayame kulo.
- **Umthetho ongokuKhuthaza uKwenziwa koBulungisa, 2000 (Umthetho 3 ka 2000) oyi (PAJA)**  
Kukunika Amandla kwiintsulungeko nemithetho kulawulo lwemicimbi engoluntu njengokuba kubhaliwe kwiSebe 195 (1) loMgaqo-Siseko, kukunika inkxasi kwiinkonzo zoluntu, kukukhuthaza umgangatho ophakamileyo wokwenziwa komsebenzi nobunkungqela, kukukhuthaza ukusetyenziswa kolwazi kunye noqhakamshelwano ngoBuchule bala maxesha, kukukhuthaza unikelo lweenkonzo ngokukhawulezayo, kukukhuthaza ukucinywa kunye nokuthintelwa kwezenzo ezingekho sesikweni nakwisimilo esihleze ibe kukumisela umgangatho ofunekayo kulawulo lwemisebenzi yoburhulumente. kumisela umgangatho ofunekayo kulawulo lwemisebenzi yoburhulumente.

## 2. INTSHAYELELO

### Ixabiso lohlobo esinalo lwabasebenzi kweli Sebe

Abasebenzi bethu ngabona bantu banegalelo elikhulu kwiinzuzo zeSebe nakwimpumelelo yoRhulumente weNtshona Kapa (WCG). Ukuphum'izandla konikelo lwenkonzo kuxhomekeke ekuphileni kweziko lethu kunye nabasebenzi kulo. Ngenxa yoko sithi:

- siXabisa abasebenzi abasebenza ngenyameko, bezinikele, benenkathalo, bewufeza umsebenzi, bephendula ngokomsebenzi abawenzileyo nabanik'impiculo ngexesha elifanelekileyo.
- Ababona ukuphathwa kwabasebenzi njengoxanduva lomntu wonke
- Ababeka ukuphathwa kwabasebenzi bethu ngesidima, intlonipho, ukusebenza ngokusekuhlani nangokulingana
- Khula, phuhlisa, fundisa ze uvumele imeko apho abasebenzi bethu beyakuntingela emajuku-jukwini ngokwenziwa komsebenzi
- Samkelana sizintlanga ezahlukileyo sizihlonipha kakhulu iinkcubeko zethu ezahlukileyo, ububani, ulwimi iimpawu zentsulungeko neenkolelo.

### INDLELA EBONWA NGAYO IMICIMBI ENGABASEBENZI

Abasebenzi yeyona nto ibalulekileyo ekufezekiseni ezona njongo zizizo zeSebe. Ngenxa yoko ukucetywa kokuqeshwa kwabasebenzi kujonge ekuqinisekiseni ukuba iSebe linabasebenzi abafanelekileyo kunye nezakhono ezifunekayo kwindawo echanekileyo ngexesha elililo maxesha onke. Kungenxa yoko ukuba ucwangciso olutsha lobuchule kuNcedo loLuntu lweli Sebe kunye (nesicwangciso esiphelelwe ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2013) zenziwa zaze zasetyenziswa kwixesha eliqala ngomhla 1 kuTshazimpuzi 2013 ukuya ngomhla wama 31 kweyoKwindla 2018. Isicwangciso sezoNcedo loLuntu siyahlolwa rhoqo ngonyaka ngelokujonga ukuba ingaba iinjongo ngobuchule besicwangciso sezoNcedo loLuntu lusesendleleni na ze kulungiswe ezisalelayo ngokubaluleka kwazo kwiSebe. Unikelo ngxelo olwenziwa ngekweminyaka emibini kukhangelwa inkqubela lukhangela indlela ekwenziwa ngayo eyona misebenzi equkwe kwicwangciso sezoNcedo loLuntu zaza zabekwa phambi kweSebe loNikelo lweenkonzo zoLuntu (DPSA), ngokomyalelo.

Ngokocwangciso lwabasebenzi, iSebe lichonge iimfuno zezoNcedo loLuntu zeSebe kwixesha langoku nezexesha elizayo laza lakhomba iindawo ezineengxakana ezinokubambezela ukufezekiswa kweenjongo zobuchule kwiSebe.

### UKULUNGELELANISWA KWEEMFUNO ZEZONCEDO LOLUNTU NGOKUBALULEKA KWAZO KULO NYAKA KUNYE NEFUTHE ELINOKWENZIWA ZEZI MFUNO

Ukulungelelaniswa kweemfuno zezoncedo loluntu ngokubaluleka kwazo kulo nyaka kunye nefuthe elinokwenziwa zezi mfuno

NR	IMFUNO YABEZONCEDO LOLUNTU	IFUTHE ELINOKUDALEKA
1	Inggqesho nokugaywa kwabasebenzi (kuquka nemali engenayo, izinga lezithuba, ukuchongwa kwabagqatswa, isicwangciso sokungena esikhundleni songasekhoyo, iindlela zokukutsala nokugcina abasebenzi)	Izithuba zivalwe ngabagqatswa abafanelekileyo ngexesha elililo kwixesha elimisiweo/ ekuvunyelwene ngalo
2	Uqeqesho nophuhliso (luquka ukuphuhlisa kobuchule lomntu ngamnye kwakunye nezakhono ezinqabileyo kwanezo zibalulekileyo)	Uqeqesho nophuhliso olujoliswe kwinjongo yokulungisa iimfuno zomqeshi, umqeshwa kunye nomthengi kuquka nezomsebenzi
3	Inggqesho ngokulingana (luquka ukummelwa ngokwesini, ulutsha, abantu abakhubazekileyo kunye nabantu abafanelekileyo)	Ukummelwa ngokwamanani kwabasebenzi kuyo yonke imigangatho yengqesho
4	Iimpawu zentsulungeko, iinqobo ezisesikweni kunye nenkcubeko yeziko ziquka ukoniselika emsebenzini, impilo nokhuseleko, imicimbi yezabasebenzi, imivuzo, uhlobo nokuphicotha nokwabelana ngolwazi)	Ukuba sempilweni, ubenolwazi nabasebenzi abakhulisekileyo nabonwabileyo
5	Ukuyilwa kweziko (kuquka uvavanyo lomsebenzi kunye nemicimbi emayelana noququzelelo kunye/ okanye nokwenziwa kwemisebenzi yabazoncedo loluntu)	Isiseko esisiso nemisebenzi efanelekileyo kunye nokusekwa kwendlela ephuculiweyo yokwenziwa komsebenzi

**ISIKHOKELO NGESICWANGCISO SABASEBENZI NAMACEBO OKUTSALA NOKUGAYA ABASEBENZI ABANEZAKHONO NABANOBUCHULE**

Ngaphandle kwabasebenzi kwakunye nolwabiwo mali olufanelekileyo, iSebe alingekwazi ukuhambisa ezona nkonzo zizizo nezikumgangatho ophakamileyo, alingekwazi ukugaya abasebenzi, alikwazi kuphuhlisa lingenakugcina abasebenzi ekufuneka beqhuba ukunikezelwa kwenkonzo ezikumgangatho ophakamileyo. Uboniwe umngeni ojongene neSebe. Le miceli mngeni ihlangatyezwe ngokukhangela ezona ntshukumo ziqukwe kwisicwangciso sokwenziwa komsebenzi.

Ezi zilandelayo zezona ntshukumo zibekwe kwisicwangciso sokwenziwa kwentshukumo:

Imfuno emmandla ye HR (No. njenga phezulu)	Ezona Ntshukumo
1	<p><b>INGQESHO NOKUGAYWA KWABASEBENZI</b>  <b>Ukufakwa kwabantu kwizithuba</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphuhlisa nokumisela isicwangciso sokufakwa kwabantu kwizithuba zengqesho kwixesha lemnyaka emithathu.</li> <li>iZiko leeNkonzo Zolawulo (CSC) lenze ucwaningo ngenkqubo yokuqesha ukuze kufunyanwe ze kulungiswe iindlela ezibambezelayo.</li> <li>iCSC mayenze imilinganiselo yokunciphisa ubude bexesha lokuvalwa kwezithuba zengqesho esisigxina yaye ze ixhase abaphathi abasebenza ngenqesho yabasebenzi.</li> <li>Bakhangele izizathu zokushiya ngokuthe gqolo ngabasebenzi abamnyama – bakhangele kwisiCwangciso seNgqesho ngokulingana (EEP).</li> <li>Kufuneka iCSC iphonononge ukwenza uphuhliso lwesikhokelo esiquka wonke umntu ngokumalunga necwangciso lokungena esikhundleni songasekhoyo. Imigqaliselo yokugcina izakhono ezinqabileyo/ ezibalulekileyo nokugcina ubugqi beziko</li> <li>Ukuqhubeka ngemigqaliselo ejongene nokunciphisa amanani okushiya ngabasebenzi kuMgaqo weSebe ongokuGaya nokuGcinwa kwabasebenzi.</li> <li>Kumiselwe ze kwandiswe indlela yokuwonga nengeyomali njengolungiselelo lomvuzo kubasebenzi abaphume izandla kunye namagosa anezakhono ezizodwa.</li> <li>Kuphuculwe imigqaliselo yokugaya nokugcina abasebenzi abanezakhono zemisebenzi enqabileyo nabakhetheke bucala kule nkqubo ikhoyo yoLwabiwo lweMisebenzi Ethile eyi Occupation Specific Dispensations</li> <li>Kusetyenziswe indlela yokufundiswa ukulandelela kwemisebenzi ngosafunday nokubek'esweni kwabasebenzi abasebatsha ngenjongo yokunqanda ukuphulukana nobugqi beziko.</li> <li>Kwenziwe /kugcinwe imigqaliselo yokutsala, ukuphuhlisa, ukufundisa abanye nokugcina izakhono (umz. Ukuhlolwa kokwenziwa komsebenzi, intlawulelo yezifundo zesikolo, ukufunda ngamava omsebenzi nezifundo ezingomsebenzi) eziqondene "neeNkonzo zonyango lweMfuyo", kunye "nomniki zingcebiso kwezolimo" kwakunye nokulungisa undoqo, izakhono ezibalulekileyo nezinqabileyo njengokuba zibhaliwe kuluhlu 7,8 no 9.</li> <li>Kwenziwe inkqubo engumgangatho omisiweyo wokusebenza eyi (SOPs)kuyo yonke imisebenzi eyenziwayo ukuze kugcinwe ulwazi nendlela elandelwayo ekwenzeni umsebenzi.</li> <li>Kuphandwe icebo lokulandela umzila womsebenzi obusenziwa ligosa elihambayo emsebenzini walo, phambi kokuba lisishiye ukuze kulandelele indlela ebelisebenza ngayo kunye noqhakamshelwano ebelilusebenzisa, ulwazi olukhoyo olunokusebenziseka kunye nokunda kumava alo.</li> <li>abeNkonzo Zolawulo baqinisekise ngenkqubo yokweza udlwano-ndlebe ngenjongo yokuphanda izizathu zokushiya kweliSebe ngabasebenzi.</li> <li>Kuqinisekise ukuba udlwano-ndlebe lwamagosa asishiyayo lwenziwa kumntu wonke oshiya iSebe ukuze kufumaneke izizathu ezibangela ukushiya ngabasebenzi kweli Sebe. Kukhangelwe ubume bezakhono zabasebenzi ze kutshintshwe i PERSAL</li> <li>Kuthotywe / kupheliswe inani labasebenzi abangaphezu kwenani elifunekayo kumsebenzi onesakhono ngasinye.</li> <li>Kupheliswe ingqesho zesivumelwano sexesha eliqingqiweyo (ngaphandle kwabasebenza kwixesha elithile lomnyaka, iphulo elithile nabaqeshelwe ukongeza inali labasebenzi bokwenza umsebenzi othile).</li> <li>Kutshintshwe i PERSAL ibe yeyemisebenzi yesigxina kuphela.</li> </ul>

Imfundo emmandla ye HR (No. njenga phezulu)	Ezona Ntshukumo
2	<p><b>UQEQESHO NOPHUHLISO</b>  <b>kuphuculwe uphuhliso lwabasebenzi</b>                      Kungenelelwe ngokwenziwa kolu qeqesho lulandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• iSebe limisele iCebo lalo loPhuhliso Lwabasebenzi ngokusebenzisa inkqubo yokunika abafundi amava omsebenzi, intlawulelo yeendleko zokufunda kulutsha olunemfundo kwizakhono ezibalulekileyo nezinqabileyo.</li> <li>• iSebe lenze uthetha-thethwano leeseshoni zoqeqesho noluzakujoliswa kubasebenzi beSebe.</li> <li>• Lenze uqeqesho olunqamene nqo nacandelo nalinye, uphuhliso lwezakhono lingqokelela yabafundi abafundiswayo) kunye nokuqhubeka kweeseshoni zokufundisa rhoqo ngekota yomnyaka kwicandelo ngalinye.</li> <li>• Limisele ubuchule lokubalulekileyo / noqeqesho lwezakhono.</li> <li>• Khuthaze abaphathi / ulwazi ngezinto ezahlukileyo nezinye ngolwazi ngeenkubeko ezahlukileyo kunye nokuthetha zontathu iilwimi ezisemthethweni.</li> </ul> <p>Likhangele/ ze lenze la manyathelo alandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Iziko loQeqesho kwiPhondo (PTI) malihlanganise eyona misebenzi ibalulekileyo kucwangciso lwexesha elide.</li> <li>• Kubuyiselwe ze kwenziwe imfundo esisinyazelo.</li> <li>• Iindlela ezizezinye zengxowa yoqeqesho nophuhliso.</li> <li>• Ukongezwa kwezakhono – izivumelwano ezibhaliweyo (MOUs) namaziko emfundo enomsila, intlawulelo yezifundo ezizodwa, kunye nokuntantanyiswa kwabafundi abaqhubeka ngemfundo enomsila ngobigcisa obubodwa.</li> <li>• Umgaqo woqeqesho: kufuneka umsebenzi ngamnye kwixesha lemnyaka emibini ukuya kwemithathu aye kuqeqesho ngokwexesha eliqingqiweyo okanye enze uqeqesho oluyakuxabisa imali eqingqiweyo.</li> <li>• Limisele inkqubo elungelelanisiweyo yokubonisa ukwenziwa komsebenzi.</li> </ul> <p><b>Liphucule ukuthembeka kolwazi</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Likhangele indlela ekunokudityaniswa kwengxelo kwi PERMIS ngenkqubela efunyenwe kuqeqesho.</li> <li>• Kuhlaziye i PERSAL ngolwazi olukhoyo lwenkcaza yeziphumo zemfundo.</li> <li>• Qhubeka ngenkqubo yokuqinisekisa inkcaza yeziqinisekiso zemfundo.</li> <li>• Qhubeka ngephulo elimalunga nokusetyenziswa kweNdelela eDityanisiweyo yoLawulo lweZimali licandelo loNcedo loLuntu kuRhulumente wePhondo leTshona Koloni.</li> <li>• AbeNkonzo Zolawulo bangenelele ngokuchola-cholwa kweenkcukacha ngokuthembakeleyo.</li> </ul>
3	<p><b>INGQESHO NOPHUHLISO</b>  <b>Kukhuthazwe Uphuhliso Lwezakhono kubaSebenzi</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kulandelwe imigqaliselo ebekiweyo yengqesho ngokulingana ngokwesicwangciso sengqesho ngokulingana kunye nemigqaliselo kazwelonke engama 50% wamakhosikazi kwiinkonzo zolawulo oluphezulu (SMS) kunye ne 2% yabantu abakhubazekileyo nababevalelwe amathuba (PWD), nangona kusaziwa ukuba abanazo iziqinisekiso zokuphumelela izifundo zezibalo nezenzulu-lwazi kunye nezithuba ezihlawulelwayo.</li> <li>• Kukhangelwe ze kwenziwe ingqesho yabantu abafunekayo ( nangona kungazokusingelwa phantsi unikelo lweenkonzo) ukuze kufikelelwe kumanani afunwayo engqesho ngokulingana ze kulunge ummba wokungalingani ngamanani kwingqesho ingakumbi amakhosikazi kumgangatho weenkonzo zolawulo oluphezulu.</li> <li>• Kwenziwe ngokubonakalayo imilinganiselo yabantu abafunekayo njengoko kubhaliwe kwisiCwangciso seNgqesho Ngokulingana se Sebe kwiminyaka ka (2012-2017).</li> </ul> <p><b>Kwenziwe / kusetyenziswe uMgaqo weNgqesho Ngokulingana kunye nemilinganiselo ethile</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kwenziwe ze kunikwe ingxelo ngokufumaneka komsebenzi (kubantu abakhubazekileyo) nangokwesikhokelo sobuchule ngokulinganiswa kwamanani esini.</li> <li>• Kwenziwe iindawo zemisebenzi elungele amakhosikazi akwingqesho.</li> <li>• Abeenkonzo zolawulo benze/baququzelele ungenelelo ngoqeqesho olujoliswe kumakhosikazi nakubantu abantsundu kumgangatho wolawulo oluphakathi ngenjongo yokuxongxa abaqatswa abafanelekileyo bokuvula izithuba zengqesho kumgangatho wolawulo oluphezulu.</li> <li>• Kusetyenziwe ucwangciso lokungena esikhundleni songasekhoyo kumgangatho weenkonzo zolawulo oluphakathi (MMS) ukuze abantu abebekade bevalelwe amathuba bakwazi ukufumana izikhundla eziphezulu kulawulo, xa kuvele isithuba.</li> <li>• Kukhangelwe izithuba emazipapashwe nezilungele abantu ababekade bevalelwe amathuba ngaphambili.</li> <li>• Kugqalwe kubasebenzi abantsundu ukuba baqeqeshelwe imisebenzi yesiqhelo kunye nethuba lentlawulelo yezifundo zexesha labucala ngenjongo yokukhulisa izakhono nobuchule abanabo.</li> <li>• Inkqubo zophuhliso oluKhethekileyo kubantu abantsundu, kuphela kwizakhono ezinqabileyo, umz. Injineri kwezolimo noogqirha bemfuyo kunye nosoqoqosho kwezolimo.</li> </ul>

Imfundo emmandla ye HR (No. njenga phezulu)	Ezona Ntshukumo
4	<p><b>IIMPAWU ZENTSULUNGKEKO, IINQOBO EZISESIKWENI KUNYE NENKCUBEKO YEZIKO khuthaza impilo nokonwaba kwabasebenzi</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Azisa abantu, kuqhubeka uqhakamshelwano nokugaya iinkcaza ngemicimbi yekhefu lokugula.</li> <li>• Abaphathi basasaze ulwazi bekhuthaza ulonwabo olupheleleyo ngexesha leenkqubo zolonwabo (nezingaquka ukuhlalatywa kwenaliti yomkhuhlane ukuncedisa ukunciphisa izinga eliphezulu lekhefu lokugula yimfuxane kunye nezinye izigulo ezimayela nengqele.</li> <li>• Bek'esweni ukusetyenziswa kwekhefu lokugula ngabasebenzi negalelo loko kwiziphumo zomsebenzi owenziwayo, kwaziswe abasebenzi ngemigqaliselo yomthetho olawula ikhefu lesiqhelo, ikhefu lokugula kunye nekhefu lokungakwazi ukuphinde usebenze umsebenzi owuqeshelweyo xeshikweni besaziswa ngemiphumela kwezezimali.</li> </ul> <p><b>Yenza/ugcine ubudlelwane obakhayo phakathi nangaphandle kweSebe</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Qhubeka ngembalelwano eyenziwa rhoqo ngeeviki ezintandathu neNtsumpa-Jikelele yeNkonzo Zolawulo (SG: CSC) nengokulandelela imicimbi ephethwe ngabazancedo Loluntu okanye uqhakamshelwano nqo nabaphathi bamacandelo kwiNkonzo Zolawulo.</li> <li>• Kuphuculwe ulawulo lonxibelelwano phakathi kwababazancedo Zolawulo kunye neSebe ngemiba emalunga nabaZancedo Loluntu.</li> <li>• Kwenziwe uthetha-thethwano olufanelekileyo kunye nongenelelo rhoqo ngeenkono yi-Ofisi engokuSebenza kweZiko, kwiSebe leNkulu-mbuso.</li> <li>• Kufunyanwe izimvo zabantu nokuphawula kwabo njengenxenyeni yenyathelo lokuphucula ubudlelwane kwiinkono zangaphakathi nezangaphandle.</li> <li>• Kwenziwe uphando ngokonwaba kwabasebenzi emsebenzini kunye nokwabathengi beenkonzo zethu.</li> <li>• Uqhakamshelwano rhoqo nokunika abasebenzi iimpendulo ngemiba ebalulekileyo kwiSebe kunye nemiba echaphazela abasebenzi.</li> <li>• Qhubeka ngothetha-thethwano ngenjongo yokufumana izivumelwano ezilungela macala onke njengesisombululo sokunceda macala onke kwimiba emayela nabasebenzi nengakhange isive so.</li> <li>• Kuxhaswe abasebenzi abaselungelweni lokuthath'umhlala phantsi ngeNkqubo yeMpilo nokoNwaba kwabasebenzi (EH&amp;WP).</li> </ul>
5	<p><b>UKUYILWA KWEZIKO kubekwe abantu ezikhundleni ngokuhambisana nonikelo lweenkonzo olugunyazisiweyo kunye nee agenda</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Kufunwe imali zokuqalisa ngezindululo zokuyilwa kweziko oluqulunqwe ngo 2011 (OD) kunye neengcamango zemizamo yoqeqesho.</li> <li>• Kufunyanwe imali yokwenza izifundo ezintsha zophando-nzulu kunye nokuhlawulela izikhundla ezibalulekileyo.</li> <li>• Kwenziwe uphando ngokuyilwa okutsha kweziko ze kuhlolwe iziseko.</li> <li>• Kuphicothwe izindululo zokuyilwa kweziko zika 2011 kumacandelo athile kuthelekiswa necebo elibekwe nguRhulumente kazwelonke nowephondo.</li> <li>• Uyilo lweziko OD lugqale iingxaki ezinokuchaphazela abasebenzi ngokulindeleke kulandelo lokusetyenziswa kweNkqubo yoPhuhliso lweSizwe NDP phakathi kweSebe.</li> </ul>

Kulindeleke ukuba abaphathi beSebe nabeenkono zolawulo babambisane ngoxanduva lokumisela izicwangciso zokwenziwa komsebenzi, ukuze kwanankalo babambisane ngokuphumelelisa iziphumo eziyimfuneko.

**Isikhokelo solawulo lwendlela yokwenziwa komsebenzi ngabasebenzi**

Enye yeengongoma kwiNdlela yoLawulo yokwenziwa komsebenzi ngabasebenzi yimfanelo yokuba kufuneka wonke umntu enze umsebenzi alindeleke ukuba awenze. Oku kulindelekileyo kuquka nomgangatho wokwenziwa komsebenzi kuqiniselwe ngenkcaza yemisebenzi oyenzayo, izivumelwano zokwenziwa komsebenzi, ucwangciso lokwenziwa komsebenzikunye / okanye izivumelwano zomgangatho wokunikelwa kweenkonzo. Iintlawulo namabhaso zinikezelwa kuphela kumsebenzi oxabiso likhulu yaye omninzi ukodlula umsebenzi abasebenzi abawuhlalulelwayo.

